

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

URhulumente weNtshona Koloni

IVoti 13

INgxelo yoNyaka

2022/2023

UKuba kunokubakho iimpazamo kuguqulelo lolu xwebhu, mase
kusetyenziswe uxwebhu lwesiNgesi olulona kususelwe kulo uguqulelo.

Okuqulathiweyo

| | |
|---|----|
| ICandelo A | 5 |
| 1. INgcaciso ngokuBanzi yeSebe | 6 |
| 2. Uluhlu lwezifinyezo/lwezishunqulelo | 7 |
| 3. INtshayeleyo | 11 |
| 4. INgxelo yeGosa eliNika iNgxelo | 12 |
| 5. INgxelo yoXanduva neSiqinisekiso sokuchaneka kweNgxelo yoNyaka | 18 |
| 6. Uvavanyo ngokubanzi lweqhinga | 19 |
| 6.1. Umbono | 19 |
| 6.2. Umnqophiso | 19 |
| 6.3. Iimpawu zentsulungeko | 19 |
| 7. IziGunyaziso zomthetho nezinye | 19 |
| 7.1. Izigunyaziso zoMgaqo-siseko | 19 |
| 7.2. Izigunyaziso zowiso-mthetho | 22 |
| 7.3. Izigunyaziso zomgaqo-nkqubo | 27 |
| 8. Ubume bombutho | 31 |
| 9. Amaqumrhu anika ingxelo kuMphathiswa | 33 |
| | |
| ICandelo B | 36 |
| 1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele: liNjongo eziMiselwe kwaNgaphambili | 37 |
| 2. UVavanyo ngokubanzi loMsebenzi weSebe | 37 |
| 2.1. Ubume bokunikezelwa kwenkonzo | 38 |
| 2.2. IsiCwangciso sokuPhuculwa kokuNikezelwa kweNkonzo | 47 |
| 2.3. Ubume bombutho | 47 |
| 2.4. Uphuhliso oluphambili lomgaqo-nkqubo kunye neenguqu zowiso-mthetho | 48 |
| 3. Izifzekiso zeMpembelelo yeZiko neZiphumo | 49 |
| 3.1. Izifzekiso ezibonakalayo ezibhekiselele kwisiCwangciso-nkqubo seQhinga sesiThuba esiPhakathi sowama2019-24 kunye nesiCwangciso seQhinga sePhondo | 51 |
| 4. INgcaciso yokuSebenza ngokweNkqubo | 59 |
| 4.1. INkqubo 1: ULawulo | 59 |
| 4.2. INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko | 65 |
| 4.3. INkqubo 3: IiNkonzo zamaThala eeNcwadi nooVimba | 80 |
| 4.4. INkqubo 4: IMidlalo noLonwabo | 90 |

| | | |
|------------------|--|-----|
| 5. | liNtlawulo eziKhutshelweyo | 112 |
| 5.1. | lintlawulo ezikhutshelwe kumaQumrhu kaRhulumente | 112 |
| 5.2. | liNtlawulo ezikhutshelweyo kuyo yonke imibutho engengawo amaQumrhu kaRhulumente | 113 |
| 6. | IMinikelo eneMiqathango | 152 |
| 6.1. | IMinikelo eneMiqathango neeNgxowa-mali eziChongiweyo ezihlawulweyo | 152 |
| 6.2. | IMinikelo eneMiqathango neeNgxowa-mali eziChongiweyo efunyenweyo | 152 |
| 7. | liNgxowa-mali zoMnikelo | 161 |
| 8. | UTyalo-mali lweNkunzi | 161 |
| 8.1. | UTyalo-mali lwezakhiwo, ulolongo, kunye nesicwangciso solawulo lwe-asethi | 161 |
| ICandelo C | | 162 |
| 1. | INTSHAYELELO | 163 |
| 2. | UKULAWULWA KOMNGCIPHEKO | 163 |
| 3. | UBUQHOPHOLOLO NORHWAPHILISO | 167 |
| 4. | UKUNCITSHISWA KWEDOLO | 169 |
| 1. | UMGAQO WOKUZIPHATHA | 169 |
| 5. | IMiba yeMpilo, yoKhuselo neyokusiNgqongileyo | 169 |
| 6. | IKOMITI ZEZIKHUNDLA ZEPALAMENTE | 170 |
| 7. | Izindululo zeSCOPA | 170 |
| 8. | ULungiso lwaNgaphambili kwiiNgxelo zoPhicotho-zincwadi | 170 |
| 9. | Ulawulo lwangaphakathi | 171 |
| 10. | UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi kunye neeKomiti zoPhicotho-zincwadi | 171 |
| 11. | INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI | 172 |
| 12. | UHambelwano lweBBBEE | 175 |
| ICandelo D | | 177 |
| 1. | Intshayelelo | 178 |
| 2. | INqanaba loLawulo lwaBantu kwiSebe | 178 |
| 2.1. | Okuphambili kucwangciso lwabasebenzi besebe | 178 |
| 2.2. | ULawulo lokuSebenza koMqeshwa | 179 |
| 2.3. | IMpilo-ntle yoMqeshwa | 180 |
| 2.4. | UkuBekwa kweLiso kuLawulo lwaBantu | 180 |
| 3. | linkcukacha zamanani okoNgonyelwa koLawulo lwaBantu | 180 |
| 3.1. | 1 INKCITHO ENXULUMENE NABASEBENZI | 180 |

| | |
|--|-----|
| ICandelo E | 216 |
| 1. INkcitho engalungelelananga, engenziqhamo nengenamsebenzi, iNkcitho engagunyaziswanga, nokulahleka kweMathiriyeli | 217 |
| 1.1. INkcitho engalungelelananga | 217 |
| 1.2. INkcitho engenaziqhamo nengenamsebenzi | 221 |
| 1.3. INkcitho engagunyaziswanga | 223 |
| 1.4. Izibhengezo ezangezelelweyo ezinxulumene nelahleko yezibambekayo ngokwemiqathango yecandelo lePFMA 40(3)(b)(i) kunye ne-(iii) | 225 |
| 2. Ukuhlawulwa emva kwethuba kunye/okanye ukungahlawulwa kwaBanikezeli benkonzo | 226 |
| 3. ULawulo lweSixokelelwano soNikezelo | 227 |
| 3.1. Ukuthengwa kweenkonzo ngezinye iindlela | 227 |
| 3.2. Ukutshintshwa kwesivumelwano nokwandiswa | 228 |
| | |
| ICandelo F | 232 |
| 1. Ingxelo yoMphicothi zincwadi Jikelele | 233 |
| 2. Iingxelo zoNyaka zeMali | 243 |

ICandelo A

INGCACISO
NGOKUBANZI

1. INgcaciso ngokuBanzi yeSebe

ISEBE leNtshona Koloni leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

| | |
|-----------------------|--|
| IDILESI YENDAWO | ISakhiwo iProtea Assurance, Greenmarket Square EKapa 8001 |
| IDILESI YEPOSI | Private Bag X9067, EKapa 8000 |
| INOMBOLO YOMNXEBA | 0860 142 142 |
| INOMBOLO YEFAKSI | 021 483 9504 |
| IDILESI YE-IMEYLE | dcas.com@westerncape.gov.za |
| IDILESI YEWEBHUSAYITI | www.westerncape.gov.za/dept/cas |

2. Uluhlu lwezifinyezo/lwezishunqulelo

| | |
|----------|---|
| AES | UTyikityo oluqhutyelwe phambili lwe-Elektroniki |
| AFS | liNgxelo zeMali zoNyaka |
| AGSA | UMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika |
| AO | IGosa eliNika iNgxelo |
| ASP | INkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo After School Programme |
| ATKV | Afrikaanse Taal en Kultuurvereniging |
| AU | UManyano lwaMazwe aseAfrika |
| BBBEE | UkuXhotyiswa ngoQoqosho okuSekwe ngokuBanzi kwabaNtsundu |
| BEE | UkuXhotyiswa ngoQoqosho kwabaNtsundu |
| BTG | I-Better Together Games |
| CARES | Amaziko eNkcubeko, obuGcisa, oLonwabo, eMfundo, kunye neMidlalo (Amaziko olwabelwano) |
| CDP | INkquba yoPhuhliso lweKlabhu |
| CFO | IGosa eliyiNtloko lezeMali |
| CoE | liNdleko zaBasebenzi |
| Covid-19 | ISifo seNtsholongwane yeKhorona 2019 |
| CTSA | I-Cape Town Softball Association |
| DBE | ISebe leMfundo yeSiseko (isebe lesizwe elinoxanduva lwemfundo) |
| DEA&DP | ISebe leMicimbi yeNdalo noCwangciso loPhuhliso |
| DEDAT | ISebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho |
| DCAS | ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo |
| DISWEC | IMidlalo yaBakhubazekileyo yeNtshona Koloni |
| DOCS | ISebe loKhuselo loLuntu |
| DORA | UMthetho weCandelo leNgeniso |
| DoTP | ISebe leNkulumbuso |
| DPSA | ISebe leNkonzo kaRhulumente noLawulo |
| DPME | ISebe loBeko-liso noVavanyo kuMsebenzi kwiiOfisi kaMongameli |
| DSAC | ISebe leMidlalo, ubuGcisa neNkcubeko |
| DSD | ISebe loPhuhliso lweNtlalo |
| EAP | INkqubo yeNkxaso yaBasebenzi |
| ECM | ULawulo lokuQulathweyo kweShishini |
| EE | Ubulungisa eNgqeshweni |
| EHWP | INkqubo yezeMpilo neMpilo-ntle yaBasebenzi |
| EME | IShishini eliNcinane eliKhululweyo |
| EPWP | INkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente |
| ERM | ULawulo loMngcipheko weShishini |
| ERMECO | IKomiti yoLawulo loMngcipheko weShishini |
| FFSS | IQhinga leZakhono eziLungele iXesha elizayo |
| FMIP | INkqubo yoPhuculo loLawulo lweMali |
| FTSF | IZiko leNkxaso yeNguqulelo yeMali kaRhulumente |

| | |
|--------------|--|
| GG | IGaraji kaRhulumente |
| GMT | IZithuthi zikaRhulumente |
| GPSSBC | IBhunga leeNgxoxo zeCandelo laBasebenzi bakaRhulumente Jikelele |
| GRAP | INdlela ngokuBanzi eyaMkelweyo yoBalo-mali |
| GWM&E System | INkqubo ngokuBanzi yoBeko-liso noVavanyo kaRhulumente |
| HCT | INgcebiso nge-HIV noHlolo |
| HDI | Abantu ababevinjwe amathuba ngaphambili |
| HOD | INTloko yeSebe |
| HPCs | AmaZiko aPhezulu okuSebenza |
| HR | IMicimbi yezaBasebenzi |
| HRM | ULawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli |
| HS | Isikolo samabanga aphakamileyo |
| HWC | ILifa leMveli leNtshona Koloni |
| ICAS | liNkonzo zeNtuthuzelo noCetyiso oluZimeleyo |
| ICT | ITeknoloji yeNgcaciso noQhagamshelwano |
| ICOMOS | IBhunga leHlabathi lwaMatye esiKhumbuzo neeNdawo |
| IMAD | Iziko loMculo noPhuhliso lobuGcisa beMveli |
| IT | ITeknoloji yeNgcaciso |
| KKNK | I-Klein Karoo Nasionale Kunstefees |
| MEC | ILungu leBhunga lesiGqeba (sePhondo) (uMphathiswa wePhondo) |
| MIG | UMnikelo kaMasipala weSibonelelo |
| MOD | INTatho-nxaxheba ngoBuninzi; amaThuba noFikelelo; iNkqubo yoPhuhliso nokuKhula |
| MPAT | ISixhobo soVavanyo loMsebenzi woBeko-liso se-DPME |
| MTEF | IsiCwangciso-nkqubo seNkcitho seSithuba esiPhakathi |
| MTSF | IsiCwangciso-nkqubo seQhinga seSithuba esiPhakathi |
| NAC | IBhunga lezoBugcisa leSizwe |
| NDP | IsiCwangciso soPhuhliso seSizwe |
| NGO | UMbutho ongekho phantsi kolawulo lukarhulumente |
| NHC | IBhunga leLifa leMveli leSizwe |
| NHRA | UMthetho weSizwe weMithombo yezeLifa leMveli |
| NID | Iziko leSizwe laBangevayo |
| NRF | INgxowa-mali yeNgeniso yeSizwe |
| NSRP | IsiCwangciso seSizwe sezeMidlalo noLonwabo |
| NPC | INkampani engenzi Nzala |
| NPO | UMbutho ongenzi Nzala |
| NRD | USuku lweSizwe loLonwabo |
| OHS | Impilo noKhuseleko eNgqeshweni |
| PA | ISivumelwano sokuSebenza |
| PAA | UMthetho woPhicotho-zincwadi zikaRhulumente |
| PanSALB | IBhodi yeeLwimi zoMzantsi Afrika |
| PES | ISabelo esiLinganayo sePhondo |
| PERSAL | INkqubo yeMivuzo yaBasebenzi |

| | |
|--------|--|
| PFMA | UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999 |
| PFS | IiNkonzo zoBuqhophololo kwiPhondo |
| PILIR | UMgaqo-nkqubo weKhefu lokungabinako ukuSebenza noMhlala-phantsi wokuGula |
| PLF | IForam yePhondo yoLwimi |
| PLC | IKomiti yePhondo yeeLwimi |
| PN | ISaziso sePhondo |
| POPIA | UMthetho woKhuseleko lweNgcaciso yoMntu, 2013 |
| PPE | ISixhobo soKhuseleko loMntu |
| PPF | Iziko loLungiselelo lweProjekti |
| PS | Isikolo samabanga aphantsi |
| PSCBC | IBhunga leeNgxoxo lezoLungelelwaniso lweNkonzo zikaRhulumente |
| QSM | IShishini eliNcinane eliFanelekileyo |
| RLHR | I-Resistance and Liberation Heritage Route |
| RWOPS | INflawulo yoMsebenzi oNgaphandle kweNkonzo kaRhulumente |
| SA | UMzantsi Afrika /UMmi woMzantsi Afrika |
| SAFA | UManyano lweBhola eKhatywayo loMzantsi Afrika |
| SAHRA | I-Arhente yeziBonelelo zeLifa leMveli yoMzantsi Afrika |
| SANSC | IiNtshatsheli zeZikolo zeSizwe zoMzantsi Afrika |
| SAGNC | IBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika |
| SAPS | IiNkonzo zamaPolisa oMzantsi Afrika |
| SARU | UMbutho woMbuxo woMzantsi Afrika |
| SASCOC | IMibutho eManyeneyo yeMidlalo yoMzantsi Afrika neKomiti ye-Olimpiki |
| SASL | ULwimi lweMinwe loMzantsi Afrika |
| SC | IKapa eliseMazantsi |
| SCM | ULawulo lweSixokelelwano soNikezelo |
| SCMPP | INkqubo yokuThatyathwa kweNxaxheba ngoBuninzi kwezeMidlalo iSiyadlala |
| SCOA | ITshathi yoMgangatho wee-Akhawunti |
| SCOPA | IKomiti eSigxina yeMali zikaRhulumente yePalamente |
| SHERQ | UKhuseleko lweSimo seMpilo, uMngcipheko noLawulo lokuLunga |
| SITA | I-Arhente yeTheknoloji yeNgcaciso kaRhulumente |
| SLIMS | INkqubo yoLawulo lweNgcaciso yamaThala eeNcwadi yeSITA |
| SMME | AmaShishini amaNcinane, amakhulu naPhakathi |
| SMS | INkonzo yaBalawuli abaPhezulu |
| SOP | INkqubo eSigxina yokuSebenza |
| STAND | IThiyetha eZinzileyo noMdaniso |
| STIs | Izifo ezisulela ngesondo |
| SWD | IZithili zaseMzantsi Ntshona |
| TB | Isifo sephepha |
| TWK | I-Theewaterskloof |
| UCT | IYunivesiti yaseKapa |
| UNAIDS | INkqubo eHlangeneyo yeZizwe eziManyeneyo ngeHIV neAIDS |

| | |
|--------|--|
| UNESCO | UMbutho weMfundo, weNzululwazi kunye neNkcubeko weZizwe eziManyeneyo |
| VOC | I-Vereenigde Oost-Indische Compagnie |
| WC | INtshona Koloni |
| WECCMA | UMbutho woMculo weKwayara weNtshona Koloni |
| WECSA | I-Western Cape Sport Academy |
| WCCC | IKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni |
| WCED | ISEbe leMfundo leNtshona Koloni |
| WCG | URhulumente weNtshona Koloni |
| WCLC | IKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni |
| WCPICC | IKomiti yoLungelelwaniso loLwaluko yePhondo leNtshona Koloni |
| WCPSA | IMibutho eManyeneyo yezeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni |
| WCSEB | IBhanka yobuNgqina yaBanikeli beNkonzo yeNtshona Koloni |
| WP | IPhondo leNtshona Koloni |

3. INTshayelelo

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo landlala le Ngxelo yoNyaka yesithuba sowama-2022/23 njengobungqina bonikezelo lwenkonzo oluqhubeke unyaka wonke. Sinethemba lokuba iya kunika ithuba indlu yowiso-mthetho kunye noluntu ngokubanzi ngengqiqo enkulu kwizifzekiso kunye nemingeni esithe sajamelana nayo ngesi sithuba ngokuhambelana nokwenziwa komsebenzi, ulawulo, imicimbi yabasebenzi, kunye nolawulo lwemali.

Kulo nyaka sisingethe imisitho emitsha nenika umdla kunye neetumente kulo lonke iPhondo ebandakanya imisitho ekhokhelela kwiNdebe yeHlabathi yeBhola yoMnyazi yowama-2023. ISebe liqhubekile ngokunjalo ngenkxaso yayo eqhubekayo kwimibutho yethu emanyeneyo yemidlalo nemibutho yobugcisa nenkcubeko, ukuqinisekisa ngento yokuba inganakho ukuqhubeka ngemisebenzi yayo kulo lonke iPhondo.

ISebe liqhubekile ngokunikezela ngeenkonzo kuzo zozithandathu izithili kwiPhondo. Sibone utyalo-mali oluhlaziyiweyo kuqoqosho ngokuhambelana nemisitho yemidlalo emikhulu neyobugcisa kunye neyenkcubeko. Sijolise ngokunjalo ekulungiseni imiba ethi ijamelane nolutsha lwethu, njengoko sixhabe ekuziseni ithembe elihlaziyiweyo kubo bonke abantu beNtshona Koloni, kodwa ingakumbi kulutsha lwethu olunokuziva luphelelwe lithemba kule ntswela-ngqesho nobubi bentlalo.

Sakhe uthelelwano olutsha ukulungiselela okokuba sisebenze ngenguqulelo ukuze sibe nakho ukuqhubeka sinika impembelelo enkulu ngeenkonzo zethu. Isebe lethu libe nokubona indlela uthelelwano olunokusetyenziswa ngayo ngokufanelekileyo ekumiliselweni kweenkonzo zethu ngeli thuba kuqinisekiswa ngokunjalo ngento yokuba iingxowa-mali zikarhulumente zisetyenziswa ngokufanelekileyo nangemfanelo.

Sikugcinile esijolise kuko okukwiMpilo-ntle, iMisebenzi noKhuselo yaye siyigcine engqondweni le mimandla iphambili xa sicwangcisa yaye similisela iiprojekti zethu. Sixhabe ekuyileni ubume obukhusela amaqela asesichengeni, sigcine amanina nabantwana bekhuselekile, sikhuthaze indlela yokuphila esempilweni, nokukhuthazwa kwesiphiwo sokuyila nobandakanyeko lwentlalo.

Ndibulela uNkulumbuso Alan Winde ngokunkokheli bakhe obunombono ngeli thuba. Enkosi kwakhona kwiNtloko yeSebe, iqela lakhe lolawulo, kunye nawo onke amagosa esebe ngako konke okufezekisiweyo ngesi sithuba. Kufuneka siyiqonde into yokokuba kufuneka siqhubeke sisakha kuthelwano nokuqinisa ubudlelwane bethu kunye nabachaphazelekayo bethu ukuqinisekisa ngokuba impembelelo yethu iyaqhubeka ukuviwa luluntu apho idingeka kakhulu khona.

AMarcus

Anroux Marais

UMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo weNtshona Koloni

4. INgxelo yeGosa eliNika iNgxelo

Uvavanyo ngokubanzi lwemisebenzi yeSebe

Kuluvuyo olukhulu lokokuba sandlale iNgxelo yoNyaka yowama2022/23 yeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS) ngokuncedwa nguRhulumente weNtshona Koloni. INgxelo yoNyaka yeDCAS yandlalwa ngokuhambelana necandelo 40(1)(d) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, (PFMA) 1 yowe1999.

Le ngxelo isebenza njengomfanekiso obanzi wemizamo yethu, izifezekiso, kunye nenkqubela phambili ekuqhubeleni okuphambili kweqhinga koRhulumente weNtshona Koloni kunyaka wonke.

KwiDCAS, sikholelwa ngokuqinileyo kumandla enguqulelo yenkcubeko, yobugcisa, kunye nemidlalo ekwakheni uluntu oluvuselelekileyo olubandakanyayo noluhlangeneyo. Okulungelelaniswe nokuphambili kweqhinga loRhulumente weNtshona Koloni, umsebenzi wethu ukhokhelwa ngombono wolwabelwano wokuyilwa kwamathuba, kukhuthazwe uhambelwano lwentlalo, nokukhuthazwa kwempilo-ntle ngokupheleleyo.

Ingxelo yalo nyaka iqaqambisa ukuzibophelela kwethu kokuphambili kweqhinga okuthi kusekele iinzame zethu yaye kugxininise indima yenkcubeko nemidlalo njengongqa-phambili kinguqu elungileyo.

1. Ukukhuthazwa kuHambelwano lweNtlalo nokuHlanganiswa koLuntu: Sikuthathela ingqalelo ukukhuthazwa kohambelwano lwentlalo phakathi koluntu olwahlukeneyo. Amalinge ethu ajolise ekukhuthazeni ingxoxo yeenkcubeko ezahlukeneyo, ukukhunjulwa kwelifa lemveli, nokuququzelelwa kokuthatyathwa kwenxaxheba okuhlangeneyo kwimisebenzi yenkcubeko neyemidlalo. Ngeminyhadala, imiboniso, nokunxibelelana koluntu, sijolise ekuqiniseni ubume bentlalo boluntu beNtshona Koloni.
2. UPuhliso loLutsha nokuXhotyiswa: Ukuxhotyiswa kolutsha lwethu kubalulekile kukuhluma kwexa elizayo kwephondo lethu yaye iDCAS izalisekisa indima yokuba ngungqa-phambili ekuhlanganiseni kunye zonke iinkqubo ezinxulumene nolutsha. Sibeke phambili ukunikezelwa kwamaqonga alungiselelwe abantu abatsha okokuba baphuhlise iitalente zabo, izakhono, kunye nekhono lobunkokheli ngokusetyenziswa kwemisebenzi yenkcubeko nemidlalo. Ngokutyala kwiinkqubo zophuhliso lolutsha, amalinge engcebiso, kunye namathuba emfundo, silolonge ikhono labo ukuze lufezekise isakhono salo.
3. UbuGcisa obufikelelekayo nobubandakanyayo, iNkcubeko, kunye neMidlalo: Sikholelwa ekubeni ufikelelo kubugcisa, inkcubeko, kune nemidlalo lilungelo lesiseko lomntu wonke. Iinzame zethu zisoloko zijolise ekwaphuleni izithintelo nokuqinisekisa ngamathuba alinganayo okuthatyathwa kwenxaxheba. Ngophuhliso lwezibonelelo, uqeqesho lwezakhono, nothetlelwano lwentsebenziswano, sisebenze sijolise ekuyilweni kwezithuba ezibandakanyayo apho wonke umntu ophuma nakuyiphi na imvelaphi anganakho ukuhlangana kulandelo lwenkcubeko nolwemidlalo.
4. UkuGcinwa nokuKhuthazwa kwelifa leMveli leNkcubeko: Ilifa lethu lemveli lenkcubeko elityebileyo lisebenza njengomthombo wokuzingca kunye nobuthina babantu beNtshona Koloni. Sizamele ukugcina, ukufaka kumaxwebhu, kunye nokukhuthaza ilifa lethu lemveli elahlukeneyo ngokusetyenziswa kophando, kolondolozo, kunye

namalinge emfundo. Ngokwamkela nokukhumbula ilifa lethu lemveli, sinikela kulondolozo lwengqiqo yethu ehlangeneyo kunye nelifa lenkcubeko.

5. UPuhliso lweMidlalo nokuGqwesa: Imidlalo idlal indima ebalulekileyo ekukhuthazeni impilo-ntle yomzimba, upuhliso lomntu, nokugqwesa kukhuphiswano. Esijolise kuko kusekulolongeni italente yemidlalo, ukwandiswa kwezibonelelo, nokuxhaswa kwemibutho ehlangeneyo yemidlalo neeklabhu. Ngokusetyenziswa kweenkqubo zophuhliso loluntu, uqeqesho lokusebenza kakhulu, nokusingathwa kwemisitho yemidlalo, sizamele ukuphakamisa imbonakalo yemidlalo yeNtshona Koloni.
6. ISebe linoxanduva lokongamela ngokunjalo kumaQumrhu amathathu kaRhulumente, angala iKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni, iKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni, kunye neLifa leMveli leNtshona Koloni.

INgxelo yoNyaka isebenza njengomyolelo kukuzimisela, kwintsebenziswano, nokomelela okubonakaliswe liSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye namahlakani alo. Iqaqambisa izifezekiso zethu, imingeni esihlangene nayo, kunye nezifundo ezifundiweyo njengoko siqhubeka ukubhekisa phambili okuphambili kweqhinga koRhulumente weNtshona Koloni. ISebe lifezekise imigqalisela yokuSebenza engama80 kwengama86 kwimigqalisela yokuSebenza kunye nemigqalisela yoMnikelo oneMiqathango engama28 kwengama29, okube nomphumela kufezekiso olupheleleyo oluli108 kwimigqalisela eli115, ngeenzame ezihlangeneyo zamahlakani alo okunikezelwa kweenkonzo.

ISebe ligcine ngokunjalo iwonga lesiphum sophicotho-zincwadi lwalo olungenaziphene (kungekho eminye imiba) iminyaka eli11 ilandelelana.

Senza umbulelo ongazenzisiyo kubasebenzi bethu, abachaphazelekayo, amagcisa, iimbaleki, kunye namalungu oluntu ngenkxaso yawo engagungqiyo kunye nentlanganiso esebenzayo. Sihlangene, siya kuqhubeka sisebenzisa amandla enkcubeko nawemidlalo ukwakha iNtshona Koloni eyamkela iyantlukwano, ekhuthaza ubumbano, ze izamele izifezekiso ezihlangeneyo ukulungiselela abantu bayo.

Imingeni apha enyakeni

Ubume boqoqosho nobemali karhulumente kwilizwe bunyanzelise uhlanga-hlengiso lwemisebenzi. Nangona kukho lo mngeni, iSebe liqhubile ukunikezela iinkonzo apho kufanelekileyo ngeendlela ezizezinye (i-intanethi) okanye ngokurhoxiselwa kweenkqubo ngasekupheleni konyaka.

Uvavanyo ngokubanzi lweziphumo zemali yeSebe

Okufunyenwe lisebe

| IGama leNkqubo | 2022/23 | | | 2021/22 | | |
|---|------------------------|---|---|------------------------|---|---|
| | Okuqikelelweyo (R'000) | Isixa-mali esisiso esiqokelelweyo (R'000) | Okuqokelelweyo okungaphezulu/ (Okungaphantsi) (R'000) | Okuqikelelweyo (R'000) | Isixa-mali esisiso esiqokelelweyo (R'000) | Okuqokelelweyo okungaphezulu/ (Okungaphantsi) (R'000) |
| Ukuthengiswa kwempahla neenkono ngaphandle kwe-asethi ezinkulu ¹ | 1 180 | 1 347 | (167) | 909 | 671 | 238 |
| Iirhafu, izohlwayo nekuphulukwene nazo | 55 | 39 | 16 | 26 | 151 | (125) |

| IGama leNkqubo | 2022/23 | | | 2021/22 | | |
|---|------------------------|---|---|------------------------|---|---|
| | Okuqikelelweyo (R'000) | Isixa-mali esisiso esiqokelelweyo (R'000) | Okuqokelelweyo okungaphezulu/ (Okungaphantsi) (R'000) | Okuqikelelweyo (R'000) | Isixa-mali esisiso esiqokelelweyo (R'000) | Okuqokelelweyo okungaphezulu/ (Okungaphantsi) (R'000) |
| Inzala, izahlulo nerenti yomhlaba | | 3 | (3) | | 8 | (8) |
| Intengiso yee-asethi ezinkulu ² | | 149 | (149) | | | |
| Iintengiselwano zemali kwii-asethi namatyala ³ | | 3 159 | (3 159) | 1 000 | 2 435 | (1 435) |
| Zizonke | 1 235 | 4 697 | (3 462) | 1 935 | 3 266 | (1 330) |

1. Iyantlukwano ibangelwe yingeniso engaphantsi eqokelelweyo kwimirhumo yokungena kwiimyuziyam ngenxa yokupheliswa kwezithintelo zeCovid-19 okuthe kwavumela abatyeleli abaninzi kwiimyuziyam.
2. Ii-asethi ezinkulu zalahlwa zaze zathengiswa ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo.
3. Iingxowa-mali ezingachithwanga zonyaka-mali ongaphambili zabuyiselwa kwisebe zivela kuMasipala waseHessequa, kwiSixeko saseKapa, kuMasipala waseTheewaterskloof ngokuphathelele kwiiNkonzo zeThala leeNcwadi. Ngaphezulu, iingxowa-mali zabuyiselwa kwisebe zivela kuMasipala waseLangeberg ngenxa yolityaziso ekugqityweni kweprojekti enxulumene nokuhlaziywa kwamabala eBhola yoMnyazi; nakuMasipala waseBergriver obone ukuba iingxowa-mali nazanelenga ukulungiselela umsebenzi odingekayo wolungiso kwiRhino Park Sport Complex.

INkcitho yeNkqubo

| IGama leNkqubo | 2022/23 | | | 2021/22 | | |
|--------------------------------------|-----------------------------------|------------------------|---|-----------------------------------|------------------------|---|
| | Ulwabiwo-mali lokugqibela (R'000) | Inkcitho eyiyo (R'000) | Inkcitho (engaphezulu)/ engaphantsi (R'000) | Ulwabiwo-mali lokugqibela (R'000) | Inkcitho eyiyo (R'000) | Inkcitho (engaphezulu)/ engaphantsi (R'000) |
| Ulawulo | 68 960 | 68 951 | 9 | 65 346 | 65 062 | 284 |
| IMicimbi yeNkcubeko | 136 132 | 129 511 | 6 621 | 123 763 | 120 445 | 3 318 |
| IiNkonzo zamaThala eeNcwadi nooVimba | 440 018 | 431 738 | 8 280 | 447 733 | 441 935 | 5 798 |
| IMidlalo noLonwabo | 293 357 | 286 587 | 6 770 | 263 267 | 261 735 | 1 532 |
| Zizonke | 938 467 | 916 787 | 21 680 | 900 109 | 889 178 | 10 932 |

Phantsi kwenkcitho eyenzike kwiMbuyekezo kuBasebenzi (CoE) kunye neMpahla neeNkonzo (G&S) ibangelwe ikakhulu lulityaziso kukuzaliswa kwezithuba nakwinkcitho ebotshelwe izithuba zethutyana kodwa ezingaqakunjelwanga ngomhla wama31 kweyoKwindla 2023, kunye neengxowa-mali ezingachithwanga ezinxulumene ne-MyContent (iNkqubo yoLawulo lokuQulathiweyo kweQumrhu (ECM)) ngenxa yolityaziso kukuthengwa koTyikityo oluqhutyelwe phambili lwe-Elektroniki (AES) yi-Arhente yeTheknoloji yeNgcaciso kaRhulumente (SITA). Ulityaziso kwiCoE lubangelwe ikakhulu lixesha elidingekayo kwiimvavanyo zezithuba ezikho ngaphezulu kweminyaka emihlanu; imingeni yokufunyanwa kwabagqatswa abafanelekileyo okube nomphumela wokupapashwa kwakhona kwezithuba; kunye nemingeni yekhono kwisebe. Isicelo sokuqengqelwa kwenkcitho yeG&S

ebotshelweyo kunyaka-mali omtsha, nolwabiwo ngokutsha lweengxowa-mali ezinxulumene neprojekti ye-AES lwangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo.

IViramenti/uqengqelo

liViramenti

| Evela kwinkqubo | Impahla eqhelekileyo | Isixa-mali R'000 | Eya kwinkqubo | Impahla eqhelekileyo | Isixa-mali R'000 |
|-----------------|-------------------------------------|------------------|---------------|-------------------------------------|------------------|
| INkqubo 1 | lintlawulo ezikhoyo (G&S) | -958 | INkqubo 2 | Ezikhutshelweyo nenkxaso-mali yeNPI | 958 |
| INkqubo 3 | lintlawulo ezikhoyo (G&S) | -553 | INkqubo 2 | Ezikhutshelweyo nenkxaso-mali yeNPI | 1 117 |
| | Ezikhutshelweyo nenkxaso-mali yeNPI | -180 | | | |
| | lintlawulo zee-asethi ezinkulu | -384 | | | |
| INkqubo 4 | Ezikhutshelweyo nenkxaso-mali yeNPI | -971 | INkqubo 2 | Ezikhutshelweyo nenkxaso-mali yeNPI | 971 |
| | | -3 046 | | | 3 046 |

liviramenti kwiNkqubo 2 zabelwa kwiiMyuziyam ezincedwa liPhondo nezeNgingqi kulungiselelwa ukudanjiswa kokucinywa kombane kuphungulwa ubunzima bokusetyenziswa noncedo lweCovid-19. Ezi Myuziyam zachaphazeleka kakubi kukucinywa kombane kuphungulwa ubunzima bokusetyenziswa yaye azizange zibe nazo indlela zokuthenga unikezelo olulolunye lombane ukulungiselela ukuqhubeka ngemisebenzi engaphazanyiswanga. Ngenxa yokuba icandelo lezokhenketho labetheka kakhulu yiCovid-19, kuya kuthabatha ixesha elide okokuba iiMyuziyam okokuba zibuyele esimeni esisiso ngokupheleleyo kwimpembelelo yeCovid-19. Inkxaso-mali engaphezulu ixhibe ngoko ukunikezela ngoncedo olufuneka kakhulu kwezi myuziyam ngokuzibuyekeza ngelahleko kwingeniso kwesi sithuba seminyaka emibini idlulileyo, ngoko ukuzinceda okokuba ziqhubeke zisebenza, nokunikezela ngofikelelo kubatyeleli bemyuziyam.

Uqengqelo:

ISebe lingenise isicelo kwiCandelo loLawulo-mali kulungiselela ukuqengqelwa kunyaka-mali wama2023/24. Isicelo soqengqelo sesenkitho ebotshelweyo enxulumene noBugcisa neNkcubeko, iiMyuziyam, iNkqubo yoLutsha neyaseMva kokuPhuma kweSikolo kunye neyeMidlalo yesikolo. Nangona ukuthengwa okulungiselelwe le misebenzi kwaqunjelwa phambi kokuphela konyaka, iprojekti/umsitho onxulumene noko awuzange uqunjelwe ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2023.

Ngaphezulu, ukuNgeniswa kwamaXabiso alungiselelwe ukuthengwa koTyikityo oluQhutyelwe phambili lwe-Elektroniki (AES), kwaququzelelwa yiArhente yeTheknoloji yeNgcaciso kaRhulumente (SITA), kwalityaziswa. Isicelo sokwabiwa ngokutsha kweengxowa-mali ezingachithwanga sangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo.

Inkcitho engagunyaziswanga, engenaziqhamo nengenamsebenzi

ISebe alenzanga nayiphi na inkcitho engagunyaziswanga, engenaziqhamo, okanye engenamsebenzi kwisithuba esiphantsi kovavanyo.

Izicwangciso zexa elizayo zeSebe

Ubhubhane weCovid-19 uqaqambise ukubaluleka kwempilo-ntle nohambelwano loluntu nomnikelo wayo ekwandiseni ukhuselo loluntu nolomntu ngamnye. Uqaqambise ukubaluleka kokulungiswa nwembangela yobundlobongela kunye nobunye ububi bentlalo. I-DCAS iya kukhuthaza inkcazelo yokuthatyathwa kwenxaxheba kwinkcubeko kunye nemisebenzi yolonwabo ethi incede abantu okokuba bazive kwangaxesha linye bebambe iintambo zohambo lwabo kubo bonke ubomi, yaye beqhagamshelene kwabanye kuluntu lwabo. Siya kujolisa ekuyileni nasekulungelelanisweni kwamathuba okuyilwa kweindlela ezizezinye ezilungiselwe ulutsha lweNtshona Koloni.

UThelelwano lwamaShishini kaRhulumente nawaNgasese

Alukho.

Imisebenzi eyekiweyo/imisebenzi eseza kuyekwa

Akukho misebenzi iyekiweyo ngesi sithuba salo nyaka uphantsi kovavanyo.

Imisebenzi emitsha okanye ecetywayo

Akukho misebenzi mitsha ethe yaqaliswa ngesi sithuba salo nyaka uphantsi kovavanyo, kodwa eminye yaqaliswa okwethutyana ngenxa yobhubhane yaye yalindeleka ukuba iyekwe emva kobhubhane (umz. inkxaso-mali yoncedo enikezelwayo kwiimyuziyam ezihlangeneyo).

ULawulo lweSixokelelwano soNikezelo

Akukho zindululo zentengiso zingabongozwanga ekuthe kwangenwa kuzo ngaloo nyaka uphantsi kovavanyo.

Iinkqubo zeSCM zikho ukuthintela inkcitho engalungelelananga.

Akubanga kho mingeni ingundoqo efunyenweyo kwiSCM ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo.

Izipho neminikelo eyamkelweyo ingeyiyo imali evela kumaqela angaxulumananga

Khangela kwiSihlomelo 1E kwiiNgxelo zoNyaka zeMali.

Ukhululo nonxaxho olufunyenweyo oluphuma kwiCandelo loLawulo-mali leSizwe

Akukho lukhululo nonxaxho lufunyenweyo kwiCandelo loLawulo-mali leSizwe ngesi sithuba siphantsi kovavanyo.

Izenzo zasemva komhla wokunikwa kwengxelo

ISebe lezeMfundo leNtshona Koloni likhuphele izithuthi ezithandathu kwiSebe leMicimbi yeNkcuneko neMidlalo ukuqalela ngomhla wama21 kuTshazimpuzi 2023 xa iSatifikethi seCandelo 42 sele sisayiniwe nguGunyaziwe oGunyazisiweyo. Izithuthi ziya kusetyenziselwa amaZiko eThuba lesiNinzi noPhuhliso (MOD) asekw ezikolweni. Izithuthi seSebe ziya kwanda

ukususela kwi128 ukuya kwizithuthi ezili134 ngonyaka-mali wama2023/24, yaye njengazo zonke izithuthi, ziya kulawulwa licandelo leZithuthi zikaRhulumente (GMT) njengequmrhu elisembindini lolawulo lwezithuthi. Lo msitho ubhengeziwe ngokunjalo kwiCandelo F phantsi kwemisitho “engahlenga-hlengiswanga emva komhla wokunikwa kwengxelo”.

Isiqukumbelo

Ukuqokumbela ndithanda ukubulela umsebenzi woMphicothi-zincwadi woMzantsi Afrika, othe waqhuba uphicotho-zincwadi lweNgxelo yoNyaka weMali kunye nengcaciso yokusebenza. Ndivakalisa umbulelo ongazenzisiyo kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi ethe yanikezela ngothelekelelo olubalulekileyo lweNgxelo yoNyaka.

Ndithanda ngokunjalo ukubulela umnikelo wabachaphazelekayo bethu abakwimibutho yoluntu, kumacandelo oorhulumente kunye namanye amasebe karhulumente ngenkxaso yawo eqhubekayo, ingakumbi kunyaka ophantsi kovavanyo apho athe onke athe afumana imingeni emitsha ngenxa yobhubhane iCovid-19.

Ndithanda ukuthabatha eli thuba lokubonisa umbulelo wam ongazenzisiyo kwiqela liphela leDCAS ngenkxaso yalo kunyaka wonke kwindlela eya kunikezelo lwenkonzo kulungiselelwa abantu beNtshona Koloni. Inkqubela phambili esiyenzileyo ibingasokuze ibe nokwenzeka ngaphandle kokusebenza kwabo nzima nokuzimisela.

Okokugqibela, ndithanda ukubulela indima nenkxaso yoMphathiswa weDCAS, uNksk Anroux Marais ngesikhokhelo sakhe seqhinga, isikhokhelo kunye nenkxaso engagungqiyo kumsebenzi weli sebe.



Guy Redman
IGosa eliNika iNgxelo
ISEbe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
31 kweyeThupha 2023

5. INgxelo yoXanduva neSiqinisekiso sokuchaneka kweNgxelo yoNyaka

Ngokolwazi lwam nendikholelwa kuko, ndiqinisekisa oku kulandelayo:

1. Yonke ingcaciso nezixa-mali ezichazwe kwiNgxelo yoNyaka zizinzile.
2. INgxelo yoNyaka igqibelele, ichanekile kwaye ayinazinto zisusiweyo.
3. INgxelo yoNyaka ilungiswe ngokwemigaqo yengxelo yonyaka njengoko ikhutshwe liCandelo loLawulo-mali leSizwe.
4. IiNgxelo zeMali zoNyaka (ICandelo F) zilungiswe ngokomgangatho wemali ezinkozo eqinisekisiweyo nezicwangciso-nkqubo ezifanelekileyo nezikhokhelo ezikhutshwe liCandelo loLawulomali leSizwe.
5. IGosa eliNika ingxelo linoxanduva lokwenza amalungiselelo eeNgxelo zeMali zoNyaka nezigqibo ezithathwayo ngale ngcaciso.
6. IGosa eliNika ingxelo linoxanduva lokuseka nokuphumeza inkqubo yolawulo lwangaphakathi eyenziwe ukubonelela ngesiqinisekiso ngokuthembeka nokunyaniseka kwengcaciso, yoMsebenzi, ingcaciso ngemicimbi yabasebenzi neeNgxelo zeMali zoNyaka.
7. Abaphicoth-zincwadi bangaphandle kunxulunyanwa nabo okokuba banike uluvo oluzimeleyo ngeengxelo zemali zonyaka.

Ngokoluvo lwam, iNgxelo yoNyaka ibonakalisa imisebenzi, ingcaciso yoMsebenzi, ingcaciso yemicimbi yabasebenzi nemicimbi yemali yeSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo kunyaka-mali ophela ngomhla wama31 kweyoKwindla 2023.

Othembekileyo



IGosa eliNika iNgxelo

Guy Redman

31 kweyeThupha 2023

6. Uvavanyo ngokubanzi lweqhinga

6.1. Umbono

INTshona Koloni equka uluntu, enobuchule, edlamkileyo nolungeleleneyo.

6.2. Umnqophiso

Sikhuthaza umsebenzi ogqwesileyo nokubandakanyeka koluntu kwezemidlalo nenkcubeko ngokokusetyenziswa kwezibonelelo ngempumelelo, ngokufanelekileyo nangendlela ezinzileyo, ngentsebenziswano nabanye. Ukuze sigqwese, siza kudala iimeko zokufikeleleka nezokuthatha inxaxheba kwesininzi, ukufunyaniswa kwetalente nokuphuhliswa kwezakhono.

6.3. Iimpawu zentsulungeko

UkuKhathalela, UBuchule, UkuThatyathwa koXanduva, IMfezeko, INguqu kunye nokuSabela.

7. IziGunyaziso zomthetho nezinye

ISebe lizithatha njengezibophelelayo izigunyaziso zoMthetho apho wonke umsebenzi walo ubhekisele, ingakumbi kwimpumelelo, yonikezelo lweenkonzo olulinganayo nolufikelekayo, ngokubhekisele kwiphepha logayo-zimvo lorhulumente wesizwe ukuTshintsha unikezelo lweenkonzo zoluntu nelinge leBatho Pele. I-DCAS isebenza ngokusemthethweni nangokwamagunya omgaqo-nkqubo achazwe kwitheyibhuli engezantsi:

7.1. Izigunyaziso zoMgaqo-siseko

| Icandelo | Inkcazelo |
|--|---|
| UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996 | |
| Icandelo le-6(3) nele-(4): ULwimi | URhulumente weNtshona Koloni (WCG) kufuneka, ngokomthetho nangokweminye imiqathango, alawule kwaye abeke iliso kukusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni. Zonke iilwimi ezisemthethweni kufuneka zixhamle ngokulinganayo kwaye zithathwe zisetyenziswe ngokulinganayo. IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni (WCLC) kunye ne-DCAS, isebenzisana nePan South African Language Board ukukhuthaza iilwimi ezintathu ezisesikweni zephondo yaye iyile imiqathango elungiselelwe uphuhliso nokusetyenziswa kweelwimi zeKhoi, Nama kunye neSan kunye noLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika. I-WCLC, kunye neDCAS inoxanduva lokubeka iliso nokuvavanya ukumiliselwa komgaqo-nkqubo weelwimi waseNtshona Koloni, owamkelwe ngo-2001, akwaye kufuneka inike ingxelo kwiPalamente yePhondo leNtshona Koloni ngeli gunya kanye ngonyaka ubuncinane. I-DCAS yongamela i-WCLC kwaye ibonelela iKomiti ngenkxaso kulawulo nakwezemali. |

| Icandelo | Inkcazelo |
|--|--|
| Icandelo 30: ULwimi nenkcubeko | I-DCAS iququzelela amathuba kubantu baseNtshona Koloni bakwazi ukusebenzisa amalungelo eelwimi zabo nawenkcubeko yabo ngokweenkqubo neeprojekthi abazimeleyo nabazixhasayo. |
| Icandelo lama31: Imimandla yeNkcubeko, yenkolo neyolwimi | I-DCAS kufuneka iqinisekise ukuba iinkqubo neeprojekthi ziyazihlonela iinkcubeko neelwimi ezingafaniyo zabantu baseNtshona Koloni. |
| Icandelo lama41: Imithetho-siseko yentsebenziswano kurhulumente nokusebenzisana kukarhulumente | I-DCAS isebenzisana nazo zonke iinkalo zikarhulumente. Ngokwegunya labo, iDCAS isebenzisana neSebe lobuGcisa neNkcubeko leSizwe (DAC) nelezeMidlalo noLonwabo eMzantsi Afrika (SRSA, isebe lesizwe linoxanduva lezemidlalo noLonwabo); amaZiko oLuntu eSizwe nawePhondo noomasipala eNtshona Koloni. |
| Icandelo le156(4): Ukunikezelwa kwamagunya | <p>I-DCAS kufuneka inikezele ngegunya koomasipala, ngokwesivumelwano nangokuxhomekeka kuzo naziphi na iimeko ezifanelekileyo, kulawulo lwemiba ehlelwe kwiCandelo A leShedyuli 4 okanye iCandelo A I leShedyuli 5 enxulumene noomasipala, ukuba-</p> <ol style="list-style-type: none"> 1. lo mba uza kulawulwa ngempumelelo kwingingqi; kwaye 2. umasipala unamandla okuyilawula. <p>I-DCAS iququzelela ukunikezelwa kweenkonzo zoluntu zamaThala eencwadi, apho urhulumente wasekuhlaleni ezithatha njengezingunyaziso ezinganankxaso-mali. Ezi nkonzo zinikezelwa ngentsebenziswano neCandelo loLawulo-mali leSizwe neSebe lobuGcisa neNkcubeko yeSizwe ngokusetyenziswa koMnikelo oneMiqathango olungiselelwe amaThala eeNcwadi oLuntu, nenkxaso engaphezulu esuka kwiNkxaso-mali yeMbuyekezo kaMasipala yeCandelo loLawulo-mali lePhondo.</p> |
| IShedyuli 4: IMimandla eSebenzayo yoBuchule obuSebenza kunye iNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe neyePhondo | <p>Imiba yenkcubeko:</p> <ul style="list-style-type: none"> • I-DCAS isebenzisana neDAC namanye amacandelo anxulumeneyo karhulumente malunga nemiba yobugcisa, yenkcubeko nelifa lemveli. <p>Umgaqo-nkqubo wolwimi nokulawulwa kweelwimi ezisemthethweni kangangokuba izibonelelo zecandelo 6 loMgaqo-siseko likuvakalisa ngokuphandle okokuba liwunikezela kubuchule bendlu yowiso-mthetho yePalamente yePhondo leNtshona Koloni:</p> <ul style="list-style-type: none"> • I-DCAS isebenzisana neDAC namanye amacandelo anxulumeneyo karhulumente malunga nemiba yomgaqo-nkqubo wolwimi. |
| IShedyuli 5: IMimandla eSebenzayo yoBuchule beNdlu yoWiso-mthetho eyodwa yePhondo | <p>Oovimba ngaphandle koovimba besizwe:</p> <ol style="list-style-type: none"> a) I-DCAS inikwe igunya lokwenza umthetho wePhondo malunga noovimba ngaphandle koovimba besizwe ukuze kulawulwe ukumiliselwa lwayo. ISebe linoxanduva lweNkonzo yooVimba neeRekhodi zeNtshona Koloni. <p>Amathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi esizwe:</p> <ol style="list-style-type: none"> b) I-DCAS inikwe igunya lokwenza umthetho wePhondo malunga namathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi esizwe nokulawula umiliselwa. ISebe linoxanduva lokunikezela ngeenkonzo zamathala eencwadi eNtshona Koloni nokusebenzisana nabasemagunyeni abajongene namathala eencwadi oluntu nenkonzo nengcaciso. <p>IiMyuziyam ngaphandle kweemyuziyam zesizwe:</p> <ol style="list-style-type: none"> c) I-DCAS inikwe igunya lokwenza umthetho wePhondo malunga neemyuziyam ngaphandle kweemyuziyam zesizwe nokulawula ukumiliselwa kwawo. ISebe linoxanduva lokunikezela ngenkonzo zeeMyuziyam kwiphondo, ukulungiselela intsebenziswano esondeleyo neemyuziyam eziphantsi kwalo ukulungiselela ukuxhaswa kwezi myuziyam. |

| Icandelo | Inkcazelo |
|---|---|
| | <p>Imicimbi yenkcubeko yePhondo (kubandakanya ulawulo lwezixhobo zelifa lemveli namagama eendawo):</p> <ul style="list-style-type: none"> d) I-DCAS ibonelela iLifa lemveli laseNtshona Koloni (iHWC) – igunya e) lezixhobo zelifa lemveli lephondo elonyulwe ngokumalunga noMthetho weZixhobo zeLifa lemveli likaZwelonke, we-1999 (iNHRA) – nabasebenzi kunye nabanye abaxhasi bemali nolawulo ukwenza nokulawula igunya lalo elisemthethweni. U-MEC (iLungu [lePhondo] leBunga eliLawulayo leHWC kwaye ligunya lesibheni selifa lemveli elonyuliweyo leNtshona Koloni. f) I-DCAS ibonelela ngobugcisa nangenye inkxaso kwiKomiti yaMagamaeeNdawo zePhondo leNtshona Kapa (iWCPGNC) ukuze liququzelele udliwanondlebe loluntu malunga nokubekwa emgangathweni, nokwenziwa kotsshintsho kumagama eendawo. Lwakuba lugqityiwe udliwanondlebe, iKomiti yephondo yenza izindululo kwiBhunga laMagama eeNdawo zaseMzantsi we-Afrika. <p>Ezemidlalo, ulonwabo nobumnandi:</p> <ul style="list-style-type: none"> g) I-DCAS igunyaziswe ukuba incede ekudaleni ubume obukwaziyo ukwenza imisebenzi yezemidlalo nolonwabo yephondo. |
| <p>ICandelo 195: Iimpawu zentsulungeko ezisisiseko nemithetho-siseko yokuphathwa kolawulo loluntu</p> | <p>Amagosa eDCAS kufuneka abambelele kwiimfuno zecandelo le-195, elibonelela ngenkcazelo yeempawu zentsulungeko yolawulo lwesininzi nemithetho-siseko yokuphathwa kolawulo loluntu. ICandelo le-195(1)(b) lidinga inkuthazo yokusetyenziswa kwezixhobo kakuhle, ngoqoqosho nangempumelelo. Oku kuthetha ukuba iinkqubo eziqhutywe kwicandelo loluntu kufuneka zibeluncedo kangangoko ngezona ndleko ziphantsi.</p> |
| <p>ICandelo 92 nele 133</p> | <p>ICandelo 92 libonelela ngokuba amalungu eKhabhinethi abe nako ukuphendula bebonke nangabanye kwiPalamente ukusebenzisa amandla abo nasekwenzeni kwabo imisebenzi, kwaye kufuneka babonelele iPalamente rhoqo ngengxelo epheleleyo kwimiba ephantsi kolawulo lwabo.</p> <p>ICandelo 133 libonelela ukuba ooMEC bephondo babe nokuphendula bebonke nangobunye kwindlu yowiso-mthetho yephondo ukusebenzisa amandla abo nasekwenzeni kwabo imisebenzi, kwaye kufuneka babonelele indlu yowiso-mthetho rhoqo ngengxelo epheleleyo kwimiba ephantsi kolawulo lwabo.</p> |
| UMgaqo-siseko waseNtshona Kapa, we1997 | |
| <p>ICandelo 5</p> | <p>Ngokweenjongo zikaRhulumente weNtshona Koloni:</p> <ul style="list-style-type: none"> a) iilwimi ezisemthethweni isiBhulu, isiNgesi nesiXhosa kufuneka zisetyenziswe; kwaye b) ezi lwimi zonwabela iwonga lokulingana. <p>I-WCG kufuneka, ngokusebenzisa indlu yowiso-mthetho kunye nezinye iindlela, ukumisela nokubeka iliso kusetyenziso lwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa.</p> <p>I-WCG kufuneka ikwaphumeze iindlela zokwenza nezakhayo ukuphakamisa izinga lewonga nokuqhubela phambili ukusebenzisa ezo lwimi zemveli zabantu baseNtshona Koloni ewonga lazo ngokwembali yangaphambili bekukade kungaselwe so.</p> |
| <p>ICandelo 70</p> | <p>Umthetho wephondo kufuneka ubonelele ngosungulo nangenkxaso-mali efanelekileyo, kwizixhobo ezifumanekayo zikaRhulumente weNtshona Kapa, zebhunga okanye zamabhunga enkcubeko oluntu kwiphondo olwabelana ngokufanayo ngenkcubeko nangelifa lemveli yolwimi.</p> <p>Ubhaliso nenkxaso kumabhunga enkcubeko:</p> <ul style="list-style-type: none"> a) IKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Kapa (iWCCC) inikwe umsebenzi nobhaliso lwenkxaso kumabhunga abhalisiweyo. I-DCAS yongamelele i-WCLC yaza yabonelela iKomiti ngenkxaso yolawulo nezemali. |
| <p>ICandelo 81</p> | <p>URhulumente waseNtshona Koloni kufuneka amkele kwaye aphumeze ngokusebenzayo imigaqo-nkqubo ukukhuthaza nokugcina intlalontle yabantu bephondo, kubandakanya imigaqo-nkqubo ejonge ekufezekiseni:</p> |

| Icandelo | Inkcazelo |
|-------------|--|
| | <p>b) ukukhuthazwa kwentlonipho yamalungelo enkucubeko, inkolo noluntu neelwimi zabo eNtshona Koloni; kunye;</p> <p>c) Nokhuselo nolondolozo lwembali yendalo, imbali yenkcubeko, inzululwazi ngezakudala nelifa lemveli ngezakudala zaseNtshona Koloni ngoncedo olukhoyo nezizukulwana ezizayo.</p> <p>I-DCAS iphumeza imigaqo-nkqubo ekhethekileyo ukunika inkxaso kwezi zibonelelo.</p> |
| ICandelo 82 | Imithetho-siseko eyalelayo yomgaqo-nkqubo wephondo kwiSahluko se10 (iCandelo lama81) sikhokela uRhulumente weNtshona Koloni xa iyenza naxa iyisebenzisa imithetho. |

7.2. Izigunyaziso zowiso-mthetho

| UMthetho weSizwe | Khangela | Inkcazelo |
|--|---|--|
| UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, ka1999 | uMthetho woku1 ka1999 | UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (PFMA): <ol style="list-style-type: none"> 1. ulawula ukuphathwa kwemali koorhulumente bephondo nakuzwelonke, amaqumrhu oluntu olukuluhlu, amaziko omgaqo-siseko nowiso-mthetho wephondo; 2. Uqinisekisa ukuba ingeniso yonke, inkcitho, ii-asethi namatyala alamaziko alawulwa ngempumelelo nangokufanelekileyo; kwaye 3. Kuchaza uxanduva lwabantu abathembekileyo ngolawulo lwemali kulamacandelo. |
| UMthetho weNkonzo kaRhulumente, we-1994 (njengoko ulungisiwe, <i>phakathi kwezinye izinto</i> , uMthetho woLungiso lweNkonzo kaRhulumente, wama2007) | ISibhengezo 103, seGazethi kaRhulumente 15791, yowesi3 kweyeSilimela ka1994 noMthetho wama30 2007 | Lo Mthetho wenza ubonelelo umbutho nolawulo lweDCAS, ukumiselwa kwemiqathango yengqesho, ixesha elimiselweyo le-ofisi, ululeko, umhlalaphantsi nokukhutshwa kwamalungu kwinkonzo karhulumente, nemicimbi enxulumene noko. |
| UMthetho weCandelo leNgeniso (ngonyaka) | Kukho uMthetho omtsha kunyaka nonyaka. | Rhoqo ngonyaka, uMthetho weCandelo leNgeniso (DORA): <ol style="list-style-type: none"> 1. ubonelela ngolwahlulo olulinganayo lwengeniso eveliswe ngamacandelo karhulumente wesizwe, wephondo, nakamasipala; 2. umisela isabelo esilinganayo sephondo saloo ngeniso; yaye 3. wenza izabelo kumaphondo, kumasipala, okanye koomasipala kwizabelo ezivela zorhulumente wesizwe zaloo ngeniso, kuxhonyekekwe kwimiqathango. <p>I-DCAS ifumene iMinikelo eneMiqathango evela kurhulumente wesizwe yaye inoxanduva lokulawula ezi ngxowa-mali.</p> |
| UMthetho wokuKhuthazwa koFikelelo kwiNgcaciso, 2000 | UMthetho 2 ka2000 | Lo Mthetho uncedisa kwilungelo lokufikelela kwiirekhodi ezikulawulo lukarhulumente, kumaziko karhulumente kunye namaqumrhu angasese. Phakathi kwezinye izinto, iDCAS kunye aliphi na elinye iqumrhu likarhulumente nelangasese kufuneka: |

| UMthetho weSizwe | Khangela | Inkcazelo |
|--|-----------------|---|
| | | <ul style="list-style-type: none"> iqulunge imanyuwali ethi ichazele amalungu oluntu ngendlela amakafake ngaye isicelo sofikelelo kwingcaciso egcinwe lelo qumrhu; lqeshe igosa lengcaciso ukulungiselela ukuqwalasela izicelo zofikelelo kwingcaciso egcinwe liqumrhu. |
| UkuKhuthazwa koBulungisa kuLawulo, 2000 | UMthetho ka2000 | 3 Lo Mthetho: <ul style="list-style-type: none"> wandlala imithetho nezikhokhelo ekufuneka zilandelwe ngabalawuli xa bethabatha izigqibo; udinga ukuba abalawuli bazise abantu malunga namalungelo abo okuvavanya ngokutsha okanye ukubhena nelungelo labo lokucela izizathu; udinga abalawuli okokuba banike izizathu ngezizigqibo zabo; unika amalungu oluntu ilungelo lokucela umngeni kwizigqibo zabalawuli kwinkundla yamatyala. |
| UMthetho woKhuselo lweNgcaciso yoMntu | UMthetho ka2013 | 4 UMthetho ukhuthaza ukhuselo lwengcaciso yomntu eqwalaselwa ngamaqumrhu karhulumente nawangasese; uvelisa imiqathango ethile ukulungiselela ukuseka iimfuno eziphantsi zokuqwalaselwa kwengcaciso yomntu. Ngaphezulu, uMthetho unikezela ngokusekwa koMlawuli weNgcaciso okokuba asebenzise amagunya athile kunye nemisebenzi ngokuhambelana nalo Mthetho kunye noMthetho wokuKhuthazwa koFikelelo kwiNgcaciso, UMthetho unikezela ngaphezulu ngokukhutshwa kwekhowudi yokuziphatha; ngamalungelo abantu ngokuphathelele kunxibelelwano lwe-elektroniki olungabongozwanga nezigqibo ezizenzekelayo; ukulawula ukungena nokuphuma kwengcaciso yomntu ngaphaya kwemida yeRiphabliki; nokunikezela kwimicimbi enxulumene noko. |
| UMthetho wamaZiko eNkcubeko, 1998 | UMthetho ka1998 | 119 I-DCAS kufuneka inxibelelane yaye isebenzisane namaziko enkcubeko abhengeziweyo kwisizwe ngokuphathelele kwimicimbi yobugcisa, yenkcubeko, neyelifa lemveli. |
| UMthetho wokuKhuthazwa kweNkcubeko, 1983 | UMthetho ka1983 | 35 Lo Mthetho wabelwa kwiNtshona Koloni yaye iDCAS inoxanduva lokuthobela izibonelelo zoMthetho. |
| UMthetho weMicimbi yeNkcubeko (iNdlu yoWiso-mthetho), we-1989 | UMthetho ka1989 | 65 Lo Mthetho wabelwa kwiNtshona Koloni yaye iDCAS inoxanduva lokuthobela izibonelelo zoMthetho. |
| UMthetho wooVimba beSizwe neNkonzo yeeRekhodi yoMzantsi Afrika, 1996 | UMthetho ka1996 | 43 I-DCAS inoxanduva lokutyunjwa komntu oza kumela iphondo leNtshona Koloni ukuba asebenze kwiBhunga looVimba leSizwe leeNgcebiso. ISebe likwanoxanduva lokuhlangabezana nemiqathango nemigangatho esekwe phantsi kwalo Mthetho. |
| UMthetho iNational Arts Council Act, 1997 | UMthetho ka1997 | 56 I-DCAS inoxanduva lokutyunjwa komntu oza kumela iphondo leNtshona Koloni ukuba asebenze kwiBhunga leSizwe loBugcisa (NAC), ukulungiselela itsebenziswano nolungelelwano kunye neNAC, nokulwauwla kwenkxaso-mali yeNAC elungiselelwe uphuhliso lobugcisa nenkcubeko yeNtshona Koloni. |
| UMthetho weBhubga leSizwe leLifa leMveli, 1999 | UMthetho ka1999 | 11 I-DCAS inoxanduva lokutyunjwa komntu oza kumela iphondo leNtshona Koloni ukuba asebenze kwiBhunga leSizwe leLifa leMveli (NHC), nakwimisebenzi |

| UMthetho weSizwe | Khangela | Inkcazelo |
|---|---------------------|--|
| | | yentsebenziswano nolungelelwaniso enxulumene nenkxaso-mali kunye neeprojekti eziqhutywa yiNHC eNtshona Koloni. |
| UMthetho weZibonelelo zelifa leMveli, 1999 | UMthetho ka1999 25 | I-DCAS iqinisekisa ukuthotyelwa kweNHRA ngokubeka esweni ukonyulwa kommeli wephondo leNtshona Koloni, ngokukhetha ilungu leBhunga leLifa leMveli laseNtshona Koloni, ukuba lihlale kwiBhunga le-Arhente yezBonelelo zelifa leMveli loMzantsi Afrika (iSAHRA). I-DCAS ikwaqinisekisa ukuthotyelwa kwemfuneko yokuba uMEC kufuneka etyumbe iBhunga leHWC, ugunyaziwe wezibonelelo zelifa lemveli lephondo elityunjwe ngokwe-NHRA. ISebe linoxanduva lokunxibelelana nokusebenzisana neSAHRA, iHWC noomasipala ngokubhekisele kulawulo lwezibonelelo zelifa lemveli. I-DCAS ikwancedisa ngokunjalo uMEC xa kufakwe izibheni kuye ezibhekiselele kwizigqibo ezithatyathiweyo yiHWC. |
| UMthetho weBhodi yeelwimi zoMzantsi Afrika, 1995 | UMthetho ka1995 59 | Phakathi kwezinye izinto, lo Mthetho ufuna ukuba iBhodi yeelwimi zoMzantsi Afrika (iPanSALB) iseke ikomiti yephondo yolwimi (iPLC) kuwo onke amaphondo. I-PLC yePanSALB yeNtshona Koloni yasekwa kweyeThupha wama- 2019. |
| UMthetho weBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika, 1998 | UMthetho ka1998 118 | -DCAS inoxanduva lokuthobelana nezibonelelo zalo Mthetho zokutyumba ummeli wephondo laseNtshona Koloni okokuba abe yinxalenye yeBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika; aphantsi amagama eendawo eNtshona Koloni; ukuqinisekisa ukubekwa emgangathweni; kwaye, apho kufanelekileyo, ukulungiselela ukucebisa noluntu malunga neenguqu eziphakanyisiweyo kula magama. ISebe linikezela ngenkxaso yobuchule kunye nenye inkxaso kwiKomiti yamaGama eeNdawo yePhondo leNtshona Koloni. Lwakuba uthetha-thethwano luggityiwe, iWCPGNC yenza izindululo kwiBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika. |
| UMthetho weNgqungquthela yeLifa leMveli leHlabathi, 1999 | UMthetho ka1999 49 | I-DCAS inoxanduva lokutyumba ummeli wephondo leNtshona Koloni okokuba abe yinxalenye yeKomiti yeNgcebiso yeLifa leMveli yoMzantsi Afrika kwiHlabathi. ISebe likwanoxanduva lokuthobela izibonelelo zoMthetho kunye neNgqungquthela yeLifa leMveli yeHlabathi ngokubhekisele ekutyunjweni kweendawo ezinokubakho kuLuhlu loLingo loMzantsi Afrika, kunye nokonyulwa kweendawo ezikuLuhlu loLingo lwaseMzantsi Afrika ukuze kuqwalaselwe yiKomiti yeLifa leMveli ye-UNESCO. |
| UMthetho weSizwe weMidlalo noLonwabo, 1998 | UMthetho ka1998 110 | UMthetho ubonelela ngokhuthazo nokuphuhlisa kwezemidlalo kunye nolonwabo kunye nolungelelwaniso lobudlelwane phakathi kweSASCOC (uManyano lwezeMidlalo neKomiti ye-Olimpiki yoMzantsi Afrika), iSRSA, imibutho yemidlalo, amabhunga emidlalo kunye nezinye ii-arhente. Ngaphezu koko uMthetho ubonelela ngeendlela ezijolise ekulungiseni ukungalingani kwezemidlalo nokwezolonwabo; ukukhuthaza ukulingana kunye nentando yesininzi kwimidlalo nokuzonwabisa; kunye nokubonelela ngeendlela zokusombulula impikiswano kwimidlalo nakwezolonwabo. |

| UMthetho weSizwe | Khangela | Inkcazelo |
|---|----------------------|--|
| UMthetho woKhuseleko kwiMicimbi yezeMidlalo noLonwabo, wama-2010 (SASREA) | UMthetho ka2010 2 | Ukubonelela ngeendlela zokukhuselwa kwempilo Ngokomzimba kunye nokukhuseleka kwabantu nepropathi kwimidlalo, nolonwabo, inkolo, inkcubeko, umboniso, umnyhadala okanye imicimbi efanayo ebibanjelwe kumabala emidlalo, kwiindawo zemidlalo okanye ecaleni kwendlela; ukubonelela ngoxanduva lokuthatha inxaxheba kwabo badlala indima; ukubonelela ngezithintelo ezithile; ukubonelela ngolwahlulo lomngcipheko kwimicimbi; ukubonelela ngokusekwa kweendlela zokujongana nokhuseleko nokhuseleko kwiminyhadala; ukubonelela ngokuqinisekiswa kwabathathi-nxaxheba kwiminyhadala; ukulungiselela ukuthengisa amatikiti; ukubonelela ngolawulo lokufikelela kwababukeli kunye nezithuthi kwimisitho; ukubonelela ngokukhutshwa kweziqinisekiso zokhuseleko kumabala emidlalo acetywayo okanye akhoyo; ukulungiselela iziqulatho zeziqinisekiso zokhuseleko kunye nezilungiso kwiziqinisekiso zokhuseleko; ukubonelela ngokuqeshwa kwabahloli kunye namandla abo okungena nokuhlola; ukulungiselela ukuthunyelwa kweenkonzo zokhuseleko; ukubonelela ngezaziso zokubekwa ngaphandle kwababukeli; ukubonelela ngezaziso zothintelo; ukulungiselela ukusekwa kweBhodi yeziBheno ukuze babhene; ukubonelela nge-inshorensi yamatyala kawonke-wonke kwimicimbi; ukubonelela ngentlawulo yemirhumo; ukulungiselela iziphoso kunye nezohlwayo; nokulungiselela imicimbi enxulumene noko. |
| UMthetho weMveli nobuNkokheli bama Khoi-San, wama2019 | UMthetho wama2019 23 | UMthetho ubonelela: <ol style="list-style-type: none"> 1. ngokunikezelwa kwengqwalasela kuluntu lweMveli namaKhoi-San, izikhundla zobunkokheli nokurhoxiswa kwengqwalasela leyo ibinikeziwe. 2. ngemisebenzi kunye neendima zeenkokheli zeMveli nezamaKhoi-San. 3. ngengqwalasela, ukusekwa, imisebenzi, iindima, kunye nolawulo lwamabhunga obukumkani okanye awobukumkanikazi, ayintloko emveli, amabhungana emveli, ngokunjalo nenkxaso kumabhunga anjalo. 4. ukusekwa, nokuqulunqwa nokusebenza kweNdlu yeSizwe yeeNkokheli zeMveli nezamaKhoi-San. 5. ukusekwa kwezindlu zephondo zeenkokheli zeMveli nezamaKhoi-San. 6. ukusekwa nokuqulunqwa kwezindlu zengingqi zeenkokheli zeMveli nezeKhoi-San. 7. ukusekwa nokusebenza kweKhomishini yeMicimbi yeKhoi-San. 8. ikhowudi yokuziphatha elungiselelwe amalungu eNdlu yeSizwe, izindlu zephondo, izindlu zeNgingqi kunye nawo onke amabhunga eMveli naweKhoi-San; kunye 9. namagunya alawulayo oMphathiswa neeNkulumbuso. |
| UMthetho weSiko loLwaluko, 2021 | UMthetho wama2021 2 | UMthetho weSiko loLwaluko wesi2 wama2021 uxhibe: <ol style="list-style-type: none"> 1. ngokubonelela ngolawulo olufanelekileyo lwezenzo zesiko lolwaluko; 2. ngokubonelela ngokusekwa kweKomiti yeSizwe yoLongamelo loLwaluko kunye neeKomiti |

| UMthetho weSizwe | Khangela | Inkcazelo |
|------------------|----------|---|
| | | <p>zePhondo zoLungelelwaniso loLwaluko kunye nemisebenzi yazo;</p> <ol style="list-style-type: none"> 3. ngokubonelela ngoxanduva, iindima kunye nemisebenzi yabachaphazelekayo abahlukeneyo ababandakanyeka kwizenzo zolwaluko ezifana okanye kwimiba yolawulo ngoko; 4. ngokubonelela ngolawulo olufanelekileyo lwezikolo zolwaluko; 5. ngokubonelela ngamagunya alawulayo oMphathiswa kunye neeNkulumbuso; 6. ngokubonelela ngokubekwa kweliso kukumiliselwa kwalo Mthetho; 7. ngokubonelela ngeempawu zephondo; 8. ngokubonelela ngemiba enxulumene noko. |

| UMthetho wePhondo | Khangela | Inkcazelo |
|--|-----------------------------------|---|
| UMthetho weLwimi zePhondo leNtshona Koloni, 1998 | UMthetho ka1998 (iNtshona Koloni) | <p>IKomiti yeLwimi yeNtshona Koloni esekwe ngulo Mthetho kufuneka, phakathi kwezinye izinto:</p> <ul style="list-style-type: none"> • ibeke iliso ekusetyenzisweni kwesiBhulu, isiNgesi nesXhosa nguRhulumente weNtshona Koloni; • yenze izindululo kuMEC nakwiPalamente yePhondo malunga nomthetho ocetywayo okanye okhoyo, inkqubo kunye nomgaqo-nkqubo ojongana ngqo okanye ngokungathanga ngqo nolwimi eNtshona Koloni; • ikhuthaze ngamandla umthetho-siseko wokusetyenziswa kweelimi ezininzi; • ikhuthaze ngamandla uphuhliso lweelwimi zemveli ebezifudula zingaselwe so ngaphambili; • icebise uMEC neKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni kwimicimbi yolwimi kwiPhondo; kunye • nokucebisa iPanSALB kwimicimbi yolwimi eNtshona Koloni. <p>I-DCAS yongamele iWCLC kwaye ibonelela le Komiti ngenkxaso kulawulo nakwimali.</p> |
| UMthetho weKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni kunyenaBhunga eNkcubeko, we-1998 | UMthetho ka1998 (iNtshona Koloni) | <p>Lo Mthetho umisela iKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni, phakathi kwezinye izinto, ukuqwalasela ubhaliso kunye nokubhaliswa ngokutsha kwamabhunga enkcubeko amele uluntu olwabelana ngenkcubeko kunye nelifa lemveli. I-WCCC inokwenza nezindululo koku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • ubugcisa bokubonwayo, obokwenza kunye noboncwadi; • ubunzululwazi bendalo nobobuntu; • imbali yenkcubeko; kunye; • nokwazisa ngenkcubeko nokubandakanyeka kolutsha kwinkcubeko. <p>I-DCAS yongamela iWCCC kwaye ibonelela iKhomishini ngenkxaso kwezolawulo nezemali.</p> |
| IMimiselo yolawulo lweZibonelo zelifa leMveli leNtshona Koloni, yowama-2002 | PN336 yowama25 kweyeDwarha 2002 | <p>I-DCAS yongamela ilifa leMveli eNtshona Koloni - ugunyaziwe wezibonelelo ezililifa lemveli lephondo elonyulwe ngokuhambelana neNHRA - kwaye libonelela iHWC ngenkxaso kulawulo nakwimali. U-MEC unoxanduva lokumisela abasemagunyeni kunye</p> |

| UMthetho wePhondo | Khangela | Inkcazelo |
|---|--|--|
| | | nokuqesha iBhunga kwisikhundla ngasinye esilandelayo se-ofisi. |
| IMimiselo yoLawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli leNtshona Koloni, 2003 | PN 298 wama29 kweyeThupha 2003 | I-DCAS yongamela iLifa leMveli eNtshona Koloni - ugunyaziwe wezibonelelo ezililifa lemveli lephondo elonyulwe ngokuhambelana neNHRA - kwaye libonelela iHWC ngenkxaso kulawulo nakwimali. U-MEC unoxanduva lokumisela abasemagunyeni kunye nokuqesha iBhunga kwisikhundla ngasinye esilandelayo se-ofisi. |
| UMthetho wooVimba kunye neNkonzo yeeRekhodi weNtshona Koloni, 2005 | UMthetho 3 wama2005 (iNtshona Koloni) | Lo Mthetho umisela ooVimba bePhondo neNkonzo yeeRekhodi yeNtshona Koloni okokuba bagcine iirekhodi zikarhulumente kunye nezingezizo ezoluntu zokugcina ixabiso lokusetyenziswa luluntu kunye noRhulumente; ukwenza ezo rekhodi zinjalo zifikeleleke; kunye nokukhuthaza ukusetyenziswa kwazo luluntu. |
| UMmiselo weeMyuziyam, 1975 | UMmiselo wesi-8 we-1975 (iPhondo leNtshona Koloni) | I-DCAS inoxanduva lokuhambelana nezibonelelo zalo Mmiselo ngokuphathelele kwiimpembelelo ezichaphazela iimyuziyam zamaphondo ezimanyeneyo, ezincedwa liphondo kunye neemyuziyam zengingqi kwiNtshona Koloni. Umthetho omtsha wephondo wemyuziyam usayilwa ngothethwano kunye nabachaphazelekayo abafanelekileyo. |
| UMmiselo we-Oude Kerk Volksmuseum Van 't Land van Waveren (Tulbagh), 1979 | UMmiselo we-11 we-1979 (iPhondo leNtshona Koloni) | I-DCAS inoxanduva lokumilisela nolokuhambelana nezibonelelo zalo Mmiselo ukulawula imicimbi yeOude Kerk Volksmuseum eTulbagh. |
| UMthetho woMmiselo weeMyuziyam weNtshona Koloni | UMmiselo 2 wama2021 | I-DCAS iinxanduva lokuhambelana nezibonelelo zalo Mmiselo ngokuphathelele kwiimpembelelo ezichaphazela iimyuziyam zamaphondo ezimanyeneyo, ezincedwa liphondo kunye neemyuziyam zengingqi kwiNtshona Koloni. |
| Provincial Library Service Ordinance, 1981 | UMmiselo we-16 we1981 (iPhondo leNtshona Koloni) | I-DCAS inoxanduva lokumilisela nolokuhambelana nezibonelelo zalo Mmiselo ngokuphathelelene namathala eencwadi ephondo kwiNtshona Koloni. |

7.3. Izigunyaziso zomgaqo-nkqubo

| UMgaqo-nkqubo | INKcazelo |
|--|--|
| Imigaqo-nkqubo yesizwe | |
| IPhepha leNgcaciso eliHlaziyiweyo loMgaqo-nkqubo woBugcisa, kwiNkcubeko nakwiLifa leMveli (2018) | Lo mgaqo-nkqubo ubonelela ngesicwangciso-nkqubo somgaqo-nkqubo wesizwe nowephondo kubugcisa, inkcubeko, ilifa lemveli, ithala leencwadi neenkonzo zovimba. |
| IsiCwangciso-nkqubo soMgaqo-nkqubo weSizwe woLwimi (2003) | Olu xwebhu lubonelela ngesicwangciso-nkqubo sesizwe sokusetyenziswa kwezibonelelo zoMgaqo-siseko kunye nezigunyaziso zowiso-mthetho kuwo onke amacandelo karhulumente, kubandakanya iDCAS. Ikwandlala imithetho-siseko yaye imilisela amaqhinga emayilandelwe. |

| UMgaqo-nkqubo | INkcazelo |
|--|---|
| UMgaqo-nkqubo woLawulo lweeRekhodi zeSizwe (iNcwadana yoMgaqo-nkqubo woLawulo lweeRekhodi, wama-2007) | Olu xwebhu lulawula imida ethile apho amaqumrhu karhulumente ekufuneka asebenze kuyo ngokubhekisele kulawulo lweerekhodi zawo kunye nendlela iDCAS ekufuneka ilubeke esweni ngalo ulawulo lweerekhodi zemibutho yaseburhulumenteni eNtshona Koloni. |
| Ukulawula iiRekhodi zezibonelelo zombane kumaQumrhu kaRhulumente: uMgaqo-nkqubo, iMithetho-siseko neeMfuno (wama-2006) | Lo mgaqo-nkqubo ubonelela ngesikhokelo kumaqumrhu karhulumente ukuwanceda ukuba ahambelane neemfuno zomthetho ngokubhekisele kwiirekhodi ze-elektroniki njengenxalenye ebalulekileyo yolawulo lwezibonelelo zerekhodi. I-DCAS kufuneka ihambelane nemigangatho echaziweyo emiselweyo yesizwe kunye neyehlabathi jikelele ngokubhekisele kwizixhobo zekhompuyutha, iinkqubo zekhompuyutha kunye noggcino lweendaba ukuze zigcinwe kuvimba. |
| IsiBhengezo seSizwe seMidlalo ne-Indaba yoLonwabo (2011) | Oku kufuna ukuba iDCAS ilungelelanise iinjongo zayo eziphambili nesicwangciso seqhinga sesibhengezo esandlala umbono wezemidlalo nolonwabokude kube ngowama-2020. |
| IsiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo (2012) | IsiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo (NSRP) sandlala umbono wemidlalo nolonwabo eMzantsi Afrika de kube ngowama-2020. |
| IPhepha leSizwe leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo weMidlalo noLonwabo (2012) | Lo mgaqo-nkqubo uqaqambisa ezi zigunyaziso zilandelayo: <ol style="list-style-type: none"> 1. ukwandiswa kwamanganaba okuthatyathwa kwenxaxheba kwimidlalo nolonwabo; 2. ukuphakanyiswa kweprofayile yezemidlalo kungquzulwano lokuphambili; 3. ukwandisa amathuba okuphumelela kwiminyhadala; kwaye 4. ukubekwa kwemidlalo phambili kwiinzame zokuncitshiswa kolwaphulo-mthetho. Uxanduva olupheleleyo lwezemidlalo nolonwabo luhlala kwi-SRSA. |
| UMgaqo-nkqubo wesiCwangciso-nkqubo olungiselelwe iNkqubo yoMgaqo-nkqubo wokuBekwa kweLiso noVavanyo loRhulumente ngokubanzi (2007) | Injongo yeNkqubo yokuBekwa kweLiso noVavanyo loRhulumente ngokuBanzi (GWM&E) kukunikela kuphuculo lolawulo nokwandiswa kokufaneleka kwemibutho yecandelo likarhulumente namaziko. Olu xwebhu lunikezela ngesicwangciso-nkqubo somgaqo esingxabalazileyo sokubekwa kweliso novavanyo (M&E) eMzantsi Afrika. Ikhuthaza ulawulo olusekwe kwiziphumo. |
| IPhepha loGayo-zimvo kuLawulo loMsebenzi wokuBekwa iLiso nokuVavanya (lowama-2009) | Olu xwebhu lujolise ekuncedeni amagosa karhulumente kunye nogunyaziwe wesigqeba okokuba ajolise ekufezekiseni isiphumo nemiqathango yemiphumela equlathwe kwisiCwangciso-nkqubo seQhinga seSithuba esiPhakathi (MTSF). Luxhibe ukukhuthaza ukusebenza kakuhle kwesebe nokomntu ngamnye kuwo onke amanganaba. |
| Izikhokhelo zamaSebe eSizwe nawePhondo kuLungiselelo lwesiCwangciso-nkqubo seM&E | Ezi zikhokhelo zibonelela ngophuhliso lwesicwangciso-nkqubo sokubekwa kweliso novavanyo kuwo onke amaziko karhulumente ukwenzela ukuba amaziko abe nakho ukuhlola inkqubela phambili ethelekiswe kwiinjongo zawo ezixeliweyo ze abe nakho ukuqhuba izenzo zoxabangelo apho kuyimfuneko. Le nkqubo idinga amasebe okokuba abe nengqiqo ehlangeneyo yazo zonke iinkqubo zolawulo lweenkcukacha zamanani, ulawulo lweeseti zolawulo kunye nemigqalisela yokusebenza. Imigqalisela kufuneka inxulunyaniswe kwizigunyaziso ezithile zomgaqo-nkqubo kunye nohlahlelo lweeseti zemigqalisela kufuneka luqhutywe ukumisela okokuba ingaba kukho ubudlelwana na kwisizathu nempembelelo. |
| Izikhokhelo zeNkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente (EPWP) | Izikhokhelo zeziCwangciso zoShishino lwe-EPWP zeCandelo leNtlalo (IMidlalo noLonwabo) kunye neCandelo leNdalo neNkcubeko (IMicimbi yeNkcubeko) zibonelela ngesicwangciso-nkqubo seDCAS sokusebenzisa |


| UMgaqo-nkqubo | INkcazelo |
|--|---|
| | inkxaso-mali yecandelo likarhulumente ukunciphisa nokudambisa intswela ngqesho. |
| Imigaqo-nkqubo yephondo | |
| UMgaqo-nkqubo woLwimi weNtshona Koloni (PN 369, 27 kuNovemba 2001) | I-DCAS kunye nawo onke amasebe ephondo unyanzelekile okokuba amilisele izibonelelo zoMgaqo-nkqubo woLwimi weNtshona Koloni kunye noMthetho weLwimi wePhondo leNtshona Koloni, umthetho 13 we-1998. Ngaphezulu, iSebe linikwe uxanduva lokunikezela ngeenkono zenkxaso yolwimi kuRhulumente weNtshona Koloni ngokusetyenziswa kweyunithi yolwimi esembindini. |
| UMgaqo-nkqubo weNkxaso-mali yoBugcisa neNkcubeko (ulungiswe ngowama-2021) | Olu xwebhu lusikhokhelo lwezabelo zoncendo lwemali oluya kwimibutho yenkubeko, kubantu ngabanye kunye neenkampani. |
| IZikhokhelo zeNkxaso-mali yezeMidlalo noLonwabo (2012) | Olu xwebhu lukhokhela ulwabiwo loncedo lwemali kwimibutho yemidlalo. |
| UMgaqo-nkqubo wokuThiywa nokuThiywa ngokutsha kweMpawu zeNdawo (2015) | Lo mgaqo-nkqubo wandlala indlela ekufuneka iqwalaselwe kunye neenkqubo eziza kulandelwa yiDCAS kunye neKomiti yamaGama eeNdawo yeNtshona Koloni xa kuququzelelwa kwaye kunxityelelwana nabachaphazelekayo kunye noluntu malunga nokubekwa emgangathweni kokuthiywa ngokutsha kwagama, ukuguqulwa kwamagama, okanye utshintsho lwagama akhoyo eendawo. La maqumrhu enza izindululo kwiBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika kunye noMphathiswa wesizwe wezoBugcisa neNkcubeko.. |
| INkqubo yePhondo ngokubanzi yokuBekwa kweLiso kunye noVavanyo (2009) | Olu luhlu lwamaxwebhu lusebenza njengokusabela kwephondo kwiNkqubo kaRhulumente ngokubanzi yokuBekwa kweLiso noVavanyo. Injongo kukuphuculwa kolawulo nokunikea kwengxelo sisigqeba sephondo ngokunikezelwa kengkxaso elungiselelwe: ukuthatyathwa kwezigqibo okungcono okwenziwa ngamanqanaba okusekwe kubungqina; ukucokisiswa komgaqo-nkqubo; nolwabiwo olufanelekileyo lwezibonelelo. |
| UMgaqo-nkqubo weMyuziyam weNtshona Koloni (2013) | Lo mgaqo-nkqubo unikezela ngeiseko kumntu ngamnye nakuluntu okokuba luseke ze luxhase iimyuziyam eNtshona Koloni. Uceba ngokunjalo isicwangciso-nkqubo esilungiselelwe umthetho omtsha ocetywayo wephondo okokuba ube sendaweni yoMmiselo weMyuziyam ophelilewe lixesha [wePhondo laseKapa], we-1975. |
| UMgaqo-nkqubo woLawulo lweRekhodi zamaqumrhu karhulumente weNtshona Koloni (2017) | Injongo yomgaqo-nkqubo kukunikezela ngesikhokhelo kemaqumrhu karhulumente wePhondo leNtshona Koloni esingolawulo lweerekhodi zolawulo olulungileyo, ukuthatyathwa koxanduva ngokunjalo nengqiqo yequmrhu kunye noluntu. |
| UMgaqo-nkqubo weDijithali wamaqumrhu karhulumente (2017) | Injongo yomgaqo-nkqubo ikakhulu kukunikezela ngesikhokhelo esiphathelele nokufakwa kwidijithali kweerekhodi njengenxalenye yolawulo lweqhinga lweerekhodi. |
| IsiCwangciso-nkqubo soLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika (SASL) esilungiselelwe uRhulumente weNtshona Koloni. | Ukukhuthaza ukusetyenziswa kolwimi olufikelekayo nokufaka engqondweni kokunyamezelana kubantu abasebenzisa ulwimi lweminwe. |

| Amaqhainga | Inkcazelo |
|--|--|
| Amaqhainga esizwe | |
| UMnikelo oneMiqathango: InkquboyokuBuyiselwa kweThala leeNcwadi yokuphucula iinkonzo zethala leencwadi loluntu | I-DCAS inoxanduva lomiliselelo oluyimpumelelo nolawulo lwale projekti yoMnikelo oneMiqathango eNtshona Koloni. |
| IMigqalisela yokuKhangelo: IQela loMsebenzi weMidlalo yeSikolo eHlangeneyo yePhondo (2012) | I-DCAS inikwe umsebenzi yiDSAC ebekubhekiselelwe kuyo ngaphambili njengeSRSA kunye neSebe leMfundo yesiSiseko yelizwe wokuseka IQela eliDibeneyo leMidlalo yeZikolo ukuze lilawule, lilungelelanise kwaye liphumeze isicwangciso semidlalo yezikolo, kunye nokuqinisekisa ukuthatha inxaxheba kwezemidlalo ezikolweni. |
| Izikhokelo zoSeko lweeKomiti zeKhowudi yokuXhasa iMidlalo yeZikolo (2013) | I-DSAC kunye neSebe leMfundo yesiSiseko yelizwe inikezela ngezikhokhelo ezicacileyo zokusekwa kweekomiti zekhowudi ezithile zemidlalo yesikolo kwinqanaba lesekethe, lesithili nakwiphondo. I-DCAS ixhasa iSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) okulungelelaniseni imisebenzi enxulumene nemidlalo yesikolo kwiikhowudi ezahlukeneyo, esijolise kuko kukuthatyatho lkwenxaxheba kwinqanaba elilandelayo kwinqanaba lephondo, lesizwe nelehlabathi. I-WCED inoxanduva lwamacandelo eMidlalo yeSikolo, njengoko ibandakanya ootitshala. I-DCAS, kwikhono layo njengeSeba lephondo leMidlalo, uBugcisa kunye neNkcubeko, linesigunyaziso lokusebenza namacandelo emibutho emanyeneyo. Amacandelo olungelelwaniso athe ngqo kwikhowudi, ngoko, awanakho ukusebenza ngokuzimeleyo. Adingeka okokuba alungelelaniswe, yaye anike ingxelo yaye athwale uxanduva lokuba phantsi kwemibutho emanyeneyo ethe ngqo kwimidlalo ethile. Ukusekwa, ngokunjalo nokuqulunqwa kwamacandelo eMidlalo yeSikolo kuphantsi kovavanyo ngokutsha ngokwakaloku nje. |
| Amaqhainga ephondo | |
| Izithethe neMigangatho yamaThala eencwadi oLuntu eNtshona Koloni | Izithethe nemigangatho ziyimfuneko ukuqinisekisa ngokubonelelwa kunye nophuhliso oluzinzileyo lweenkonzo zamathala eencwadi oluntu ukunika isiphumo kuyilo loMthetho oYilwayo weeNkonzo zeThala leeNcwadi likaRhulumente loMzantsi Afrika kunye neNgcaciso yoTshintsho lweThala leeNcwadi noMqulu wamaLungelo woGuqulelo yeeNkonzo zeNgcaciso wama-2014. Eli qhainga lilungisa izithethe nemigangatho yemisebenzi yethala leencwadi, abasebenzi, amaziko, ukufikelela kwi-intanethi, uqokelelo kwithala leencwadi kunye neeyure zamathala eencwadi ezilungiselelwe amathala eencwadi karhulumente eNtshona Koloni. |
| ISikhokhelo seMidlalo yeSikolo (2013) | Olu xwebhu lwe-lunikezela ngesikhokhelo kwabachaphazelekayo ngokuhambelana kunye namaxwebhu awahlukeneyo omgaqo-nkqubo wemidlalo yesikolo kunye nesiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo. Kukho ngokunjalo iMemorandum yesiNgqiniso (MOU) esayinwe yiDSAS/SRSA kunye neDBE ngomhla wama-30 kuCanzibe 2018. Le MOU ichaza ngokucacileyo iindima noxanduva lweDSAC/SRSA kunye neDBE, kumye namasebe awahlukeyo ephondo. |
| IQhainga loPhuhliso loLutsha lweNtshona Koloni lowama2013 | IQhainga loPhuhliso loLutsha lweNtshona Koloni lijolise ekunikezeleni inkxaso engaphezulu, amathuba, kunye neenkonzo ezilungiselelwe abantu abatsha okokuba bahlangane ngcono kunye nendalo yabo yaye babe nokuthabatha uxanduva, bazimele yaye babe ngabantu abadala abazinzileyo. Injongo yeqhainga yokuba ulutsha lweNtshona Koloni luvuseleleke, lufunde, lube nokuthabatha uxanduva, yaye lube ngabantu abasempilweni abanokovelisa, abalusapho, yaye babe nobudlelwane bentlao kubudala beminyaka engama-25. |
| IQhainga loPhuhliso loHlobo (2008) | Olu xwebhu lunikezela ngesicwangciso-nkqubo sophuhliso, senkuthazo, nesokolondolozwa kweentlobo zobugcisa eNtshona Koloni. |

| Amaqunga | Inkcazelo |
|--|--|
| Isicwangciso-nkqubo sonyaka sematshi kuMgaqo kunye nokhuphiswano (2012/13) | Sinikezela ngezikhokhelo kwizinto kunye nepesenti ekufuneka yabelwe ukumatsha kumgaqo ngonyaka nokhuphiswano lweMinstrels, lweKrismesi, kunye neMalay Choirs. |
| IsiCwangciso-nkqubo seNtshona Koloni soLwaluko | Esi sicwangciso-nkqubo sinikezela ngesikhokhelo kwimisebenzi yenkcubeko yolwaluko kwimibutho yengingqi yenkcubeko, oomasipala, kunye nabanye oogunyaziwe. |
| IsiCwangciso-nkqubo seMbali yoMlomo yeNtshona Koloni | Esi sicwangciso-nkqubo sinikezela ngesikhokhelo esingephi kunye nemigangatho yeenqobo ezisesikweni ekufuneka kuhanjelwane nayo xa kuqhutywa udliwano-ndleba lwembali yomlomo kubasebenzi bakaDCAS kunye namaZiko amanyeneyo asebenza kwicandelo. |

8. Ubume bombutho

Ubume bombutho wesebe (njengoko kunjalo ngowama31 kweyoKwindla 2023) buboniswe kwiphepha elilandelayo.



9. Amaqumrhu anika ingxelo kuMphathiswa.

Itheyibhile engasezantsi ibonisa amaqumrhu athi anike ingxelo kuMphathiswa:

Amaqumrhu kaRhulumente:

| Igama leQumrhu | IsiGunyaziso soWisio-mthetho | UBudlelwane beMali | UHlobo lweMisebenzi |
|---|---|--|---|
| IKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni | UMthetho weKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni kunye namaBhunga eNkcubeko, 1998 (UMthetho 14 we-1998). | -DCAS yeyona iphambili ekuxhaseni ngemali iWCCC. Yenza ukhutshelo lwentlawulo kwiKhomishini ukuxhasa ngemali imisebenzi yayo. | I-WCCC inoxanduva ngokusemthethweni lokubhaliswa kunye nokurhoxiswa kobhaliso kwamabhunga enkcubeko. Ikwanoxanduva lokongamela ukuphathwa kwamaziko enkcubeko asixhenxe athe abekwa nguMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo phantsi kolawulo lwayo. |
| IKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni | UMthetho weLwimi zePhondo leNtshona Koloni, we-1998 (UMthetho we-13 we-1998) | I-DCAS yeyona inikela ngenkxaso-mali kwiWCLC. Yenza ukhutshelo lwentlawulo kwiKomiti ukuxhasa ngemali imisebenzi yayo. | I-WCLC inoxanduva: lokubeka iliso kusetyenziso lwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa nguRhulumente weNtshona Kapa; ukwenza izindululo kuMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo nakwiPalamente yePhondo; ukukhuthaza ngokusebenzayo ukuthethwa kweelwimi ezininzi; ukukhuthaza ngokusebenzayo uphuhliso lweelwimi zomthonyama ezazifudula zisingelwe phantsi; kunye nokucebisa uMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye nePanSALB ngemicimbi yeelwimi eNtshona Koloni. |
| Ilfifa leMveli laseNtshona Koloni | UMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli leSizwe, we1999 (UMthetho wama25 we1999) | I-DCAS yeyona iphambili ekunikeni inkxaso-mali kwiHWC. Yenza ukhutshelo lwentlawulo kwi-HWC ukunika inkxaso-mali kwimisebenzi yayo | I-HWC ligunya lezixhobo zelifa lemveli lephondo eNtshona Koloni elinoxanduva lokuchonga, ukukhusela, ukukhuthaza nokulawula izixhobo zelifa lemveli ngokwemigaqo yoMthetho weLifa leMveli weSizwe, we1999. |

AmaZiko oLondolozo lweMwali eziBhengeziweyo zePhondo:

| Igama leQumrhu | IsiGunyaziso soWisio-mthetho | UBudlelwane beMali | UHlobo lweMisebenzi |
|--------------------------------------|---|--|---|
| iBartolomeu Dias Museum, iMossel Bay | UMmiselo weZiko loLondolozo lweMwali, we-1975 (uMmiselo 8 | ISebe lixhasa ngemali imisebenzi yezi myuziyam | Njengamaziko olondolozo lwembali zephondo ezibhengeziweyo, ezi myuziyam zinoxanduva |

| Igama leQumrhu | IsiGunyaziso soWiso-mthetho | UBudlelwane beMali | UHlobo lweMisebenzi |
|--|---|--------------------------------|---|
| Iziko loLondolozo lweMbalali yaseKapa | we1975) kunye noMthetho oLungisiweyo woMmiselo wamaZiko oLondolozo lweMbalali, 2021 (UMmiselo oLungisiweyo 2 wama2021). | njengexalenye yokusekwa kwalo. | lomthetho lokulawula, ukulondolozo, ukuphanda, ukufundisa nokukhuthaza uqokelelo lwazo angokuhambelana nemixholo evunyiweyo yeenjongo zeqhinga zemuziyam nganye kunye neDCAS. |
| Iziko loLondolozo lweMbalali yaseGeorge | | | |
| Iziko loLondolozo lweMbalali yaseWorcester | | | |

Iziko loLondolozo lweMbalali ezibhengeziweyo ezincedwa liPhondo:

| Igama leQumrhu | IsiGunyaziso soWiso-mthetho | UBudlelwane beMali | UHlobo lweMisebenzi |
|--|---|---|---|
| Iziko loLondolozo lweMbalali yase-Beaufort West | UMmiselo wamaZiko oLondolozo lweMbalali, 1975 (UMmiselo 8 we-1975) kunye noMthetho oLungisiweyo woMmiselo weNtshona Koloni, 2021 (UMmiselo oLungisiweyo 2 wama-2021). | I-DCAS yeyona iphambili wamaZiko oLondolozo lweMbalali ezincedwa liPhondo. I-DCAS yenza inkxaso-mali ifumaneke ukulondolozwa kwamaZiko oLondolozo lweMbalali kwaye inikezela ngabasebenzi bemboleko ngokuhambelana noluhlu oluvunyiweyo lwabasebenzi beDCAS, ngaphandle kweZiko loLondolozo lweMbalali yeCango Caves. | Njengamaziko olondolozo lwembali ezibhengeziweyo ezincedwa liphondo, ezi muziyam zinoxanduva lomthetho lokulawula, ukulondolozo, ukuphanda, ukufundisa nokukhuthaza uqokelelo lwazo angokuhambelana nemixholo evunyiweyo yeenjongo zeqhinga zamaZiko oLondolozo lweMbalali nganye kunye neDCAS. |
| Iziko loLondolozo lweMbalali yase-Caledon | | | |
| Iziko loLondolozo lweMbalali yase-CP Nel, Oudtshoorn | | | |
| Iziko loLondolozo lweMbalali yase-Drostdy, Swellendam | | | |
| Ezi muziyam Iziko loLondolozo lweMbalali yase-Genadendal Mission | | | |
| IMuziyam yaseHout Bay | | | |
| Iziko loLondolozo lweMbalali iHuguenot Memorial eFranschhoek | | | |
| Cango Caves, Oudtshoorn | | | |
| Wheat Industry Museum, Moorreesburg | | | |
| Lwandle Migrant Labour Museum, eKapa | | | |
| Iziko loLondolozo lweMbalali yaseMontagu | | | |
| Old Harbour Museum, Hermanus | | | |
| Oude Kerk Volksmuseum, Tulbagh | | | |
| Iziko loLondolozo lweMbalali yasePaarl | | | |
| SA Sendinggestig Museum, eKapa | | | |
| Iziko loLondolozo lweMbalali yaseSimon's Town, eKapa | | | |
| Shipwreck Museum, Bredasdorp | | | |
| Iziko loLondolozo lweMbalali yaseStellenbosch | | | |
| Togryers Museum, Ceres | | | |
| Iziko loLondolozo lweMbalali yaseWellington | | | |

Iziko loLondolozo lweMbalali ezibhengeziweyo zengingqi:

| Igama leQumrhu | IsiGunyaziso soWiso-mthetho | UBudlelwane beMali | UHlobo lweMisebenzi |
|-------------------------------|-----------------------------|--------------------------------|--|
| Blombos Museum of Archaeology | UMmiselo weZiko loLondolozo | I-DCAS I-DCAS yeyona iphambili | Njengamaziko olondolozo lwembali ezibhengeziweyo |

| | | | |
|---|--|---|--|
| Iziko loLondolozo lweMwali yase-Elands Bay | lweMwali, 1975 (UMmiselo 8 we-1975) kunye noMthetho oLungisiweyo woMmiselo weNtshona Koloni, 2021 (UMmiselo oLungisiweyo 2 wama-2021). | ekunikeni inkxaso-mali yeemyuziyam zengingqi. Yenza ukhutshelo lweentlawulo zomnikelo woncedo zifumaneke ukulungiselela ukulolongwa kweZiko loLondolozo lweMwali yengingqi. | zengingqi, iiZiko loLondolozo lweMwali zinoxanduva lomthetho lokulawula, ukulondolozwa, ukuphanda, ukufundisa nokukhuthaza uqokelelo lwazo angokuhambelana nemixholo evunyiweyo yeenjongo zeqhinga zamaZiko oLondolozo lweMwali nganye kunye neDCAS. |
| Iziko loLondolozo lweMwali iFransie Pienaar, ePrince Albert | | | |
| Iziko loLondolozo lweMwali yaseGreat Brak River | | | |
| Iziko loLondolozo lweMwali iJan Danckaert, Porterville | | | |
| Iziko loLondolozo lweMwali yaseRobertson | | | |
| SA Fisheries Museum, Laaiplek | | | |

Ikomiti yengcebiso yesebe

| Igama leQumrhu | IsiGunyaziso soWisomthetho | UBudlelwane beMali | UHlobo lweMisebenzi |
|---|--|--|--|
| Ikomiti yaMagama eNdawo ePhondo leNtshona Koloni | UMthetho weBhunga laMagama eNdawo woMzantsi Afrika, 1998 (uMthetho 118 we-1998). | I-DCAS ngumxhasi ngemali ophambili weKomiti. Uhlahlo lwabiwo-mali lwayo luyinxalenye yohlahlo lwabiwo-mali olupheleleyo lweSebe. | Ikomiti icebisa uMphathiswa ngemicimbi enxulumene nokutshintshwa nokubekwa emgangathweni kwegama lendawo ngokuhambelana noMthetho weBhunga laMagama eNdawo loMzantsi Afrika. |
| Ikomiti yoLungelelwaniso loLwaluko yePhondo leNtshona Koloni (WCPICC) | UMthetho weSiko loLwaluko, 2021 (uMthetho onguNombolo 2 wama2021) | I-DCAS ngumxhasi ngemali ophambili ukulungiselela umsebenzi weWCPICC. Uhlahlo lwabiwo-mali lwayo yinxalenye yohlahlo lwabiwo-mali lweSebe. | Ikomiti inoxanduva lokumilisela nokubeka iliso loMthetho weSiko loLwaluko eNtshona Koloni. |

ICandelo B

INGCACISO
YOKUSEBENZA

1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele: liNjongo eziMiselwe kwaNgaphambili

I-AGSA ngokwakaloku nje yenza iinkqubo ezithile zophicotho-zincwadi kwingcaciso yokusebenza ukunikezela ngesiqinisekiso efanelekileyo ngohlobo lokuqunjelwa kophicotho-zincwadi. Isiphumo sophicotho-zincwadi esingomsebenzi kuthelakiswa neenjongo ezimiselwe kwangaphambili sibandakanywe kwingxelo elungiselelwe abalawuli, kunye neNgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele, kungafumanekanga nto kwiziphumo zophando zingako zixeliweyo phantsi kwesihloko "Ukufezekiswa kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo" kwingxelo yomphicothi-zincwadi.

Khangela kwiphepha lama-233 leNgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele, epapashwe njengeCandelo E: liNgcaciso yeMali zale Ngxelo yoNyaka wama-2022/23.

2. UVavanyo ngokubanzi loMsebenzi weSebe

IMicimbi yeNkcubeko neMidlalo sisixhobo esisetyenziselwa ukunceda kulwaxhiwo lweNtshona Koloni ebandakanyayo ngokwentlalo. ISebe linxanduva lokunikezela ezi nkonzo zilandelayo:

| INKOZO EPHAMBILI | INKCAZELO YENKONZO |
|--|--|
| linkonzo zenkxaso yoLolawulo | <ol style="list-style-type: none"> 1. Ukunikezelwa kwenkxaso yolawulo lweqhinga nokusebenza kwiSebe. 2. Ukunikezelwa kweenkonzo zemali nezesixokelelwano sonikezelo kwiSebe. 3. Inkxaso yolawulo lweqhinga nolungelelwaniso lweenkqubo ze-EPWP kwiCandelo leNdalo neNkcubeko kwiDCAS. |
| UBugcisa neNkcubeko | <ol style="list-style-type: none"> 4. Ukuququzelelwa kophuhliso, ulondolozo nokukhuthazwa kobugcisa nenkcubeko kwiNtshona Koloni ngokuxhaswa ngemali kweenkqubo zobugcisa nenkcubeko namalinge, ukuyilwa kwamacandelo afanelekileyo nasebenza ngodlamko obugcisa nenkcubeko, imisebenzi kunye nendalo nokunikezelwa kwenkxaso noncedo kwiKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) kunye neKomiti yoLungelelwaniso loLwaluko yePhondo leNtshona Koloni (WCPICC) ukulungiselela ukumiliselwa kwesigunyaziso sayo sowiso-mthetho. |
| liNkonzo zeeMYuziyam, ezoLawulo lwezibonelelo zeLifa leMveli, kunye nezaMagama eeNdawo | <ol style="list-style-type: none"> 5. Ukukhuthaza, ukulondolozo nokuphuhlisa ilifa lemveli lethu ngokubonelela ngeenkonzo zembali kwiiZiko loLondolozo lweMwali ezimanyeneyo nokubonelela ngobuchule nangenye inkxaso kumanqanaba karhulumente eemyuziyam ezimanyeneyo. 6. Ukukhuthaza, ukulondolozo nokulawula kwezibonelelo zeLifa lemveli laseNtshona Koloni nokuququzelela imicimbi enxulumene noko kwiNgqungquthela yeLifa leMveli yeHlabathi eNtshona Koloni. 7. Ukuncedisa ngolawulo lwezibonelelo zeLifa lemveli ngokuphumeza umthetho ofanelekileyo. 8. Ukuququzelela inkqubo yokubekwa emgangathweni okanye ukutshintshwa, apho kuyimfuneko, kwamagama eendawo eNtshona Koloni. 9. Ukunika iingcebiso koogunyaziwe bengingqi nokusebenza nabo |

| INKOZO EPHAMBILI | INKCAZELO YENKONZO |
|-------------------------------------|--|
| | 10. ekuqinisekiseni ukuba bayayisebenzisa imithetho-siseko ye-SAGNC kumagama aphantsi kolawulo lwabo. |
| liNkonzo zoLwimi | 11. Ukukhuthaza nokuphuhlisa usetyenziso lweelwimi ezininzi eNtshona Koloni; 12. Ukuphuhlisa ngamandla iilwimi zemveli ebezifudula zisengelwe phantsi eNtshona Koloni; 13. Ukuququzelela ukumiliselwa nokubekwa kweliso kuMgaqo-nkqubo weelwimi weNtshona Koloni; kunye 14. Ngokunikezela ngenkxaso yobuchule neyolawulo kwiKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni (WCLC) ukulungiselela ukumiliselela isigunyaziso sayo sowiso-mthetho. |
| INkonzo yeThala leeNcwadi | 15. Ukunikezela ngeenkonzo zeThala leencwadi nengcaciso nokukhuthaza isimo sokuthanda ukufunda nokufunda ubomi bonke ngothelelwano noomasipala. |
| liNkonzo zooVimba | 16. Ukunikezelwa ngofikelelo kwilifa lemvelo loovimba nokukhuthazwa kolawulo olululo kunye nokukhathalelwa kweerekhodi zikarhulumente. |
| liNkoinzo zeMidlalo | 17. Ukunikezelwa kweenkonzo ezizodwa zemidlalo. 18. Ukunikezelwa kwenkxaso yomxhamli neyenzululwazi. |
| Ulonwabo | 19. Ukukhuthazwa kwemisebenzi yolonwabo. |
| IMidlalo yeSikolo | 20. Ukukhuthazwa kwemisebenzi ethile yasemva kokuphuma kwesikolo kunye namathuba okuthatyathwa kwenxaxheba yenqanaba elilandelayo. |
| INkqubo yeMOD | 21. Ukukhuthazwa kokuthatyathwa kwenxaxheba sisininzi ngokubonelela ngemisebenzi eyahlukeneyo yasemva kokuphuma kwesikolo. |
| INkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo | 22. Ukulungelelaniswa, ukwandiswa nolwkhwiwo lwekhono kulungiselelwa usuku olwandisiweyo okanye iinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo kulo lonke iPhondo nangokunqamlezileyo kuyo yonke iDCAS, iDSD, iWCED, iDoCS kunye neDoTP. INkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo isebenza ngokunjalo neSixeko saseKapa kunye namakhulu eeNGO. |

Unikezelo lweSebe lweenkonzo zalo ngesithuba sowama2022/23 luxoxwa kwicandelo 2.1 ngasezantsi.

2.1. Ubume bokunikezelwa kwenkonzo

Ubhubhane weCovid-19 ube nomngeni kuthi kwafuneka sikhangele ngokutsha indlela ze zemveli, uyilo, imisebenzi kunye nezixhobo, waze wasinyanzela ukuba sicinge, sisebenze ze samkele itheknoloji ngolunye uhlobo ukuqinisekisa ukomelela kubume bangaphandle obahlukeneyo nobusoloko buguquka.

Kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo iSebe libe nakho ukwandisa ngaphezulu imisebenzi yalo ngokuthambekelekemwimali karhulumente kunye nobume boqoqosho kunye nempembelelo ezilazilayo yeCovid-19. Amangenelo okudambisa ukusabela kwintlekele yombane amiliselwa. Ukunciphisa impembelelo kwiinkonzo nokukhusela ukunikezelwa okuphambili kweenkonzo eziphambili kwabo basesichengeni kakhulu, iSebe lisebenzise

umthetho-siseko wexabiso lemali ze lisebenzise imali eyabelwe iSebe ngokufanelekileyo nangokusebenzayo kangangoko kunokwenzeka. Iinguqu ezenziweyo ukuziqhelanisa nobhubhane weCovid-10 zandisiwe ngokwakaloku nje ukulungiselela ukuqhubeka ngenzuzo ezifanelekileyo.

INkundla yamaTyala eZimele ngelifa leMveli

Icandelo 49(2) loMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli wama-25 we-1999 (uMthetho) lixhobisa uMphathiswa ukuba atyambe INkundla yamaTyala eZimeleyo ukulungiselela ukuqwalaselwa kwezibheni ezingeniswe ngamalungu oluntu kuchaswa izigqibo zeBhunga leHWC. INkundla yamaTyala eZimeleyo yeZibheni (INkundla yamaTyala) idlala indima ebalulekileyo esemthethweni ekuncedeni uMphathiswa ukuba azalisekise isigunyaziso sakhe ngokuhambelana noMthetho.

Ngaphandle nje kokufawa engqondweni kwengqiqo yoluntu kunye nokuthemba iinkqubo zobheni, iNkundla yamaTyala igweba amatyala antsonkothileyo nadinga ubuchule, afuna kufunyanwe uthantamiso phakathi kwamalungelo ophuhliso, ulondolozo lwelifa lemveli, ukuba semthethweni nobulungisa. Zonke izigwebo zeNkundla yamaTyala ziqulathe izenzo zolawulo.

UBUGCISA NENKCUBEKO

Ubhubhane ube nempembelelo engummangaliso kushishino loyilo. Uqaqambise isidingo sabo bakwicandelo sokuzixhobisa ukulungiselela ukuba basebenzise izakhono zabo kunye neetalente kuwo onke amacandelo, ukwenzela inguqulelo nokwakhiwa kolomelelo nokujinisekiswa kweenzame zecandelo. Ngoko, ukuqala kobhubhane kunikezele ngokunjalo ngamathuba emisebenzi yobugcisa bedijithali kunye nemiboniso ebonisiweyo. ISebe liyiqwalasele into yokuba inguqulelo idinga amangenelo enziwe ngenjongo nokufezekisa oku, inkxaso yemali yandiswa kunye namalinge omnyhadala esithuba esiphantsi kovavanyo.

Ubugcisa bunekhono lokuqulunqa ngokutsha iimbono zethu nokuguqula impilo yethu, bakhe uhambelwano lwentlalo, ze businike iinkcazelo ukuhamba kwilizwe lethu. Ubugcisa buphembelela ingqiqo yethu yabanye abantu kunye neenkubeko yaye businceda kuhlanganiso kunye nabanye.

Ngoko, isimo esikhoyo soqeqesho, sihlanganiswe nokwanda kwibango leenkonzozo, sinyanzelise icandelo lobugcisa nenkcubeko okokuba liqhubeke lihlahlaziya amaqhinga alo ngendlela emakunikezelwe ngayo iinkonzokuluntu. Kummandla apho ibango lilugqitha lee unikezelo, isidingo sokuhlanganiswa kweenkqubo nentsebenziswano kunye norhulumente wesizwe nowengingqi, kube yindlela ephambili yokufezekisa iziphumo eziqikelelwayo. Ukuqulunqwa kothelwano olunentsingiselo kube sembindini kwimpumelelo, kukwanda, kunye nozinziso lweenkonzo ezinikezelwa liSebe. Kube ngoko bubulumko okokuba iSebe lixhase uluhlu olwahlukeneyo lwemibutho kunye nemisebenzi ethi iyile, ivelise, yandlale, yaye ikhuthaze ubugcisa kuyo yonke imimandla yokusebenza nakuluntu olwahlukeneyo.

AMAZIKO LOLONDOLOZO LWEMBALI, ULAWULO LWEZIBONELELO ZELIFA LEMVELI KUNYE NEENKONZO ZAMAGAMA ENDAWO

Kwicandelo lenkcubeko, lamaziko olondolozo lwembali, lelifa lemveli, kunye nelamagama eendawo lidlala indima ebalulekileyo ekwakheni ubandakanyeko lwentlalo, ukukhuthaza ukhenketho lwenkcubeko, nokunikela kukukhula koqoqosho lwengingqi. Okusekugqibeleni kube kokubalulekileyo ngokuthambekela kwimingeni emininzi echaphazela uqoqosho

Iwelizwe yaye kulandele ukulahleka kwemisebenzi. Kweli candela iSebe liyaqhubeka ukuxhasa iiprojekti iCradle of Human Culture Tourism, kunye nophuhliso lwefayili yezehlo yokutyunjwa kweNdawo zeHlabathi zeLifa leMveli. Ukulungiselela okulandelayo, ukutyunjwa kwe Emergence of Modern Humans: The Pleistocene Occupation Sites of South Africa kuyaqhubeka ngowakaloku nje ngokusetyenziswa kwenkqubo yovavanyo liZiko leHlabathi leLifa leMveli le-UNESCO kunye neBhunga leHlabathi kuMatye eSikhumbuzo kunye neNdawo (ICOMOS).

ISebe lixhasa iiZiko loLondolozo lweMwali ezimanyeneyo ezingama-32 kulo lonke iPhondo, ezidlala indima ebelulekileyo ekukhuthazeni ukhenketho lwengingqi nolwamazwe angaphandle, zixhasa uqoqosho lwengingqi nokuyilwa kwemisebenzi, ingakumbi kwimimandla yasemaphandleni. IiZiko loLondolozo lweMwali ezimanyeneyo zibonelela ngemiboniso kunye neenkqubo zemfundo ezijolise ngqo ekukhuthazeni ubandakanyeko lwentlalo kwiPhondo. Le miboniso kunye neenkqubo zibonelela abatyeleli ngengqiqo yeembali zenkcubeko eqokelelweyo yelizwe kunye neyesiqhelo. Ukuboniswa kwemiboniso kubonisa ngamandla imiba ebingasiwanga so ngaphambili yeembali zengingqi kunye nehlanganyelweyo yoMzantsi Afrika, inikela ngaphezulu kubandakanyeko lwentlalo nohambelwano. Ngaphezulu, ngeemyuziyam zalo ezimanyeneyo, iSebe linikezela ngeenkqubo zemfundo ezithi zidlale indima ebalulekileyo ekukhuthazeni ubandakanyeko lwentlalo nohambelwano nokukhunjulwa kweentsuku zesizwe zesikhumbuzo kunye neenkqubo zofikelelo nezoluntu.

AmaZiko oLondolozo lweMwali eNtshona Koloni aqalisile ukubona abatyeleli bebuya besiza kumaZiko oLondolozo lweMwali kunye nokunyuka kancinane kwingeniso ngemirhumo yokungena. Ngoko, iiZiko loLondolozo lweMwali ziqhube iinkqubo ngokusebenzisa ubuxhaka-xhaka bekhompyutha kude nendawo yokusebenza ukubonelela imiboniso ngofikelelo ngokuphandle, olubekelwe ixesha, ekwi-intanethi kunye nemisitho.

AmaZiko oLondolozo lweMwali alungelelanise kakuhle kukuvulelwa koluntu ngamanqanaba ngokunikezelwa kwemisitho yonxibelelwano lwentlalo njengoko kuqaliswa ngemiboniso kunye neenkqubo zemfundo ukukhuthaza impilo-ntle ephelileyo yabemi beNtshona Koloni. Oku kukhuthaze uluntu oluxhasayo nolulolongayo ukuqinisa uhambelwano lwentlalo kunye nobandakanyeko, obekuchatshazelwe yimiqathango yokovalwa ngci kwayo yonke into.

Uyilo olutsha lomphicotho-zincwadi olwamkelweyo kuMthetho oLungisiweyo woMmiselo wamaZiko oLondolozo lweMwali, onguNombolo 2 wama-2021, luvumele okokuba iiZiko loLondolozo lweMwali ezincedwa liPhondo okokuba siphicothelwe iincwadi zonyaka-mali wama-2021/2022 ngabaphicothi-zincwadi abanobuchule abaqinisekisiweyo ngaphandle koMphicothi-zincwadi Jikelele.

Uqeqesho nokwabelana ngolwazi kubume bemyuziyam luqhubile kunyaka wama-2022/23, luncedwa zizakhono ezitsha kunye netheknoloji efunwe kwisithuba sonyaka-mali ongaphambili. INkonzo yeMyuziyam isingethe iSimpoziyam yoNyaka yeMyuziyam kunye nabaphathi bemyuziyam emanyeneyo ukususela kumhla woku-1 ukuya kowe-4 kweyNkanga 2022 ukulungiselela ukuxoxa ukumiselwa ngokutsha nokuvuselelwa kwamaZiko oLondolozo lweMwali emva kweCovid-19. Ucweyo lunikezele ngoqeqesho kubaphathi beemyuziyam ezimanyeneyo. Abaphathi beziko londolozo lwembali babe nakho ukuxoxa imicimbi ebalulekileyo kunye neSebe.

AmaZiko oLondolozo lweMwali athabathe inxaxheba kwinkqubo yeYearBeyond okokuqala ngowama-2022/23. Ngethuba locweyo ePaarl naseGroot-Brak kwinkqubo yePlacemakers,

iNkonzo yoPhando noMboniso yeMyuziyam yazise iiYebooneers ezintsha kwiiZiko loLondolozo lweMbali nemiboniso yemyuziyam. Zifumene ngokunjalo uqeqesho ngendlela yokuqhuba udliwano-ndlebe lwembali yomlomo. Ezi Yebonners zabekwa kwiiZiko loLondolozo lweMbali ezimanyeneyo okokuba zirekhode amabali amalunga neendawo zengingqi kunye nezithuba. Zithi ngokunjalo zincele abatyeleli okokuba banxibelelane nemiboniso yemyuziyam.

Ukuhlaziywa koboniso nemiboniso kwamaZiko oLondolozo lweMbali ezimanyeneyo kuyaqhutywa ngowama2022/23. IiNkonzo zoPhando nezoMboniso zixhasa iiZiko loLondolozo lweMbali ezimanyeneyo ngenkonzo yomboniso ojikelezayo ngokunjalo nemiboniso yexesha elide. Imiboniso elandelayo yaqakunjelwa ngesithuba sonyaka-mali: liphaneli zangaphandle zafakelwa kwiiZiko loLondolozo lweMbali iBartolomeu Dias eMossel Bay kwindawo yayo yomthombo wamanzi amatsha enengcaciso emalunga nentlanganiso yokuqala eyarekhodwayo phakathi kweKhoekhoen kunye namaPortuguese, umthombo kunye nezityalo zemveli eziwungqongileyo. Umboniso wembali yengingqi ejolise kwiiKhoekhoen yengingqi kunye nabasebenzi abenziwe amakhoboka, ngokunjalo nengcaciso eqokelelwe ngodliwano-ndlibe lwembali yomlomo kunye namalungu oluntu lwengingqi, wamiliselwa kwiiZiko loLondolozo lweMbali iDrostdy eSwelendam.

Iziko loLondolozo lweMbali yaseKapa iqalise ngeCape Town Digital, iqonga ledijithali elibandakanya imiboniso yedijithali, iinkqubo zoluntu kunye nezinye. Umboniso webhanile wamiliselwa kumgaqo wokhupiswano weembaleki weNkululeko wama27 kunye nengcaciso emalunga nokhupiswano lwembaleki kunye nexesha elichithwe nguNelson Mandela kwiiNkonzo yoLungiso eDrakenstein (ngaphambili yayiyiNtolongo iVictor Verster). Iziko leNkumbulo leMyuziyam yaseKapa layilwa, apho umboniso wamafoto, izicatshulwa zomntu kunye nemisebenzi yobugcisa eya kusetyenziswa ukuvuselela amalungu oluntu okokuba abelane ngeenkumbulo zawo zeKapa. Umboniso wedijithali omalunga nembali neenkumbulo zePeninsula Maternity Hospital, esasakuba seDistrict Six, wamiliselwa kwiiZiko leNkumbulo loMyuziyam waseKapa. IFoodways yeNtshona Koloni, omnye umboniso wedijithali, ukhumbule izidlo neeresipi ngokunjalo nemisebenzi neenkubeko ezinxulunyaniswa nelifa lethu lemveli lokutya elityebileyo nelahlukeneyo.

Ukususela ekuvulweni kwayo yiNkulumbuso ngomhla we19 kweyoMqungu 2022 iprojekti iLegacy of Slavery kwiiLeeuwenhof Slavery Remembrance Gallery iqhuba kuwo wonke unyaka-mali wama2022/23. Iziko loLondolozo lweMbali yaseKapa yandlale ukhenketho olubini oluza kuqhutywa ngomGqibelo wokuqala rhoqo ngenyanga yiAssociation for Visual Arts (iNPO). Ukunika ithuba kufikelelo loluntu kwimiboniso nakwigumbi elibonisa imiboniso yobugcisa. Imiboniso emitsha yayiboniswa ikota nganye yiAssociation for Visual Arts (NPO). Oku kunikezele amagcisa engingqi ngethuba lokukhuthaza nokuthengisa imisebenzi yawo yobugcisa.

Ikonzo yeMyuziyam iqhubekile ngokuzibophelela kwayo ngokubhekiselele kukungcwatywa kwakhona nemizimba yabantu egcinyw kwiiZiko loLondolozo lweMbali ezimanyeneyo. Ngesithuba sowama2022/23, iSebe lisungule inkqubo yoluntu yothethwano ngokuphathelele ngokungcwatywa kwakhona kwemizimba yabantu kwiiZiko loLondolozo lweMbali yase Simon's Town neMyuziyam yaseWellington. Ezi myuziyam ziiZiko loLondolozo lweMbali ezimbini zokugqibela ezimanyeneyo ezinemizimba yabantu kuqokelelo lwazo ukulandela inkqubo yokungcwatywa kwakhona kwemizimba yabantu okuqalise ngowama-2015. Ukubuyiselwa kwemizimba yabantu egcinwe kuqokelelo lweZiko loLondolozo lweMbali lwenza inxalenye yokuvunywa kweendlela ezingekho sikweni zembali zoqokelelo, yaye kunikela kukubuyiselwa kwisimo sangaphambili kwesidima sabo babhubhileyo kunye nesesizukulwana soluntu.

Kwicandelo ngokubanzi leLifa leMveli, iSebe liqhubile ngokunceda amaqumrhu alo, iHWC, ngezibonelelo zemali nezabasebenzi. IBhunga elitsha leLifa leMveli leNtshona Koloni latyunjwa ukususela ngomhla woku1 kweyeNkanga 2022 nguMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo okokuba liqhube indima yalo noxanduva njengogunyaziwe onika ingxelo yequmrhu. IBhunga lanikezelwa isithuba sokusebenza seminyaka emithathu, esiphela ngomhla wama31 kweyeDwarha 2025.

INKONZO YAMAGAMA EENDAWO

UMphathiswa u-Anroux Marais utyumbe iKomiti entsha yaMagama eeNdawo yePhondo leNtshona Koloni (WCPGNC) ukususela ngomhla woku1 kweyeKhala 2022 ukuqinisekisa ngento yokuba iPhondo linika uncedo kwizigunyaziso zoMthetho waMagama eeNdawo zoMzantsi Afrika. Ngaphezulu, iNtshona Koloni isingethe intlanganiso yeBhunga loMagama eeNdawo loMzantsi Afrika (SAGNC) ukususela ngomhla wesi9 ukuya kowe11 kweyeNkanga 2022. Intlanganiso iqulathe ngocweyo oluvuleleke kuluntu ngomhla wesi-9 kweyeNkanga 2022 lwaze lwalandelwa yintlanganiso evaliweyo kuluntu yeSAGNC. Ucweyo lunikezele ngethuba kuluntu okokuba luphakamise iinkxalabo eziphathelele namagama eendawo nokubuza imibuzo emalunga nomgaqo-nkqubo kunye neenkqubo. Amalungu eWCPGNC azimase intlanganiso ephelileyo yeSAGNC njengababoneli.

IINKONZO ZOLWIMI

Okubalulekileyo kweelwimi kuMzantsi Afrika kubonakaliswe kwiCandelo 6 loMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996. Iilwimi ngaphezu kwayo yonke into, ngumjelo othi uhlanganise isizwe sethu njengoko sibuyekeza yaye sisakha ngokutsha kwimiphumela yobhubhane weCovid-19. Ulwimi yindlela yonxibelelwano, ethi ibonelele kwimpumelelo yemfundo. Oku ngokunjalo kunempembelelo kubandakanyo lwentlalo kunye nayo yonke imimandla ephambili yeqhinga yabo bonke oorhulumente nolwazi kubandakanyo lwentlalo kunye nayo yonke imimandla ephambili yeqhinga yabo bonke oorhulumente. Ngaphezulu, ulwimi lwendelelise kulo iyantlukwano ekwiinkcubeko zethu kunye nolwazi lwengingqi zoluntu lwethu ezahlukeneyo, yaye ngoko kubalulekile ukunikezelwa kweenkcubeko kunye neenkqubo ezisesikweni ezisuka kwisizukulwana zisiya kwesinye. Nangona ifakwe kuMgaqo-siseko njengelungelo labantu yaye ikhuselwe ngomthetho wesizwe nowephondo, ibalulekile into yokuqhubeka kuphakanyiswa inqanaba lolwazi nokuqinisekisa ngomiliseko loMgaqo-nkqubo weLwimi zeNtshona Koloni.

ISebe linikele koku kungasentla ngokubonelela ngeenkono zoguqulelo nezokutolika kuwo onke amasebe ephondo eNtshona Koloni, ngazo zontathu iilwimi ezisesikweni zePhondo, ngokunjalo nolwimi lweMinwe loMzantsi Afrika.

Intlanganiso Jikelele yeZizwe eziManyeneyo ibhengeze owama-2022 ukuya kowama-2032 njengeShumi leMinyaka leHlabathi leLwimi zeMveli. Oku kube ngumkhombandlela weenzame zeprojekti ezijolisileyo kweli candela. Kule nkqubo, iSebe liqhubile ukuphakamisa inqanaba nokuqhubela phambili ukusetyenziswa kwezo lwimi zemveli ewonga lazo nokusetyenziswa kungazange kusiwe so ngaphambili yaye laqhubela phambili ukusetyenziswa kweelwimi zemveli ewonga lazo nokusetyenziswa bekucinyiwe ngokwembali. Ukuza kuthi ga ngoku, iSebe lizama ukukhumbula nokuhlola iindlela zokukhuthaza nokuzinzisa iilwimi zeSan, kunye neKhoi kunye neKaaps.

Ukusabela kwimiqathango engqongqo kunye neziboneleli zemali ezinqongopheleyo, iSebe lijolise ekuqiniseni intsebenziswano kunye nabachaphazelekayo becandelo namaqumrhu

afanelekileyo abelana ngezinyaziso eziyeleleneyo, ukunceda ngezibonelelo nobuchule kulungiselelwa impembelelo enkulu. IBhodi yeelwimi zoMzantsi Afrika (Pan South African Language Board) ityumbe iKomiti yeelwimi yePhondo leNtshona Koloni (WCPLC) ngo-Agasti 2019 ngokwemiqathango yeCandelo 8 (8)(a) yoMthetho weBhodi yeelwimi zoMzantsi Afrika, uMthetho wama59 we1995. Oku kuyile ithuba leSebe, iWCPLC kunye nabanye abachaphazelekayo lentsebenziswano nokuhlanganiswa kwezibonelelo nobuchule ukuze kufumaneka impembelelo enkulu kumiliselelo lokuphambili okungundoqo, ingakumbi kummandla apho ezinye iilwimi zemveli, ezifana neNama kunye neKhoekhoegowab zijamelene nomngcipheko omkhulu kakhulu wokubhanga.

Ubume besigama solwimi buyazinza kancinane malunga nolwimi kwiPhondo. Kwiinjongo zoguqulelo nokutolika, imimandla emitsha iyavela apho imithetho ngokwakaloku nje ingekhoyo. Oku kuzise isidingo kwiSebe sokunxibelelana ngeenkqubo neenkqubo ukulungiselela ukuphuhlisa isigama esitsha esilungiselelwe amacandelo awahlukeneyo, umzekelo. iiNcwadi zoMgaqo kulungiselelwa amacandelo awahlukeneyo okuKhwelwa kweBhayisikili aguqulelwa esiXhoseni.

INKONZO YETHALA LEENCWADI

ISebe liqhubile ngokunceda oomasipala kunikezelo lweenkonzo zethala leencwadi. Ngesi sithuba siphantsi kovavanyo ithala leencwadi iNagenoeg (eStellenbosch) lavalwa yaye kwavulwa ithala leencwadi iRosevalley e-Oudtshoorn, kugcinwa inani leendawo zenkonzo yethala leencwadi kulo lonke iPhondo kuma-375. I-intanethi esimahla yanikezelwa kwiingingqi zoluntu ezimbini ezangezelelweyo ngokusetyenziswa kweprojekti yoThungelwano lweThala leeNcwadi lwaseMaphandleni, okt., ithala leencwadi laseRosevalley (e-Oudtshoorn) kunye neThala leencwadi iBersig (eKannaland). Ngothelwano neSouth Africa Library for the Blind, ukuqaliswa kwaMathala eeNcwadi amaNcinane alungiselelwe abantu abangaboniyo nabo bangaboni kakuhle kuqhutyiwe kulo lonke iPhondo ngokuvulwa kwamathala eencwadi amancinane amabini eThembalethu (eGeorge) naseCaledon (Theewaterskloof) kumathala eencwadi karhulumente.

Isakhiwo se-ofisi yesithili yaseBeaufort West esatshiswa ngomhla woku1 kweyeKhala 2022. Oku kube nempembelelo etshabalalisayo kunikezelo lwenkonzo lwesithili njengoko zonke iincwadi, izixhobo zekhompuyutha ngokunjalo nelori ethumela iincwadi yatshatyalaliswa.

Impembelelo yokwanda kokucinywa kombane kuphungulwa ubunzima bosetyenziso okube nempembelelo kunikezelo lwenkonzo njengoko amathala eencwadi amaninzi kwanyanzeleka okokub avalwe, ngenxa yokungabikho kwesipholisi somoya, ukukhanya, ukungabikho kofikelelo kwikhompuyutha nothungelwano, ukungabikho kokhuseleko okanye isixhobo sokufunyanwa kwencwadi ezithathwayo ukulungiselela ukukhusela ii-asethi. Isixhobo sekhompuyutha, oomatshini bokushicilela kunye neenkqubo zekhompuyutha zibe nokungasebenzi kakuhle ngenxa yokungabikho kombane okunxulumene nokucinywa kombane kuphungulwa umthwalo wosetyenziso okunganiki ithuba kwisixhobo okokuba sicinywe ngendlela efanelekileyo neqhelekileyo.

INkqubo yesizinda seenkcukacha zamanani yoLawulo lweThala leeNcwadi neNgcaciso yeSITA, (SLIMS), elawulwa yiSITA, yonakala ayasebenza ngomhla we-15 kweyeKhala 2022 ngenxa yokusilela kwenkqubo obekungalindelwe okube nomphumela wokulahleka kwesixa esikhulu seenkcukacha zamanani kunye nengcaciso. Oku kudinga iSebe okokuba ligcine iinkcukacha zamanani kuvimba weSLIMS. Amathala eencwadi karhulumente akakabinakho ukufikelela inkqubo ngeli thuba ukufunyanwa kwakhona kweenkcukacha zamanani

nengcaciso kusaqhutywayo. Onke amathala eencwadi karhulumente ahlala evuliwe yaye ayaqhuba ukusebenzela uluntu ngeenkqubo ezenziwa ngesandla. Umasipala waseMossel Bay uphuhlise inkqubo yakhe yethutyana ye-intanethi ukuqinisekisa nonikezelo lwenkonzo oluqhubekayo kuluntu.

INKONZO YOOVIMBA

Inguqulelo kwitheknoloji yedijithali yindlela eqaphelekayo kwihlabathi yokunikezela ngofikelelo kwimathiriyeli yoovimba nolawulo lweerekhodi ze-elektroniki. ISebe lilaLawulo ukuqaliswa kwekhono loLawulo lokuQulathwayo kweShishini (ECM) kumasebe eWCG ukugcina umgangatho wezi ndlela. Kunyaka ophantsi kovavanyo, ukuqaliswa okuhlangeneyo kwamiliselwa kwiSebe leMicimbi yeNdalo noCwangciso loPhuhliso, iSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho kunye neSebe leMfundo leNtshona Koloni. Inkxaso yenkqubo kunye noqeqesho oluqhubekayo lwanikezelwa kubasebenzi bamanye amasebe kaRhulumente weNtshona Koloni.

Okurekhodiweyo kwembali yomlomo kwaqokelelwa kuvela kwiiNkonzo zeThala leeNcwadi kwaze kwabekwa kooVimba kulungiselelwa ukulondolozwa kwesigxina. Inkqubo zoLawulo lweeRekhodi ziqhubile ngokumiliselwa nokwandiselwa kuwo onke amasebe oRhulumente weNtshona Koloni, kuBaphathiswa bePhondo boRhulumente weNtshona Koloni, koomasipala kunye namaqumrhu akhethiweyo karhulumente. Uyilo oluhlaziyiweyo lonikezelo lwenkonzo olubandakanya uqeqesho olukwi-intanethi lwasetyenziswa ngesi sithuba ukufezekisa ekujoliswe kuko konyaka.

IMIDLALO NOLONWABO

I-DCAS izibophelel kwisigunyaziso sesizwe sokwakha 'ISizwe esiSebenzayo nesiPhumelelayo'. Imidlalo noLonwabo inikezela ngamathuba kuluntu okokuba lusebenze ze luhlale lusempilweni yaye abo banetalente nesakhono bagqithele kwinqanaba elilandelayo ukuze babe ngamagcisa nabagqwesayo.

Ulonwabo liqonga apho imidlalo, ubugcisa kunye nenkcubeko inakho ukuphuhla nokukhula, njengoko ikhuthaza imithetho yentlalo kunye nefilosofi yokuphila ngokusempilweni, ukufunda ubomi bonke. Ulonwabo luphaphamisa abantu ngokunjalo kwikhono, izakhono, kunye neetalente ezinokuthi zifumaneke kwangaphakathi. Ngokuququzelelwa kweeprojekti zolonwabo, iinkqubo, imisitho kunye nemisebenzi, injongo kukuyilwa konxibelelwano phakathi kwabantu ngabanye, koluntu, kolutsha, kweentsapho, kunye nolungtu ngokubanzi.

Imidlalo yibhulorho ebalulekileyo yohambelwano lwentlalo kuluntu lwethu kwiNtshona Koloni. Abahlali baqulunqa iiklabhu nemibutho emayeneyo ukuzenza iiligi zibe sesikweni kulungiselelwa ukhuphiswano oluvumela ababukeli okokuba babone ulutsha kunye namalungu osapho ekhuphisana yaye ekugqibeleni engabantu ekungafundwa kubo kuluntu. Imidlalo izisa ukuvutha luthando yaye iyila amathuba kunye nethemba apho belingekho ngaphambili ze yenze umnikelo obalulekileyo kuyilo lwamathuba oqoqosho kwiPhondo.

Ulonwabo neMidlalo, ngokohlobo lwalo, lusebenza nemibutho yoluntu, kubandakanyw imibutho emanyeneyo yemidlalo yesithili, amabhunga amathandathu emidlalo esithili, kunye noManyano lweMidlalo yePhondo leNtshona Koloni. ISebe lisebenza nale mibutho ukuququzelela uphuhliso lolonwabo, imidlalo kunye namalinge okukhuthazwa kwemidlalo. Oku kubandakanya kodwa akuphelelanga kubonelelo lwamaziko emidlalo, imisitho ephambili yemidlalo, inkxaso kuphuhliso lwemibutho emanyeneyo yemidlalo kunye

neeklabhu zonke ziqinisekisa ngento yokuba umbindi wolonwabo nemidlalo uxhaswa ngokupheleleyo ukunika amandla okuqhubela phambili kuqhubeko lophuhliso lwemidlalo oluya kubandakanya abadlali, iimbaleki, abaqeqeshi, kunye namagosa obuchule, ingakumbi akwiikhowudi eziphambili zemidlalo ezili 16.

AMALINGE ASEMVA KOKUPHUMA KWESIKOLO

Elinye lamaqonda asetyenziswayo kubonelelo lwemidlalo nolonwabo, ngokunjalo nobugcisa, inkcubeko, inkxaso yemfundo, kunye nezakhono zobom, sisithuba sasemva kokuphuma kwesikolo. I-DCAS, ngokuhambelana neqhinga lolutsha loRhulumente weNtshona Koloni, ikholelwa kwinto yokuba abantwana nolutsha kufuneka baphuhlise ngokupheleleyo, kunikwa ingqwalasela kwiimfuno zabo zomzimba, zengqondo, zomphefumlo, zoluvo nezengqiqo. Ngokuthambekela kubume kunye noxinzelelo lwabo olwahlukeneyo, unyino lwekharithulam ekhoyo yeCAPS, kunye nemingeni yokhuselo kuluntu, iinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo zinikezela ngofikelelo kwisigidi samathuba, ngokunjalo nezithuba zokhuselo ukunceda ngemfundo ephelileyo, uphuhliso nokukhula kwabantwana nolutsha.

ISebe likhuthaza, lixhasa, yaye lithethelela uphuhliso lwecandelo lasemva kokuphuma kwesikolo yaye linikezela ngeenkqubo ezahlukeneyo kwisithuba sasemva kokuphuma kwesikolo, ezibandakanya iNkqubo yeMOD, iNkqubo yeZikolo zoBumelwane kunye neYearBeyond. ISebe linikezele ngokunjalo ngenkxaso-mali kwiiNGO zobugcisa okokuba zisebenze nabafundi emva kokuphuma kwesikolo.

AmaZiko eMOD, ancede izikolo ezili 181 kunye nabaqeqeshi abanikezela abafundi ngoluhlu lolonwabo olucwangcisiweyo, imidlalo elungelelanisiweyo, nemisebenzi yobugcisa, kunye nenkcubeko, nokuyila izithuba ezikhuselekileyo nezilolongayo ezilungiselelwe abathathinxaxheba. La maZiko eMOD achonga ngokunjalo italente okuthi kukhokhelele kufikelelo kuthatyatho-nxaxheba kukhuphiswano olukwinqanaba oluphakathi kwezikolo naphakathi kwezikolo ezibini.

Le nkqubo yokuchongwa kwetalente ixhaswa ngakumbi yiNkqubo yeZikolo zoBumelwane, ezinamaZiko eZikolo zoBumelwane ezili 134 athi ancede ngabaqeqeshi ezikolweni. Le ndlela, ngeli thuba iyila izithuba ezikhuselekileyo nezilolongayo kubathathi-nxaxheba, ixhasa ukuthatyathwa kwenxaxheba kwinqanaba elilandelayo yaye ijolise kuthatyatho-nxaxheba kumanqanaba aphakathi kwezithili, aphakathi kwamaphondo nakwawehlabathi, ngokunjalo nakumanqanaba ophuhliso lwetalente, anxulumene noku, yaye ancedisa ngokunikezelwa "kweSizwe esiGqwesayo". Ungxininiso lukwimfundo engaphezulu ngokunjalo, uphuhliso nokukhula kwezakhono kunywe namanqanaba etalente abathathi-nxaxheba.

Kwizame zalo zonikezelo ngokhuseleko nololongo kwizithuba kulungiselelwa imisebenzi yalo eyahlukeneyo nabathathi-nxaxheba basemva kokuphuma kwesikolo, ingakumbi abo babandakanyeka kwiNkqubo yeMOD kunye neNkqubo yeZikolo zoBumelwane, iDCAS, ngothelwano neWCED, iqhubekile ngokuphuhlisa amaziko olwabelwano asetyenziselwa izinto ezininzi kwini lezithili kulo lonke iPhondo. Amaziko akwiMetro South (eLavender Hill), eMetro East (eKraaifontein), eCentral Karoo (Beaufort West), kwiGarden Route (eThembalethu naseHeatherlands eGeorge), naseWst Coast (eMalmesbury). Injongo yolu setyenziselo izinto ezininzi, ilinge lophuhliso lweziko kukukhuthaza nokuxhasa ukusetyenziswa kweziko lolwabelwano. Oku kusetyenziswa ngokubanzi kuthetha ukusetyenziswa kweziko okwenziwa kufumaneka kuzo zonke izikolo kwiSithili esifanelekileyo, yaye ngaphezulu ngokungakumbi, kwizikolo ezimalunga namashumi amabini ezikolo kubumelwane obufanelekileyo. Lwakuba uphuhliso lweziko lugqityiwe yiWCED, ukuthatyathwa koxanduva, ngokunjalo neendima kunye

neemfanelo ezinxulumene nezibonelelo eziphuhlisiweyo nolawulo lweziko, ulawulo, ukulungiswa, ukhuseleko, eziluncedo, ulungelelwaniso, uzinziso, imisebenzi, kunye nenkxaso ngoko, luxanduva lweDCAS. Amazikoolwabelwano asetyenziswa rhoqo nangokuqhubekayo kulungiselelwa inqanaba elilandelayo lophuhliso lwetalente, imisebenzi yobugcisa nesekwe kkwikhono eliqhutywa ezikolweni. Isetyenziswa ngokunjalo ngamaZiko oLonwabo, amaZiko e-ECD, iMibutho esekwe kuLutsha kunye neMibutho yaBantu abaNtshona enxulunyaniswe noluntu lwesikolo olufanelekileyo.

Ngaphezulu, iSebe lisebenza neeNGO kunye nolutsha olungenangqesho, kwiYearBeyond, ukunikezela ngezifundo zoxabangelo, izakhono zobomi kunye neekqubo zobuzali ezikolweni nakuluntu ukuxhasa uphuhliso olupheleleyo lwabantwana nolutsha. Le nkqubo isebenza kwizikolo ezili151 kunye nezizinda zoluntu ezili-13 nokusetyenziswa konyaka kusakhiwa inkqubo yesizwe ejolise kulutsha. Kunyeaka ophantsi kovavanyo inkqubo ifikelele ngaphezulu kwesithathu. Ngoku kwanda, amathuba olutsha ayilwa kwiinkonzo ezininzi ezahlukeneyo zikarhulumente kubandakanywa amathala eencwadi, iiziko loLondolozo lweMbalu kunye nezizinda zoluntu.

Umsebenzi wothethelelo lweSebe uphelele kunyaka ngamnye ine-Lights On After School, eliphulo lehlabathi elithi liqaqambise indawo ekhazimlayo kwiinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo. URhulumente weNtshona Koloni uncede ekuziseni iphulo kuMzantsi Afrika kunye namahlakani akhe, iLearning Trust kunye neCommunity Chest.

Okokugqibela, kunyaka ophantsi kovavanyo iSebe liqalise ngonyaka wesibini wenkxaso-mali kulungiselelwa inkqubo yeholide yeMnga-eyoMqungu ngothelwano neeNGO ezininzi ukudambisa ilahleko yokhuseleko, indlala neyokufunda nokuyila izithuba ezikhuselekileyo zabantwana.

AMALINGE OLUTSHA

Iinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo ihlangabezane ngokunjalo neenjongo zeQhinga loPhuhliso loLutsha lwePhondo ngokuba namagcisa akhathalayo kunye nabaqeqeshi abasebenza nolutsha nokulunceda ngemfundo yalo, ngophuhliso, nokukhula ngokunikezelwa koyilo, ngemidlalo, ngobugcisa, ngenkcubeko, ngenkxaso yemfundo, kunye nezakhono zobomi. Olu ncedo lukhokhelele ngaphezulu kukuyilwa kweeklabhu, xa kuthelekiswa namaqela emigulukudu, apho bonke abantwana kunye nolutsha banakho ukuba yinxalenye. Ngaphezulu, luyila amathuba amatsha alungiselelwe ulutsha oluthe lwahlukana nesikolo, okokuba baphinde baqagamshele nazo.

ISebe libe yinxalenye yeNkqubo yeNkonzo yoLutsha yeSizwe, nokusetyenziswa kweYearBeyond. Ngaphezulu kwama3 000 olutsha angeniswa kwinkonzo kulo nyaka. Ibe sisinye kwisithathu salo esibe sisebenza kwiingcingqi zoluntu lwalo phambi kwenkqubo. Ekuphumeni, isithathu kwisine sinike ingxelo yokokuba siya kuhlala singabahlali abasebenzayo sinikela kuluntu lwaso.

Ngeli thuba umsebenzi obalulekileyo usenziwa kwiSebe, umlinganiselo wentlekele yolutsha kunyaka ophantsi kovavanyo yenze ibango lweendlela enqamlezileyo elungelelaniswe ngaphezulu. ISebe linyuse inqanaba lomsebenzi walo wolungelelwaniso lwezame enqamlezileyo yolutsha ngokunjalo nokwethu kwangaphakathi ekujoliswe kulutsha. Oku kubandakanya ukusingathwa kweForum yoLutsha enqamlezileyo yabachaphazelekayo bakarhulumente kwiPhondo ukuququzelela ukufunda nentsebenziswano ukuqinisa umsebenzi wophuhliso wolutsha kwiPhondo. Njengenxalenye yalo msebenzi, iSebe liphuhlise ipotal

njengendawo ofumana yonke into elungiselelwe ulutsha kwiPhondo ukufikelela kokunikezelwa nguRhulumente weNtshona Koloni.

2.2. IsiCwangciso sokuPhuculwa kokuNikezelwa kweNkonzo

ISebe liqukumbele iSDIP yowama-2018 ukuya kowama-2021 yalo yangaphambili yeenkonzo ezinxulumene neemyuziyam namaziko enkcubeko. Ukususela ekuqunjelweni komilisele lweSDIP yexesha langaphambili, iSebe liqalise ngenkqubo yokuphuhlisa iSDIP entsha ngokuhambelana neemfuni ezihlaziyiweyo zeDPSA. I-SDIP entsha iqalise ngomhla woku1 kuTshazimpuzi 2023 ephathelele kwiMidlalo yeMveli.

2.3. Ubume bombutho

Ukurhoxa emsebenzini kunye/okanye ukuqeshwa kwabasebenzi abaphambili

USekela Mlawuli: IInkonzo zeNkxaso zikaMasipala oqeshwe ngomhla woku1 kuTshazimpuzi 2022

IGosa loNxibelelwano noPapasho lweeNdaba lirhoxe emsebenzini ngomhla wama31 kuCanzibe 2022

Umlawuli oyiNtloko: IMicimbi yeNkcubeko uqeshwe ngomhla woku1 kweyeKhala 2022

USekela Mlawuli: INkonzo yeNkxaso yeMyuziyam yeNtshona Koloni oqeshwe ngomhla woku1 kweyeKhala 2022

USekela Mlawuli: I-Ofisi yeNkxaso yeNgingqi yaseNtshona yoMasipal oMbaxa, yamaZiko oLondolozo lwembali aseBoland/West Coast kunye naseBreede River Valley oqeshwe ngomhla woku1 kweyeKhala 2022

Umlawuli: IYunithi yoMilisele lwe-ECM oqeshwe ngomhla woku1 kweyeKhala 2022

USekela Mlawuli: IYunithi yoMilisele lwe-ECM oqeshwe ngomhla woku-1 kweyeThupha 2022

Umlawuli: UPhuhliso lweMidlalo othathe umhlalaphantsi ngomhla wama31 kweyeDwarha 2022

Iinzame zohlenge-hlengiso

Azikho.

Ukusilela kwenkqubo

IThala leNcwadi leSITA kunye nesizinda seenkcukacha zamanani zeNkqubo yoLawulo lweNgcaciso, esilawulwa yiSITA, zalahleka ngomhla we15 kweyeNkanga 2022 ngenxa yokusilela kwenkqubo engakhange ilindeleke, okunomphumela wokulahleka kwesixa seenkcukacha zamanani kunye nengcaciso.

Amatyala obuqhophololo okanye orhwaphilizo

| | |
|--|-----|
| Amatyala asavuliweyo ngokomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2022 | 0 |
| Amatyala amatsha (2022/23) | 1 |
| Amatyala avaliwelweyo (2022/23) | (1) |
| Amatyala avulwe ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2023 | 0 |

Uqhankqalazo

Amagosa amahlanu esebe athabathe inxaxheba kwiCandelo 77 lweZenzo zoQhankqalazo: UGwayimbo lweSizwe okanye uQhankqalazo loQoqosho lweNtlalo oluququzelelwe yiSouth African Federation of Trade Unions (SAFTU). Uqhankqalazo luqalise ngentsimbi ye-00h05 ngomhla wama-20 kweyoKwindla 2023, ukuya ngentsimbi yesi-07h00 ngomhla wama-21 kweyoKwindla 2023. Umthetho-siseko "Wokungabikho emsebenzi, akukho Ntlawulo" yasetyenziswa. Lo mthetho-siseko wasetyenziswa ngokungabikho emsebenzini usuku olupheleleyo ngokunjalo nenxalenye yosuku lomsebenzi.

2.4. Uphuhliso oluphambili lomgaqo-nkqubo kunye neenguqu zowiso-mthetho

Ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2021 uMthetho oLungisiweyo woMmiselo wamaZiko oLondolozo lweMbalali weNtshona Koloni onguNombolo 2 wama-2021 watyikitya ngokusesikweni wangumthetho kunye neGazethi yePhondo enguNombolo 8408 oqalise ukusebenza ukususela ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2021, ngoko, amagatya athile aqale ukusebenza ngesithuba sonyaka-mali wama-2022/23. Okokuqala ibe kukuphicothwa kwencwadi zeemyuziyam ezincedwa liphondo ngamachule aqinisekisiweyo abaphicothi-zincwadi (ngaphambili kwakusenziwa kuphela nguMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika). Elinye igatya elifanelekileyo elithe laqaliswa kunyaka ophantsi kovavanyo laba lelokuqeshwa kwamaqumrhu olawulo eemyuziyam ezimanyeneyo ngokuhambelana nesakhelo esitsha.

Ikhabinethi yeSizwe ivume ukupapashwa koMthetho oYilwayo weNkonzo zeThala leeNcwadi neNgcaciso woRhulumente woMzantsi Afrika wama-2019 kulungiselelwa ukufunyanwa kwezimvo zoluntu. Umthetho oYilwayo uzama ukulungisa imiba yenguqulelo ekunikezelweni kwamathala eencwadi karhulumente kuluntu. Ukhuthaza ngokunjalo ulawulo lwentsebenziswano nolungelelwaniso kuwo omathathu amacandelo karhulumente ngokuphathelele kwiinkonzo zamathala eencwadi karhulumente nengcaciso. ISebe leSizwe leMidlalo, loBugcisa neNkcubeko landlale iindleko zomiliso loMthetho oYilwayo kwiCandelo loLawulo-mali leSizwe (intlanganiso ehlangeneyo yamaCandelo oLawulo-mali eSizwe nawePhondo) ngomhla we-17 kweyoMqungu-2020. Icandelo loLawulo-mali leSizwe lichaze into yokuba ngenxa yezithintelo zemali ezikhoyo kucetyiswa okokuba uMthetho oYilwayo ulityaziswe. I-DSAC yesizwe kamva ithathe isigqibo sokulibazisa umiliso ixesha elingachazwanga.

UMthetho oYilwayo oLungisiweyo weShumi elinesibhozo woMgaqo-siseko [B1 - 2023] wandlalwa ePalamente ngeyoMqungu wama-2023. UMthetho oYilwayo ulungisa iCandelo 6(1) loMgaqo-siseko woMzantsi Afrika, 1996, oya kuthi uthathele ingqwalasela ulwimi lweMinwe loMzantsi Afrika (SASL) njengolwimi olusesikweni loMzantsi Afrika. Oku kuya

kukhuthaza ulwazi oluninzi malunga neemfuno zabangevayo yaye liyile imiqathango eqhelekileyo yokuqhutyelwa phambili kweSASL. Ngokusetyenziswa kwezi nkqubo, iSebe lithe gaqolo ukulandela ukuzibophelela kwalo ukuqinisekisa okokuba amalungu oluntu olungevayo luyafikelela kwiinkonzo nento yokuba iSASL iyakhuthazwa yaye iyaxhaswa kulo lonke iPhondo.

Umgaqo-nkqubo wesizwe ngokufakwa kwidijithali koBugcisa, iNkcubeko neLifa leMveli wavunywa yiKhabhinethi yeSizwe ngomhla we15 kweyoKwindla 2023. Injongo yomgaqo-nkqubo kukunikezela ngesikhokhelo seqhinga esiphathelele ukufakwa kwidijithali kobugcisa, inkcubeko nelifa lemvelo kubandakanywa, kodwa kungaphelelwanga apho, iirekhodi, oovimba, iincwadi kunye namaphepha-ndaba, umdlalo weqonga, ubugcisa, umculo, iindawo zelifa lemveli, izinto zelifa lemveli kunye nezingabambekiyo zelifa lemveli. Umgaqo-nkqubo ujolise kukufakwa kwidijithali kwezibonelelo zelifa lemveli kulungiselelwa injongo yolondolozo, ufikelelo nolawulo lobunini. Umgaqo-nkqubo uya kunceda kukubekwa emgangathweni kweenkqubo zokufakwa kwidijithali nokwandiswa kofikelelo kwizibonelelo zengcaciso.

3. Izifizekiso zeMpembelelo yeZiko neZiphumo

Impembelelo ecwangcisiweyo yeSebe neziphumo ngokwesiCwangciso seQhinga zandlalwe ngasezantsi, zilandelwa yinkqubela phambili eyenziweyo ngokubhekiselele kukufizekiswa kwengxelo yempembelelo yeSebe.

| | |
|-----------------------------|--|
| Ingxelo yempembelelo | INTshona Koloni ebandakanya ngokwentlalo, eyilayo esebenzayo nehlangeneyo. |
|-----------------------------|--|

| INani | Isiphumo | UMgqalisela wesiphumo | Isiseko | Ekujoliswe kuko kweminyaka emihlanu |
|-------|--|--|---------|-------------------------------------|
| 1 | Ufikelelo namathuba okuthatyathwa kwenxaxheba kuBugcisa, iNkcubeko kunye necandelo leLifa leMveli, kuxhaswa ukukhula koqoqosho kunye noluntu ulukhuselekileyo noluhambelanayo. | Ukwandiswa kokuqondwa msinyane kweenkonzo kuBugcisa, iNkcubeko necandelo leLifa leMveli eNtshona Koloni. | 400 250 | 551 075 |
| 2 | Ufikelelo kwingcaciso nolwazi ukuxhasa inkcubeko yokuthanda ukufunda kunye nokufunda kobomi bakho bonke. | Inani elibhalisileyo labasebenzisi bethala leencwadi. | 731 456 | 735 000* |
| | | INani lotyelelo ngabaphandi | 8 700 | 8 700* |
| 3 | Ufikelelo namathuba okuthatyathwa kwenxaxheba kwimidlalo nolonwabo. | Ukwandiswa kokuqondwa msinyane kweenkonzo zemidlalo necandelo lonwabo eNtshona Koloni. | 444 210 | 500 000 |

* Ekujoliswe kuko kwahlaziywa kwasiswa kuma667 434 ukuya kuma7 800 ngokwahlukahlukeneyo kwisiCwangciso soNyaka sokuSebenza sowama-2022-23.

| | |
|------------------------------|--|
| Isiphumo 1 | Ufikelelo namathuba okuthatyathwa kwenxaxheba kuBugcisa, iNkcubeko kunye necandelo leLifa leMveli, kuxhaswa ukukhula koqoqosho kunye noluntu ulukhuselekileyo noluhambelanayo. |
| UMgqalisela wesiphumo | Ukwandiswa kokuqondwa msinyane kweenkonzo kuBugcisa, iNkcubeko necandelo leLifa leMveli eNtshona Koloni. |

Ukunikela kulo mphumela, iSebe linikele ngezibonelo kwiiZiko loLondolozo lweMwali ezimanyeneyo, kwilifa leMveli leNtshona Koloni, kunye neKomiti yaMagama eeNdawo. Ezi zibonelelo zibandakanya inkxaso-mali ngokukhutshelwa kweentlawulo, abasebenzi, kunye noomabhalane, abanobucule, iingcaphephe zenzululwazi. Ngaphezulu, iSebe lidlale indima ekhokhelayo ebhekiselele kulawulo nakuphuhliso olungaphezulu lweCradle yeHuman Culture, umgaqo wokhenketho welifa lemveli zenzululwazi ngezinto zakudala kwiNtshona Koloni. I-Cradle of Human Culture ijolise ekwandiseni ukhenketho lwenkcubeko kwiPhondo, ixhasa ukukhula koqoqosho nokuyilwa kwemisebenzi. Iprojekti ijolise ngokunjalo ekwandiseni uhambelwano lwentlalo ngokukhuthazwa kolwazi lomlibo ofanayo nokuqaqanjiswa indima ephambili yeendawo zenkcubeko ekuzifumaneni ukuba singobani na.

ISebe lixhase imisebenzi imisebenzi yobugcisa nenkcubeko ekuluntu ngokunikezela ngoncedo lwemali kubenzi bezicelo abaphumeleleyo okokuba bamilisele iinkqubo zabo kunye nemisebenzi yobugcisa. Oku kunikezela amagcisa ithuba lokuqulunqa ngokutsha umsebenzi wawo kunye nedlela yokusebenza yaye kuba nesiphumo seendlela ezintsha zengquku zokuveliswa kwemiboniso neminyhadala.

UYilo loThungelwano oluLawulwayo lwaqaliselwa ukwandisa nokwendelelisa ufikelelo kuBugcisa, iNkcubeko noLwimi.

| | |
|------------------------------|--|
| Isiphumo 2 | Ufikelelo kwingcaciso nolwazi ukuxhasa inkcubeko yokuthanda ukufunda kunye nokufunda kobomi bakho bonke. |
| UMgqalisela wesiphumo | Inani elibhalisileyo labasebenzisi bethala leencwadi. Inani lotyelelo ngabaphandi. |

ISebe lixhase yaye landise iinkonzo zethala leencwadi labantu bonke baseNtshona Koloni. Oomasipala bancedwa ngokunikela ngeenkonzo zamathala eencwadi karhulumente ezisimahla, ezilinganayo nezifikelelekayo, banikele ngengcaciso, neemfuno zokufunda zabantu; nokukhuthaza ukusetyenziswa kwesimo sokufunda kwithala leencwadi nokufunda kwexesha elide. Kuguqulelo lwenkonzo yethala leencwadi nokuqukwa kokuqhutyelwa phambili kwetheknoloji yofikelelo kwi-intanethi esimahla kwanikezelwa kuluntu kwiindawo zamathala eencwadi karhulumente ngeprojekti yoQhagamshelo lweThala leeNcwadi laseMaphandleni. Amawaka eencwadi ze-elektroniki nezimanyelwayo zenziwa zifumaneke simahla ngokusetyenziswa kwenkqubo yeOverdrive. Amathala eencwadi amancinane alungiselelwe abangaboniyo nao bangaphanyakanga ngokupheleleyo anikezela ngofikelelo kwimathiriyeli yokufunda ngokusetyenziswa kwezixhobo ezincedayo nokubonelelwa kwetheknoloji eyimfuneko.

Ukukhuthaza ulwakiwo lwesizwe nobandakanyo lwentlalo, ufikelelo koovimba lwanikezelwa kubaphandi. Abaphandi abalinani elipheleleyo elingama-282 batyelela umthombo wooVimba ngeenjongo zophando. Uqokelelo lweprojekti zembali yomlomo luqhutyiwe ukuqinisekisa ngogcino lweembali zomlomo. Ngaphezulu, isambuku seenkqubo zofikelelo ezili-13 zaqhutyelwa izikolo kunye nethuba leVeki yeSizwe yoLwazi looVimba. Isambuku samangenelo ali-13 oqeqesho lolawulo lweerekhodi aqhutywa, ze kwaqhutywa uhlobo

lolawulo lweerekhodi ezingama33 ukwendelelisa iindlela ezilungileyo zolawulo lwerekhodi kumaqumrhu karhulumente. Iindlela zolawulo lwerekhodi zaqiniswa, ngentsebenziswano namaqumrhu karhulumente ukumiliseka iinkqubo zokulahlwa okulungelelanisiweyo kunye neenkqubo zohlelo olufanelekileyo lweerekhodi.

| | |
|------------------------------|--|
| Isiphumo 3 | Ufikelelo namathuba okuthabatha inxaxheba kwimidlalo nolonwabo. |
| UMgqalisela wesiphumo | Ukwandiswa kokuqondwa msinyane kweenkonzo zemidlalo necandelo lolonwabo eNtshona Koloni. |

ISebe lenze inkqubela phambili ngokubhekiselele ekuhlangabezeni iinjongo zesiCwangciso seQhinga seminyaka emihlanu, kulandelwa unyino lwezithintelo zeCovid-19 zonyaka ongaphambili. Iinkqubo zalungelelaniswa ukulungiselela iinjongo zesiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo. Ulonwabo neenkqubo zemidlalo kunye neeprojekti ziqalisiwe kuzo zonke izithili zeNtshona Koloni. Unxibelelo olwakhayo lwabanjwa kunye namaBhunga amathandathu eMidlalo yeSithili kunye neWCPSC.

3.1. Izifzekiso ezibonakalayo ezibhekiselele kwisiCwangciso-nkqubo seQhinga sesiThuba esiPhakathi sowama2019-24 kunye nesiCwangciso seQhinga sePhondo

Ngesithuba sowama2022/23, iSebe linikele kwiMiphumela yeSizwe yesiCwangciso-nkqubo seQhinga esiThuba esiPhakathi (MTSF) sowama2019-2024 njengoku kulandelayo:

Umnikelo weSebe kufezekiso lokuPhambili kweSizwe kwesi7 unjengoku kulandelayo:

| Okuphambili kweMTSF | Umnikelo weSebe |
|--|--|
| OkuPhambili 1: Urhulumente onekhono, onenqobo ezisesikweni nophuhlayo | IMidlalo noLonwabo kwiPhondo iqhutywa sisiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo yaye iinkonzo zinikezelwa ngentsebenziswano noluntu, imibutho emanyeneyo yemidlalo, amabhunga emidlalo kunye noomasipala. |
| OkuPhambili 2: Inguqu yoqoqosho nokuyilwa kwemisebenzi | Ubonelelo lwemisitho engundoqo kukhuthaza ukhenketho lwemidlalo nokuthengiswa kwendawo yokufikela. ISebe lisebenza kunye nemibutho ehlangeneyo yemidlalo kwiPhondo ethi ifikelele kwinkxaso-mali yemisitho engundoqo. ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo linxanduva lenkqubo yenkonzo yolutsha lwephondo ethi ibonise kwiNkqubo ye-YearBeyond. INkqubo yeYearBeyond inikezela ngamathuba kumavolontiya amalunga nama-3 000 ngonyaka ngamnye kulutsha lwethu kunye noqeqesho olubanzi lobunkokheli kunye neendledlana ezihanjweyo ukuya kwingqesho. Ukuza kuthi ga ngoku, ama-79% amavolontiya akumgangatho omnye aguqulelwe kwingqesho esigxina okanye kwizifundo, yaye phantse |

| Okuphambili kweMTSF | Umnikelo weSebe |
|--|--|
| | <p>isiqingatha siyaqhubeka ukukba ngamavolontiya rhoqo ngeveki kwingingqi zawo zoluntu.</p> <p>INkqubo yoLonwabo, iNkqubo yeMOD, iNkqubo yeMidlalo yeZikolo namaZiko oLwabelwano anikezela ngamathuba engqesho elungiselelwe abantu abaninzi abaphuma kwiingingqi zoluntu ezamkelayo.</p> <p>Amathuba omsebenzi we-EPWP kulonwabo, kwimidlalo, kubugcisa, kwinkcubeko kuye namacandelo entlalo anikezelwe. ISebe liququzelela amathuba emisebenzi kunye namathuba olwakhiwo lwekhono awahlukeneyo ngokusetyenziswa kweenkqubo ezijolise kukufunyanwa kwezakhono lutsha ukuququzelela ukungena kwalo kwimarike yokusebenza.</p> <p>ISebe linikezela ngekhaxaso-mali elungiselelwe abasebenzi bethala leencwadi likarhulumente. Amathuba engqesho ayiliwe ngokusetyenziswa kolwakhiwo nokuhlaziywa kwamathala eencwadi karhulumente.</p> |
| <p>Okuphambili 3: Imfundo, amakhono nempilo</p> | <p>Isahlulo esikhulu sohlahlo lwabiwo-mali lweSebe sichithwa kubonelelo lweenkonzo zamathuba eencwadi nokuthengwa kwemathiriyeli yethala leencwadi, kuxhaswa ukuphuculwa kwemiphumela yokufunda. ISebe, ngokusetyenziswa kweYearBeyond linikezele ngokunjalo ngeencwadi kwezi zikolo. Inkonzo yeencwadi ezifumaneka kwi-intanethi, kwi-Overdrive, iququzelele ufikelelo kwizibonelelo ezikwi-intanethi kulungiselelwa bonke abasebenzisi zbabhalisiweyi bamathala eencwadi eNtshona Koloni. ISebe liqhuba ngamandla iphulo lokufunda kwiPhondo ukukhuthaza ukwakhiwa kobume obomelelele bokuthanda ukufunda kuluntu, ingakumbi phakathi kwabantwana abancinane ngokusetyenziswa kwamathala eencwadi karhulumente kunye neenkqubo zeYearBeyond.</p> <p>Isithuba semfundo phakathi kwabafundi abanezibonelelo nabangabonelelwanga ngokwaneleyo kunokubalelwa kufikelelo lwabo olwahlukeneyo kwiincwadi ekhaya, kwiiholide zosapho, kwi-intanethi, kwimisebenzi yemidlalo nolonwabo, ukuchanatywa nenkxaso. ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo linceda ukuvala esi sithuba ngokunikezela ngeenkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo kubafundi abasahamba isikolo ngokusetyenziswa kwamaZiko eMOD kwizikolo ezili-181, namaZiko eZikolo zoBumelwane ezili-134 nakwiindawo ze YearBeyond ezingaphezulu kwama-310.</p> <p>Ukuthatyathwa kwenxaxheba ngumfundi kwezi nkqubo kunceda ngokuphuculwa kokuzinyaswa kwesikolo ngumfundi, ukuqeqesheka komfundi, intsebenziswano, ngokunjalo nokugcinwa kwabafundi benomdla wokuza esikolweni.</p> <p>AmaZiko eMOD abonelela abafundi ngochanatyo kwimisebenzi yolonwabo nemidlalo yobugcisa kunye/okanye yenkcubeko ngokusetyenziswa kwekharithulam ecwangcisiweyo kunye nezicwangciso zezifundo ezijolisa ngokunjalo kuphuhliso lwezakhono zobomi. AmamZiko eZikolo zoBumelwaneanceda ngokuchonga nokulolonga italente kwiikhowudi ezichongiweyo. INkqubo yeMidlalo yeSikolo ijolise kwimisebenzi yasemva kokuphuma kwesikolo elungiselelwe abantwana abahamba isikolo, ngokunjalo nokuthatyathwa kwenxaxheba</p> |

| Okuphambili kweMTSF | Umnikelo weSebe |
|---|---|
| | <p>kwinqanaba elilandelayo. INkqubo yoLonwabo ijolise kumaZiko ukukhuthaza imisebenzi yolonwabo nemidlalo ukususela kwinqanaba le-ECD ukuya kwinqanaba labaGugileyo.</p> <p>I-YearBeyond ijolise ekulungiseni uphuhliso lomntwana wonke kubandakanywa ukujolisa kwizithuba zemfundo ezikhoyo kukufunda nokubhala nokubala, kusakhiwa uthando lokufunda nolwakhiwo lothando lwemisebenzi engaphandle kwendlu.</p> <p>ISebe likhuthaza ulonwabo olusebenzayo nemisebenzi yemidlalo yePhondo. Ulonwabo kunye nemidlalo lukhuthaza iinqobo zokuziphatha zomsebenzi wobomi bonke.</p> <p>ISebe liqhube uqeqesho lolwakhiwo lwekhono kulungiselelwa amagcisa ecandelo lemiboniso yobugcisa.</p> <p>INkondo yeMyuziyam iququzelela yaye ikhuthaza ukusingathwa kweenkqubo zemfundo kwiiZiko loLondolozo lweMbalu ezimanyeneyo ezijolise kwimbali yengingqi. Ngaphezulu, iNkondo yeMyuziyam imilisela iinkqubo zemfundo ngokuhambelana neenjongo zesizwe ngeenkqubo zemfundo ezifana neMiqondiso yeSizwe kunye ne-“I am the Flag”.</p> |
| <p>Okuphambili 4: Ukuzinziswa kwemivuzo yentlali ngeenkondo zesiseko ezithembekileyo nezilungileyo</p> | <p>Ngokusetyenziswa kweenkqubo ezibandakanyayo zentlalo, iSebe landise imigaqo-nkqubo yokhuselo lwentlalo ngokudanjiswa kokuba sesichengeni kwintlalo kwamantina, abantwana, umntwana oyintombazana, abakhubazekileyo, nabagugileyo, ngokusetyenziswa kobugcisa kunye nenkcubeko, kunye neenkqubo zolonwabo nemidlalo.</p> |
| <p>Okuphambili 5: Uhlanganiso lwesithuba ukuhlaliswa kwabantu kunye nomasipala</p> | <p>IProjekti yoThungelwano lwamaThala eencwadi aseMaphandleni iyamiliselwa yaye iyalolongwa kumathala eencwadi karhulumente asemaphandleni. Iprojekti iyandiswa ngokuqaliswa kofikelelo lwebroadband neWi-Fi.</p> <p>Amathala eencwadi amancinane/iindawo zenkonzo asekwa kwimimandla yasemaphandleni enabemi abangebaninzi ukulungiselela ukunikezela ngofikelelo kumaziko amathala eencwadi.</p> <p>Iiklabhu ezikwimimandla yasemaphandleni zixhaswa ngokusetyenziswa kweNkqubo yoPhuhliso lweKlabhu. AmaZiko eNkcubeko, amaZiko eMOD, amaZiko eZikolo zoBumelwano kunye namaziko olwabelwano yaye anikezela ngeenkondo zemidlalo nolonwabo kwingingqi zoluntu lwaseMaphandleni. AmaZiko aseMaphandleni eMOD abandakanyiwe ngokunjalo kwinkqubo yesondlo.</p> <p>Ngokusetyenziswa kweenkqubo zalo zobugcisa nezenkcubeko, kunye nenkxaso yenkxoso-mali yeSebe ziqinisekisa ngokulondolozwa kwenkubeko nokukhuthazwa kobugcisa kwizithili.</p> <p>ULawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli yinxalenye ebalulekileyo yocwangciso nolawulo lophuhliso lwezakhiwo. Ngoko iSebe, ngentsebenziswano noomasipala, lijolise ekuqinisekiseni ngokuba ilifa lemveli lihlanganisiwe kucwangciso lwedolophu nolwengingqi, kunye nakuphuhliso olukumanqanaba asekuqaleni ocwangciso. Oku kwenziwa ikakhulu</p> |

| Okuphambili kweMTSF | Umnikelo weSebe |
|---|--|
| | <p>ngenkxaso yogunyaziwe wezibonelelo zelifa lemveli lephondo elinoxanduva lolawulo lwezibonelelo zelifa lemveli ngokwemiqathango yoMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli onguNombolo 25 we-1999.</p> <p>Unikezelo kwiZiko leMidlalo luququzelelwe kubo nabo bonke oomasipala abaxhaswa yimibutho emanyeneyo yemidlalo, ukulungiselela uphuhliso nolungelelwaniso lwemidlalo kuzo zonke iingingqi zoluntu kwiPhondo.</p> <p>Amaziko enkubeko anikezela kuluntu nakwimibutho ngezakhiwo okokuba ziyisebenzisele imisebenzi enxulunyaniswe kwisigunyaziso seSebe. Ngaphezulu, iLifa leMveli eNtshona Koloni liyila iindlela zokuhlanganiswa kwemicimbi yendalo neyelifa lemveli kwinkqubo yocwangciso lwesithuba nophuhliso.</p> <p>Inkcubeko sisithuthi sokunikezela kolwazi kunye neenqobo ezisesikweni zentlalo. Ukukhuthazwa kobugcisa nenkcubeko nokulondolozo kunceda kuzinziso lwenkcubeko yentlalo yoluntu ethi inikele kuzinzo lokuhlaliswa kwabantu.</p> <p>INkqubo yoLawulo lweRekhodi inceda amaqumrhu karhulumente, kubandakanywa oomasipala, ukulungiselela ukulawulwa kweerekhodi ukuphucula ukuthatyathwa koxanduva kunye nolawulo olulungileyo.</p> <p>ISebe libonise ngokunjalo ukuzibophelela kwiJDMA kulungelelwaniso (DDM) ngeentlanganiso ze-IDP kunye nomasipala.</p> <p>IiZiko loLondolozo lweMwali ezimanyeneyo zeSebe zinikezela ngeenkqubo zemfundo ezithi zikhuthaze usetyenziso oluzinzileyo lwezibonelelo zendalo. Ngaphezulu, iLifa leMveli laseNtshona Koloni liyila iindlela ezilungiselelwe ukuhlanganiswa kwemicimbi yendalo neyelifa lemveli kwinkqubo yocwangciso lwesithuba noophuhliso.</p> |
| <p>Okuphambili 6: Ulungelelaniso lwentlalo nokhuselo loluntu</p> | <p>ISebe likhuthaza iinqobo ezisesikweni zomgaqo-siseko kunye nemiqodiso yesizwe ngokusetyenziswa kwemiboniso, kweenkqubo zikarhulumente, iincoko zoluntu, iinkqubo zemfundo, ulawulo lwezibonelelo zelifa lemveli, uphuhliso lolutsha, imidlalo nolonwabo, kunye neenkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo.</p> <p>ILifa leMveli leNtshona Koloni, iShishini likaRhulumente elisekwe ngokwemiqathango yoMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli weSizwe, onguNombolo 25 we1999 linoxanduva lokuchonga, lokukhusela, lokulondoloza, lokukhuthaza nokulawula izibonelelo zelifa lemveli ezibalulekileyo ezithi zibonise iinqobo zethu ezisesikweni esabelana ngazo nokuba singobani na.</p> <p>IKomiti yaMagama eNdawo yeNtshona Koloni ikhuthaza ubandakanyo lwentlalo ngolwazi nenkxaso elungiselelwe inkqubo yokuthiywa ngokutsha. Inkqubo isekelwe zinkqubo zokuthatyathwa kwenxazheba luluntu.</p> <p>Injongo yeKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni kukukhuthaza, ukulondoloza nokuphuhlisa inkcubeko. Iinkqubo ezixhaswe yiWCCC zijolise kukukhuthaza kunye nemisebenzi yokulondoloza nokuzamela ukuyila uncomo nentlonipho yeenkcubeko ezahlukeneyo kwiNtshona Koloni.</p> |

| Okuphambili kweMTSF | Umnikelo weSebe |
|---------------------|---|
| | <p>Ngokusetyenziswa kwesibonelelo sokuhlela, soguqulelo neenkonzozokutolika, iSebe linikele ngokubhekiselele kubandakanyo/ kuhambelwano lwentlalo ngokuphuculwa konxibelelwano ngeelwimi ezintathu ezisesikweni zeNtshona Koloni, ngokunjalo noLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika. ISebe ngentsebenziswano kunye neKomiti yeeLwimi zeNtshona Koloni likhuthaza ukuthethwa kweelwimi zonke, iilwimi zemveli ezazivinjwe amathuba ngaphambili kunye noLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika ngokusetyenziswa kweenkqubo zalo ukwandisa ulwazi nokusetyenziswa kwezi lwimi kubahlali beNtshona Koloni.</p> <p>Ngokusetyenziswa kophuhliso lobugcisa nenkcubeko neenkqubo zenkuthazo, iSebe linikezela ngamathuba alungiselelwe ulutsha, amanina, abantwana nabakhubazekileyo abaphuma kwiingingqi zoluntu ezahlukeneyo ukulungiselela ukunxibelelana nokufumana izakhono zobugcisa nezobomi. La mathuba alungiselelwe abasesichengeni nabanganikwanga amathuba ngaphambili anikezela ngamaqonga onxibelelwano lwentlalo kunye nengxoxo, ngeli thuba eqinisa ubandakanyo lwentlalo phakathi kweengingqi zoluntu. Ngaphezulu, amaZiko oBugcisa oLuntu ayila izizinda zokhuselo zoluntu ngeli xesha kuvulelwa yaye kusandiswa ikhono labo lobugcisa.</p> <p>IiZiko loLondolozo lweMwali zikhumbula iintsuku ezininzi zezizwe ezikhunjulwayo ngofikelelo kunye neenkqubo zikarhulumente ezikhuthaza ubandakanyo /uhambelwano lwentlalo. Imiboniso ibonisa ikakhulu imiba ebingakhathalelwe ngaphambili yengingqi kunye nembali ezihlangeneyo zoMzantsi Afrika, zinikela ngaphezulu kubandakanyeko nakuhambelwano lwentlalo.</p> <p>AmaThala eencwadi asebenza njengesizinda soluntu sokhuthaza nokuxhasa ubandakanyo lwentlalo.</p> <p>ULonwabo, iNkqubo yeMOD, kunye nemisebenzi yeMidlalo yeZikolo eqhutywa kumaziko olwabelwano ngokunjalo nakoomasipala abahlukeneyo luxhasa intlalo elungileyo, unxibelelwano lolonwabo nemidlalo kwiingingqi zoluntu.</p> <p>Imidlalo ngentsebenziswano kunye nemibutho yoluntu iqhubile ukuxhasa uphuhliso lwemibutho emanyeneyo yemidlalo, iimbaleki, abaphathi namagcisa obuchule.</p> <p>Uthatyatho lwenxaxheba sisininzi kwimidlalo nakulonwabo, nakubugcisa nenkcubeko, lunikela kulwakhiwo lobunye besizwe kuluntu olwahlukeneyo, nolulungelelwaniswe ngokwentlalo, yaye iSebe lixhasa oku ngokusebenzisa amalinge alo.</p> <p>IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo elilungiselelwe iMidlalo noLonwabo (2012) liqaqambisa ukubaluleka kwimidlalo ngenjongo zokunciphisa ulwaphulo-mthetho. IiNkqubo zoPhuhliso lweMidlalo zibandakanya ikharithulam ecwangcisiweyo kunye nezicwangciso zesifundo ezijolise ngokunjalo kuphuhliso lwezakhono. Imidlalo iya kuba yinxalenye yenkqubo apho sakuba sinikele kwisiCwangciso soKhuselo sorhulumente weNtshona</p> |

| Okuphambili kweMTSF | Umnikelo weSebe |
|--|---|
| | <p>Koloni ngokubonelelwa kwemisebenzi enxulumene nemidlalo kwiingcingqi zoluntu ezahlukeneyo, njengoko kuchaziwe yikhabhinethi</p> <p>.</p> <p>INkqubo yeMOD ibandakanya ikharithulam ecwangcisiweyo kunye nezicwangciso zezifundo ezijolise ngokunjalo kuphuhliso lwezakhono okuphila.</p> <p>Abafundi abasahamba isikolo bathabatha inxaxheba kwimisebenzi yaseMva kokuphuma kwesikolo kumaZiko asekwesikolo eMOD, iindawo zeYearBeyond kunye namaZiko eZikolo zoBumelwane, ngoko iyila indawo ekhuselekileyo nesimo esilungiselele ukuthatyathwa kwenxaxheba kwimisebenzi ezaliswe lulonwabo, umdlalo, ulonwabo, imidlalo, ubugcisa, inkcubeko, ngokunjalo nemisebenzi yemfundo.</p> |
| <p>Okuphambili 7: I-Afrika engcono neHlabathi</p> | <p>Ngokuxhasa uhlanganiso lwengingqi nelizwekazi, inkqubo yeNyanga ye-Afrika yeSebe ikhuthaza ukuzingca ngobu-Afrika ukukhuthaza ubandakanyo lwentlalo nokuguzula impatho-mbi yabantu abangangcuchalazi kweli lizwe. Inxaso kwiMibutho eManyeneyo yeSizwe ukuphuculwa ngaphezulu kokuthatyathwa kwenxaxheba kwilizwekazi lase-Afrika. "UNyaka weSondlo" yaba nguMxholo woSuku lwe-Afrika lowama-2022, injongo yayikukugxila ekulungiseni ukungondleki komzimba nokungabikho kokutya kwilizwekazi lase-Afrika.</p> |

Ngesithuba sowama-2022/23, iSebe linikele kokuPhambili okuVuselelwa nguMbono kwePhondo nakwiimixholo yeqhinga:

| UMmandla weqhinga | Umnikelo weSebe wama2022-2023 |
|------------------------------------|--|
| <p>Ukukhula nemisebenzi</p> | <ul style="list-style-type: none"> • Ukuxhasa ngemali abasebenzi bethala leencwadi likarhulumente nokuyilwa kwemisebenzi ngokuhlaziywa nokwakhiwa kwamathala eencwadi amatsha. • I-Youth Beyond eyile amathuba kuqala omsebenzi alungiselela ulutsha olungaqeshwanga nokunika amacandelo abangawalandela omsebenzi nokufunda. • Amathuba omsebenzi ngokuseyenziswa kwe-EPWP. Amathuba omsebenzi kushishino lokuyila: ukuveliswa kwemidlalo, iminyhadala yeThiyetha, ulawulo lomsiho, iqela labasebenzi bomboniso, uphuhliso lomsebenzi wobugcisa nentengiso. Inkqubo eziqhutywa ngonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha zamiliselwa apho kufanelekileyo ngenxa kabhubhane. • INkqubo yeNkxaso-mali yoBugcisa neNkcubeko inikezela ngenkxaso kwimibutho yoBugcisa kunye namagcisa ayila umsebenzi kunye noqeqesho lwamagcisa obugcisa yaye axhasa iMidlalo, iLifa leMveli, nezinto zakudala, kunye nokhenketho lwenkcubeko. • Inkxaso-mali yemidlalo inikezela ngenkxaso ukuseka imibutho emanyeneyo yemidlalo yeSithili, imibutho emanyeneyo yeNtshona Koloni, amaBhunga eMidlalo eSithili, iMibutho eManyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni kunye nabachaphazelekayo abafanelekileyo kulungiselelwa uphuhliso kunye nokukhula kwemidlalo kwiphondo. • Amathuba omsebenzi woLonwabo, imidlalo, ubugcisa nenkcubeko. • INkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo – ukuvula isithuba sethuba. • Ukukhula koshishino lolonwabo nemidlalo, ngenxa yohlobo lwayo kudinga abasebenzi abaninzi, ngokuseyenziswa kweenkqubo zophuhliso lwemidlalo (uLonwabo, inkqubo yeMOD, iMidlalo yeZikolo kunye namaziko |

| UMmandla weqhinga | Umnikelo weSebe wama2022-2023 |
|----------------------------------|---|
| | <p>olwabelwano ezikhokhelela kwingqesho kunye namathuba oshishino kwiingingqi zoluntu.</p> <ul style="list-style-type: none"> • INkqubo yoPhuhliso loBumelwane. • Amaziko olwabelwano. |
| Ukuxhotyiswa kwaBantu | <ul style="list-style-type: none"> • Amathala– ayaqhubeka ekhuthaza ukuthandwa kokufunda nemfundo yobomi bonke. • IProjekti yoThungelwano lwamaThala eencwadi aseMaphandleni inikezela ngofikelelo olusimahla lwe-intanethi ukunceda ukuqakunjelwa kwezicelo zemisebenzi kwikhompyutha, ukufunda kwiinkqubo zekhomyutha, iipotali zokufunda zekhomyutha, njl. njl. • Inkqubo yoxabangelo yokufunda nezibalo zegreyidi 3 neyesi-4 yeYearBeyond kuye nenkxaso ye-@homelearning kumsebenzi wasekhaya. • Unxibelelwano nolutsha olusemngciphekweni kwi-ASP. • INkonzo yoLutsha, iYearBeyond, eyila amathuba okuqala omsebenzi alungiselelwe abaminyaka eli-18 ukuya kwengama-25. • Ufikelelo kwingcaciso yovimba olulungiselelwe abaphandi nabafundi. • Igumbi lokufundela kooVimba elilungiselelwe uikelelo loluntu kulwazi nezakhono. • Uqeqesho olunikezelwa kubaxhamli be-EPWP. • Ukunikezelwa kwesithuba esilungiselelwe uqeqesho lwenkonzo yangaphakathi. • Ukunikezelwa kwesithuba sabaqeqeshelwa engqeshweni bePAY. • Unikezelo lwekhompyutha loLawulo lweRekhodi, uLawulo lweRekhodi, ze-Elektroniki nezifundo zoMabhalane zeNdawo ekugcinwa kuyo iirekhodi ukulungiselela ukuxhobisa abantu. • Isibonelelo samathuba oqeqesho kwabanye abachaphazelekayo. • Ubandanyo lolwimi nenkcubeko umz. Ukuqhutyelwa phambili kokusetyenziswa kweelwimi zemveli ezazilahlekelwe sisidima ngaphambili. Uguqulelo kwisiXhosa ubuncinane bencwadi yemigaqo yekhowudi enye yemidlalo. • Ubonelelo lweenkonzo zenkxaso yolwimi nokukhuthazwa kweelwimi ezintathu ezisesikweni zeNtshona Koloni, kubandakanywa uLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika. • Iinkqubo zolonwabo (ECD, imisebenzi yesisinda). • Imisebenzi yemidlalo kunye neeprojekti ezinikezela amathuba ukulungiselela ukukhula nengqesho. • Iinkqubo zeMOD nezeZikolo zoBumelwane. • Amaziko olwabelwano. • Uphuhliso loBugcisa beMidlalo yeQonga – ulwakhwiwo lwamakhono. • Iinkqubo yeMidlalo yeZikolo (uphuhliso lweKhowudi, uphuhliso lweMbaleki, uphuhliso lwaBaqeqeshi). • Inkqubo yoPhuhliso loBumelwane. • Isibonelelo semisebenzi yobugcisa nenkcubeko lubeke isiseko esilungiselelwe amagcisa kunye nokuboniswa kwenkcubeko, ukukhuthazwa kwenkathalelo esekele unyamezelo, ulwamkelo nohanjelwano lwentlalo. • Ukuxhaswa kwemisebenzi yenkcubeko kuvumela ukuphuhliswa kwabantu benkcubeko yengingqi nokugcinwa kweentlobo zobugcisa bemveli. • Ukuchanatywa kophuhliso lwamakhono obugcisa ukunikezela ithuba kuphuhliso lwamakhono obomi alungiselelwe ulutsha nokunikela kumathuba kumashishini oyilo. • Ukubonelela ngamathuba oqeqesho kumagcisa asakhulayo. • I-ASP ijolise kulutsha olusemngciphekweni. • Inkqubo yeNkonzo yoLutsha. |
| Uguquko neNguqu yesithuba | <ul style="list-style-type: none"> • Ukuqaliswa kwezibonelelo ezininzi ze-elektroniki kumathala eencwadi. • ISebe likho kuzo zonke iidolophu kwiPhondo, umzekelo, ngohlobo lwamathala eencwadi, iiziko loLondolozo lweMbali, okanye ii-ofisi zemidlalo. • Izibonelelo zentlalo umz. Amathala eencwadi, izibonelelo zemidlalo, iiziko loLondolozo lweMbali, oovimba njl. njl. • Inguqu yesithuba sembonakalo yelifa lemveli ngenkxaso yomsebenzi weziko leHWC. |

| UMmandla weqhinga | Umnikelo weSebe wama2022-2023 |
|--------------------------------------|---|
| | <ul style="list-style-type: none"> • Izibonelelo zenkcubeko namaziko obugcisa oluntu anikela kuluntu kunye nemibutho yoluntu kunye ngesithuba esikhuselekileyo semisebenzi ekhuthaza inguqulelo. • Amaziko oPhuhliso lweMidlalo (amaziko oLonwabo, iMOD naweZikolo zoBumelwane) kwisithili ngasinye sikamasipala nakuninzi lweedolophu ezikwiPhondo. • Amaziko emfundo yemidlalo eSithili ayafumaneka kuzo zonke izithili ezithandathu kwiNtshona Koloni, axhaswa ngoomasipala abahlukeneyo apho bahlala khona. • Ukukhuthazwa kwezibonelelo kuququzelelwa ngentsebenziswano kunye nabo bonke oomasipala kwiphondo ukulungiselela uluntu ukuba luzuze. Oku kuyinxalenye yonikezelo lwenkonzo yemidlalo nolonwabo. |
| Ukhuselo noHambelwano loLuntu | <ul style="list-style-type: none"> • Amathala eencwadi karhulumente anikezela ngesithuba esikhuselekileyo kulungiselelwa abantwana emva kokuphuma kwesikolo kunye namalungu oluntu. • Ukubonelelwa kwamathuba olonwabo, emidlalo, obugcisa kunye nenkcubeko kulungiselelwa iingingqi zoluntu njengenxalenye yokuyilwa kwamaqonga angamanye ukwakha uhambelwano. • Ukuqinisekiswa ngenkonzo ehlangeneyo yoovimba kunye nengcaciso evulelekileyo nefikelelekayo kubo bonke abaxhamli. • Abantu banakho ukufunda ukuba bangobani, ingcaciso yezinto zabo zakudala, imisitho yembali, amaxwebhu amafa afana (iivili, izaziso zokufa), umtshato, iirejista zokuzalwa nezababhuhileyo ze ngoko babe nengqiqo yokuba bangabaphi. • Inkqubo yophuhliso lobugcisa inikezela ngemisebenzi ekhuselekileyo neyakhayo kulutsha. Uphuhliso lobugcisa nemisebenzi yokukhuthaza yaqhutywa ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha nakwiindawo ezininzi. • Ukubonelelwa ngofikelelo kwiirekhodi ezingentswela-bulungisa bexesha elidlulileyo nokuxhatshazwa kwamalungelo abantu ukuqhubela phambili ukuphila, ubulungisa noxolelwano. • Unxibelelwano noluntu kunye nemibutho yentlalo yemidlalo ukujhuthaza uhambelwano lwentlalo nolwakhiwo lwesizwe. • Uthelelwano namasebe esisebenzisana nawo ayakhuthazwa ukulungiselela uluntu luzuze nokuyila izithuba ezikhuselekileyo zemidlalo nolonwabo kunye nophuhliso loluntu. • Ulwakhiwo lohambelwano lwentlalo ngemidlalo nolonwabo. • Ulutsha olusemngciphekweni oluchongiweyo ukunciphisa ukungaziphathi kakuhle. • Ukusetyenziswa kwezikolo njengeendawo ezikhuselekileyo kulungiselelwa uluntu olusekwe esikolweni emva kweeyure zesikolo okt. amaZiko oLonwabo, amaZiko eMOD amaZiko eZikolo zoBumelwane kunye neZakhiwo zokwabelana. • Ukubandakanyeka kwinkqubo yoPhuhliso loBumelwane. |
| Inguqu neNkcubeko | <ul style="list-style-type: none"> • Ukusetyenziswa kwamavolontiya kumathala eencwadi ukwandisa ikhono lokufunda apha kufanekileyo ngenxa yobhubhane. • Ukuqaliswa kwezibonelelo ze-elektroniki ngaphezulu kumathala eencwadi. • Uyilo lothelelwano lwamashishini karhulumente nawangasese. lokunikezelwa kweenkonzo kwinkonzo yolutsha nophuhliso lwemidlalo. • Uphuhliso lwezithethe nemigangatho yenkonzo yolutsha. • Ulwakhiwo lwesimo sorhulumente osabelayo kuzo zonke iinkonzo zethu. • Ulwakhiwo lothando lokufunda ngokusetyenziswa kwamathala ethu eencwadi, inkonzo yolutsha, oovimba neemyuziyam. • Ukugcinwa ngedijithali kweerekhodi zoovimba. • Imiboniso ekwikhompyutha kunye neenkqubo zofikelelo. • Ukuqiniswa kwenkqubo yoLawulo lweeRekhodi ze-Elektroniki enoxanduva yolawulo olufanelekileyo nolucwangcisiweyo loyilo, lokufunyenweyo, lolongo, lokusetyenziswa nokulahlwa kweerekhodi ze-elektroniki, kubandakanywa iinkqubo zokuchola-cholwa nokugcinwa kobungqina kunye nengcaciso emalunga nemisebenzi yeshishini neentengiselwano. • Inkqubo yokubhukisha kwi-intanethi kwamaziko enkubeko. |

| UMmandla weqhinga | Umnikelo weSebe wama2022-2023 |
|-------------------|---|
| | <ul style="list-style-type: none"> • Ukubhukisa kwikhompyutha ukuncedwa ngoomabhalane bogcino lwerejista. Ulawulo lwerejista nezifundo zolawulo lweerekhodi ze-elektroniki. • Isifundo esikwikhompyutha soMabhalane bokugcina irejista. • Ukusetyenziswa okuqhubekayo koFikelelo kwiNgqiqo (AtoM) kusenzelwa amalungiselelo nenkcazelo yeerekhodi zovimba. • Ukumiliselwa kokuqaliswa okuhlangeneyo koLawulo lokuQulathiweyo kweShishini ukulungiselela ukukhethwa kwamaseba nokuqhubekaka ngenkqubo yenkxaso yawo onke amasebe. • Ukwandiswa kwabasebenzi abanikezelwa yinkqubo yoLawulo lokuQulathiweyo kweShishini (ECM) ukunceda ishishini okokuba lifezekise ulawulo olungcono lwexwebhu kunye nolawulo lweerekhodi. • Uyilo lothelelwano kwiYearBeyond. • Uyilo oluguqulweyo lwenkxaso-mali luyilo lwelungelo lwentlalo elinikezela ngoyilo lolwabelwano lweendleko phakathi kweWCG, abanikeli nokumiliselwa kweNGO. • INkqubo yoPhuhliso loBumelwane. • Indlela yeziko lolwabelwano lwamaziko inikezela kubafundi abasahamba isikolo kunye noluntu olusekwe kwisikolo ngolonwabo olulungileyo, kwimidlalo, kubugcisa kunye nezibonelelo zenkcubeko. • Kuphuhliswe inkqubo yezicelo ezikwikhompyutha zenkxaso-mali yeMidlalo ezilungiselelwe imiButho emanyeneyo yemidlalo. |

4. INgcaciso yokuSebenza ngokweNkqubo

4.1. INkqubo 1: ULawulo

Injongo

Ukunikezela ngolawulo oluveleleyo lwezemali nolawulo lweqhinga kunye nenkxaso yokuphatha kwiSebe leMicimbi yeMidlalo noLonwabo.

IiNkqutyana

Inkqutyana 1.1: I-Ofisi kaMEC

Ukunikezela ngolawulo, unxibelelwano nabathengi kunye neenkonzelo zenkxaso kuMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

Inkqutyana 1.2: IiNkonzo zoLawulo lweMali

Ukunikezela ngenkonzo yenkxaso yokulawula imali kwiDCAS, kuquka iinkonzo zolawulo lwamasolotya amathathu anika ingxelo kuMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

Inkqutyana 1.3: IiNkonzo zoLawulo

Ukunikezela ngenkxaso yolawulo kwiNtloko Eweebe ngokunikezela inkonzo yonxibelelwano olululo kunye neqhinga lecebo lenkonzo yokusebenza, kuquka inkonzo yokubeka iliso neyokuhlola, ukunikezela iinkonzo zokuphucula amanyathelo okunikezela ngeenkonzelo, okanye ulawulo olululo okanye unxibelelwano lukarhulumente/wangaphakathi/nambaxa, nokunikezela iinkonzo zokugcinwa nedawo wokulondozwa kwezinto.

UMnikelo weZiphumo zeZiko

INkqubo 1 ixhasa yomithathu iMiphumela yeSebe.

Imiphumela yeQhinga, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo kunye nezifizekiso ezizizo

IsiCwangciso soPhuculo loLawulo sisebenza njengesixhobo sokubeka iliso kwiziphumo zophicotho-ncwadi lwangaphakathi nolwlsicwangciso sixhibe ukuphucula ubume bolawulo yaye siqulathe ukubekwa kweliso okungamandla nokulandelwa kokufunyenweyo rhoqo ngekota.

Uxanduva lweNkqutyana 1.3: liNkonzo zoLawulo ziquka amanyathelo okumiliselwa kweBatho Pele amalinge kwiSebe, ukuBekwa kweliso noVavanyo lwemisebenzi yeSebe, kunye nocwangciso kwiimfuno zolawulo lwee-asethi ezishukumayo. Yonke imiqondiso yaphunyezwa equlethe uphuhliso nokwamkelwa kwePhepha lamaLungelo eNkonzo yendawo ethile kunye neNgxelo yoNyaka eya kuBemi, iiNgxelo zaRhoqo ngeKota zokuBekwa kweLiso kuMsebenzi, ukuqunjelwa kovavanyo, kunye nesiCwangciso soLawulo loMsebenzisi we-Asethi.

Iinjongo zeqhinga, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo kunye nezifizekiso ezizizo ziboniswe kwezi theyibhile zingezantsi:

IZiphumo, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko nezifizekiso ezizizo

| INKQUBO 1: ULAWULO | | | | | | | | | |
|--|---|--------------|---|--------------------------------------|--------------------------------------|---|--------------------------------------|--|---|
| Isiphumo | Iingcebiso | INani | UMgqalisela wokuSebenza | Izifizekiso ezizizo 2020/2021 | Izifizekiso ezizizo 2021/2022 | Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2022/2023 | Izifizekiso ezizizo 2022/2023 | Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifizekiso 2022/2023 | Izimvo ngokunxaxha |
| INkqutyana 1.2: IiNkonzo zoLawulo lweMali | | | | | | | | | |
| Zonke | IsiCwangciso soNyaka soPhuculo soLawulo lweMali (FMIP) | 1.2.1 | INani lezicwangciso ezimiliselweyo kulungiselelwa ukuphuculwa kwemiphumela yophicotho-zincwadi nokuncitshiswa kokufunyenweyo kuphicotho-zincwadi okuphakanyiswe nguMphicothi-zincwadi Jikelele kunye noMphicothi-zincwadi waNgaphakathi ukufizekisa inkonzo echubekileyo. | 1 | 1 | 1 | 1 | - | - |
| Zonke | Izindululo zoPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi ezimiliselweyo. | 1.2.2 | Ipesenti yezindululo zoPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi emiliselweyo | 97% | 100% | 100% | 90% | -10% | Izicwangciso ezibini zokusebenza zolawulo ezilandelweyo zazingagqitywana ngomhla ekwakuvunyelwene ngawo wokumiliselwa |

| INKQUBO 1: ULAWULO | | | | | | | | | |
|-----------------------------------|---|-------|--|------------------------------|------------------------------|--|------------------------------|--|--|
| Isiphumo | lingcebiso | INani | UMgqalisela wokuSebenza | Izifzekiso ezizizo 2020/2021 | Izifzekiso ezizizo 2021/2022 | Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2022/2023 | Izifzekiso ezizizo 2022/2023 | Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifzekiso 2022/2023 | Izimvo ngokunxaxha |
| | | | | | | | | | ngenxa yothethwano olungaphezulu oludingekayo. |
| INkqutyana 1.3: liNkonzo zoLawulo | | | | | | | | | |
| Zonke | INgxelo yoNyaka kunye/okanye IPhepha lamaLungelo elamkelweyo lilungiselelwe ukungeniswa | 1.3.1 | INani lophuculo lwmaxwebhu aqulunqiweyo eBatho Pele/onikezelo lwenkonzo | 2 | 2 | 2 | 2 | - | - |
| Zonke | Uvavanyo | 1.3.2 | INani leemvavanyo eziqhutyiweyo (ukubekwa kweliso novavanyo olunxulumene noko) | 1 | 1 | 1 | 1 | - | - |
| Zonke | liNgxelo zaRhoqo ngeKota zokuSebenza | 1.3.3 | liNgxelo eziqulunqiweyo zarhoqo ngekota zokubekwa kweliso kumsebenzi | 4 | 4 | 4 | 4 | - | - |
| Zonke | UAMP | 1.3.4 | INani lee-UAMP ezingenisweyo | 1 | 1 | 1 | 1 | - | - |
| Zonke | IsiCwangciso sokuQhubeka kweShishini leSebe | 1.3.5 | IsiCwangciso sokuQhubeka koShishino lweSebe sivavanywa rhoqo ngonyaka ze | 1 | 1 | 1 | 1 | - | - |

INKQUBO 1: ULAWULO

| Isiphumo | Iingcebiso | INani | UMgqalisela wokuSebenza | Izifizekiso ezizizo 2020/2021 | Izifizekiso ezizizo 2021/2022 | Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2022/2023 | Izifizekiso ezizizo 2022/2023 | Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifizekiso 2022/2023 | Izimvo ngokunxaxha |
|----------|-----------------------------|-------|---|-------------------------------|-------------------------------|--|-------------------------------|---|--------------------|
| | | | sihlenga-hlengiswe njengoko kuyimfuneko | | | | | | |
| Zonke | INgxelo yePERSAL | 1.3.6 | Inani labaqeqeshwa besengqeshweni leNkqubela Phambili yoLutsha yeNkulumbuso (PAY) | 32 | 32 | 28 | 28 | - | - |
| Zonke | IsiCwangciso soNxibelelwano | 1.3.7 | IsiCwangciso soNxibelelwano seSebe esamkelweyo | 1 | 1 | 1 | 1 | - | - |

Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza engaphantsi kweqondo elilindelweyo

Ukumiselwa kwamathuba omiliselelo afanelekileyo aya kuvumela iintlanganiso eziyimfuneko zolawulo okokuba ziqhubeke.

Ukusebenza ngokuhambelana neNgcebiso eziseMgangathweni omiselweyo kunye neMigqalisela yeNgcebiso elungiselelwe amaCandelo aneMisebenzi eQhutywa kunye

Akubanga kho ngcebiso zisemgangathweni omiselweyo kunye nemigqalisela yengcebiso elungiselelwe iNkqubo 1.

Unxulunyaniso lokusebenza nohlalo lwabiwo-mali

Inkcitho yenkqutyana yeNkqubo 1: Ulawulo lwaba njengoku kulandelayo:

| INkqutyana | 2022/23 | | | 2021/22 | | |
|---------------------------|---------------------------------|----------------------|---|---------------------------------|----------------------|---|
| | Ulwabiwo-mali lokuGqibela R'000 | INkcitho eyiyo R'000 | INkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi R'000 | Ulwabiwo-mali lokuGqibela R'000 | INkcitho eyiyo R'000 | INkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi R'000 |
| IOfisi yeMEC | 8 682 | 8 674 | 8 | 8 919 | 8 919 | - |
| IiNkonzo zoLawulo lweMali | 34 139 | 34 139 | - | 34 253 | 33 969 | 284 |
| IiNkonzo zoLawulo | 26 139 | 26 138 | 1 | 22 174 | 22 174 | - |
| Iyonke | 68 960 | 68 951 | 9 | 65 346 | 65 062 | 284 |

4.2. INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko

Injongo

Ukubonelela ngeenkono zobugcisa nenkcubeko, zamaZiko oLondolozo lweMwali, zelifa lemveli, kunye nezinxulumene nolwimi kubemi beNtshona Koloni.

IiNkqutyana

INkqutyana 2.1: ULawulo

Ukubonelela ngenkxaso kulawulo lweqhinga kwicandelo leMicimbi yeNkcubeko.

INkqutyana 2.2: UbuGcisa neNkcubeko

Ukuququzelela uphuhliso, ukulondolozwa nokukhuthazwa kwezobugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni ngokusekwa kobume obubandakanyayo, nama-candelo obugcisa nenkcubeko asebenza ngokufanelekileyo navuselelayo; nokuxhasa nokunceda iKhomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni ukuba imiliselelo izigunyaziso layo zowiso-mthetho.

INkqutyana 2.3: IiNkonzo yeZiko loLondolozo lweMwali

Ukukhuthaza ukukhawuleziswa kwenguqu kwilifa lemveli eNtshona Koloni ngokuzisa iinkono eziluthotho zolondolozo, ukulondolozwa, ukuphuhlisa nokukhuthazwa kwelifa lemveli kwiPhondo, oko kusenziwa ngokusetyenziswa kwamaZiko oLondolozo lweMwali ezimanyeneyo.

INkqutyana 2.4: INkonzo yolawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli

Ukuxhasa nokunceda iLifa leMveli leNtshona Koloni ukuchonga, ukukhusela, ukulondolozwa, ukulawula nokukhuthaza izibonelelo zelifa lemveli ezibalulekileyo; ngokuhambelana noMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli, 1999; ukuququzelela imiba enxulumene noMthetho weNgqungquthela yeHlabathi yeLifa leMveli onguNombolo 49 we-1999; ukuququzelela iinkqubo zokubeka emgangathweni okanye ukuguqulwa, apho kuyimfuneko, kwamagama endawo eNtshona Koloni ngokumiliselelo kwinqanaba lephondo izigunyaziso zoMthetho woMzantsi Afrika weBhunga laMagama eNdawo, onguNombolo 118 we-1998.

INkqutyana 2.5: IiNkonzo zeeLwimi

Ukukhuthazwa kokuthethwa kweelwimi zonke eNtshona Koloni ukuphuculwa kokunikezelwa kernkonzo nokufikeleleka; ukukhuthaza ngamandla ukuphuhlisa kweelwimi zemveli ebezivinjwe amathuba ngaphambil; ukuququzelela ukumiliselelo nokubekwa kweliso kuMgaqoo-nkqubo woLwimi weNtshona Koloni; nokunikezela inkxaso yolawulo kwiKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni ukumiliselelo izigunyaziso zayo ezisemthethweni.

Umnikelo kwiZiphumo zeZiko

INkqubo inikele kwiSiphumo 1 seSebe ngokunikezela ngofikelelo kumathuba okuthatyathwa kwenxaxheba kuBugcisa, iNkcubeko kunye necandelo leLifa leMveli, kuxhaswa ukukhula koqoqosho, kunye neengingqi zoluntu ezikhuselekileyo nezihambelanayo.

Iziphumo zeQhinga, iingcebiso, imigqalisela yengcebiso, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezifizekiso ezizizo

Ngowama2022/23, iSebe liqhubile ukunikezela ngenkxaso yolwimi ngohlobo lweenkonzo zokuhlela, zokugqulela, nezokutolika kwiilwimi ezintathu ezisesikweni zeNtshona Koloni kunye noLwimi lwMinwe loMzantsi Afrika. Intsebenziswano namaziko emfundo ephakamileyo yandiswa. ISebe liqhubile ngokunjalo ukuxhasa ukukhuthazwa koMgaqo-nkqubo woLwimi weNtshona Koloni ngeentlawulo ezikhutshelwe kwiKomiti yoLwimi lweNtshona Koloni, iqumru likarhulumente elingushedyuli 3C ngokwemiqathango yoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, uMthetho woku-1 we-1999.

ISebe liqhubile ukuxhasa isigunyaziso esisemthethweni somsebenzi wogunyaziwe wezibonelelo zelifa lemveli lephondo, iLifa leMveli leNtshona Koloni, ngokusetyenziswa kwentlawulo ekhutshelweyo yonyaka kunye nesibonelelo sabasebenzi abavela kwiHRMS ukuqalisa umsebenzi wequmru. ICandelo leeMyuziyam, iNkonzo zeLifa leMveli kunye naMagama eeNdawo linceda ngamangenelo athi anikele kwisahluko sePhondo seNtshona Koloni seprojekti yeResistance and Liberation Heritage Route.

INkqubo yoPhuhliso loBugcisa, isekele zizigunyaziso zowiso-mthetho kunye neenjongo zeqhinga, iyile inkqubo yophuhliso lobugcisa ixhaswa zintsika zayo ezintathu eyokuchongwa kwetalente, eyophuhliso, nokukhuthaza. Ngokusetyenziswa kwedrama, umdaniso, umculo, ubugcisa bokufunda, kunye nophuhliso lokwenziwa kwezinto, iyunithi imilisela iinkqubo zoqeqesho ezijolise ekuphuhliseni izakhono zobugcisa zolutsha kwizithili zasemaphandleni. Iiprojekti zoqeqesho ziphelele ekuboniseni umboniso ngeminyhadala kunye nemiboniso. INkqubo yophuhliso lobugcisa izamela ukuqinisa uthelelwano lwayo kunye nemibutho yecandelo likarhulumente nelangasese kubandakanywa nemibutho yoluntu.

ISebe liqhubile ukuxhasa ngemali ubugcisa ngokhutshelo kwimibutho yobugcisa, kubantu ngabanye nakwinkampani nokuququzelela amalinge entsebenziswano athi axhase ukukhuthazwa, ukuphuhliswa nokulondolozwa kobugcisa nenkcubeki kuluntu. ISebe linikezele ngenkxaso yolawulo kwiKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni ukumilisela isigunyaziso salo sowiso-mthetho esibandakanya inkxaso kumabhunga enkcubeko nokulolonga amaziko asixhenxe enkcubeko kwiPhondo.

ULawulo

I-EPWP iyile amathuba omsebenzi angama431 kwimimandla yokulolongwa kwesakhiwo, kubugcisa bomboniso kunye nolawulo, kwilifa lemveli, kwiiZiko loLondolozo lweMbali, kumathala eencwadi, kunye noovimba.

Amabhaso eMicimbi yeNkcubeko s

ISebe lisingethe amaBhaso alo lama20 eMicimbi yeNkcubeko kweyeDwarha 2022. Abantu ngabanye kunye nemibutho abathe banikela kakhulu kwicandelo lobugcisa, lenkcubeko, lolwimi, loovimba, lelifa lemveli kunye neleemyuziyam bahlonitshwa ngebhaso. Kokokuqala kwimbali, uMphathi weNkqubo ongevayo wabambisa ngokusingatha lo msitho, owawubaluleke kakhulu ekuqaqambiseni elijolise kuko iSebe ekwenzeni umsitho ubandakanye wonke umntu ngokwentlalo.

Ubugcisa neNkcubeko

INkqubo yoNyaka yeNkxaso-mali

Ubugcisa yi-asethi ethi ikhokhelele kwinguqu ngeli thuba baphula izithintelo, buxhobisa amazwi ahlukeneyo, yaye buqonda yaye bukhuthaza uthungelwano lwabantu. Xa ubugcisa buhlangana kubume boluntu, bunceda ekutsaleni italente entsha yaye bunakho ukukhulisa uqoqosho. Wonke umntu uyabonelelwa kubugcisa, ngoko, kukho isidingo sokuxhasa ubugcisa ukulungiselela ukuguqula, ukucamngca ngokutsha, nokuguqulela icandelo lobugcisa nenkcubeko.

ISebe, ngenkqubo yoNyaka yeNkxaso-mali, lithe kulo nyaka udlulileyo liqhubile ukusebenza nokuxhasa amahlakani oshishino kwiprojekti eziphuhlisa amacandelo obuchule alungiselelwe abayili abaselula yaye ngokwenza njalo layila imisebenzi kunye namathuba oqeqesho phakathi kwamanye, amacandelo elomboniso bhanyabhanya nemisitho engundoqo. Amalinge axhasiweyo abandakanya iprojekti eyaziwa ngokuba yi-“Magic in Communities” yeCollege of Magic enike ingxelo yokokuba ulutsha olungama-689 baqeqeshwa kunyaka ophantsi kovavanyo. Abanemfundo enomsila bangaphambili abaphuma kwikholeji baphumelela kwingingqi nakuhlabathi kwilizwe lokonwabisa lenkcubeko, yaye kubandakanywa phakathi kwabanye, u-Olwethu Dyanti, uConrad Koch, uRiaad Moosa, uNkumbuzo Nkonyana, uMawonga Gayiya kunye noJenna Bass ukuchaza nje abambalwa. Isekisi iZip Zap ikhenkethe iFrance kunyaka ophelileyo ze yenza umboniso eParis kunye neqela labadlali abaphuma kwingingqi abaqeqeshwe kwisikolo sesekisi, kunye nakwiMagnet Theatre ebonisa ababukeli abalula abakwiminyaka emithathu ubudala kumava abo okuqala ethiyetha njengenxalenye yenkqubo yofikelelo. ISebe lixhase ngokunjalo Inkqubo eyaziwa njenge-“Beyond Busking Development Programme” yoMnyadala woBugcisa waseKapa, apho omnye wabathathi nxaxheba ovela eKhayelitsha wafikelela kwinqonga lehlabathi njengoko wanikezelwa ithuba lokusebenza leenyanga ezintandathu eSpain.

ISebe lixhase imibutho eli107, abantu ngabanye, kunye neenkampani ngeentlawulo ezikhutshelweyo ukulungiselela ukumilisela iinkqubo zazo kunye nemisebenzi kulo lonke iPhondo. ISebe likhuthaza intsebenziswano phakathi kwemibutho njengoko oku kunikezela ngamava oyilo noyilo olwenziwa kunye lwemisebenzi yobugcisa. Amagcisa angabayili yaye isakhono sokuyila siyaveliswa, siyalungiswa yaye siqhushumbisa okungenzeka okutsha. Akubophelelekanga kushishino olunye okanye kwindlala enya yokusebenza kunye nezidindo okokuba luphumelele.

Ulwaluko

Ukususela ekuqulunqweni koMthetho weSiko loLwaluko, onguNombolo 2 wama2021, iKomiti yoLungelelwaniso loLwaluko yePhondo leNtshona Koloni (WCPICC) yatyunjwa yiNkulumbuso ngomhla woku1 kweyeKhala yowama2022 kulungiselelwa isithuba sesibini sokusebenza kwayo. Isithuba esimselweyo se-ofisi sokusebenza seWCPICC yiminyaka emihlanu yaye umsebenzi wayo ophambili kukumilisela uMthetho nokuqinisekisa ngokuthotyelwa kwawo okupheleleyo.

Intlanganiso kunye noomasipala abali19 apho ulwaluko lwenziwayo yabanjwa ngomhla wama29 kuTshazimpuzi 2022 ukunika ingqwalasela kwiindima zabo noxanduva njengoko luchaziwe kuMthetho

Ngesi zithuba siphantsi kovavanyo, isambuku sabakhwetha abali1 650 bangenela ilungelo lenkcubeko. ISebe linikezele ngoqeqesho nenkxaso kumagcisa enkcubeko ukuqinisekisa ngononelo lolwaluko olukhuselekileyo. ISebe liya kuqhubeka ngokuxhasa isiko kwiPhondo ukulungiselela ukulondolozwa kwalo nozinzo, kunye nokhuselo lwabakhwetha.

UPhuhliso loBugcisa neNkuthazo

Ulwakhiwo lwekhono kunye noqeqesho kubugcisa sesinye sesigunyaziso esiphambili seSebe ukuqinisekisa ngophuhliso nozinzo kubume bobugcisa. Iyinxalenye yesiseko ngokunjalo yoyilo lwesizwe esisempilweni, yohambelwano loluntu, lokuvulwa kwamathuba nokuyilwa kwelixa elizayo elilelinye.

Indima yesiseko yobugcisa ithe yabaluleka emva kweminyaka, ngokuthambekele kumanqanaba aphezulu obundlobongela kuluntu obunomphumela wokuxhaphaka uphazamiseko lwasemva koxinzelelo oluyingozi, ukudakumba, ukusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi kunye neminye imingeni yempilo yengqondo ingakumbi kubantu abatsha. Ngobugcisa, sijolise ekunikezeleni ulutsha ngamaqonga anentsingiselo okufumana nokuvula uthando lwabo kunye nekhono.

INkqubo yamaZiko oBugcisa oLuntu emiliselwe liSebe ngentsebenziswano neSebe leSizwe lweMidlalo, loBugcisa kunye neNkcubeko (DSAC) itsale umdla wamaziko obugcisa oluntu angama-20 kulo lonke iPhondo. ISebe liqhubile ngokukhulisa ubugcisa kuluntu njengesithuthi sokukhula komntu nokoluntu. Ngaphezulu, inkqubo yamaziko obugcisa oluntu iqhubile ukunikezela ngolwakhiwo lwamakhono oludingeka kakhulu kunye noqeqesho.

Kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo abaphathi abasisambuku esingama-20 beziko lobugcisa bathweswe izidanga kwisifundo esinikezelwa yiGraduate School of Business kwuYunivesiti yaseStellenbosch, eququzelelwe yiSustaining Theatre and Dance (STAND) Foundation. Esi sifundo sibaxhobise ngezakhono zolawulo lobugcisa ukwendelelisa impembelelo yomnikelo wabo kubugcisa. Isithuba sesifundo ibe zinyanga ezintandathu, esathi salandelwa yi-Indaba yamaZiko oBugcisa oLuntu eyabanjelwa eArtscapes Theatre ukususela ngomhla wama22 ukuya kowama24 kweyoKwindla 2023. I-Indaba iyile iqonga labaneomfundo enomsila kunye namanye amagcisa obugcisa oluntu okokuba iqwalasele imigaqo-nkqubo namaqhinga ukwandisa uphuhliso lwecandelo.

IKiti yeziXhobo yamaZiko oLuntu yaqaliswa ngokunjalo kwi-Indaba. Isebenza njengesixhobo solwakhiwo lwezakhono kumaZiko oBugcisa oLuntu. Ikiti yezixhobo iqulunqwe ngoluhlu lwemithamo emithandathu ayinxalenye yesicwangciso samaZiko oBugcisa oLuntu. Zibandakanya izihloko ezilandelayo: UMthamo 1 – INTshayelelo kumaZiko oBugcisa oLuntu; uMthamo 2 – ULawulo, uLolongo kunye nabasebenzi; UMthamo 3 – UkuThengiswa nokuPapashwa; UMthamo 4 – Ngokubhekiselele kuZinzo; UkuNkuswa kweNgxowa yemali nokuVeliswa kweNgeniso; UMthamo 5 – ULawulo lweMali; kunye noMthamo 6 – ULawulo lweProjekti nokuCwangciswa.

UMculo udlala indima ebelulekileyo kuphuhliso olupheleleyo lomntu ngamnye (ingqondo, umzimba kunye nomphumelo). Inkqubo yophuhliso lomculo yesebe iqhubekile ngokuxhobisa amagcisa kuwo onke amacandelo omculoafana nokubonisa, ushishino lomculo kunye namashishini oyilo. Ucweyo olungeNgqiqo yokuHlakaniphaolulungiselelwe iiSMME lwabanjwa kweyeDwarha 2022 ngentsebenziswano kunye neSebe loPhuhliso lwamaShishini amaNcinane. Injongo yocweyo yayikukugqithisela izakhono zophuhliso loshishino kunye nolwazi lwepropati yokuhlakanipha.

Olu cweyo luqhutywe kwizithili ezithathu (iGarden Route - Knysna, iCape Winelands - iWorcester kunye noMaseipala oMbaxa - ePhilippi). Ezi ntlanganiso zivuselele ingqiqo phakathi kwabayili bangajolisi nje kumboniso womculo kodwa bazibone besenza umnikelo othe ngqo kuqoqosho njengamashishini amancinabe naphakathi.

Ilinge lomnyhadala wedrama libe kunyaka walo we13 lokumiliselwa yaye kwakhona latsala umdla wemiboniso engama51. Inkqubo itsale umdla wabathathi nxaxheba abaphuma kwizithili esaseGarden Route, eCape Winelands nesase-Overberg.

Ulutsha olukule nkqubo kwaphuculwa izakhono zalo kwimimandla efana nokubhalwa komdlalo weqonga, ukulawulwa kweqonga lomboniso nesisekelo, izakhono zobuchule kwisandi nokukhanya, ukulawulwa komdlalo kunye nophuhliso lomdlali. Ipesenti ezingama50 zenani elipheleleyo leqela elibudala bulinganayo ibe liqela lokuqala labangene kwithiyetha yoluntu kunye nomboniso. Ngomhla wama25 kweyoMdumba 2023, ulutsha olukwinkqubo lathabatha inxaxheba kumnyhadala wokugqibela wedrama eBaxter Theatre ukulungiselela ukunikezela ulutsha olungaphezulu ngethuba lokudlal kumboniso kwiqonga lobugcisa.

Ngomhla wama25 kweyoKwindla 2023, abagqwesileyo bomnyhadala banikwa ithuba lokubonisa kwisiphelo soMnyhadala weThiyetha weZabalaza. Okubandakanyiweyo kwinkqubo yomnyhadala wedrama, abagqwesileyo bonyaka-mali ongaphambili benza umboniso kwiSuidoosterfees. Abathathi nxaxheba abathathu benkqubo yedrama banikwa ithuba lokuvavanywakomboniso yaye babequnqelwe umboniso wokuhlekisa kwi-eTV Plus.

Ngokusetyenziswa kwenkqubo yobugcisa bokufunda, iSebe lizamela ukugqithisa imiyalezo yethemba nolwaxhiwo lwesizwe ngamazwi athethwayo nabhaliweyo. Sisixhobo sonxulumano, sokwakha, sokuvuselela, sokunika umngeni, nokuhlaziywa koluntu. KweyeThupha 2022, iSebe lisingethe inkqubo yenyanga yaManina ngentsebenziswano noMasipala waseStellenbosch ejolise kubemi abasele begugile, kusetyenziswa ukubaliswa kwamabali ukukhuthaza, ukulondoloza nokuyilwa kolwazi olumalunga ngobugcisa bokufunda.

Ukukhuthazwa nokulondolozwa kweRieldans njengohlobo lobugcisa bemveli, iSebe lisingethe iNkampu yoMdaniso kunye nentsebenziswano kwiZiko leNkcubeko i-Okkie Jooste, eStellenbosch ukususela ngowe19 ukuya kowama23 kweyoMnga 2022. Le nkqubo itsale umdla wabathathi nxaxheba bolutsha abaphuma eCentral Karoo, eCape Winelands, kwiGarden Route nakuMasipala oMbaxa waseKapa. Injongo yeprojekti yayikukudumisa iRieldans ngokusetyenziswa kweHip-hop, iContemporary, iGqom, iintlobo zomdaniso wemveli nokubethwa kwamagubu njengeqonga layo.

Amaziko loLondolozo lweMwali, uLawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli kunye neeNkonzo zaMagama eeNdawo

Uyilo olutsha lophicotho-zincwadi olwamkelwe kuMthetho oLungisiweyo woMmiselo wamaZiko oLondolozo lweMwali, onguNombolo 2 wama2021, luvumela iiziko loLondolozo lweMwali ezincedwa liPhondo okokuba ziphicothwe kunyaka wama2021/22 ngabaphicothi-zincwadi abangamagcisa aqinisekisiweyo ngophandle kokuba ibe nguMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika.

Iiziko loLondolozo lweMwali eNtshona Koloni ziqalile ngokubona ukubuya kwabatyeleli kwiiZiko loLondolozo lweMwali nokuyuka kancinane kwengeniso ngemirhumo yokungena. Ngoko, iiziko loLondolozo lweMwali ziqhubekile ngeenkqubo kwisithuba sonxibelelwano oluqhutywa ngobuxhaka-xhaka bekhompuyutha ukulungiselela ukufikelelwa luluntu, olwenziwa ngexesha, imiboniso ekwi-intanethi kunye nemisitho. Iiziko loLondolozo lweMwali zihlenga-hlengise kakuhle kukuvulwa kancinane koluntu ngokunikezelwa okunoxanduva kwemisitho yothungelwano lwentlalo efana nokuqaliswa komboniso kunye neenkqubo zemfundo ukukhuthaza impilo-ntle ngokupheleleyo yabantu eNtshona Koloni. Oku kukhuthaze uluntu

oluxhasayo nolulolongayo ukuqinisa uhambelwano lwentlalo nobandakanyeko, obekuchatshazelwe yimiqathango yokuvalwa ngqi kwayo yonke into

IiNkonzo zoPhando noMboniso zamaZiko oLondolozo lweMbalu zixhasa iiziko loLondolozo lweMbalu ezimanyeneyo ngenkonzo yomboniso ojikelezayo ngokunjalo nemiboniso yexesha elide. Imiboniso elandelayo yaqakunjelwa ngesithuba sonyaka-mali:

- I-Freshwater Spring kwiZiko loLondolozo lweMbalu iBartholomeu Dias
- Ungenelo kwimbali yomlomo kwiZiko loLondolozo lweMbalu iDrostdy, eSwellendam
- I-Cape Town Digital, iqonga ledijithali leMyuziyam yaseKapa
- libhanile ze-27 for Freedom Race
- IZiko leNgqiqo leMyuziyam yaseKapa
- I-Foodways of the Western Cape
- I-Peninsula Maternity Hospital kwiZiko leNgqiqo leMyuziyam yaseKapa

Iprojekti yophando nothethwano ukuphuhlisa amava omtyeleli omtsha kwiZiko loLondolozo lweMbalu iBartholomeu Dias yagqitywa.

Ngaphezulu, iNkonzo yeZiko loLondolozo lweMbalu ixhase iiziko loLondolozo lweMbalu ezimanyeneyo ezingama-32 kuyo yonke iNtshona Koloni ngenkxaso yeentsomi zakudala, ubuchule bolawulo lokuqokelelweyo, iinkqubo zemfundo, kunye nophuhliso lwemiboniso ngowama-2022/23. Ngaphezulu, iNkonzo yeZiko loLondolozo lweMbalu ihlawula inkxaso-mali yonyaka kwiiZiko loLondolozo lweMbalu ezincedwa liPhondo ezili 19 kunye nomnikelo woncedo kwiiZiko loLondolozo lweMbalu zeNgingqi ezintlanu ngesithuba sowama2022/23 ukuqinisekisa ngento yokuba ezi ziko lolondolozo lwembali zinezibonelelo eziyimfuneko zokusebenza ukulungiselela ukusebenzela uluntu.

Uaqeqesho kunye nolwabelwano lolwazi kubume bemuziyam luqhutyiwe ngowama2022/23, luncedwa zizakhono ezitsha kunye neetheknoloji ezifunyenweyo ngesithuba sonyaka-mali odlulileyo. INkonzo yeZiko loLondolozo lweMbalu isingethe iSimpozium yoNyaka yeZiko loLondolozo lweMbalu kunye nabaphathi beziko londolozo lwembali ezimanyeneyo ukususela ngomhla woku1 kweyeKhala ukuya kumhla wesi4 ngowama2022 ukulungiselela ukuxoxwa kukobekwa ngokutsha novuselelo lwamaZiko oLondolozo lweMbalu emva kweCovid-19. Ucweyo lunikezele ngoaqeqesho kubaphathi beeziko lolondolozo lwembali ezimanyeneyo ababenakho ngokunjalo ukuxoxa imicimbi ebalulekileyo kunye neSebe. Ukuhlaziywa ngokutsha kwemiboniso yamaZiko oLondolozo lwembali ezimanyeneyo, kunye nemiboniso yaqhutywa ngowama2022/23.

Kubume belifa leMveli, iSebe liqhubekile ngenkxaso yalo kwiqumrhu, iHWC, ngentlawulo yonyaka ekhutshelweyo.

Ngaphezulu, iSebe liqhubekile ngokuxhasa iRLHR, iprojekti eqhubekayo yesizwe liSebe lesizwe leMidlalo, uBugcisa kunye neNkcubeko, equlathe ukuqaliswa nkokukhuthazwa kweedawo ezingama27 okanye iindibano ezibalulekileyo eziqhagamsheliswa kwilifa lemveli lokuqhankqalaza kwelizwe nokukhululeka. Iindawo ezintathu eNtshona Koloni "yiRobben Island Prison Landscape"; I-"Tussen die Riviere: Kukhunjulwa iLifa lakuQala loQhankqalazo ngaBantu beMveli boMzantsi Afrika"; kunye ne-"Road to Freedom: IiNdawo ezinxulumene noMgaqo oya eNkululekweni kaNelson Mandela ngomhla we11 kweyoMdumba 1990", ebandakanya ukuNgena/nokuPhuma kwiZiko loLungiso laseDrakenstein; I-Madiba House kwiZiko loLungiso laseDrakenstein; kunye neHolo leSixeko neGrand Parade eKapa. Emva

kokugqitywa kwesifundo sengqinisekiso yokufaneleka, i-Iziko Museum lathwaliswa uxanduva lokulawula iMadiba House.

IiNkonzo zoLwimi

Ukugxila okungundoqo kwecandelo lweelwimi lweSebe kukunikezela ngeenkonzo zoguqulelo, zokutolika nokuhlela/nokuvavanya nokubhaliweyo kumasebe eWCG. Kunyaka ophantsi kovavanyo, iSebe likugqithile okucwangcisiweyo kwalo ebelijolise kuko kwiinkonzo zenkxaso yolwimi ezinikezelwa kwiilwimi ezintathu ezisesikweni kunye noLwimi lweMinwe. Oku kubangelwe ikakhulu kukwanda kwebango elivela kumasebe ephondo leenkonzo zolwimi ukulungiselela ukunxibelelana nabantu beNtshona Koloni. Ekujolswe kuko okucwangcisiweyo kwama-448 kwakugqitha ngoko, okube nesiphumo sokugqibela sama664.

ISebe linikezele ngenkxaso ebhekiselele kwiprojekti yeKaaps iKaaps/Afrikaans/English Trilingual Dictionary ethe yaqaliswa yiCentre for Multilingualism and Diversities Research elikwiYunivesithi yaseKapa lunye neHeal the Hood Project, iNGO yoluntu. Eyokuqala elolu hlobo, iTrilingual Dictionary of Kaaps yiprojekti yingqokelela yeenkcazelo eya kuphuhlisa isiChazi-magama seKaaps sokuqala. Ukuza kuthi ga ngoku iqela lababhala incwadi echaza amagama liqulunqe izicatshulwa kwimithombo eyahlukeneyo yeenkcukacha zamagama, efana nabapapashi, amathala eencwadi, ababhali bemidlalo yosasazo, amagcisa ehip hop, amayolisa, kunye neebloga. Iprojekti iqukumbela ngokwakaloku nje inqanaba layo lokugqibela lenkcazelo nohlahlelo lwamagama ekufuneka lubandakanywe kwisichazi-magama. IBhodi yoHlelo iya kuqalisa ngovavanyo lwayo lwangaphakathi lokuhlelwa kwamagama eKaaps, iinkcazelo zaloo magama, kubandakanywa imizekelo neenguqulelo ezivela kwiKaaps ziye kwisiBhulu esiqhelekileyo nesiNgesi esiqhelekileyo ngenjongo yokupapashwa ngowama2024.

ISebe lisingethe umsitho woSuku loLutsha ngomhla we16 kweyeSilimela 2022 ngentsebenziswano neWCLC kunye ne-Iziko Museums of South Africa. Umsitho uvuyisene nolutsha phantsi komxholo "Ukukhuthazwa kwempilo-ntle ezinzileyo nokomelezwa kwabantu abatsha kulungiselelwa ingomso elingcono". Abantu abatsha abavela eScalabrini Lawrence House, eDewandre Fritz Foundation, abafundi nootitshala abavela kwiSikolo iNoluthando sabantwana abaNgevayo esiseKhayelitsha, kunye namalungu oluntu azimase umsitho. ISebe, ngentsebenziswano neWCLC, Iziko Museums of South Africa, iNational Institute for the Deaf (NID) kunye nePanSALB bakhumbule iNyanga yoLwazi yabaNgevayo ngokuqaliswa kwesiChazi – magama sokuqala seSASL esibhalwe neelwimi ezimbini ngomhla woku1 kweyoMsintsi 2022. Phakathi kwabazimsileyo ibe nguMEC weNtshona Koloni weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, u-Anroux Marais, uMphathiswa wangaphambili weMidlalo, uBugcisa neNkcubeko, uNathi Mthethwa, kunye nesigqeba esiphezulu soRhulumente weNtshona Koloni, kubandakanywa uRooksana Omar, iGosa eliyiNtloko leSigqeba le-Iziko Museums of South Africa ovakalise inkxaso yabo. Bekukho inani lemibutho emele uluntu olungevayo ebizimasile. Esi sichazi-magama seSASL sineelwimi ezimbini, esiphuhlise yiNID, siqulathe ngaphezulu kweempawu ezingama3000 kunye namagama esiNgesi angama2500, ayaa kuququzelela ukufundwa nokufundiswa kolwimi.

ISebe, ngentsebenziswano neThala leeNcwadi leSizwe loMzantsi Africa – Centre for the Book, amaThala eeNcwadi eSixeko saseKapa kunye neSebe leMfundi leNtshona Koloni, lisingethe ukhuphiswano olwaziwa njengeSpelling Bee Competition lweGreyidi yesi5, eyesi6 neyesi7 ngomhla wama22 kweyoMsintsi 2023. Umsitho wasingathelwa ukunika ingqwalasela kuSuku lweHlabathi lokuFunda phantsi kwesihloko "Transforming literacy learning spaces".

Ngomhla wama28 kweyeNkanga 2022, iDCAS inikezele ngeekopi zencwadana yeMigaqo yoMdlalo wamaNqindi yokuqala eguqulelwe esiXhoseni kumacandelo omdlalo wamanqindi kwiPhondo. Ngowama2015, iSebe liqalise inkqubo yokuguqulelwa kweencwadi zemigaqo zeekhowudi ezahlukeneyo zemidlalo kwisiXhosa ukulungiselela ukwandiswa kofikelelo nokuthotyelwa kwale migaqo. Iincwadana ezigqityiweyo ukuza kuthi ga ngoku zibandakanya incwadi yemigaqo yeTshesi, yeBhola yeQakamba, yeBhola yoMnyazi kunye ngoku neyoMdlalo wamaNqindi. Incwadi yemigaqo yaguqulelwa ngokusetyenziswa komsebenzi weYunithi yeeNkonzo zoLwimi, ngothethwano kunye nePanSALB kunye nezinye iingcali zabachaphazelekayo kuphuhliso lwesigama ukuqinisekisa ngento yokuba uguqulelo lugqityiwe yaye luchanekile. ISebe linikezele ngentshayeleyo kwincwadi yemigaqo. Ukuphuhlisa kweencwadi zemigaqo eziguqulelweyo luqinisekisa ngokukhuthazwa kokusetyenziswa kwazo zonke iilwimi kubume bemidlalo.

ISebe, ngentsebenziswano neWCLC, iCape Peninsula University of Technology, i-Indigenous Languages Action Forum, i-Iziko Museums of South Africa, iPanSALB kunye neSebe leMfundo leNtshona Koloni, lisingethe ukhupiswano olwaziwa ngokuba yi-isiXhosa Spelling Bee Competition lweGreyidi yesi4 ngomhla wama25 kweyoMdumba 2023. Umsitho wawusingethwe kunikwa ingqwalasela kuSuku lweHlabathi loLwimi lweNkobe phantsi komxholo othi "Multilingual education – a necessity to transform education in a multilingual world".

I-WCLC iphuhlise ngaphambili yaze yashicilela incwadana i-'Teach Yourself Nama' enefayile ozimamelayo ezigcinwe kwiqonga ledijithali. Iikopi zencwadana kunye neCD zathunyelwa kumasebe, kwiiyunivesiti, nakwabanye abachaphazelekayo, ngohlobo lwencwadi eshicilelweyo okanye ngohlobo lwedijithali. Ngenxa yebango elingaphezulu, iSebe, ngentsebenziswano neWCLC, liphinde lashicilela kwakhona iikopi ezangezelelweyo zencwadana i-'Teach Yourself Nama' laze iifayile ozimamelayo lazigcina kwiUSB.

ISebe lisingethe iintlanganiso ezintathu zeForam yoLwimi yePhondo leNtshona Koloni (PLF) ngesithuba sowama2022/23, ezathi zagxila kwiingxoxo eziphathelelene nezikhokhelo zohlobo lolwimi, iinguqulelo zomthetho, kunye nophuhliso lwesigama.

ISebe limelwe kwiQumrhu lweSizwe loLwimi lwesiXhosa iPanSALB, elijolise kukubekwa emgangathweni kolwimi, uphuhliso lwesigama, ukukhuthazwa nokuphuhlisa koluncwadi, imfundo yolwimi kunye noguqulelo nokutolika. ISebe limelwe ngokunjalo kwiqela lokusebenza elisungulwe yiYunivesiti yaseRhodes, elijolise ekuphuhliseni koluhlu lwesigama sonyango lwesiXhosa.

Iziphumo zeQhinga, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo kunye nezifzekiso ezizizo zandlawe kwiitheyibhile ezingezantsi:

Iziphumo, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko nezifizekiso ezizizo: Imigqalisela ehlaziyiweyi kwinkqubo yokwandlalwa kwakhona

| INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO | | | | | | | | | | |
|--|---|-------|---|-----------------------------|-----------------------------|--|---------------------------------------|---|---|---|
| Isiphumo | Iingcebiso | Inani | Umgaqalisela wengcebiso | Izifizekiso ezizizo 2020/21 | Izifizekiso ezizizo 2021/22 | Ekujoliswe kuko okuCwangcisiweyo 2022/2023 | Izifizekiso ezizizo 2022/23 (K1 neK2) | Ukunjaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifizekiso ezizizo 2022/23 | Comment on deviations | Isizathu sohlaziyo lwe-APP |
| Inkqutyana 2.2: UBugcisa neNkcubeko | | | | | | | | | | |
| 1 | Iincoko zoluntu/iingxoxo ezibanjiweyo ukukhuthaza ukuhlangana koluntu | 2.2.2 | Inani leencoko zoluntu/iingxoxo ezibanjiweyo ukukhuthaza ukuhlangana koluntu ngonyaka | 3 | 3 | 3 | 2 | 1 | Ekujoliswe kuko okuthathu kwacwangciselwa ikota yesine yaye ekujoliswe kuko konyaka kwafezekiswa. | Umgaqalisela wesithuba sokunikwa kwengxelo wahlaziywa ukususela konyaka ukuya rhoqo ngekota ukulungelelanisa isithuba sokunikwa kwengxelo sesizwe esibekwe emgangathweni. |

Iziphumo, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko netheyibhile yezifizekiso ezizizo

| INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO | | | | | | | | | |
|--|---|-----------------|--|-------------------------------|-------------------------------|--|-------------------------------|---|---|
| Isiphumo | Iingcebiso | Inani | UMgqalisela wokuSebenza | Izifizekiso ezizizo 2020/2021 | Izifizekiso ezizizo 2021/2022 | Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2022/2023 | Izifizekiso ezizizo 2022/2023 | Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifizekiso 2022/2023 | Izimvo ngokunxaxha |
| Inkqutyana 2.1: ULawulo | | | | | | | | | |
| 1 | Amathuba emisebenzi ye-EPWP | 2.1.1 | Inani lamathuba emisebenzi ye-EPWP ayiliweyo | 366 | 366 | 425 | 431 | +6 | Amathuba amaninzi afumaneka ngenxa yabaxhamli abathe bafumana amathuba engqesho (ukutshintsha kwabaxhamli). |
| 2 | Amathuba omsebenzi ayilwe ngenxa yeenkqubo zobugcisa, zenkcubeko nezelifa lemveli | 2.1.2 | Inani lamathuba omsebenzi ayilwe ngenxa yeenkqubo zobugcisa, zenkcubeko nezelifa lemveli | 473 | 552 | 460 | 610 | +150 | limeko kwicandelo zaphucuka emva kweCovid-19 ezithe zayila amathuba amaninzi. |
| Inkqutyana 2.2: UBugcisa neNkcubeko | | | | | | | | | |
| 1 | Iinkqubo zolwakiwo lwekhono | 2.2.1 | Inani lamagcisa afumeneyo kumathuba olwakiwo lwekhono | 194 | 245 | 260 | 315 | +55 | Ngenxa yentsebenziswano kunye nendlela yokulawulwa kothungelwano, amagcisa amaninzi anakho ukuchongelwa iiprojekti ngaphandle kweendleko ezangezelelweyo kwiSebe. |
| 1 | Iincoko zoluntu/iingxoxo ezibanjiweyo ukukhuthaza ukuhlangana koluntu | 2.2.2 (revised) | Inani leencoko zoluntu/iingxoxo ezibanjiweyo ukukhuthaza ukuhlangana koluntu ngonyaka | 3 | 3 | 3 | 3 | - | - |

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO

| Isiphumo | Iingcebiso | Inani | UMgqalisela wokuSebenza | Izifizekiso ezizizo 2020/2021 | Izifizekiso ezizizo 2021/2022 | Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2022/2023 | Izifizekiso ezizizo 2022/2023 | Ukunjoxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifizekiso 2022/2023 | Izimvo ngokunjoxha |
|--|--|-------|--|-------------------------------|-------------------------------|--|-------------------------------|---|--|
| 1 | Imisitho yokukhumbula usuku lwesizwe nolwembali | 2.2.3 | Inani leentsuku zesizwe nezembali ezikhunjulweyo | 3 | 3 | 3 | 3 | - | - |
| 1 | Inanilamacandelo elixhasiweyo | 2.2.4 | Inani lamacandelo oLuntu axhasiweyo | 19 | 37 | 39 | 39 | - | - |
| 1 | Uncedo lwemali oluya kwiMibutho yoBugcisa neNkcubeko, kuBantu ngabanye kunye neeNkampani | 2.2.5 | Inani lemibutho yoBugcisa neNkcubeko, aBantu ngabanye kunye neenkampani ezixhasiweyo | 79* | 103 | 85 | 107 | +22 | Izicelo ezininzi zifunyenwe ngenxa yokuphucuka kwesimo kwicandelo emva kweCovid-19, yaye nenkxaso-mali eyandileyo, imibutho emininzi yaxhaswa ngemali ukuxhasa uvuselelo lwecandelo. |
| 1 | Amaqonga omboniso nawokuthengisa | 2.2.6 | Inani leeprojekti zokuphuhlisa nokukhuthaza ubugcisa nenkcubeko | 3 | 15 | 20 | 20 | - | - |
| 1 | Inkxaso yemali kwiiKhomishini zeNkcubeko | 2.2.7 | Inani leeKhomishini zeNkcubeko ezixhasiweyo | 1 | 1 | 1 | 1 | - | - |
| 1 | Amagcisa abekwe ezikolweni | 2.2.8 | Inani lamagcisa abekwe ezikolweni ngonyaka ngamnye | 0 | 25 | 25 | 25 | - | - |
| Inkqutyana 2.3: INkonzo yeZiko loLondolozo lweMbali | | | | | | | | | |
| 1 | Imisitho yokuthengiswa kwemiqondiso yesizwe nemigaqo | 2.3.1 | Inani lamangenelo angokuthengiswa kwemiqondiso yesizwe nemigaqo | 3 | 4 | 3 | 3 | - | - |
| 2 | Uvuselelo lolwazi loluntu kwiphulo elibizwa ngokuba "I am the flag" | 2.3.2 | Inani leentshukumo zokwazisa uluntu nge "I am the flag" | 4 | 4 | 4 | 4 | - | - |

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO

| Isiphumo | Iingcebiso | Inani | UMgqalisela wokuSebenza | Izifizekiso ezizizo 2020/2021 | Izifizekiso ezizizo 2021/2022 | Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2022/2023 | Izifizekiso ezizizo 2022/2023 | Ukunjoxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifizekiso 2022/2023 | Izimvo ngokunjoxha |
|----------|---|-------|--|-------------------------------|-------------------------------|--|-------------------------------|---|--|
| | am the flag campaign" | | | | | | | | |
| 1 | Inkxaso yemali neyolawulo kwiziko loLondolozo lweMwali ezimanyeneyo | 2.3.3 | Inani leeziko lolondolozo lwembali ezimanyeneyo ezixhasiweyo | 31 | 32 | 32 | 33 | +1 | Iintlawulo ezikhutshelweyo azenziwanga kwiziko loLondolozo lweMwali yase-Elands Bay neZiko lolondolozo lwembali yaseBlombos yeZinto zakudala njengoko inkxaso-mali yayingadingeki ngowama-2022/23. |
| 1 | Iinkonzo yeZiko loLondolozo lweMwali ezilolongwe kakuhle ezinikezela ngenkxaso eqhubekayo kwiziko loLondolozo lweMwali ezimanyeneyo | 2.3.4 | Inani leenkonzo yeZiko loLondolozo lweMwali ezilolongiweyo ezinikezela ngenkxaso kwiziko loLondolozo lweMwali ezimanyeneyo | 1 | 1 | 1 | 1 | - | - |
| 1 | Amaqonga olwabelwano ngolwazi azinyaswe ziziko loLondolozo lweMwali ezimanyeneyo kunye naBameli beQumrhu loLawulo | 2.3.5 | Inani lamaqonga olwabelwano ngolwazi lweZiko loLondolozo lweMwali elisingethweyo | 1 | 1 | 1 | 1 | - | - |
| 1 | Ukunikezelwa kweenkqubo zemfundo kwiziko | 2.3.6 | Inani leenkqubo zemfundo kwiziko loLondolozo lweMwali ezinikezelweyo | 3 | 4 | 3 | 4 | +1 | Iziko loLondolozo lweMwali yaseStellenboschibe nakho ukunikezela ngenkqubo |

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO

| Isiphumo | Iingcebiso | Inani | UMgqalisela wokuSebenza | Izifizekiso ezizizo 2020/2021 | Izifizekiso ezizizo 2021/2022 | Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2022/2023 | Izifizekiso ezizizo 2022/2023 | Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifizekiso 2022/2023 | Izimvo ngokunxaxha |
|--|---|-------|---|-------------------------------|-------------------------------|--|-------------------------------|---|--|
| | loLondolozo lweMwali ezimanyeneyo | | | | | | | | ezangezelelweyo zemfundo ukuhlangabezana nebango. |
| 1 | Inani labatyeleli kwiiZiko loLondolozo lweMwali ezimanyeneyo | 2.3.7 | Inani labatyeleli beziko londolozo lwembali | 68 884 | 143 170 | 110 000 | 137 708 | +27 708 | Isibonelelo esandisiweyo semiboniso yedijithali sikhokhelele kubatyeleli beziko londolozo lwembali abasebenzisa i-intanethi. |
| Inkqutyana 2.4: INkonzo yeZibonelelo zeLifa leMveli | | | | | | | | | |
| 1 | Iintlawulo ezikhutshelweyo zonyaka kugunyaziwe wezibonelelo zeLifa lemveli lephondo | 2.4.1 | Inani loogunyaziwe belifa lemveli lephondo elixhaswe ngeentlawulo ezikhutshelweyo | 1 | 3 | 1 | 1 | - | - |
| 2 | Uhlaziyo noqinisekiso lwamagama eendawo kwiphondo | 2.4.2 | Inani lamagama eendawo aqinisekisiweyo nahlaziyiweyo yiKomiti yaMagama eeNdawo yeNtshona Koloni | 340 | 351 | 340 | 340 | - | - |
| 1 | Amanganelo ePhondo eResistance and Liberation Heritage Route (RLHR) | 2.4.3 | Inani lamanganelo ephondo eResistance and Liberation Heritage Route (RLHR) | 2 | 2 | 2 | 2 | - | - |
| Inkqutyana 2.5: IiNkonzo zolwimi | | | | | | | | | |
| 1 | Inkxaso yemali kwiKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni | 2.5.1 | Inani lamacandelo olungelelwaniso lolwimi axhasiweyo | 1 | 1 | 1 | 1 | - | - |

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO

| Isiphumo | Iingcebiso | Inani | UMgqalisela wokuSebenza | Izifizekiso ezizizo 2020/2021 | Izifizekiso ezizizo 2021/2022 | Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2022/2023 | Izifizekiso ezizizo 2022/2023 | Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifizekiso 2022/2023 | Izimvo ngokunxaxha |
|----------|---|-------|--|-------------------------------|-------------------------------|--|-------------------------------|---|---|
| | | | ngeeNtlawulo eziKhutshelweyo | | | | | | |
| 1 | Iiprojekti ezigqityiweyo ukukhuthaza ukuthethwa kweelwimi zonke, iilwimi zemveli ezazivinjwe amathuba ngaphambili kunye noLwimi lweMinwe leSA | 2.5.2 | Inani leeprojekti eziqwalasela izigunyaziso zomthetho ukukhuthaza Ukuthethwa kweelwimi zonke, iilwimi ebezivinjwe amathuba ngaphambili kunye noLwimi lweMinwe leSA | 5 | 6 | 6 | 7 | +1 | Iiprojekti eyangezelelweyo yaba nakho ukwenziwa ngenxa yamaqhinga entsebenziswano kunye neminye imibutho kubandakanye ukuhlanganiswa kwezibonelelo. |
| 1 | Iinkonzo zenkxaso yolwimi ezinikezelwa ngeelwimi ezi-3 ezisesikweni zeNtshona Koloni kunye noLwimi lweMinwe leSA | 2.5.3 | Inani leenkono zenkxaso yolwimi ezinikezelwa ngeelwimi ezi-3 ezisesikweni zeNtshona Koloni kunye noLwimi lweMinwe leSA | 492 | 521 | 448 | 664 | +216 | Le nkono iqhutywa libango esekwe kwisixa sezicelo zenkxaso yolwimi ezivela kumasebe eWCG yaye ngoko ayengenakho ukuqikelelwa ngokuchanekileyo. |

Qaphela: Amacandelo ahobe abonisa imigqalisela ehlaziyiweyo.

*Lo mgqalisela ubalela kuphela okukhutshelwe kwimibutho yobugcisa nenkcubeko ukuza kuthi ga ngowama2020/21.

Iqhinga lokuphelisa imimandla yokusebenza ngendlela engaphantsi kwelindelekileyo.

ISebe liqaphele inkqubela phambili elungileyo kucwangciso nokuphuhliswa kweendawo kulungiselelwa iZiko loLondolozo lweMwali yaseElands Bay neBlombos Museum of Archaeology eziya kunceda ukusetyenziswa. ISebe liya kunikezela isikhokhelo esingaphezulu kwiZiko loLondolozo lweMwali yase-Elands Bay kunye neBlombos Museum of Archaeology kunyakamali olandelayo.

Ukusebenza okunxulumene kwiiNgcebiso ezibekwe emgangathweni kunye neMigqalisela yeNgcebiso elungiselelwe amaCandelo eMisebenzi eQhutywa kunye

Zonke iingcebiso ezibekwe emgangathweni kunye nemigqalisela yengcebiso ibandakanyiwe kwiziCwangciso zokuSebenza zoNyaka zaze ngoko zamiliselwa kwaze kwanikwa ingxelo ngazo kwiNgxelo yoNyaka njengoko kubonisiwe kwitheyibhile yokusebenza engasentla.

Ukuxulunyiswa komsebenzi kunye nohlahlo lwabiwo-mali

Inkqutyana yenkcitho yeNkqubo 2: iMicimbi yeNkcubeko ibe njengoku kulandelayo:

| Inkqutyana | 2022/23 | | | 2021/22 | | |
|---------------------------------------|---------------------------------|----------------------|--|---------------------------------|----------------------|--|
| | Ulwabiwo-mali lokugqibela R'000 | Eyona nkciitho R'000 | Inkciitho (Ngaphezulu)/ Ngaphantsi R'000 | Ulwabiwo-mali lokugqibela R'000 | Eyona nkciitho R'000 | Inkciitho (Ngaphezulu)/ Ngaphantsi R'000 |
| Ulawulo | 4 636 | 4 266 | 370 | 3 153 | 2 841 | 312 |
| Ubugcisa nenkcubeko | 42 600 | 41 136 | 1 464 | 38 216 | 38 216 | - |
| Iinkonzo zamaZiko oLondolozo lweMwali | 69 332 | 67 403 | 1 929 | 66 866 | 65 765 | 1 101 |
| Iinkonzo zeziBonelelo zeLifa leMveli | 13 657 | 11 159 | 2 498 | 10 597 | 9 145 | 1 452 |
| Iinkonzo zeelwimi | 5 907 | 5 547 | 360 | 4 931 | 4 478 | 453 |
| Iyonke | 136 132 | 129 511 | 6 621 | 123 763 | 120 445 | 3 318 |

Inkciitho engaphantsi yenzeke kwiMbuyekezo yaBasebenzi (CoE) nakwiMpahla neeNkonzo (G&S) ngenxa ikakhulu yolityaziso ekuzalisweni kwezithuba kunye nenkcitho eyabiweyo ebisele inekhonthrakti kodwa ingaqakunjelwanga ngomhla wama31 kweyoKwindla 2023. Ulityaziso kwiCoE lubangelwe yimingeni efunyenweyo ekufunyanweni kwabagqatswa abafanelekileyo, ngakumbi kummandla weLifa leMveli, olukhokhelele kukupapashwa kwakhona kwezithuba. Isicelo sokuqeqengqelwa kwenkcitho esele ibotshelelwe yeG&S kunywka-mali omtsha sangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo.

4.3. INkqubo 3: IiNkonzo zamaThala eeNcwadi nooVimba

Injongo

Ukunikezela ngethala leencwadi elibanzi neenkonzo zoVimba eNtshona Koloni.

Inkqutyana

INkqutyana 3.1: ULawulo

Ukunikezela ngolawulo lweqhinga nenkxaso elungiselelwe iNkonzo yeThala leeNcwadi, iiNkonzo zoVimba namaCandelo oLawulo lokuQulathiweyo kweShishini.

INkqutyana 3.2: IiNkonzo zamaThala eeNcwadi

Ukunikezela ngeenkonzo zethala leencwadi ngokuhambelana nemithetho efanelekileyo nezigunyaziso zomgaqo-siseko.

INkqutyana 3.3: OoVimba

Ukubonelela ngeenkonzo zoovimba kunye nolawulo lweerekhodi ngokuhambelana noMthetho weNkonzo yooVimba neeRekhodi zePhondo leNtshona Koloni, wama-2005.

Ukumiliselwa kunye/okanye nokuxhaswa koLawulo lokuQulathiweyo leShishini (ECM)/MyContent kumaqumrhu kaRhulumente eNtshona Koloni.

Umnikelo weMiphumela yeZiko

Inkqubo inikele kuMphumela 2 weSebe ngokunikezela ngofikelelo kwingcaciso kunye nolwazi oluxhasa ukuthanda ukufunda nokufunda ubomi bonke.

Imiphumela yeqhinga, iingcebiso, imigqalisela yengcebiso, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo kunye nezifizekiso ezizizo

INkonzo yeThala leeNcwadi

Ekupheleni kweyoKwindla 2023, iNkonzo yeThala leeNcwadi ibe neendawo zonikezelo lwenkonzo ezingama-375 kulo lonke iPhondo. Ithala leencwadi iNagenoeg eStellenbosch lavalwa ze kwavulwa ithala leencwadi elitsha eRosevalley, e-Oudtshoorn. public library in Stellenbosch closed and a new library was opened in Rosevalley, Oudtshoorn.

ISebe liqhubile ukufumana inkxaso-mali yeMinikelo oneMiqathango ukuxhasa amathala eencwadi oluntu nokunceda uluntu okokuba lufumane ulwazi kunye nengcaciso enokuthi iphucule isimo salo soqoqosho lwentlalo. INkqubo yeNkxaso-mali yeMbuyekezo kaMasipala iqhubile ukunikela koomasipala abali15 beCandelo B3 kwiPhondo kunye nenkxaso yemali. Aba babandakanya oMasipala owaseBeaufort West, Bergrivier, Bitou, Cape Agulhas, Cederberg, Hessequa, Kannaland, Laingsburg, Langeberg, Matzikama, Prince Albert, Swartland, Swellendam, Theewaterskloof, kunye nowaseWitzenberg. Le nkxaso-mali idlale indima ebalulekileyo ekongezelweni utyalo-mali lukamasipala ekunikezeleni iinkonzo zobuchule zethala leencwadi koomasipala abakwicandelo B3. Umnikelo weThala leeNcwadi woMasipala oMbaxa uqhubekile ngokunikela kwiSixeko saseKapa.

Isibonelelo seTheknoloji yeNgcaciso noNxibelelwano (ICT) sanikezelwa kwithala leencwadi loluntu iRosevalley eOudtshoorn nakwiThala leeNcwadi iBergsig eKannaland. Kuninzi lweengingqi zoluntu ezincinane iinkonzo ze-intanethi ezisimahla ezinikezelwayo kumathala azo eencwadi kukuphela kweenkonzo ze-intanethi ezifumanekayo kwezo gingqi zoluntu.

Iprojekti yeThala leencwadi loMzantsi Afrika elilungiselelwe iiMfama iyaqhuba ukunikela ngenkonzo eyodwa kuluntu, olungaboni kakuhle, kunye noqeqesho noxhutyiso kusetyenziso lwesixhobo ezizodwa ze-IT kumaThala amaNcinane angama34 alungiselelwe iiMfama kwiPhondo. Amathala amancinane amabini amatsha avulwa, iThala leeNcwadi laseThembaletu eGeorge, kunye neThala leeNcwadi laseCaledon eTheewaterskloof.

ISebe liqhube utyelele lobuchule lokubekwa kweliso oluli 172 kumathala eencwadi karhulumente, utyelelo lokubekwa kweliso okungama30 koomasipala becandelo B3 kunye notyelelo olungama41 lokubekwa kweliso kubo bonke oomasipala ukubeka iliso kumiliselelo loMnikelo oneMiqathango. Inani lotyelelo lokubekwa kweliso eliqhutyiweyo llachatshazelwa kukulahleka kwengcaciso kwiNkqubo yeThala leeNcwadi neNgcaciso leSITA.

Amathala eencwadi karhulumente adlala indima ebalulekileyo ekuphuhliseni izakhono zangethuba zokufunda nokubhala kunye nothando lokufunda kubantwana ngokufikelela kuluntu, benikezela iinkqubo ezahlukeneyo, besebenza ngokuhlangeneyo nezizukulwana ezahlukeneyo, nokuphuhlisa isimo sesizwe sokufunda. ISebe liyile ikiti yeSixhobo ngokuhambelana nemixholo kunye neentsuku ezizodwa zekhalenda kunye nemisebenzi, iithempleyiti, kunye neembono zabasebenzi bethala lencwadi okokuba bazisebenzise kunye nabasebenzisi ababudala bahlukeneyo. Oku kunikezelwe ngokunjalo kumathala eencwadi ezikolo apho zithe zamkelwa kakuhle. Iintlanganiso ezibanjwa ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha zokuFunda nokuBhala zaRhoqo ngeKota zandlalwa ngabasebenzi abaphuma kumathala eencwadi awahlukeneyo. Amathala eencwadi awahlukeneyo asebenzisana neeNGO ukunikezela ngeenkqubo ezizodwa eziphathelelene noPhuhliso loBuntwana kwaNgethuba okanye ezinye iinkqubo zophuhliso. Inkonzo yencwadi ekwi-intanethi efumanaela nge-Libby app kwiselula nakwikhompyutha ibangele ukwanda okuphawulekayo ekusetyenzisweni yoqokelelo olugcinwe kakuhle. KumaBhaso eNkcubeko ngowama-2022, abantu abaninzi abafanelekileyo kunye neeNGO enza isicelo sebhaso elilungiselele loMnikelo oMkhulu oBhekiselele kuPhuhliso nokuQhubela Phambili kokuFunda nokuBhala (kubandkanywa ukufunda kwe-IT). Laphunyelelwa yiRead to Rise, umbutho ongenzi nzala ozibopheleleyo ekukhuthazeni kukufunda nokubhala kolutsha ezikolweni ezikuluntu olungabonelelwanga ngokupheleleyo nangokunganelanga. Ikholelwa ekubeni abantwana kufuneka bafunde ukuze babe nakho baphakamele uphuhliso lwabo kunye nomnikelo kuluntu.

Iinkqubo zamaBali ali1000 kunye neICT Champion YearBeyond zaqaliswa ngempumelelo koomasipala abaninzi basemaphandleni yaye zanikezela ngamava omsebenzi onentsingiselo kunye necandelo lokuqhubela phambili izifundo, kwangeli thuba linye kukhuthazwa isimo sokunikezelwa kweenkonzo kwiingingqi zoluntu lwabo. Emva kokulahleka kwengcaciso kwisizinda seenkcukacha samanani seSLIMS, i-ICT Yebonner yoMasipala waseMossel Bay, iyile i-app yethala leencwadi yokuhambisa ingcaciso ukunceda amathala eencwadi oluntu kuMasipala waseMossel Bay okokuba aqhubeke ngokuhambisa imathiriyeli yethala lencwadi.

ISebe liqhubekile ngopapasho loSozincwadi weKapa, kabini rhoqo ngenyanga, ijenali yangaphakathi yeNkonzo yeTala leeNcwadi. Linikezela ngamanqaku kwicandelo lethala leencwadi kunye nenzululwazi yengcaciso, ulawulo lwethala leencwadi, uvavanyo lwencwadi, izintlu ezongezelelweyo kunye neendaba neengxelo zamanye amathala

eencwadi kunye neenkqubo zawo zofikelelo. Ligcina abasebenzi bamathala eencwadi amanyeneyo benolwazi ngophuhliso olukhoyo kumacandelo ethala leencwadi nelengcaciso, yaye, okubaluleke kakhulu, lisebenza njengesixhobo esiyimfuneko soqeqesho kwimiba enxulumene nethala leencwadi. Ngaphezulu, olu papasho lubonisa umsebenzi owenziweyo kumathala eencwadi ngokuphathelele kukukhuthazwa kokufunda kunye neeprojekti zokufunda nokubhala ukukhuthaza isimo sokufunda eNtshona Koloni.

Isizinda seenkcukacha zamanani sethala leencwadi leSLIMS, esisingethwe yiSITA, sibe nokusilela kwenkqubo ngomhla we15 kweyeKhala 2022 ze sahlala singenalo uqhagamshelwano ngethuba lenkqubo yovuselelo olubanzi lweenkcukacha zamanani. INkonzo yeThala leEncwadi kunye nawo onke amathala eencwadi karhulumente alungelalanise iinkqubo zawo kunye nokunye okunokwenziwa nesandla.

INkonzo yooVimba bePhondo

Inani elipheleleyo leenkqubo zolwazi ezili13 laqhutywa ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Inani elipheleleyo labaphandi abangama5 282 latyelela ooVimba kwaze kwaqwalaselwa imibuzo engama4 428. Ukuqinisekisa ngento yokuba iirekhodi zovimba ziyalondolozwa yaye zifunyanwa zikwisimo esilungileyo, amaxwebhu oovimba angama-577 abuyiselwa esimeni sawo, yaye iimitha zokulinganisa ezingama270.24 zeerekhodi zalungiselelwa ze zachazwa. Isambuku soluhlu lwempahla ezisibhozo sahlaziywa ukuququzelela ufikelelo olulula kwiirekhodi zoovimba.

Ulawulo olusebenzayo lweerekhodi kumaqumrhu karhulumente luabalulekile ukulungiselela impatho eyiyo, olufanelekileyo, neendlela zikarhulumente zokuthatyathwa koxanduva, Uhlolo olungama33 kulawulo lweerekhodi lwaqhutywa, kunye namangenelo ali13 oqeqesho kuLawulo lweRekhodi anikezelwa kubazimasi abangama263 abaphuma kumaqumrhu karhulumente weNtshona Koloni.

Iziphumo zeQhinga, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo kunye nezifizekiso ezizizo zandlawe kwiitheyibhile ezingezantsi:

Iziphumo, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko nezifizekiso ezizizo: Imigqalisela ehlaziyiweyi kwinkqubo yokwandlalwa kwakhona

| INKQUBO 3: IINKONZO ZETHALA LEENCWADI NOOVIMBA | | | | | | | | | | |
|--|----------------------------|-------|--|-------------------------------|-------------------------------|--|-------------------------------|---|--------------------|--|
| Isiphumo | Ingcebiso | Inani | UMgqalisela weNgccebiso | Izifizekiso ezizizo 2020/2021 | Izifizekiso ezizizo 2021/2022 | Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2022/2023 | Izifizekiso ezizizo 2022/2023 | Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifizekiso 2022/2023 | Izimvo ngokunxaxha | Isizathu sokuhlaziywa kwe-APP |
| Inkqutyana .2: IiNkonzo zeThala leeNcwadi | | | | | | | | | | |
| 2 | Amathala eencwadi akhiweyo | 3.2.1 | Inani lamathala eencwadi akhiweyo ngonyaka | 0 | 2 | 2 | 2 | - | - | Umgqalisela wesithuba sokunikwa kwengxelo wahlaziywa ukususela kunyaka ukuya rhoqo ngekota ukulungelelanisa isithuba sokunikwa kwengxelo sesizwe esibekwe emgangathweni. |

Iziphumo, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko nezifizekiso ezizizo ezandlaliweyo

| INKQUBO 3: IINKONZO ZETHALA LEENCWADI NOOVIMBA | | | | | | | | | |
|--|--|--------------------|--|-------------------------------|-------------------------------|--|-------------------------------|---|--|
| Isiphumo | Ingcebiso | Inani | UMgqalisela wengcebiso | Izifizekiso ezizizo 2020/2021 | Izifizekiso ezizizo 2021/2022 | Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2022/2023 | Izifizekiso ezizizo 2022/2023 | Ukunjoxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifizekiso 2022/2023 | Izimvo ngokunjoxha |
| Iinkonzo zamaThala eencwadi | | | | | | | | | |
| 2 | Amathala eencwadi akhiweyo | 3.2.1 (ihlaziyiwe) | Inani lamathala eencwadi aseke ngonyaka ngamnye | 0 | 2 | 2 | 3 | +1 | Iprojekti yeThala leEncwadi iBereaville eqangelweyo eyathi yagqitywa kunyaka-mali wama-2022/23. |
| 2 | Iziko lethala leencwadi elihlaziyiweyo | 3.2.2 | Inani lamaziko asele echo ahlaziyiweyo kulungiselelwa iinjongo zethala leencwadi loluntu | 0 | 0 | 0 | 0 | - | - |
| 2 | Imathiriyeli yethala leencwadi ethengiweyo | 3.2.3 | Inani lemathiriyeli yethala leencwadi ethengiweyo | 2 109 | 3 107 | 4 000 | 14 300 | + 10 300 | Lo ngonyaka wokuqala okokuba iSebe libandakanye inani lezihloko zeencwadi ezikwi-intanethi zenziwe zifumaneka kusetyenziswa umnikelo we-Overdrive, ingabiziso nje iincwadi ezishicilelweyo njengoko yayingunyaka wokuqala ozeleyo womnikelo we-Overdrive. |
| 2 | Utyelelo lokuBekwa kweliso | 3.2.4 | Inani lotyelelo lokuBekwa kweliso olwenziweyo | 477 | 1 190 | 1 181 | 1 172 | - 9 | INKqubo yoLawulo yeNgcaciso yeThala leEncwadi leSITA (SLIMS) ithe yalahlekwa yingcaciso ngomhla we-15 kweyeNkanga 2022 ze yahlala ingenaluhagamshelwano isiqingatha sonke sokuphela konyaka okube nempembelelo kutyelele olucwangcisiweyo lokubekwa kweliso. |

INKQUBO 3: IINKONZO ZETHALA LEENCWADI NOOVIMBA

| Isiphumo | Ingcebiso | Inani | UMgqalisela wengcebiso | Izifizekiso ezizizo 2020/2021 | Izifizekiso ezizizo 2021/2022 | Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2022/2023 | Izifizekiso ezizizo 2022/2023 | Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifizekiso 2022/2023 | Izimvo ngokunxaxha |
|----------|---|-------|--|-------------------------------|-------------------------------|--|-------------------------------|---|--|
| 2 | IiNkqubo zoluntu zoLwazi | 3.2.5 | Inani leenKqubo zoluntu zoLwazi eziqhutyiweyo | 9 | 11 | 10 | 10 | - | - |
| 2 | Iinkqubo zoqeqesho | 3.2.6 | Inani leenkqubo zoqeqesho ezinikezelwe kubasebenzi bethala leencwadi loluntu | 15 | 37 | 18 | 28 | +10 | Ngenxa yogxininiso olulodwa kukufunda nokubhala, iSebe linikezele ngoqeqesho olungaphezulu kwiklabhu yencwadi, kwiintlanganiso zokufunda nokubhala kunye noqeqesho loMthetho weLungelo loMbhali lokushicilela umsebenzi wakhe obelungakhange lube lucwangciswe kwangaphambili kunyaka. |
| 2 | Amathala eencwadi anofikelelo lwe-intanethi kuluntu | 3.2.7 | Inani lamathala eencwadi anofikelelo lwe-intanethi kuluntu | 228 | 229 | 231 | 228 | -3 | Iindawo zavuselelwa ngenxa yokuba kwethala leencwadi. Iindawo ezine ebezicwangciselwe owama-2023/24 ziya kusebenza kwezi ndawo zivaliweyo. |
| 2 | IiNdawo zeNkonzo yeThala leencwadi | 3.2.8 | Inani leendawo zeNkonzo yeThala leencwadi | 374 | 375 | 372 | 375 | +3 | ISeba lilindele ukuvalwa okungakho kwamathala eencwadi amathathu kodwa laba linye oluqhutywayo, okt., ithala leencwadi iNagenoeg. Ithala leencwadi loluntu iRosevalley eOudtdhoorn lavulwa, lagcinwa inani leendawo zenkonzo yethala leencwadi kuma-375. |

INKQUBO 3: IINKONZO ZETHALA LEENCWADI NOOVIMBA

| Isiphumo | Ingcebiso | Inani | UMgqalisela wengcebiso | Izifizekiso ezizizo 2020/2021 | Izifizekiso ezizizo 2021/2022 | Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2022/2023 | Izifizekiso ezizizo 2022/2023 | Ukunjoxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifizekiso 2022/2023 | Izimvo ngokunjoxha |
|----------|--|--------|---|-------------------------------|-------------------------------|--|-------------------------------|---|---|
| 2 | Iintlawulo ezikhutshelweyo zenkxaso-mali yokutshintsha | 3.2.9 | Inani loomasipala abakwicandelo B3 abafumene iintlawulo ezikhutshelweyo zenkxaso-mali zokutshintsha zabasebenzi, zokusebenza kunye/okanye inkcitho yezakhiwo kumathala eencwadi | 15 | 15 | 15 | 15 | - | - |
| 2 | Iintlawulo ezikhutshelweyo zoMnikelo weThala leencwadi leMetro | 3.2.10 | Inani loo masipala elifumene iintlawulo ezikhutshelweyo zoMnikelo weThala leencwadi leMetro kulungiselelwa uhlaziyo nololongo lwamathala eencwadi | 1 | 1 | 1 | 1 | - | - |
| 2 | Abasebenzi abaxhaswe ngemali | 3.2.11 | Inani lezithuba zabasebenzi bethala leencwadi ezixhaswe ngokusebenziswa kwenkxaso-mali yotshintsho | 240 | 240 | 240 | 241 | +1 | Isithuba esinye esongezelelweyo (usozincwadi wesebe) sayilwa saze sazaliswa kuMasipala waseBitou. |
| 2 | Utyelelo lokubekwa kweliso neentlanganiso | 3.2.12 | Inani lotyelelo lokubekwa kweliso neentlanganiso eziqhutywa ngobuxhaka-xhaka be-intanethi kooMasipala becandelo B3 | 15 | 15* | 30 | 30 | - | - |
| 2 | Ubulungu | 3.2.13 | Inani elibhalisiweyo labasebenzisi bethala leencwadi | 665 684 | 523 153 | 661 535 | 720 310 | +58 775 | Ibango libe ngcono kunelo belilindelwe lamathala eencwadi kunyenempembelelo |

INKQUBO 3: IINKONZO ZETHALA LEENCWADI NOOVIMBA

| Isiphumo | Ingcebiso | Inani | UMgqalisela wengcebiso | Izifzekiso ezizizo 2020/2021 | Izifzekiso ezizizo 2021/2022 | Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2022/2023 | Izifzekiso ezizizo 2022/2023 | Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifzekiso 2022/2023 | Izimvo ngokunxaxha |
|--------------------------------|-------------------------------|--------|--|------------------------------|------------------------------|--|------------------------------|--|---|
| | | | | | | | | | yokufumaneka kweencwadi ezikwi-intanethi kumalungu kunikele kukusebenza ngaphezulu kobe kulindelwe. |
| 2 | Amanganelo okufunda | 3.2.14 | Inani lamanganelo okufunda andlalwe kumathala eencwadi oluntu eNtshona Koloni. | 2 374 | 32 589 | 9 528 | 30 962 | +21 434 | I-ICT Yeboneers kunye ne1000 Stories Yeboneers ekumaThala eeNcwadi oLuntu zincele amathala eencwadi okokuba anikele kwiinkqubo ezininzi kunoko bekulindelwe. |
| Inkqutyana 3.3: OoVimba | | | | | | | | | |
| 2 | Iinkqubo zolwazi zoluntu | 3.3.1 | Inani leenkqubo zolwazi zoluntu eziqhutywe koovimba | 1 | 5 | 4 | 13 | +9 | Abasebenzi abongezelelweyo baqeshwa ukuqhuba iinkqubo zofikelelo, yaye intsebenziswano kunye namanye amaziko afana neYunivesithi yaseNtshona Koloni kunye neNkonzo zeThala leencwadi zinikele kwiinkqubo zofikelelo eziqhutyweyo. |
| 2 | Iiprojekti zembali yomlomo | 3.3.2 | Inani leeprojekti zembali yomlomo eziqhutyweyo | 4 | 4 | 5 | 5 | - | - |
| 2 | Amanganelo oqeqesho | 3.3.3 | Inani lamanganelo oqeqesho | 7 | 11 | 6 | 13 | +7 | Izicelo ezangezelelweyo zoqeqesho zafunyanwa zivela koomasipala. |
| 2 | Imibuzo eqwalaselweyo | 3.3.4 | Inani lemibuzo eqwalaselweyo | 2 932 | 5 232 | 3 550 | 4 428 | +878 | Imibuzo iqhutywa libango yaye ngoko kunzima ukuqikelela ngokuchanekileyo. |
| 2 | Utyelelo lwaBaphandi kooVimba | 3.3.5 | Inani lotyelelo olwenziwe ngabaphandi kooVimba | 2 649 | 4 196 | 3 955 | 5 281 | +1 326 | Inani labatyeleli kwigumbi lokufundela liqhutywa libango ngoko kunzima ukuqikelela ngokuchanekileyo. |

INKQUBO 3: IINKONZO ZETHALA LEENCWADI NOOVIMBA

| Isiphumo | Ingcebiso | Inani | UMgqalisela wengcebiso | Izifzekiso ezizizo 2020/2021 | Izifzekiso ezizizo 2021/2022 | Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2022/2023 | Izifzekiso ezizizo 2022/2023 | Ukunjaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifzekiso 2022/2023 | Izimvo ngokunjaxha |
|----------|--|--------|---|------------------------------|------------------------------|--|------------------------------|--|--|
| 2 | Iirekhodi zooVimba ezivuselelweyo | 3.3.6 | Inani leerekhodi zooVimba (amaxwebhu) avuselelweyo | 425 | 599 | 570 | 577 | +7 | Iirekhodi ezingaphezulu zavuselelwa kusekwe kwibango ngabaphandi. |
| 2 | Umlinganiselo weemitha weerekhodi ezilungelenisiweyo | 3.3.7 | Inani lomlinganiselo weemitha weerekhodi ezilungelenisiweyo | 166.8 | 259 | 241 | 270.24 | +29.24 | Amaqela alungisiweyo eerekhodi ahlukana ngobukhulu; isambuku esiqikelelweyo singahlukana. |
| 2 | Inkxaso ejolisileyo | 3.3.8 | Inani lamaSebe elifumene inkxaso ye-ECM ejolisileyo | 2 | 2 | 3 | 3 | - | - |
| 2 | Iinkqubo zohlelo ezivavanyiweyo kunye/okanye ezamkelweyo | 3.3.9 | Inani leenkqubo zohlelo lweerekhodi ezivavanyiweyo kunye/okanye ezamkelweyo | 124 | 185 | 115 | 222 | +107 | Ukuhlaziywa kwamanye amasebe ephondo kunye namaziko olawulo, kubandakanywa ukusekwa kwamasebe amatsha, kukhokhelele kwizicelo ezingaphezulu zokuvavanywa nokwamkelwa kwenkqubo ehleliweyo. |
| 2 | Uhlolo oluqhutyiweyo | 3.3.10 | Inani lohlolo oluqhutyiweyo | 22 | 31 | 30 | 33 | +3 | Uhlolo olungaphezulu luqhutywe xa luceliwe. |
| 2 | Izigunyaziso zokulahla ezikhutshiweyo | 3.3.11 | Inani lezigunyaziso zokulahla ezikhutshiweyo | 19 | 19 | 15 | 15 | - | - |
| 2 | Uluhlu lwempahla oluqulunqiweyo yaye lwahlaziywa | 3.3.12 | Inani loluhlu lwempahla oluqulunqiweyo yaye lwahlaziywa | 5 | 8 | 8 | 8 | - | - |

Qaphela: Iiseli zomgqalisela ezinombala ohobe zibonisa imigqalisela ehlaziyiweyo.

* Lo mgqalisela awubandakanyanga iintlanganiso eziqhutywa nge-intanethi ukuza kuthi ga kowama-2021/22.

Iqhinga lokusombulula imiba yokusebenza nganeno kokulindelwe

Ukuqinisekiswa kweenkcukacha zamanani obulungu bethala leencwadi obungeniswe ngamathala eencwadi karhulumente kuya kuqinisekiswa ukuchaneka, ukunyaniseka, kunye nokuphelela.

Isibe lilindele isizinda seenkcukacha zamanani seSLIMS sibe sivuselelwe ngokupheleleyo yaye siyasebenza ngeyeKhala 2023. Iindawo ezangezelelweyo zangezelelwe kwiprojekti RLCP ukuqinisekisa ngokuba umsebenzi uhlala usemgaqweni.

Ukusebenza okunxulumene kwiiNgcebiso ezibekwe emgangathweni kunye neMigqalisela yeNgcebiso elungiselelwe amaCandelo eMisebenzi eQhutywa kunye

Zonke iingcebiso ezibekwe emgangathweni kunye nemigqalisela yengcebiso ibandakanyiwe kwiziCwangciso zokuSebenza zoNyaka zaze ngoko zamiliselwa kwaze kwanikwa ingxelo ngazo kwiNgxelo yoNyaka njengoko kubonisiwe kwitheyibhile yokusebenza engasentla.

Ukuxulunyiswa komsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali

Inkcitho yeNkqutyana elungiselelwe iNkqubo 3: IiNkonzo zamaThala eeNcwadi nooVimba yaba njengoku kulandelayo:

| Inkqutyana | 2022/23 | | | 2021/22 | | |
|---------------------------|---------------------------------|---------------------|---|---------------------------------|---------------------|---|
| | Ulwabiwo-mali lokugqibela R'000 | Eyona nkqitho R'000 | Inkcitho (Ngaphezulu)/ Ngaphantsi R'000 | Ulwabiwo-mali lokugqibela R'000 | Eyona nkqitho R'000 | Inkcitho (Ngaphezulu)/ Ngaphantsi R'000 |
| ULawulo | 9 329 | 7 815 | 1 514 | 8 726 | 6 959 | 1 767 |
| Inkonzo yethala leencwadi | 379 462 | 379 336 | 126 | 416 259 | 413 332 | 2 927 |
| IiNkonzo zooVimba | 51 227 | 44 587 | 6 640 | 22 748 | 21 644 | 1 104 |
| Zizonke | 440 018 | 431 738 | 8 280 | 447 733 | 441 935 | 5 798 |

Inkcitho engaphantsi yenzeke kwiMbuyekezo yaBasebenzi (CoE) nakwiMpahla neeNkonzo (G&S) ngenxa ikakhulu yolityaziso ekuzalisweni kwezithuba kunye nenkcitho eyabiweyo ebisele inekhonthrakti kodwa ingaqukunjelwanga ngomhla wama31 kweyoKwindla 2023, yaye iingxowa-mali ezingachithwanga zinxulumene kwi-MyContent (iNkqubo yoLawulolokuQulathiweyo kweShishini (ECM)) ngenxa yolityaziso kukuthengwa kwe-Advance Electronic Signatures (AES) yi-Arhente kaRhulumente yeTheknoloji yeNgcaciso (SITA). Ulityaziso kwiCoE lubangelwe ikakhulu lixesha elifunekayo lokuvavanywa kwezithuba ezibudala bungaphezulu kweminyaka emihlanu; imingeni ekufunyanweni kwabagqatswa abafanelekileyo okube nomphumela ekupapashweni kwakhona kwezithuba. Isicelo sokuqengqelwa kwenkcitho eyabelwe iG&S kunyaka-mali omtsha sangeniswa, yaye ulwabiwo ngokutsha kweengxowa-mali ezinxulumene neprojekti yeAES sangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo.

4.4. INkqubo 4: IMidlalo noLonwabo

Injongo

Ukubonelela ngemisebenzi yoLonwabo neMidlalo kubantu baseNtshona Koloni.

IINkqutyana

INkqutyana 4.1: ULawulo

Ukubonelela ngenkxaso yeqhingha kwicandelo lezeMidlalo noLonwabo.

INkqutyana 4.2: EzeMidlalo

Ukukhuthaza ezemidlalo ukwenza igalelo elibhekiselele kuxolelwano nakuphuhliso loluntu lwaseNtshona Koloni ngokunikezelwa kweenkqubo neenkonziso ezilinganayo, ezifikelelekayo nezibonelelo zemidlalo ezixabiso lifikelelekayo.

INkqutyana 4.3: Ezolonwabo

Ukukhuthazwa kwemisebenzi yezolonwabo ngokusetyenziswa kweenkqubo ezinzileyo; ukubonelela ngoncedo kwimibutho yezolonwabo ngeenjongo zophuhliso oluthile; nokusebenzisa ezolonwabo ukuxhasa nokukhuthaza ubomi obudlamkileyo nobusempilweni.

INkqutyana 4.4: Ezemidlalo ezikolweni

Ukukhuthaza ezemidlalo ezikolweni ngokuncedisa kumacandelo, ukhuphiswano, uchongo lwetalente, uphuhliso kwakunye nemidlalo ethile, ekwelinye inqanaba elilandelayo eliphezulu.

INkqutyana 4.5: INkqubo yeMOD

Ukubonelela abafundi ngenkqubo yolonwabo equlunqiweyo nocwangcisiweyo, eyemihla ngemihla, eqhutywa ukuphuma kwesikolo, ethi ibandakanye isibonelelo somdlalo ozele lulonwabo kunye namathuba nemisebenzi ehlenga-hlengisiweyo.

INkqutyana 4.6: INkqubo yoLutsha neyaseMva kokuPhuma kweSikolo

Ukuxhaswa kolutsha kwiPhondo, ukwakhiwa kwekhono lecandelo nokunikezelwa kwezixhobo ukuqinisekisa ngeenkqubo ezilungileyo. Oku kubandakanya iinkqubo zokutyebisa ezijolise kubafundi abasesesikolweni kunye neenkqubo zolutsha olungasekho esikolweni. Ekujoliswe kuko kuya kuba kwiinkqubo ezinikezela amathuba amabini kubaxhamli kunye namacandelo kumisebenzi wehlabathi okanye ukufunda kolutsha eNtshona Koloni.

Umnikelo kwiMiphumela yeZiko

INkqubo inikela kuMiphumela 3 weSebe ngokunikezela ngofikelelo namathuba okuthatyathwa kwexaxheba kwimidlalo nakulonwabo.

Imiphumela yeqhinga, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezifizekiso ezizizo

IMIDLALO

UPhuhliso lweKlabhu

INkqubo yoPhuhliso lweKlabhu luqhubile ukwakha icandelo ngentsebenziswano nemibutho yoluntu, iMibutho eManyeneyo yeMidlalo, amaBhunga eMidlalo eSithili kunye nooMasipala ukulungiselela ukuyila ubume obuncedayo bokokuba iiklabhu zithabathe inxaxheba kwimidlalo ebalulekileyo. IiKlabhu ezingama200 zifumene izixhobo kunye/okanye impahla yokudlala. Ubuncinane, bama50 epesenti eeklabhu ezixhasiweyo akwimimandla yasemaphandleni nakuluntu lwasezifama. IMibutho eManyeneyo yeMidlalo kunye neeklabhu ezimanyeneyo zibonelelwe kule nkqubo ngesibonelelo sezothutho ukuya kwiinkqubo zeligi zazo ezahlukeneyo, imirhumo yomanyaniso/yobhaliso kunye neenkqubo zolwaxhiwo lwekhono. Abalawuli beklabhu, abaphathi, amagosa obuchule, iimbaleki, kunye nabaqeqeshi baphuhlisiwe kulungiselelwa ubonelelo lweeklabhu zabo.

Ukuhlangana koManyano

ISebe lixhase ngemali imibutho emanyeneyo yemidlalo eli134 kuzo zonke izithili ezithandathu ezizezi iCentral Karoo, iGarden Route, iOverberg, iCape Winelands, iWest Coast kunye neKapa (uMasipala oMbaxa). Le nkxaso-mali incedise kwiprojekti zolawulo, zophuhliso, zothutho, zolwaxhiwo lwekhono kunye nezenguqulelo kumanyano nokuqinisekisa ngento yokuba amaqela ayayizimasa imisitho yesizwe.

AmaBhunga eMidlalo kunye noManyaniso lweMidlalo lwePhondo leNtshona Koloni

UManyaniso lweMidlalo yePhondo leNtshona Koloni (WCPC) luqulunqa iqumrhu eliphetheyo lwemidlalo kwiPhondo. I-WCPC iqulathe amabhunga emidlalo ezithili ezithandathu athi abe yinxalenye yoManyaniso yaye lubandakanywe kwiManyaniso yeMidlalo yoMzantsi Afrika kunye neKomiti ye-Olimpiki (SASCOC). Lusebenza ngokusondeleyo neSebe, lujolise ekuqhubeni iinjongo zesizwe zeNSRP kwinqanaba lephondo. I-WCPC ilawula amaBhunga eMidlalo eSithili ukuqinisekisa ngento yokokuba iinjongo zemidlalo nezolonwabo ziyahlangatyezwa kwisithili ngasinye. Iindima zeWCPC kunye nababandakanywe kuyo, kubandakanywa phakathi kwezinye: ulungelelaniso lophuhliso lwemidlalo kuzo zonke iikhowudi zemidlalo ezikwiPhondo; ukuqinisekisa ngento yokuba ulawulo olulungileyo luyenziwa; ukunceda umanyano lwemidlalo ngeenkqubo zalo zokusebenza nzima ezifana nokuchongwa nokuthatyathwa kwenxaxheba sisininzi; ukuqinisekisa ngento yokuba iindlela zolawulo nezokusetyenziswa kwemali okulungileyo kuyalandelwa; ukuphathwa nokulawulwa kobandakanyo kumanyano lwemidlalo; nokuqinisekisa ngento yokuba okuphambili kurhulumente kunye nemigaqo-nkqubo njengoko ichaziwe iyahlangatyezwa yaye iyamiliselwa.

Amacala amathathu

Inkqubo emacala mathathu (intlanganiso yabaxhamli, isebe, kunye nebhunga elifanelekileyo lesithili lemidlalo) rhoqo yonyaka-mali iyaqhutywa nazo zonke iiManyano ezithi zifumane iingxowa-mali ezivela kwiSebe. Inkqubo iqalea kweyoMqungu nangeyoMdumba wama2023 kwisithili ngasinye, ngentlanganiso ezinyaswayo ngabantu kunye nezibanjwa ngonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha, kunye neSebe, ibhunga lesithili ngasinye,

kunye nombutho omanyeneyo oxhamlayo wemidlalo okokuba linike ingxelo ngeengxowamali ezinikezelwe liSebe nendlela ezisetyenziswa ngayo.

Amanina namantombazana

Ngokuhambelana nesiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo (NSRP), ugxininiso olulodwa lubekwe kubandakanyo, ukuxhotyiswa, nokukhuthazwa kokuphambili kukarhulumente okt., kulutsha, abagugileyo, amanina namantombazana, uluntu lwasemaphandleni, kunye nabantu abakhubazekileyo. Kunyaka ngamnye, iSebe lisebenza ngokusondeleyo neWCPSC, amaBhunga eMidlalo eSithili, iKhomishini yaManina naMantombazana, iMibutho eManyeneyo, ukuzalisekisa esi sigunyaziso nokuqinisekisa ngento yokuba iinkqubo ezinikezelwe ukuxhobisa amanina namantombazana ziyamiliselwa. ISebe lixhase iinkqubo zamanina namantombazana ezilishumi kunyaka ophantsi kovavavnyo.

Inkxaso-mali kwimibutho yeembaleki ezikhubazekileyo yafumaneka ngokusetyenziswa kwenkqubo yokukhutshelwa kwenkxaso-mali kwicandelo leMidlalo yaBakhubazekileyo leNtshona Koloni (DISWEC), kunye neeprojekti ezisekwe kuluntu ezixhaswa yimibutho emanyeneyo.

Amaqhawe emidlalo

Umsitho wokuhlonipha amaqhawe emidlalo avela kwiikhowudi ezahlukeneyo zemidlalo kunye noluntu wabanjwa kweyoMnga 2022, ePaarl yaye yamkelwa kakhulu lucandelo.

Imisitho engundoqo

Ngesithuba sowama2022/23, icandelo lemisitho engundoqo lixhase imisitho engundoqo eli135 kuzo zozithandathu izithili lincedisela kuvuselelo loqoqosho emva kobhubhane weCovid-19 eMzantsi Afrika nokukhuthaza ukhenketholwemidlalo nokuthengiswa kweendawo zokufikela. ISebe lixhase imisitho efanana noFormula E, iNdebe yeHlabathi yoMboxo yabadlalali abasiXhenxe, iMasters Hockey Championship, iNdebe yeHlabathi yaManina ye-ICC T20, kunye neSA Mzantsi League (Cricket T20). ISebe lisingethe iCape of Great Events Conference ngentsebenziswano neDotP, DEDAT kunye neWesgro ngomhla wesi3 kweyoMdumba 2023, kunye neNtetho engeNkcubeko neeNqobo ezisesikweni njengomxholo, ze laseka indawo enye yokungena yemisitho esekwe eNtshona Koloni.

USuku lweMidlalo noLonwabo

liNtsuku zeMidlalo noLonwabo zibanjwa rhoqo ngonyaka. ISebe lisingethe imisitho kuzo zonke izithili zeNtshona Koloni. Kulo nyaka kubekho ukwanda kuthatytho nxaxheba kuzo zonke izithili. liNtsuku zeMidlalo noLonwabo zinxulunyaniswe nempilo-ntle yabasebenzi.

AmaBhaso eMidlalo

ISebe lisingethe amaBhaso eMidlalo eNtshona Koloni ngeyoMsintsi 2022 apho imbaleki, abaphathi, abaqeqeshi, kunye namanye amalungu oluntu lwemidlalo ahlonitshwa kumacandelo amabhaso angama24. Ngaphezulu, amabhaso eMinisterial Commendation anikezelwa kubantu abane, abachazwe ngokunjalo ngasezantsi.

Uluhlu lwabagqwesileyo elifumene amabhaso ngaba balandelayo:

- a) UMphathi woNyaka Year (Sylvia Bruckner)
- b) Umdlali oyindoda woNyaka (Günther Kramer)

- c) Umdlali oyindoda woNyaka oKhubazekileyo (Jonathan Ntutu)
- d) Umdlali oliNina woNyaka (Glenda Pieters)
- e) Umdlali oliNina woNyaka oKhubazekileyo (Minke Janse van Rensburg)
- f) IQela loNyaka (Western Cape Saddle Seat Equestrian Team)
- g) UMfiki woNyaka (Duwayne Adams)
- h) UMqeqeshi woNyaka (Desiree Ellis)
- i) IVolontiya loNyaka (Joy Goulooze)
- j) IQela leMidlalo yeMveli loNyaka (Central Karoo Jukskei)
- k) UManyano lweSithili loNyaka (West Coast Netball)
- l) UManyano lwePhondo loNyaka (Western Cape Cycling)
- m) IQumrhu loLonwabo loNyaka (Sxolies Aerobics and Fitness Club)
- n) UMfoti woNyaka Photographer of the Year (John Wessels)
- o) Umpapashi weeNdaba woNyaka (Adnaan Mohamed)
- p) IQela leSikolo loNyaka (Generation School)
- q) IQela eliPhuhlayo leSikolo loNyaka (Indwe High)
- r) INgqwalasela yokuGqwesa kuBuchule (Willem Gilliomee)
- s) UMakhi weMidlalo kuLuntu woNyaka (Conroy Williams)
- t) Umdlali oseLula oliNina woNyaka (Holly Cleworth)
- u) Umdlali oseLula oyindoda woNyaka (Ethan Kulsen)
- v) Umdlali weZikolo oyindoda woNyaka (Ethan Kulsen)
- w) Umdlali weZikolo oliNina woNyaka (Leigh van Zyl)
- x) I-Ministerial Commendation - David Bellairs (umkweli webhayisikili); Valerie Goliath (ibhola yomnyazi nentenyeta); Mark Nicholson (IMidlalo yeNGO) kunye noJohn Dobson (umbhoxo)

Uluhlu lwabagqwesileyo beNtshona Koloni kumaBhaso eMidlalo yeSA

- a) Umdlali oyindoda woNyaka oKhubazekileyo (Jonathan Ntutu)
- b) Umdlali oliNina woNyaka oKhubazekileyo (Minke Janse van Rensburg)
- c) IQumrhu loLonwabo loNyaka (Waves for Change – Surfing)
- d) I-Steve Tshwete Award (Elizabeth Cameron-Smith - Gymnastics)

Amaziko

Ukuqinisekisa okokuba imidlalo nolonwabo yoMzantsi Afrika ixhaswa ngamaziko awaneleyo nagcinwe kakuhle, iDCAS incede ooMasipala abathathu ngokusebenzisa isabelo esilinganayo abangaba owaseStellenbosch, eGeorge, nowaseWitzenberg.

Amaziko emfundo

I-Western Cape Sports Academy (WECSA) ingene kuthelwano neSports Science Institute of South Africa (SSISA). Olu thelwano luya kuba luncedo kumaziko emfundo eembaleki ephondo nawesithili kwiPhondo. Inkqubo yeziko lemfundo inikezela ngeenkono ezilungileyo kwiimbaleki ezifezekise ibango njengoko uninzi lweembaleki belukhuphisana kwisithili, kwiphondo, kwisizwe, kwilizwekazi, nakukhuphiswano lwehlabathi. Ngethuba lolu khuphiswano, ezinye zeembaleki zibe nakho ukuthabatha inxaxheba ngenxa yenkxaso yenzululwazi nonyango olunikezelwa yinkqubo yeziko lemfundo.

Uthelwano olomeleleyo kunye neManyano luyiliwe ukulungiselela ukunikezela ngenkqubo yemfundo neyoqeqesho elungiselelwe abaqeqeshi nabaphathi. I-Western Cape Sports Academy igqibe uphuhliso lwayo lombutho njengoko oku kuya kuqinisekisa ngento yokuba iqhinga layo lilungelelanisiwe ngokuhambelana nabasebenzi abanobuchule bokunikezela inkqubo.

UMdlalo wokuThamba woRhulumente weNtshona Koloni

Umdlalo wokuthamba uququzelela iinkqubo zempilo nempilo-ntle ezikhokhelwe ngabaqeqeshi basejim. Ezo nkqubo ziqhubekile zidlala indima ebalulekileyo kwimpilo, kwimpilo-ntle yaye baphile qete abasebenzi boRhulumente weNtshona Koloni. Iqela linikezele kumalungu athabatha inxaxheba kwiinkqubo ngezicwangciso zokutya, uhlolo lokuphila qete (BMI kunye noxinzelelo lwegazi), iinkqubo zokuthamba, kunye nokuza kuhlolwa rhoqo ngeveki kukhangelwa inkqubela phambili.

Iinkqubo ezilandelayo zaququzelelwa kulungiselelwa amalungu:

- Umngeni wokuPhila qete waseBusika
- Ukutshayisana kweeNcutshe
- USuku lweMpilo-ntle
- UMngeni weMpilo-ntle

Iqela lincede ngakumbi amagumbi okuthamba okokuba amisele izixhobo zokuthamba ngokuhambelana nezithethe nemigangatho. Ngaphezulu, igumbi lokuthamba liseke uthelelwano kunye namanye amasebe ukuzisa imisebenzi yempilo nempilo-ntle kubasebenzi.

ULONWABO

Umsitho weSithili weMidlalo yeMveli iqhutywe kwizithili ezahlukeneyo kwiPhondo. Behlanganisiwe ngabathathi nxaxheba abangama-2 000 abaphuma kwizithili ezithandathu abaqinisekise ngokubuyela bathabathe inxaxheba luluntu lweMidlalo yeMveli emva kokuphazanyiswa yiCovid-19. Ngomhla wama-21 kuCanzibe 2022, izithili ezilandelayo zisingethe imidlalo yazo: iCape Winelands eWorcester, i-Overberg eHermanus, kunye neWest Coast eMalmesbury, ngeli thuba umhla wama-28 kuCanzibe kwabelwana ngawo nguMasipala oMbaxa waseKapa eKraaifontein, iCentral Karoo eBeaufort West, kunye ne-Garden Route eRiversdale ngokwahlukahlukeneyo.

IMidlalo yePhondo yasingathwa nguMasipala oMbaxa waseKapa eWestern Cape Sport School ukususela ngomhla we16 ukuya kowe17 kweyeKhala 2022. Iikhowudi ezahlukeneyo kunye nabantu bazo babonwabile ukuba babe kunye kwindawo enye kwakhona. UMnyhadala weSizwe weMidlalo yeMveli uqhutywe eGamalakhe, kwiSithili u-Ugu eKZN, ukususela ngomhla wama23 ukuya kowama29 kweyoMsintsi 2022. Iikhowudi ezilandelayo zaqhuba kakuhle: iDiketo female (imedali yegolide), iqela lamadoda leJuskei (imedali yegolide), iqela iKgati team (imedali yesilivere), IIntonga amadoda amancinane namadala (iimedali zesinyithi).

NgeyeDwarha wama-2022, iSebe lasebenzisana noManyano lweeMbaleki wePhondo leNtshona Koloni ukukhuthaza uHambo (Big Walk) lwePhondo. Umsitho wasingathwa ngamalungu amabini abandakanyiweyo kuManyano, angala i-ARD Athletics Club kunye ne-Intouch Athletic Club. Amanani okuthatyathwa kwenxaxheba kulo msitho aphucuka kakhulu ngokunjalo xa kuthelekiswa nomsitho wonyaka odlulileyo owawubanjwe ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha owawunabathabathi nxaxheba abangama207 ekubeni lo msitho uzinyasiweyo utsale umdla wabathathi-nxaxheba abangama2 140. Izithili zasemaphandleni kulo lonke iPhondo zisingethe ngokunjalo uhambo lwabo (big walk) olusekwe kwisithili. KulwesiHlanu wokuqala kweyeDwarha 2022, iSebe ngentsebenziswano neWestern Cape loveLife lisingethe ngempumelelo umsitho woSuku lweSizwe loLonwabo kwaLanga, eKapa. Le

misitho yenziwa yaqhubeka ngothelwano elithe iSebe lwanalo nabachaphazelekayo kunye nabathai-nxaxheba.

Ngaphezulu, amaZiko oLonwabo/iziZinda aqhubile ukukhuthaza ukuthatyathwa kwenxaxheba mihla le. La maZiko/iziZinda oLonwabo, abandakanya ukuthatyathwa kwenxaxheba kwinqanaba le-ECD kwimisebenzi yolonwabo, yaye asebenza njengazalisa ngabantwana kwizikolo zobumelwane, ezisekwe kwizikolo zaseprayimari, kumaZiko eMOD, ngoko kuyilwa ukuqaliswa kofikelelo oluqhubekayo nokuchanatywa kumathuba anikezelwayo kusetyenziswa iNkqubo yeMOD. Ngokunjalo, kube kuhle ukwamkelwa kwabanye babantu abadala kwakhona kukuthatyathwa kwenxaxheba emva kobhubhane weCovid-19. Zonke izithili ezithandathu zisingethe imisitho esekwe kwisithili yeGolden Games.

Uhlelo lwe-10 lweKampu yeSizwe yoLutsha, inkqubo yesizwe enikezelwa ngamaphondo onke, ylwasingathwa ngempumeleloliSebe, ukususela kumhla wesi3 ukuya kowe10 kweyoMnga 2022 eWaterval Country Lodge, eTulbagh. Abafundi kwakhona bachanatywa kumathuba awahlukeneyo angalibalekiyo kunye nokufunda ngokusetyenziswa kwenkqubo ezele lulonwabo yeveki yonke.

IMIDLALO YESIKOLO

INkqubo ikhuthaze imisebenzi yemidlalo yesikolo, ngokuxhasa nokunceda abachaphazelekayo abahlukeneyo abafanelekileyo kunye nabathathi-nxaxheba kwicandelo lemidlalo yesikolo. Inkxaso ibandakanya kodwa ayiphelalang apho, ekuxhaseni uphuhliso lwetalente, ukusingatha ukhuphiswano, ukuchongwa kwetalente, uqeqesho, ngokunjalo nenqanaba elilandelayo kunye nokuthatyathwa kwenxaxheba okusekwe kubugcisa.

Ukususela kukuguzulwa kwezithintelo zeCovid-19, yonke imidlalo yesizwe yeSchool Sport Championships yaqaliswa ngowama2022. ISebe lijolise ekuthabatheni inxaxheba kuzo zolishumi elinesithandathu iikhowudi eziphambili zemidlalo. Iikhowudi ekuhlanganwayo kuzo nezo kungahlanganwa kuzo, zavunyelwa okokuba ziqhube. Oku kuzise amandla adlamkisoyo athe akhuthaza:

- Ugxininiso kukukhethwa kweembaleki ezinetalente nabadlali, kuwo onke amanqanaba afanelekileyo, ukususela kukuthatyathwa kwenxaxheba sisininzi ukuya kobugcisa.
- Imisebenzi ephakathi kwesekethe/kwecandelo kwinqanaba lesithili, kuqhutyekwe kuthatyathwe inxaxheba kwiphondo ze kuyiwe kwinqanaba lesizwe.
- Indlela ebeka imbaleki kunye nomaqeqeshi embindini.
- Ukuqeqeshwa kootitshala namavolontiya.

Ngenxa yoku kungasentla, kunye nethuba lokuthabatha inxaxheba kwinqanaba lesizwe, iQela leNtshona Koloni lathweswa njengentshatsheli kuyo yomibini iMidlalo yaseBusika neyaseHlotyeni yowama2022. Ibe kokuqala okokuba iQela leNtshona Koloni lithweswe ubuntshatsheli nakuluphi na uhlelo lweSouth African National Schools Championship, ukususela kwasekuqulunqweni kwayo ngowama-2012.

IMidlalo yeSikolo iqhutywa kwizithili ezisithoba, kubandakanywa izithili zemfundi ezisibhozo, yaye ezi zilungelelaniswe kwizithili zikamasipala ezithandathu. Kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo, iMidlalo yeSikolo ibandakanya ukuqhubeka inceda kuphuhliso lwamaqela acongijweyo kwizithili ngazinye. Uthelwano kunye nabachaphazelekayo abafanelekileyo

nabathathi nxaxheba abakumaqela achongiweyo lwaqhutywa. Ukuphuhliswa kwala maqela phambili, isebe linikezele ngezibonelelo zabasebenzi nezakhiwo.

Ukuqinisekisa okokuba iimbaleki ezinetalente kakhulu ezisesesikolweni zinikwe amathuba okuba ziqhubeke ziye kwinqanaba elilandelayo, bachanatywe kumathuba okuchongwa kwetalente kumanqanaba esithili nakwelephondo. Iimbaleki ezisesesikolweni ezinetalente kakhulu kwinqanaba lesithili zachongwa ze zafaneleka okokuba zithathe inxaxheba kwimidlalo yokukhupha intshatsheli kunye/okanye kwimidlalo yolinga. Iimbaleki ezinetalente ezichongwe kwinqanaba lephondo zithe ngoko zakhethwa okokuba zimele iNtshona Koloni kwiintshatsheli zesizwe ezifana neMidlalo yobuNtshatsheli yaseBusika neyaseHlotyeni. Ukulungiselela amaqela ephondo, iinkampi zoqeqesho ziqhutywe phambi kokuthatyathwa kwinxaxheba kule midlalo yobuntshatsheli.

KwekaCanzibe yowama2022, iSebe liqinisekise ngento yokuba amacandelo ekhowudi ephambili yemidlalo yesikolo alishumi elinesithandathu azisiwe malunga yaye amilisele uMgaqo-nkqubo wokuKhuselwa kwaBantwana kwiMidlalo. Lo ngumgaqo-nkqubo onjalo ukubaluleka ukulungiselela ukukhuselwa kolutsha, ingakumbi, ulutsha olusesesikolweni. Ngaphezulu, iDCAS ixhase lamacandelo ekhowudi ngokunikezela ngamathuba oqeqesho afana nesifundo soNcedo lokuQala.

Abafundi besikolo samabanga aphezulu nesaseprayimari abaziMbaleki, abemidlalo enxulumene naManzi kunye nabafundi abaneeMfuno eziZodwa zeMfundo (LSEN), baxhaswa belungiselelwa okokuba bathabathe inxaxheba kwiMidlalo yaseKwindla kukhuphiswano lwephondo nakwisizwe. Inxaso yeDCAS ihlawulela iinkonzo eziyimfuneko kuphela ezifana nothutho, indawo yokuhlala, ukutyisa, kunye nenkxaso yonyango.

INKQUBO YASEMVA KOKUPHUMA KWESIKOLO

UMgaqo-siseko uqinisekisa bonke abantwana ngelungelo kwimfundo yesiseko. Imfundo elungileyo kufuneka ibanike bonke abantwana ithuba elilungileyo kubomi obunempumelelo. Ngoko, icaca ngakumbi ngokusetyenziswa kophandlo into yokuba iyantlukwano kufikelelo kuba nomphumela wesithuba esikhulu semfundo phakathi kwabafundi abaphuma kwizikolo ezinobume obungenazo izibonelelo ezaneleyo kunabo ntanganga babo bakwizikolo ezibonelelwe kakhulu.

Amava emfundo yomntwana abanzi kunoko kwenzeka phakathi kwentsimbi yesi8 kusasa nentsimbi yesi2 emva kwemini. Kubandakanya onke amava obomi kunye namathuba abancedayo ekuphuhliseni izakhono zengqiqo, zomzimba, zentlalo, zomphefumlo nezomoya abaza kuzidinga ukuze baphumelele kwihlabathi. Ukulungiswa kwesi sithuba kudinga wonke ochaphazelekayo – izikolo, abafundi, abazali, iINGO, uluntu – kwimeko yemfundo okokuba badlale indima yabo.

IiNkqubo zeSebe zaseMva kokuPhuma kweSikolo zisebenza ukuyila ubume obuncedayo bomntwana ngamnye okokuba afikelele kumathuba okuphuhlisa izakhono ezingundoqo ezifana nokucinga okukhwencayo, ukuziluleka ngokwakho, ukunyamezela, ukufun'ukwazi, nokuvelana. Zonke ezi ziphuhliswa kubume bobomi obupheleleyo, apho umntwana ngamnye afundelwa rhoqo, athathwe akhutshwe, ze avunyelwe ukuba ahlole yaye athabathe inxaxheba kwimidlalo, kubugcisa, nakwidrama. Enye yeeNkqubo zsemva kokuPhuma kweSikolo, iNkqubo yeMOD, yinkqubo ecangcisiweyo, yasemva kokuphuma kwesikolo, isekwe kukuthatyathwa kwenxaxheba sisininzi ethi inikezelwe kubathathi-nxaxheba

kwabasesesikolweni kunye nolutsha abafikelela kwimisebenzi eyahlukeneyo ecwangcisiweyo, yayo yonke imihla, ezele lulonwabo, yolonwabo, yemidlalo, yobugcisa neyencubeko.

Uthelelwano lweKomiti yoLawulo lwaseMva kokuPhuma kweSikolo (phakathi kweWCG, abanikeli kunye nemibutho ekhuselayo) neforam lusebenze ngamandla ukuxhasa icandelo okokuba lihlale liqhagamshelene nabafundi nokuqinisekisa ngokomelela kwecandelo kubume obuguqakayo. Ukuyilwa nkwabelwana ngengcaciso emalunga necandelo kungummandla ekujoliswe kuwo.

Kunyaka ophantsi kovavanyo iDCAS ijolise kwiNkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo kunye nephulo layo lonyaka le-Lights On After School. Oku kunikezele ngethuba leenkqubo zikarhulumente, ezifana neNkqubo yeMOD, iNkqubo yeSikolo soBumelwane, iYearBeyond, ngokunjalo nezikolo neeNGO okokuba zibonise umsebenzi ongummangaliso eziwenzayo emva kokuba ithuba liphelile losuku lokufunda.

ISebe linkxasa iinkqubo zeSebe kwizikolo ezingama409, ezimalunga nesiqingatha zizikolo ekungahlawulwa mirhumo okanye kuhlawulwa imirhumo ephantsi kwiPhondo.

Amaqabane amaninzi axhaswa ukulungiselela ukunikezela ngeenkqubo zeholide ekunxityelelwana nesambuku sabafundi abangama38 127 bekhuselekile, imisebenzi eyonwabisa, kunikezelwa umfundi ngamnye ngesidlo nokunikezela ulutsha olungama-3 017 ngamathuba engqesho.

IInkqubo yeMOD

Ukuyilwa kobume obuncedayo kumaZiko eMOD yinkqubo equbekayo edinga ukufunwa nokugcinwa kolutsha kwiinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo. Amaqhinga awahlukeneyo anovelwano kuluntu aphuhliselwa ukukhuthaza ukuthatyathwa kwenxaxheba okwenziwa rhoqo nokuzinzileyo kwimisebenzi yasemva kokuphuma kwesikolo.

IInkqubo yeMOD ikhuthaza ifilosofi kunye nemithetho yentlalo yokuphila ngokusempilweni, umsebenzi wobomi bonke, nokufunda ubomi bakho bonke. Ijolise kuphuhliso lwengqondo, lomzimba nolomoya, ngokunjalo nempilo-ntle yabathathi-nxaxheba kunye noluntu apho amaZiko eMOD asebenza khona. Ngaphezulu, inkqubo inikezela ngamathuba omsebenzi yaye abaqeqeshi babonelelwa ngamathuba olwakhiwo lwekhono abanelelayo, ngokunjalo nabantwana kunye nolutsha abasebenza abasebenza nabo.

Le nkqubo isingethwe kulo lonke iPhondo leNtshona Koloni, apho amaZiko eMOD asekhona mhlawumbi kwisikolo saseprayimari okanye kwisikolo samabanga aphezulu. Ngokubanzi, amaZiko eMOD asekhona kwisikolo saseprayimari asebenza njengabanikeli kubumelwane baso, kumaZiko eMOD asekhona kwikolo zamabanga aphezulu, Ngenye indlela, umfundi unikwa ithuba lokufumana ufikelelo oluqhubekayo nokuchanatywa kumathuba anikezelwayo kusetyenziswa iNkqubo yeMOD, isithuba esangezelelweyo. Abathabathi-nxaxheba bayakhuthazwa ngokunjalo ukuba bangenele ulonwabo olwahlukeneyo, imidlalo, ubugcisa, kunye neeklabhu zenkcubeko ezikwiingcingqi zabo zoluntu ukukhuthaza umsebenzi wobomi bonke.

AmaZiko eMOD asekhona ikakhulu kwimimandla ebijongelwe phantsi ngaphambili. Obu bubume apho uninzi, ukuba ayingabi ngawo onke amaZiko eMOD bahlala kuwo nalapho amaziko ahlupekileyo, aizibonelelo nokhuselo lungekho. Nangona kukho obu bunzima kunye neemeko, ngokusetyenziswa kwemiba yobuntu efana nokunyamezela, uthando nokuzibophelela, uninzi lwabathathi-nxaxheba ababonakalise ikhono lophuhliso

olungaphezulu babe nethuba lokubonisa nokuqhubela phambili izakhono zabo kulungiselelwa uphuhliso olungaphezulu. Ngokuchongwa kwetalente ezahlukeneyo kunye neenkqubo zophuhliso lwetalente, abathathi-nxaxheba ababonise ikhono nokuqhubela phambili izakhono zabo kunye neetalente kwimisebenzi yokuthatyathwa kwenxaxheba kwinqanaba elilandelayo.

Abaqeqeshi beNkqubo yeMOD bakhuthaze amaZiko abo eMOD ngokukhumbula iinkqubo yovuyiswano ezahlukeneyo umz., uSuku lweNkululeko, uSuku lwaBasebenzi, uSuku lukaNelson Mandela, uSuku lweSizwe lwaManina, uSuku lweLifa leMveli, kunye noSuku loXolelwaniso.

Abanye babaqeqeshi kunye nabafundi abathabathe inxaxheba kwiNkqubo yeMOD abanetalente echongiweyo okokuba bathabathe inxaxheba kwimisebenzi yenqanaba elilandelayo kunye nokhuphiswano. Inkqubela phambili yabo ithetha ukuba bamele iNtshona Koloni kwiikhowudi ezahlukeneyo zemidlalo, kwimiboniso yobugcisa kunye neyenkcubeko nemiboniso.

INkqubo yeZikolo zoBumelwane

INkqubo yeZikolo zoBumelwane kubume beSebe, ibhekiselele kukuchongwa kwangaphambili kwezikolo ezikubumelwane obunye njengeZiko leMOD. Le nkqubo inikezela ngamathuba kubafundi abasezikolweni abakubumelwane obuye neZiko leMOD. Inkqubo ijolise kuphuhliso lwezakhono, ukuthatyathwa kwenxaxheba kwikhowudi ethile nokukhuthazwa kweekhowudi eziphambili ezilishumi elinesithandathu zeMidlalo yeSikolo. ISebe linikezele ngenkxaso kumaZiko eSikolo soBumelwane ali-134, anxulunyaniswe kumaZiko eMOD ali-181.

Ukugqalwa ngokusetyenziswa kokufunyenwe kolunye uphando, kumava, kukufundiswa kunye/okanye kokufundiweyo, kuqaqambisa okokuba abafundi abaninzi kubandakanywa nolutsha, ngokunjalo namalungu oluntu kuninzi lobumelwane, bafumana ukuchanatywa mihla le kububi bentlalo obugqubayo nezigrogriso kubomi babantu. Ngokunjalo, abantu abaninzi kwezi ngingqi zobumelwane bathe badakumba, baziva bephila kubume bokuphelelwa lithemba, ababoni kamva liqaqambileyo, abazazi ukuba bangabaphi na, kunye/okanye baziva belahlekelwe bubuntu babo okanye Ubuntu babo yinto engekho kwaphela.

ISebe, kumda wesigunyaziso salo, liqalise uhambo kunye nenkqubo, ethi incede ngoyilo kunye/okanye ngobonelelo lwethuba leendawo zokufikelela, kulungiselelwa ulutsha olusesesikolweni, kubume boluntu lwesikolo, lobumelwane, elizifumana likwindawo esembindini wesithili. ISebe liphuhlise indlela ehlangeneyo ephelileyo ehlanganisa amacandelwana oPhuhliso lweMidlalo, angala, uLonwabo, iNkqubo yeMOD kunye neMidlalo yeSikolo.

Ngenkqubo ehlanganisiweyo, ukuthatyathwa kwenxaxheba okuzayo kuya khuthazwa. Okuzayo kunikezele ulutsha olusesesikolweni ngeendawo zofikelelo kwithuba, eliqalela kwinqanaba lokuPhuhliswa koBuntwana kwaNgethuba (ECD) ukuya kwinqanaba lokuba sesikolweni, ukuqhubeka luyokutsha kwimfundo ephakamileyoze ekugqibeleni kumathuba engqesho. Ukusetyenziswa kwezikolo njengeendawo ezikhuselekileyo ezilungiselelwe iimbaleki (ulutsha) olusesesikolweni, kunikezela ngethuba lokokuba zithabathe inxaxheba kwimisebenzi yemidlalo, kubugcisa kunye okanye kweyenkcubeko ngeeyure zasemva kokuphuma kwesikolo.

Inkqubo isebenzisa imisebenzi yolonwabo, imisebenzi ehlenga-hlengisiweyo, imisebenzi yokuthamba yomzimba, ulonwabo, imidlalo, ubugcisa, kunye nenkcubeko ukukhuthaza ubudlelwane obuqinileyo phakathi kwabantu, ngokunjalo nokuba yimbumba yamanyama, ukuhloniphana nokuqondana, nentlonipho yemfezeko kunye nesidima somntu. AmaZiko eSikolo soBumelwano kunye nelinge lezikolo zobumelwane kunye nendlela equlathe yonke imiba yokuthatyathwa kwenxaxheba kwexesha elide kunye nesicwangciso sophuhliso lomqeqeshi. Ngoko, indlela iqulathe amalungu afanelekileyo oluntu kumalinge ayo. Ngokwenza njalo, inceda ngeenzame zokumanyanisa ubumelwane, ngokusebenza kujoliswe kwinjongo enye, ukwenzela ukuphuculwa konumelwane nohambelwano lwentlalo.

ISebe kunye nephondo livuyele impumelelo iTeam Western Cape ngokuphumelela umdlalo weeNtshatsheli zeMidlalo yaseHlotyeni naseBusika. Abanye babathabathi benxaxheba abathe bagqwesa kule midlalo yeentshatsheli bebeyinxalenye yale nkqubo. Izifzekiso zezi mbaleki zifanele ukuba ngumzekelo kubumelwane bazo, yaye oku kubalelwa kukuzimasa kwazo rhoqo nokuqhubekayo kumaZiko eMOD kunye/okanye amaZiko eSikolo soBumelwane. Uninzi lwazo luqalise ukuthabatha inxaxheba kwiZiko leMOD/kwiSikolo soBumelwane sasePrayimari lwaze lwaqhubeka ngokuthabatha inxaxheba yazo xa luqalise ukuzimasa iZiko leMOD/iZiko leSikolo soBumelwane sasePrayimari.

Ngesithuba sonyaka-mali wama-2022/23, iNkqubo ifezekise ngokunjalo okulandelayo:

- Ukuyilwa kweendawo esikhuselekileyo nobumelwane obuhambelanayo.
- Ukwakhiwa kwamaziko olwabelwano lwemidlalo nolonwabo kwizithili ezahlukeneyo.
- Ukulungiswa kokungabikho kofikelelo kumathuba olonwabo, emidlalo, obugcisa, kunye nawenkubeko, ngokubonelelwa kwelinge leZiko loLwabelwano.
- Ukulungiswa kokungabikho kwengqesho nokungabinamsebenzi ngokunikezelwa kwamathuba engqesho.
- Ukulungiswa kokungabikho kwemisebenzi yokuthamba komziba kunye nemidlalo yesikolo ekwizikolo.
- Ukulungiswa kokungabikho kwemisebenzi yokuthamba komziba kuPhuhliso loBuntwana kwaNgethuba.

ULUTSHA

Intlekele yolutsha iyaqhubeka ngokubeka uxinzelelo kuwo onke amacandelo karhulumente okokuba asabele. Intswela ngqesho yeyona ikwiqondo eliphezulu kwihlabathi, ulutsha lujamelene neningeni ekhulayo yempilo-ntle yengqondo ngokwanda kokuzibulala kolutsha kunyaka opheliliyo kunye namanqanaba okuchwethelwa bucala kunye nobundlobongela obandayo.

Ukulungisa le ntlekele iSebe lixhase inkqubo eyaziwa njengolutsha engqeshweni "youth-in-service" ethi yakhe uluntu ngabahlali abasebenzayo, ngeli thuba kulungiswa iimfuno zentlalonokuyilwa kweendlela eziya kuqoqosho ezilungiselelwe ulutsha olungamavolontiya. I-YearBeyond, inkqubo ebalulekileyo yenkonzo yolutsha, ifune yaze yabeka ulutsha olungama-3 017 kwinkonzo kunyaka wama-2022 kunye namathuba amaninzi ayilwe kwangithuba ngowama-2023.

I-YearBeyond

I-YearBeyond iqeqesha ulutsha olungaqeshwanga ngokunikezela ngeenKqubo zaseMva kokuPhuma kweSikolo. Inkqubo iyila amathuba omsebenzialungiselelwe ulutsha

olungaqeshwanga yaye kwangaxesha linye inikezela ngenkxaso ukulungisa iimfuno zentlalo. Ixhasa izikolo ezili175, ngokusebenzisa iNkqubo yeMfundo yeYearBeyond yeSikolo sasePrayimari, eyooVulindlela eZikolweni kunye ne-@HomeLearning. I-YearBeyond yandile ngokunjalo yagqithela ngaphaya kwezikolo ukulungiselela ukubonelela ngenkxaso yokufunda kuluntu ngokusetyenziswa kwezizinda ezili-13 kunye nenkxaso kumathala eencwadi kunye neeziko lolondolozo lwembali kulo lonke iPhondo. I-YearBeyond yabelene ngokunjalo ngamava ayo kunye neMpuma Koloni yaye ngoku iyasebenza kwelaa Phondo.

Inkqubo yokufunda yeYearBeyond yesikolo saseprayimari iphuhlise izibonelelo zokufunda nezokubala kubafundi begreyidi yesi3 neyesi4. INkqubo ye-@HomeLearninga ye-YearBeyond isebenza kunye nabafundi abasoloko bengexho esikolweni okanye abangaziphethe kakuhle nabanemingeni yosapho. Oovulindlela eZikolweni banikezela ngenkqubo yezakhono zobomi kubafundi kwezikolo zaseprayimari. Inkqubo yethala leencwadi ijolise ekukhuthazeni ukufunda nofikelelo kwidijithali ngeli thuba inkqubo yeZiko loLondolozo lweMbalu ijolise kuqokelelo lwembali yomlomo.

Ngokungakanani inkqubo inyanzeleke okokuba ixhathise kwitheknoloji yayze yavelisa i-app yokulandela ukuhanjwa kwesikolo, inkqubo yolawulo lokufunda ekwi-intanethi elungiselelwe ukutsha, kunye nezixhobo ezitsha ukuphucula ulawulo lwesizinda seenkcukacha samanani.

Ngesithuba sonyaka wabo kwinkqubo, ulutsha okanye iYeBoneers zaqulunqa iiCV zigxile kwizakhono ezili12, lwafumana umcebisi ukuba aluxhase kuhambo lwabo lokufunda yaye luxhasiwe ukuze luqhubela phambili ukuya kwithuba lwalo elilandelayo nje ukuba luphume kwinkqubo. Ulutsha lunike ingxelo yokuziva luqinisekile malunga neeCV zalokunye nekhono lokukhangela umsebenzi ekupheleni koqeqesho.

I-YearBeyond iqwalasele into yokuba uninzi lolutsha olungenele inkqubo alubanga nakho unubonelelwa ngokupheleleyo kokunikezelweyo kuba bavalelwa zimpembelelo zengozu okanye ezinye izidingo zempilontle. Ngoko, iYearBeyond iphuhlise i-ikhosistim yenkxaso engaphezulu nje kwinkxaso enikezelwayo ngabasebisi ukulungiselela ukubandakanya intlekele yothungelwano lokuthumela. Malunga ne10% lolutsha lufikelela koku. Uninzi lolu ludinga inkxaso yempilo-ntle yengozu okanye yengqondo. Izifundo ezivela kwiYearBeyond kuya kwabelwana ngazo kunye neqela lePakethe yeSiseko seNkonzo eLilinga inkqubo yokubandakanya yenkxaso yolutsha eAtlantis kunye neWCG. Ngasekupheleni kwamava omsebenzi walo iYearBeyond isingethe indawo yemarike yemisebenzi ukunxulumanisa ulutsha kwithuba lwalo elilandelayo. Ngaphezulu kwamahlakani angama50 afika kumboniso eKapa, eWorcester naseGeorgi ukwabelana ngamathuba awahlukeneyo kunye nolutsha.

Ekugqityweni kwenkqubo ama78% olutsha anika ingxelo yokokuba sele belifumene ithuba labo elilandelayo, nokokuba kukufunda okanye kukusebenza okanye yintlangano yazo zombini. Uninzi lolutsha lwashiyeka kwimfundo kunye nama41% alo asemsebenzini, aqhubeka ukusebanza kwicandelo kunye nama44% olo lufundayo lwalandela izifundo kwimfundo. Oku kuyinxalenye kuba isibini kwisithathu sabalingana nabo ngeminyaka basebenza ezikolweni kwisithuba sonyaka wabo wenkonzo ze ama87% asebenza nabantwana. Amanye amacandelo olutsha lwaya kuwo abandakanya icandelo lentengiso, icandelo leBPO kunye neICT.

Umngeni ophambili wobungakanani uphuhlise iinkqubo ukugcina ukulunga. I-YearBeyond iphuhlise iinkqubo zayo zoPhuculo lokuLunga oluQhubekayo, yaqeqesha abasebenzi kunye namahlakani ukulungiselela ukuqhutywa kotyelelo lengqinisekiso yokulunga kokusebenza kokufunda, yaze yalungelelanisa uqeqesho lwayo lwabaqeqeshi olusekwe kokufunyenweyo

kolu tyelelo. I-YearBeyond ikuqwalasele ukubaluleka kwabacebisi kuyilo lwabo yaye ngowama-2022 ilinge iYebo Academy eyathi yaqaliswa kwasekuqaleni ngowama-2023. Le iya kuqeqesha abafundi bangaphambili abaphemelelayo okokuba babe ngabacebisi bayile unikezelo oluzinzileyo lwabacebisi abakumngangatho ophezulu ukulungiselela ukuxhasa uphuhliso lolutsha nokwandiswa kweYearBeyond.

Ii-OFISI ZESITHILI ZEMIDLALO

Ii-ofisi zesithili zemidlalo zibe yinxalenye ebalulekileyo yophuhliso nokusasazwa kweenkqubo zolonwabo nemidlalo yorhulumente wePhondo kwizithili. Zisebenzela iSithili kunye noluntu ngokubanzi. Zixhasa iinkqubo ezahlukeneyo zolonwabo nemidlalo kwiSithili yaye ziqinisekisa ngento yokuba iinkqubo zethu zamkelwa kakuhle yaye unikezelo lwazo lukumngangatho ophezulu. Kunyaka ophantsi kovavanyo, siyaqhubeka ukuxhobisa ii-ofisi ngezixhobo ze-ofisi, ebezithengelwe ii-ofisi zesithili ukuphucula ukusebenza ngokufanelekileyo.

UMNIKELO ONEMIQATHANGO WE-EPWP

ISebe lifumene iingxowa-mali ze-EPWP ngoMnikelo weNkuthazo weCandelo leNtlalo le-EPWP, kulungiselelwa ingqesho kwiinkqubo zalo. Isabelo soMnikelo weNkuthazo we-EPWP sisekwe kukusebenza okufanelekileyo kweSebe kunyaka-mali ongaphambili. Inkuthazo sisabelo esangezelelweyo sohlahlo lwabiwo-mali, ngaphezulu kwesiseko esabelwe kwiSebe.

Iziphumo zeQhinga, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo kunye nezifizekiso ezizizo zandlawe kwiitheyibhile ezingezantsi:

Iziphumo, iingcebiso, imigqalisela yeengcebiso, ekujoliswe kuko nezifizekiso ezizizo: Imigqalisela ehlaziyweyi kwinkqubo yokwandlalwa kwakhona

| INKQUBO 4: IMIDLALO NOLONWABO | | | | | | | | | | |
|---------------------------------|--|--------|--|-------------------------------|-------------------------------|--|---|---|--|--|
| Isiphumo | Ingcebiso | Inani | UMgqalisela weNgcebiso | Izifizekiso ezizizo 2020/2021 | Izifizekiso ezizizo 2021/2022 | Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2022/2023 | Izifizekiso ezizizo 2022/2023 Q1 kunye neQ2 | Ukunxaxha kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kwizifizekiso 2022/2023 | Izimvo ngokunxaxha | Isizathu sokuhlaziywa kwe-APP |
| Inkqutyana 4.2: IMidlalo | | | | | | | | | | |
| Igama lomkhupheli | Uhlobo lombutho | Injongo ezisetyenziselwe yona iingxowa-mali | Ingaba isebe lihambelene na neCandelo 38 (1) (j) yePFMA | Isixa-mali esikhutshelweyo (R) | Isixa-mali esichithwe liziko (R) | Izizathu zeengxowa-mali ezingachithwanga liziko |
|---|-------------------|---|---|--------------------------------|----------------------------------|--|
| Eden Surfriders | UManyano | UKhuphiswano louDada eMazeni lweZithili | Ewe | 30 000 | 30 000 | - |
| Southern Cape Golf Union | UManyano | UKhuphiswano lwaBadala be-Southern Cape | Ewe | 10 000 | 10 000 | - |
| Southern Cape Golf Union | UManyano | UKhuphiswano lwePhondo laseKapa | Ewe | 10 000 | 10 000 | - |
| Southern Cape Golf Union | UManyano | UKhuphiswano lwase-Southern Cape lwe-Mid-Amateur | Ewe | 10 000 | 10 000 | - |
| Southern Cape Golf Union | UManyano | UKhuphiswano lwase-Southern Cape | Ewe | 10 000 | 10 000 | - |
| Southern Cape Golf Union | UManyano | UKhuphiswano lwaManina aseSouthern Cape | Ewe | 10 000 | 10 000 | - |
| Southern Cape Golf Union | UManyano | UKhuphiswano lwase-Southern Cape lwe-Mid-Amateur naBadala | Ewe | 10 000 | 10 000 | - |
| Southern Cape Golf Union | UManyano | IHeptangular yaBaqalayo yamaPhondo | Ewe | 10 000 | 10 000 | - |
| Southern Cape Light Tackle Boat Angling | UManyano | Onke Amanxweme | Ewe | 20 000 | 20 000 | - |
| Southern Cape Light Tackle Boat Angling | UManyano | IiNtshatsheli zeHlabathi zeSALTBA- 1 st eMzantsi Afrika eMosselbay | Ewe | 50 000 | 50 000 | - |
| Eden Open Boxing | UManyano | ITumente yamaPhondo | Ewe | 10 000 | 10 000 | - |
| IBhunga leMidlalo lase-Eden | IBhunga leMidlalo | UKhuphiswano lwase-Outeniqua lwaBahleli eziTulweni | Ewe | 50 000 | 50 000 | - |
| IBhunga leMidlalo lase-Eden | IBhunga leMidlalo | UMnyhadala waseMosselbay | Ewe | 50 000 | 50 000 | - |
| IBhunga leMidlalo lase-Eden | IBhunga leMidlalo | UMnyhadala waseKynsna we-Oyster | Ewe | 50 000 | 50 000 | - |
| IBhunga leMidlalo lase-Eden | IBhunga leMidlalo | UMnyhadala waseHessequa | Ewe | 50 000 | 41 000 | lingxowa-mali eziseleyo ziya kusetyenziselwa umnyhadala weMidlalo waseHessequa 2023. |
| IBhunga leMidlalo lase-Eden | IBhunga leMidlalo | Amabhaso eMidlalo | Ewe | 50 000 | 50 000 | - |
| Overberg Aerobics | UManyano | IiNtshatsheli zeSizwe ze-Aerobics | Ewe | 30 000 | 30 000 | - |
| Overberg Chess | UManyano | INdebe yaseMaphandleni yeNtshona Koloni | Ewe | 20 000 | 20 000 | - |
| Overberg Karate | UManyano | UKhuphiswano loNyaka lweQela | Ewe | 15 000 | 15 000 | - |
| Overberg Kickboxing | UManyano | IiNtshatsheli zeNtshona Koloni | Ewe | 15 000 | 15 000 | - |

| Igama lomkhupheli | Uhlobo lombutho | Injongo ezisetyenziselwe yona iingxowa-mali | Ingaba isebe lihambelene na neCandelo 38 (1) (j) yePFMA | Isixa-mali esikhutsh elweyo (R) | Isixa-mali esichithwe liziko (R) | Izizathu zeengxowa-mali ezingachithwanga liziko |
|---------------------------------|-------------------|--|---|---------------------------------|----------------------------------|---|
| Overberg Lawn Bowls | UManyano | IiNtshatsheli zeSizwe ze-U30 | Ewe | 10 000 | 10 000 | - |
| IBhola yoMnyazi yase-Overberg | UManyano | IiNtshatsheli zeKlabhu yeBhola yoMnyazi zeNtshona Koloni | Ewe | 45 000 | 24 273 | Iindleko bezingaphantsi kwezo zilindelweyo. |
| I-Overberg Sailing | UManyano | IiNtshatsheli zeAfrican Optimist Dinghy | Ewe | 50 000 | 50 000 | - |
| IBhunga leMidlalo lase-Overberg | UManyano | IMirhumo yePatat | Ewe | 25 000 | 25 000 | - |
| IBhunga leMidlalo lase-Overberg | IBhunga leMidlalo | I-Foot ye-Africa | Ewe | 40 000 | 40 000 | - |
| IBhunga leMidlalo lase-Overberg | IBhunga leMidlalo | Amabhaso emidlalo | Ewe | 50 000 | 50 000 | - |
| Eden Surfriders | UManyano | IiNtshatsheli zeSizwe zokuDada eMazeni | Ewe | 45 000 | 45 000 | - |
| Western Cape SAPD | UManyano | IiNtshatsheli zeSizwe zeToyota SASAPD | Ewe | 45 000 | 45 000 | - |
| Overberg Cycling | UManyano | IMarathon ye-MTB Cross Country | Ewe | 20 000 | 20 000 | - |
| Overberg Sport Council | IBhunga leMidlalo | UMnyhadala weWhale waseHermanus | Ewe | 25 000 | 25 000 | - |
| WP Natural Bodybuilding | UManyano | IiNtshatsheli zeSizwe zeSA | Ewe | 25 000 | 25 000 | - |
| West Coast Chess | UManyano | ITumente yeNyanga yaManina | Ewe | 15 000 | 15 000 | - |
| Western Province Badminton | UManyano | IMisitho yeHlabathi yabaKhulileyo nabaseLula | Ewe | 54 000 | 54 000 | - |
| Western Province Ice Hockey | UManyano | IiNtshatsheli zeHlabathi zamaNina akhulileyo | Ewe | 55 000 | 55 000 | - |
| Western Province Ice Hockey | UManyano | IiNtshatsheli zeHlabathi zabaNgaphantsi kwe-18 | Ewe | 55 000 | 55 000 | - |
| Eden Cycling | UManyano | IiNtshatsheli yeSizwe yeSA kunye neTT (Elite Junior, Vets and Parra) | Ewe | 55 000 | 55 000 | - |
| Western Cape SAPD | UManyano | IiNtshatsheli zeSizwe zeSA kunye neTT (Elite Junior, Vets and Parra) | Ewe | 50 000 | 15 920 | Umelo luhlawule iindleko eziseleyo. |
| Central Karoo Netball | UManyano | ITumente yePhondo leNtshona Koloni | Ewe | 20 000 | 20 000 | - |
| Eden Surfriders | UManyano | IiNtshatsheli zaBaqalayo zeRIP Curl | Ewe | 40 000 | 40 000 | - |
| WP Golf | UManyano | IiNtshatsheli zeSA zeGalufa yabaNgaboniyo kunye neeNtshatsheli zeHlabathi yeGalufa yabaNgaboniyo | Ewe | 40 000 | 40 000 | - |

| Igama lomkhupheli | Uhlobo lombutho | Injongo ezisetyenziselwe yona iingxowa-mali | Ingaba isebe lihambelene na neCandelo 38 (1) (j) yePFMA | Isixa-mali esikhutsh elweyo (R) | Isixa-mali esichithwe liziko (R) | Izizathu zeengxowa-mali ezingachithwanga liziko |
|-------------------------------------|-----------------|---|---|---------------------------------|----------------------------------|--|
| Boland Cricket | UManyano | INdebe yeHlabathi yeT20 yamaNina | Ewe | 25 000 | 25 000 | - |
| Cape Winelands Badminton | UManyano | IiNtshatsheli zeSA Silver Eagles Open | Ewe | 20 000 | 20 000 | - |
| SWD Cricket | UManyano | UMngeni weSizinda seSizwe seCSA | Ewe | 40 000 | 40 000 | - |
| WP Cricket | UManyano | Inkxaso-mali yeNdebe yeHlabathi ye-ICC yeT20 yamaNina | Ewe | 350 000 | 350 000 | - |
| Boland Cricket | UManyano | INdebe yeHlabathi ye-ICC yeT20 yamaNina | Ewe | 150 000 | 150 000 | - |
| WP Cricket | UManyano | INdebe yeHlabathi yeT20 yamaNina | Ewe | 265 000 | 265 000 | - |
| WP Hockey Union | UManyano | UMsitho weNdebe yeHlabathi yamaGcisa | Ewe | 500 000 | 500 000 | - |
| E Movement (PTY) LTD | (PTY) LTD | (umsitho) weeNtshatsheli zeHlabathi ze-ABB FIA Formula E 2022-2022 | Ewe | 8 000 000 | 8 000 000 | - |
| South African Rugby | UManyano | Ukuxhaswa koMsitho weHlabathi yoMbhozo weNdebe yeHlabathi yabasiXhenxe | Ewe | 1 000 000 | 1 000 000 | - |
| ABSA Cape Epic | NPO | ABSA Cape Epic in Aid ukuxhasa umsitho ngokusetyenziswa kweSivumelwano soMelo | Ewe | 80 000 | 80 000 | - |
| The Community Chest of Western Cape | NPO | INkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo yeYearBeyond | Ewe | 15 533 700 | 11 654 025 | I-MOU iqhube yaya kutsho kunyaka omtsha yaye iingxowa-mali zibekelwe bucala. |
| The Community Chest of Western Cape | NPO | Umvuzo weYearBeyond, woQeqesho, kunye noncedo | Ewe | 21 731 700 | 13 420 558 | I-MOU iqhube yaya kutsho kunyaka omtsha yaye iingxowa-mali zibekelwe bucala. |
| The Community Chest of Western Cape | NPO | Ukunikezelwa kweenkqubo kubandakanywa nezoxabangelo zaseMva kokuPhuma kweSikolo | Ewe | 8 500 002 | 1 232 500 | I-MOU iqhube yaya kutsho kunyaka omtsha yaye iingxowa-mali zibekelwe bucala. |
| The Community Chest of Western Cape | NPO | Iindleko ezinxulumene neNkqubo yeHolide | Ewe | 1 467 500 | 1 467 500 | - |
| Scouts SA | NPO | Ukuxhasa iNkqubo zooVulindlela beYearBeyond | Ewe | 721 950 | 203 296 | I-MOU iqhube yaya kutsho kunyaka omtsha yaye iingxowa-mali zibekelwe bucala. |
| IMIobutho eyahlukeneyo | NPO/NGO | INkqubo yeHolise ngethuba leehlide zesikolo zeyeMnga/zeyoMqungu | Ewe | 13 082 361 | 12 763 408 | Iinkqubo ezimbalwa zichethe ngaphantsi kokulindelekileyo kwizibonelelo. Naziphi na iingxowa-mali ezingachithwanga zibuyiselwe kwisebe. |

| Igama lomkhupheli | Uhlobo lombutho | Injongo ezisetyenziselwe yona iingxowa-mali | Ingaba isebe lihambelene na neCandelo 38 (1) (j) yePFMA | Isixa-mali esikhutshelweyo (R) | Isixa-mali esichithwe liziko (R) | Izizathu zeengxowa-mali ezingachithwanga liziko |
|--|-----------------|---|---|--------------------------------|----------------------------------|--|
| UManyano lweMidlalo lwePhondo leNtshona Koloni | UManyano | Umvuzo/Imivuzo: kweyeKhala – kweyeMnga 2022 | Ewe | 926 658 | 926 658 | - |
| UManyano lweMidlalo lwePhondo leNtshona Koloni | UManyano | Umvuzo/Imivuzo: kweyeMqungu – kweyeSilimela 2023 | Ewe | 100 170 | 40 066 | I-MOU iqhube yaya kutsho kunyaka omtsha yaye iingxowa-mali zibekelwe bucala kulungiselelwa imivuzo (kuTshazimpuzi – kweyeSilimela). |
| UManyano lweMidlalo lwePhondo leNtshona Koloni | UManyano | Ukumiliselwa kweeprojekti, ulawulo uhambo neendleko zohambo | Ewe | 1 223 030 | 1 148 030 | lingxowa-mali eziseleyo zibekelwe bucala kulungiselelwa iprojekti eya kuqunjelwa kweyoMsintsi 2023. |
| UManyano lweMidlalo lwePhondo leNtshona Koloni | UManyano | Ukunceda kwiNkqubo yoPhuhliso lweKlabhu | Ewe | 1 423 152 | 593 022 | lingxowa-mali eziseleyo ekufuneka zisetyenziselwe Umvuzo/Imivuzo: kuTshazimpuzi – kweyeSilimela 2023 |
| UManyano lweMidlalo lwePhondo leNtshona Koloni | UManyano | Ukuxhaswa kwekhomishini yePhondo kusetyenziswa amaZiko emfundo ePhondo | Ewe | 5 341 635 | - | lintlawulo ezikhutshelweyo zalityaziswa ngenxa yamaxwebhu ohambelwano angangeniswanga. lingxowa-mali zakhutshelwa kwikota yesine, emva kokuba kufunyenwe amaxwebhu ohambelwano adingekayo. |
| UManyano lweMidlalo lwePhondo leNtshona Koloni | UManyano | Imivuzo: kweyeKhala – kweyeMnga 2022 | Ewe | 8 152 216 | 8 152 216 | - |
| UManyano lweMidlalo lwePhondo leNtshona Koloni | UManyano | Imivuzo: kweyeMqungu – kweyeSilimela 2023 | Ewe | 6 993 652 | 3 277 461 | lingxowa-mali eziseleyo ekufuneka zisetyenziselwe Umvuzo/Imivuzo kuTshazimpuzi – kweyeSilimela 2023 |
| UManyano lweMidlalo lwePhondo leNtshona Koloni | UManyano | Umvuzo/Imivuzo: kweyeKhala – kweyeMnga 2022 | Ewe | 1 324 583 | 1 324 583 | - |
| UManyano lweMidlalo lwePhondo leNtshona Koloni | UManyano | Umvuzo/Imivuzo: kweyeMdumba – kweyeSilimela 2023 | Ewe | 1 024 774 | 409 910 | lingxowa-mali eziseleyo ekufuneka zisetyenziselwe Umvuzo/Imivuzo: kuTshazimpuzi – kweyeSilimela 2023. |
| UManyano lweMidlalo lwePhondo leNtshona Koloni | UManyano | ISivumelwano seNqanaba leNkonzo: kuTshazimpuzi 2022 – kweyokwindla 2023 | Ewe | 2 172 000 | 2 172 000 | - |
| UManyano lweMidlalo lwePhondo leNtshona Koloni | UManyano | Umvuzo/Imivuzo: kweyeKhala – kweyeMnga 2022 | Ewe | 6 110 163 | 6 110 163 | - |

| Igama lomkhupheli | Uhlobo lombutho | Injongo ezisetyenziselwe yona iingxowa-mali | Ingaba isebe lihambelene na neCandelo 38 (1) (j) yePFMA | Isixa-mali esikhutsh elweyo (R) | Isixa-mali esichithwe liziko (R) | Izizathu zeengxowa-mali ezingachithwanga liziko |
|--|-----------------|--|---|---------------------------------|----------------------------------|---|
| UManyano lweMidlalo lwePhondo leNtshona Koloni | UManyano | Umvuzo/Imivuzo: kweyoMdumba – kweyeSilimela 2023 | Ewe | 640 527 | 256 210 | lingxowa-mali eziseleyo ekufuneka zisetyenziselwe Umvuzo/Imivuzo: kuTshazimpuzi – kweyeSilimela 2023. |
| UManyano lweMidlalo lwePhondo leNtshona Koloni | UManyano | Umvuzo/Imivuzo: kweyoMdumba – kweyeSilimela 2023 | Ewe | 2 197 707 | 879 083 | lingxowa-mali eziseleyo ekufuneka zisetyenziselwe Umvuzo/Imivuzo: kuTshazimpuzi – kweyeSilimela 2023. |
| UManyano lweMidlalo lwePhondo leNtshona Koloni | UManyano | Umvuzo/Imivuzo: kweyoMdumba – kweyeSilimela 2023 | Ewe | 4 615 613 | 1 845 245 | lingxowa-mali eziseleyo ekufuneka zisetyenziselwe Umvuzo/Imivuzo: kuTshazimpuzi – kweyeSilimela 2023. |
| UManyano lweMidlalo lwePhondo leNtshona Koloni | UManyano | Umvuzo/Imivuzo: kuTshazimpuzi – kweyeSilimela 2023 | Ewe | 1 048 641 | - | lingxowa-mali eziseleyo ekufuneka zisetyenziselwe Umvuzo/Imivuzo: kuTshazimpuzi – kweyeSilimela 2023. |
| UManyano lweMidlalo lwePhondo leNtshona Koloni | UManyano | Umvuzo/Imivuzo | Ewe | 1 747 734 | 1 747 734 | - |
| UManyano lweMidlalo lwePhondo leNtshona Koloni | UManyano | Umvuzo/Imivuzo | Ewe | 1 747 735 | 699 093 | lingxowa-mali eziseleyo ekufuneka zisetyenziselwe Umvuzo/Imivuzo: kuTshazimpuzi – kweyeSilimela 2023. |
| NWC 2023 (PTY) LTD | (PTY) LTD | Ukuxhaswa kweeNdleko zokuSingathwa kweNdeba yeHlabathi yeBhola yomnyazi 2023 | Ewe | 30 000 000 | - | lingxowa-mali zabekelwa ecaleni ukususela ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2023, kodwa ukuthunyelw kwmpahla neenkonzo ezinxulumene nook kwenziwa de kwaba yeyeKhala ukuqinisekisa nokulungela iNdebe yeHlabathi yeBhola yoMnyazi. |
| NWC 2023 (PTY) LTD | (PTY) LTD | Ukuxhaswa kweeNdleko zokuSingathwa kweNdeba yeHlabathi yeBhola yomnyazi 2023 | Ewe | 5 000 000 | - | lingxowa-mali zabekelwa ecaleni ukususela ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2023, kodwa ukuthunyelw kwmpahla neenkonzo ezinxulumene nook kwenziwa de kwaba yeyeKhala ukuqinisekisa nokulungela iNdebe yeHlabathi yeBhola yoMnyazi. |
| UMasipala waseWitzenberg | UMasipala | Ukuhlaziywa kweZibonelelo zeNtenetye nezeBhola | Ewe | 1 029 352 | 215 684 | Ulityaziso kwiprojekti ngenxa yeenkqubo zesixokelelwano |

| Igama lomkhupheli | Uhlobo lombutho | Injongo ezisetyenziselwe yona iingxowa-mali | Ingaba isebe lihambelene na neCandelo 38 (1) (j) yePFMA | Isixa-mali esikhutshelweyo (R) | Isixa-mali esichithwe liziko (R) | Izizathu zeengxowa-mali ezingachithwanga liziko |
|--|-----------------|---|---|--------------------------------|----------------------------------|---|
| | | yoMnyazi zasePrince Albert Hamlet | | | | sonikezelo sikamasipala. Iingxowa-mali sele zibekelwe bucala. |
| UMasipala waseStellenbosch | UMasipala | Izibane ezikhanyisa ngelitha elikhulu zezibonelelo zeMidlalo (iBala leMidlalo laseCloetesville) | Ewe | 219 648 | - | Ulitayiziso kukusayinwa kweMOA. Iingxowa-mali sele zibekelwe bucala. |
| UMasipala waseGeorge | UMasipala | Ukuhlaziywa kwendawo yababukeli yeBala leMidlalo laseTouwsrante | Ewe | 400 000 | - | Ithenda yapapashwa kweyeNkanga 2022 ze yavalwa ngomhla we-10 kweyoMdumba 2023. Iingxowa-mali sele zibekelwe bucala. |
| UMasipala waseGeorge | UMasipala | Ukuhlaziywa kwendawo yababukeli yeBala leMidlalo laseThembalethu | Ewe | 400 000 | - | Ithenda yapapashwa kweyeNkanga 2022 ze yavalwa ngomhla we-10 kweyoMdumba 2023. Iingxowa-mali sele zibekelwe bucala. |
| IYONKE YENKQUBO 4 | | | | 167 896 767 | 92 610 | |
| KUKONKE OKUKHUTSHELWEYO KWEVOTI | | | | 495 788 320 | 339 183 346 | |

Zonke iintlawulo ezikhutshelweyo ebezihlahlelwe imali kwisithuba somhla woku-1 kuTshazimpuzi 2022 ukuya kutsho kumhla wama-31 kweyoKwindla 2023 zenziwa.

6. IMinikelo eneMiqathango

6.1. IMinikelo eneMiqathango neeNgxowa-mali eziChongiweyo ezihlawulweyo

ISebe alihlawulanga nayiphi na iminikelo enemiqathango okanya iingxowa-mali eziChongiweyo ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo.

6.2. IMinikelo eneMiqathango neeNgxowa-mali eziChongiweyo efunyenweyo

UMnikelo oneMiqathango: UMnikelo weeNkonzo zeThala leeNcwadi loLuntu

| | |
|--|--|
| Isebe elikhuphela uMnikelo | ISebe leSizwe leMidlalo, ubuGcisa neNkcubeko |
| Injongo yoMnikelo | Ukwandiswa komgangatho wokulunga weenkonzo zethala leencwadi eNtshona Koloni |
| Iziphumo ezilindelekileyo zomnikelo | Ngokwetheyibhile engasezantsi |
| Iziphumo ezizizo ezifekisiweyo | Ngokwetheyibhile engasezantsi |
| Isixa-mali ngokweDORA elungisiweyo | R 190 102 000 |
| Isixa-mali esifunyenweyo | R 190 102 000 |
| Izizathu ukuba ngaba isixa-mali ngokweDORA asifunyenwanga | n/a |
| Isixa-mali esichithiweyo liSebe | R 190 102 000 |
| Izizathu zeengxowa-mali ezingachithwanga liQumrhu | n/a |
| Izizathu zonxaxho kumsebenzi | Ngokwetheyibhile engasezantsi |
| Amanyathelo athatyathiweyo ukuphucula ukusebenza | n/a |
| Indlela yokubeka iliso lisebe elamkelayo | Utyelelo olwenziwa rhoqo nokungeniswa kweegxelo rhoqo ngenyanga narhoqo ngekota kwisebe lesizwe. |

| UMnikelo oneMiqathango: UMnikelo weeNkonzo zamaThala eeNcwadi | | | | |
|--|--|---|----------------------------------|---|
| Inani | Umgqalisela wokusebenza | Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2022/23 | Ufezekiso olululo 2022/23 | Izimvo ngonxaxho |
| 1.1 | Inani lezithuba kwithala leencwadi ezixhaswe ngemali kusetyenziswa komnikelo onemiqathango | 656 | 647 | Oomasipala bakulumkele ukuzaliswa kwezithuba ngenxa yokungaqinisekiswa koMnikelo oneMiqathango. |
| 1.2 | Inani leekopi zemathiriyeli yethala leencwadi ezithengiweyo | 5 000 | 6 611 | Ukubekwa phambili ngokutsha kweengxowa-mali ezivunyelweyo zokusebenza ngophezulu kweqondo elilindelweyo. |
| 1.3 | Inani leeprojekti ezintsha zethala leencwadi ezinikezelwe kunye nenkxaso-mali | 2 | 4 | Inkxaso-mali eyangezelelweyo yanikezelwa kwiSwellendam kunye neTouwsrante. |
| 1.4 | Inani lotyelelo lokubekwa kweliso lomnikelo onemiqathango koomasipala | 21 | 41 | lintlanganiso ezizinyaswe ngabantu zangezelelwa ngeentlanganiso ezibanjwa ngobuxhaka-xhaka bonxibelelwano ukulungiselela ukuhlangabezana nebango. |
| 1.5 | Inani loomasipala elifumana iintlawulo ezikhutshelweyo zomnikelo onemiqathango | 19 | 19 | - |

| UMnikelo oneMiqathango: UMnikelo weeNkonzo zamaThala eeNcwadi | | | | |
|---|---|--|---------------------------|--|
| Inani | Umgqalisela wokusebenza | Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2022/23 | Ufezekiso olululo 2022/23 | Izimvo ngonxaxho |
| 1.6 | Inani lohlaziyo lwethala leencwadi olwenziweyo kunye nenkxaso-mali | 0 | 1 | Isongezelelo lwezigidi ezingama-R81 safumaneka sanikezelwa kuMasipala weBreede Valley kulungiselelwa ithambeka lesitulo esinamavili seWaterloo njengexalenye yohlaziyo lwesakhiwo. |
| 1.7 | Inani lamaThala eeNcwadi amaNcinane asekiweyo elungiselelwa iiMfama | 2 | 2 | - |
| 1.8 | Inani leenkqubo zoqeqesho ezinikezelweyo | 1 | 1 | - |

UMnikelo oneMiqathango: UMnikelo wokuThatyathwa kweNxaxheba sisiNinzi noPhuhliso lweMidlalo

| | |
|--|---|
| Isebe elikhuphela uMnikelo | IMidlalo noLonwabo loMzantsi Afrika (iVoti 20) |
| Injongo yoMnikelo | Ukuququzelela ukuthatyathwa kwenxaxheba kwimidlalo nolonwabo nokuxhobisa ngentsebenziswano nabachaphazelekayo abafanelekileyo. |
| Iziphumo ezilindelekileyo zomnikelo | Ngokwetheyibhile engasezantsi |
| Iziphumo ezizizo ezifekisiweyo | Ngokwetheyibhile engasezantsi |
| Isixa-mali ngokweDORA elungisiweyo | **R91 221 000 |
| Isixa-mali esifunyenweyo | **R91 221 000 |
| Izizathu ukuba ngaba isixa-mali ngokweDORA asifunyenwanga | N/A |
| Isixa-mali esichithiweyo liSebe | **R91 221 000 |
| Izizathu zeengxowa-mali ezingachithwanga liQumrhu | n/a |
| Izizathu zonxaxho kumsebenzi | Ngokwetheyibhile engasezantsi |
| Amanyathelo athatyathiweyo ukuphucula ukusebenza | n/a |
| Indlela yokubeka iliso lisebe elamkelayo | Utyelelo olwenziwa rhoqo nokungeniswa kweegxelo rhoqo ngenyanga narhoqo ngekota kwisebe lesizwe (iMidlalo noLonwabo loMzantsi Afrika) |

UMnikelo oneMiqathango: UPuhhliso lweKlabhu

| Inani | Umgqalisela wokusebenza | Ekujoliswe kuko kwangcisiweyo 2022/23 | Ufezekiso olululo 2022/23 | Izimvo ngonxaxho |
|-------|---|---------------------------------------|---------------------------|---|
| 1.1 | Inani labantu abaqeqeshwe ukwenza inkqubo yophuhliso lweklabhu | 300 | 356 | Abantu abaninzi bazimase uqeqesho ngenxa yohlobo lokuzivolontiya kuqeqesho. |
| 1.2 | Inani leeligi zommandla ezixhasiweyo | 24 | 27 | Iligi ezangezelelweyo zaxhaswa ngenxa yokwanda kwebango yimibutho emanyanisiweyo kunye neeklabhu kulungiselelwa inkxaso. |
| 1.3 | Inani leeklabhu ezabonelelwe ngezixhobo kunye/okanye impahla ngokwezithethe nemigangatho esekiweyo | 200 | 200 | - |
| 1.4 | Inani lamaziko emfundo yemidlalo exhasiweyo | 7 | 7 | - |
| 1.5 | Inani labantu abaqeqeshelwe ukunikezela inkonzo kumaziko emfundo yemidlalo | 200 | 206 | Inkqubo yeziko lemfundo inikezela ngoqeqesho olusekwe kwiimfuno zabatyunjwa abatshintshiweyo. ISebe likhuthaze inkqubo yeziko lokufunda ezimacala mathathu, okube nomphumela kukwanda kwebango. |
| 1.6 | Inani leembaleki ezixhaswa ngamaziko emfundo yemidlalo | 210 | 221 | Inkqubo yeziko lemfundo linikezela, lixhasa yaye linikezela ngeenkono kwiimbaleki okusekwe kwiimfuno zazo, okunomphumela weembaleki ezininzi. ISebe likhuthaze inkqubo yeziko lemfundo emacala mathathu, okunomphumela wokwanda kwebango. |
| 1.7 | Inani labasebenzi abaqeshwayo ngokusigxina kulwabiwo lwe7% (libandakanya iCDP, uLonwabo kunye neMidlalo yeSikolo) | 12 | 12 | -- |
| 1.8 | Inani lezikolo eligxile kwimidlalo elixhasiweyo | 9 | 9 | - |
| 1.9 | Inani labalungelelanisi boluntu bezemidlalo abahlawulweyo. | 4 | 4 | |

UMnikelo oneMiqathango: INkqubo yoLuntu yokuThatyathwa kweNxaxheba sisiNinzi iSiyadlala

| Inani | Umgqalisela wokusebenza | Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2022/23 | Ufezekiso olululo 2022/23 | Izimvo ngonxaxho |
|-------|--|--|---------------------------|---|
| 1.1 | Inani lolutsha elithabathe inxaxheba kwiinkampu zoLutsha zeSizwe | 120* | 120 | - |
| 1.2 | Inani leeprojekthi zemidlalo nolonwabo ezimiliselweyo ngamabhunga ezemidlalo | 7 | 7 | - |
| 1.3 | Inani labantu abathatha inxaxheba ekuququzeleni imisitho yemidlalo yokuzonwabisa | 30 000 | 48 827 | linkqubo zolonwabo ziqhutywa libango yaye inzame ehlanganyelweyo yenziwa ukwenza asebenze amaziko olonwabo. |
| 1.4 | Inai leeKlabhu zeMidlalo yeMveli elithabatha inxaxheba kwiitumente zeMidlalo yeMveli | 108 | 108 | - |
| 1.5 | Inani laBalungelelanisi bezolonwabo abahlawulweyo | 6 | 6 | - |

*Oku kujoliswe kuko kwahlaziywa kwinkqubo yokwandlalwa ngokutsha ukususela kowama-200 ukuya kwi-120.

UMnikelo oneMiqathango: INkqubo yokuThatyathwa kweNxaxheba sisiNinzi kwiMidlalo yeSikolo

| Inani | Umgqalisela wokusebenza | Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2022/23 | Ufezekiso olululo 2022/23 | Izimvo ngonxaxho |
|-------|---|--|---------------------------|---|
| 1.1 | Inani labafundi elixhasiweyo okokuba lithabathe inxaxheba kwiintshatheli zesizwe zesikolo | 650 | 743 | Ubuntshatsheli obangezelelweyo, uBuntshatsheli beMbaleki zeZikolo zasePrayimari, baqhubeka kweyoKwindla wama-2023 endaweni konyaka-mali omtsha kuTshazimpuzi 2023. |
| 1.2 | Inani labafundi abathabatha inxaxheba kwiitumente zemidlalo yesikolo kwinqanaba lephondo | 1 680 | 3 017 | Ubuntshatsheli bePhondo obangezelelweyo baqhubeka kweyoKwindla wama-2023 kulungiselelwa ubuntshatsheli besizwe beembaleki. Bekukho amacandelo angezelelweyo ngokunjalo okutyisa iimbaleki ezikhubazekileyo kulungiselelwa iMidlalo yaseBusika neyaseHlotyeni yowama-2022. |
| 1.3 | Inani labafundi abathabatha inxaxheba kwiitumente zemidlalo yesikolo kwinqanaba lesithili | 6 400 | 50 742 | Njengenxalenye yephulo lokukhulisa imidlalo yesikolo, iSebe lihlanganise iinkqubo zalo zaseMva kokuPhuma kwesikolo ukwandisa ukuthatyathwa kwenxaxheba. |

UMnikelo oneMiqathango: INkqubo yokuThatyathwa kweNxaxheba sisiNinzi kwiMidlalo yeSikolo

| Inani | Umgqalisela wokusebenza | Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2022/23 | Ufezekiso olululo 2022/23 | Izimvo ngonxaxho |
|-------|---|--|---------------------------|--|
| 1.4 | Inani labaququzeleli bemidlalo esikolweni elihlawuliweyo | 5 | 5 | - |
| 1.5 | Inani lamacandelo esikolo afumene inkxaso | 16 | 16 | - |
| 1.6 | Inani labantu abaqeqeshiweyo okokuba banikezela imidlalo yezikolo | 380 | 729 | Ukufezekisa ngaphezulu kubangelwe yintsebenziswano kunye namacandela ekhowudi. Ootitshala abaninzi kunye/okanye amavolontiya achongwa ngamacandelo okokuba azimase uqeqesho. |
| 1.7 | Inani lezikolo ezinikezelwe izixhobo kunye okanye impahla | 309 | 309 | - |

Izabelo eziChongiweyo

Olu calucalulo lulandelayo lucalulo lwezabelo ezichongiweyo [uhlahlo lwabiwo-mali, inkcitho eyiyo kunye (nenkcitho engaphezulu/nengaphantsi)] zonyaka-mali wama2022/23:

| Igama lezabelo ezichongiweyo | Uhlahlo lwabiwo-mali oluhlenga-hlengisiweyo (R'000) | Inkcitho eyiyo(R'000) | Inkcitho (engaphezulu)/nengaphantsi (R'000) |
|---|---|-----------------------|---|
| Inkxaso-mali kaMasipala yokuTshintsha | 88 792 | 88 283 | 509 |
| UThungelwano lweThala leeNcwadi lweBroadband kunye nokwangezelelwa kwiinkonzo zeThala leeNcwadi kulungiselelwa ibroadband | 4 658 | 4 812 | (154) |
| Uyilo lomsebenzi (umlinganiselo wexesha elipheleleyo) we-EPWP | 4 786 | 4 786 | - |
| Amaziko eMOD kubandakanywa ulungiso, eziluncedo kunye nokhuseleko | 7 965 | 7 312 | 653 |
| ULawulo lokuQulathiweyo lweShishini (ECM) | 12 387 | 7 906 | 4 481 |
| Ukusingathwa kweNdebe yeHlabathi yoMnyazi yowama-2023 | 5 000 | 5 000 | - |
| Entsha: Ukuvavanywa kwezakhono, kweenkqubo zolutsha nengqesho | 2 000 | 251 | 1 749 |
| Entsha: iYear beyond | 15 000 | 15 000 | - |
| Entsha: Inkqubo yeholide | 15 000 | 15 000 | - |

| Igama lezabelo ezichongiweyo | Uhlahlo lwabiwo-mali oluhlengahlengisiweyo (R'000) | Inkciitho eyiyo(R'000) | Inkciitho (engaphezulu)/nengaphantsi (R'000) |
|---|--|------------------------|--|
| Entsha: Imisitho engundoqo | 5 000 | 5 000 | - |
| Entsha: Ukusuka kwiPPF – Cango Caves PPP: Ufundo lokufaneleka olulungiselelwe ulawulo lwexa elizayo lweCango Caves ngenjongo yokwandiswa kokuveliswa kwengeniso ukuqinisekisa ngozinzo kwixa elizayo | 1 000 | - | 1000 |
| Entsha: Ukusuka kwiPPF – Cango Caves PPP: Ulungiselelo lweprojekti olubala iimfuno zokufunda ekufuneka lwenziwe ukumisela isixa-mali senkxaso-mali edingekayo yolungiso lwexesha elifutshane, eliphakathi nexesha elide lweCango Caves kunye nezibonelelo ezikufutshane | 500 | 375 | 125 |
| Entsha: Ukusuka kwiPPF – iZiko leNkcubeko: Ufundo lokufaneleka lwekhona lwePPP lweMelkbos Oppiesee kunye neZiko leNkcubeko laseSchoemanspoort ukuguqula la maziko kwinqanaba eliya kuthi ukusetyenziswa ngabangasese ukwangezelela kuyilo lwethu olukhoyo lokusetyenziswa luluntu | 1 500 | 36 | 1 464 |
| Entsha: Ukusuka kwiFTSF – iNkonzo zonzibelelwano oluqhutywa kwi-intanethi nezeDijithali kooVimba bePhondo leNtshona Koloni | 16 476 | 15 797 | 679 |

Inkxaso-mali kaMasipala yokuTshintsha (R88 792 000)

Injongo yesi sabelo kukuxhasa utyalo-mali lukamasipala kwiinkonzo zethala leencwadi nokuzinzisa unikezelo lobuchule lwexa elizayo nophuhliso lweenkonzo ezinjalo kuninzi loomasipala abasesichengeni olukwinqanaba B3 beNtshona Koloni. Oomasipala abali-15 bafumene iintlawulo ezikhutshelweyo kulungiselelwa abasebenzi, ukusebenza kunye/okanye inkciitho yenkunzi kumathala eencwadi. Uhlahlo lwabiwo-mali olulungiselelwe isabelo esichongiweyo lwaba ngama-R88 792 000, apho ama-R85 600 000 akhutshelwa koomasipala. Iindlela zokubekwa kweliso zibandakanya utyelelo rhoqo kunye neengxelo zarhoqo ngenyanga nezarhoqo ngekota ezingeniswe ngooMasipala kwiSebe.

Uthungelwano lweBroadband lwethala leencwadi kunye neenkonzo zethala leencwadi zokongezelelwa kweBroadband (R4 658 000)

Injongo yesi sabelelo yayikunikela kumaziko e-ICT, ukuthengwa kweenkqubo zekhompuyutha, nokunikezela kumathala eencwadi zikarhulumente ezinofikelelo kwi-intanethi esimahla.

Uyilo lwemisebenzi (elingana nesigxina) EPWP (R4 786 000)

IMicimbi yeNkcubeko ifumene isabelo se-EPWP sokuyila amathuba emisebenzi yabaxhamli njengenxalenye yeNkqubo yeMisebenzi eYandisiweyo kaRhulumente ejolise kwicandelo loBugcisa, leNkcubeko, loLwimi, leLifa leMveli, lamaThala eeNcwadi nelooVimba.

Inkxaso-mali yafunyanwa ngokunjalo yiMidlalo noLonwabo yokuyilwa kwemisebenzi kwiNkqubo yoPhuhliso lweKlabhu, iNkxaso yoMthengi, iNkonzo eziZodwa, ii-Ofisi zeSithili.

Ngaphezulu koko, iingxowa-mali zasetyenziselwa ukwakhiwa kwekhono nokubonelelwa kwabasebenzi. Esi sabelo sasetyenziselwa ngokunjalo ukuyila amathuba emisebenzi kulungiselelwa ulutsha olungenangqesho kuluntu. La mathuba omsebenzi azivelisa kwiiNkqubo zethu zeMOD kunye neSikolo soBumelwane. Ngokuhambelana kunye nekujoliswe kuko kuthatyatho lwenxaxheba yesininzi, ezi nkqubo zisebenze ngokunjalo njengomthombo wetalente, apho abathathi-nxaxheba abanekhono mhlawumbi kulonwabo, kubugcisa kunye/okanye kwinkcubeko banakho ukuchongwa kuthatyatho-nxaxheba lwenqanaba elilandelayo. Ngaphezulu, abo baqeshiweyo kwezi nkqubo, umz., abaqeqeshi, banikwe ufikelelo kumathuba awahlukeneyo, umz., banikwa ithuba lokuzimasa izifundo ezahlukeneyo eziqinisekisiweyo.

Amaziko eMOD kubandakanywa ulungiso, usetyenziso nokhuseleko (R7 965 000)

Amaziko olwabelwano, aseke esikolweni, nasetyenziselwa izinto ezininzi aphuhlisiwe kumaziko awahlukeneyo eMOD (okanye intlanganiso yamaziko eMOD) kunye/okanye izikolo zawo zobumelwane. Iziko ngalinye kula maziko olwabelwano, ngokunjalo, adinga inkxaso ngokuphathelele iindleko zololongo lwawo, zezibonelelo nezokhuseleko. Amaziko kuyabelwana yaye asetyenziswa zizo zonke izikolo kubumelwane, ngokunjalo nobumelwane obuwangqongileyo. Anikezela abathabathi nxaxheba ngeendawo ezikhuselekileyo nezifanelekileyo yaye yindawo apho banakho ukunxibelelana kwimisebenzi yabo eyahlukeneyo yolonwabo, yemidlalo, yobugcisa neyenkcubeko, ukususela kwinqanaba lokuthatyathwa kwenxaxheba sisininzi ukuya kwinqanaba lobungcungela. La maziko anika ingqiqo njengendawo ongayibiza njengekhaya, njengoko le kulapha abathathi-nxaxheba bahlangana khona, banxibelelane, baphuhlise ingqiqo yokumanyana, ngokunjalo nokuba bangobani na, njengoko le kulapho ukuzithemba kukhuliswayo yaye ixabiso labo liyaphuhliswa ngaphezulu.

ULawulo lokuQulathiweyo kweShishini (ECM) (R12 387 000)

Esi sabelo yayisesokusebenz ngokunjalo nenkxaso-mali enxulumene neprojekti. Oko kubandakanywe kukuqaliswa okuHlangeneyo kweDEA&DP, DEDAT ngokunjalo neWCED yaye iqukunjelwe ngempumelelo ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2023.

Ukusingathwa kweNdebe yeHlabathi yeBhola yoMnyazi 2023 (R5 000 000)

Isabelo esichongiweyo sesambuku sezigidi ezi-R5 sakhutshelwa kwiBhodi yeNdebe yeHlabathi yeBhola yoMnyazi 2023 ngesithuba sonyaka-mali wama-2022/23 kulungiselelwa iindleko zokusebenza ezibandakanywe ekusingathweni kweNdebe yeHlabathi yeBhola yoMnyazi 2023.

Entsha: Ukuvavanywa kwezakhono, iinkqubo zolutsha nezengqesho (R2 000 000)

Esi sabelo sanikezelelwa ukuhlola zonke iinkqubo eziphambili ezixhaswa ngemali nguRhulumente weNtshona Koloni kuthelekiswa neZithethe neMigangatho yoLutsha ephuhlisiweyo neyamkelwe yiPTM. Iikowuti ezifunyenweyo bezingaphantsi kunoko bekulindelwe okube nomphumela kwinkcitho engaphantsi kwebilindelekile kwisabelo. Njengakwisabelo esichongiweyo iingxowa-mali azibanga nakho ukwabiwa ngokutsha.

Entsha: I-Year beyond (R15 000 000)

Le nkxaso-mali inikezele ngenkxaso-mali ehlanganyelweyo yelinge lesizwe likaPrezidenti leNgqesho yoLutsha iNkonzo yeSizwe yoLutsha kulungiselelwa ukwandiswa kweYearBeyond okokuba ifikelele kulutsha olungama-3 000. Inkxaso-mali yayikukuxhasa ngemali imivuzo.

Entsha: Inkqubo yeholide (R15 000 000)

Isambuku seminikelo engama-89 senziwa kulungiselelwa ukuqaliswa kweenkqubo zeholide ngeholide yoMnga/yoMqungu. Oku kunikezela ngeendawo zokhuselo nokuhlangana kwabafundi abali 19 315 kunye namathuba omsebenzi ali-1 468 alungiselewe ulutsha.

Entsha: Imisitho engundoqo (R5 000 000)

Kwisambuku sezigidi ezi-R5, izigidi ezi-R3 zabelwa iMicimbi yeNkcubeko zaze izigidi ezi-R2 zasiwa kwiminyhadala yeMidlalo noLonwabo.

Entsha: Ukusuka kwiPPF – Cango Caves PPP: Ufundo lokufaneleka olungiselelwe ulawulo lwexa elizayo lweCango Caves ngenjongo yokwandiswa kokuveliswa kwengeniso ukuqinisekisa ngozinzo kwixa elizayo (R1 000 000)

ISebe lifumene inkxaso-mali ukuqhuba uFundo lokuFaneleka loThelelwano lukaRhulumente nolwaNgasese (PPP) lweCango Caves. IiCango Caves ukususela kwasekuqaleni ibilawulwa ngumasipala wengingqi, ngoko, esi sifundo sijolise ekuqondeni ukufaneleka kwePPP kulawulo lwemiqolomba ukulungiselela ukuphucula uzinzo lwezemali lwayo, amava abatyeleli kunye nolondolozo lwexesha elide.

Unikezelo lwexabiso lokuqala (BID) lweSifundo lokuFaneleka sePPP lweCango Caves lwapapashwa ngethuba lonyaka-mali kodwa akuzange kubekho mpendulo. ISebe lihlaziye ubungakanani, ze umnikezeli wenkonzo ekugqibeleni waqeshwa. Ufundo lokufaneleka lulindeleke okokuba lugqitywe ngowama-2023/24.

Entsha: Ukusuka kwiPPF – Cango Caves PPP: Ulungiselelo lweprojekti olubala iimfuno zokufunda ekufuneka lwenziwe ukumisela isixa-mali senkxaso-mali edingekayo yolungiso lwexesha elifutshane, eliphakathi nexesha elide lweCango Caves kunye nezibonelelo eziyingqongileyo (R500 000).

IsiCwangciso soLawulo loLondolozo (CMP) kubandakanywa neendleko zesifundo sagunyaziswa kulungiselelwa iCango Caves. I-CMP kunye nesifundo seendleko iya kuvumela ulawulo olungcono kunye nocwangciso kweCango Caves yaye iya kwacha ngokubhekiselele kuthantanyiso oluzinzileyo phakathi kwesidingo solondolozo lubume obuntununtunu beniqolomba kunye nesidingo sokwandiswa okunikezelwa ngabatyeleli bayo.

Umnikeli wenkonzo wesiCwangciso soLawulo loLondolozo kunye nofundo lokunikwa kwexabiso waqeshwa ngesithuba sonyaka-mali. Ingxelo yokuqala kunye noyilo lweCMP yangeniswa okokuba ivavanywe liSebe ngumnikezeli wenkonzo. Kulindeleke okokuba iprojekti ibe iya kugqitywa ekuqaleni kowama2023/24.

Entsha: Ukusuka kwiPPF – iZiko leNkcubeko: Ufundo lokufaneleka lwekhona lwePPP lweMelkbos Oppiesee kunye neZiko leNkcubeko laseSchoemanspoort ukuguqula la maziko kwinqanaba eliya kuthi ukusetyenziswa ngabangasese ukwangezelela kuyilo lwethu olukhoyo lokusetyenziswa luluntu (R1 500 000)

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo inamaziko enkcubeko asixhenxe athi asetyenziselwe ukukhuthaza nokuphuhlisa ubugcisa nenkcubeko. La maziko asetyenziswa ikakhulu

ngamaqela oluntu, izikolo, kunye namaziko enkolo ngomrhumo ophantsi. Amaziko anokuba nekhono lokuvelisa ingeniso engaphezulu yaye ngoko isixa-mali sesigidi esi-R1.5 sabelwa ukuqulunqa ufundo lokufaneleka kulungiselelwa ukuyilwa ngokutsha kweziko iMelkbos Oppiesee kunye neSchoemanspoort. Isifundo siqalise ngesithuba esiphantsi kovavanyo.

Entsha: Ukusuka kwiFTSF – iInkonzo zonxibelelwano oluqhutywa kwi-intanethi nezeDijithali kooVimba bePhondo leNtshona Koloni (R16 476 000)

Oomatshini bedijithali bokusingasinga uxwebhu bathengwa ngesithuba sonyaka-mali wama-2022/23. Abasebenzi baya kuqeqeshwa ekusetyenzisweni kwesixhobo ekuqaleni konyaka-mali wama2023/24. Ikhamera i3D eya kuthi isetyenziswe ukufota ingcaciso kulungiselelwa ukhenketho oluqhutywa ngobuxhakaxhaka bekhompyutha yethengwa ngesithuba sonyaka-mali wama-2022/23. ISebe lisendleleni yokufuna iinkonzo zokuvumelana kulungiselelwa ukusingathwa kwengcaciso yedijithali yokhenketho lobuxhaka-xhaka bekhompyutha.

Ukuqinisekisa ngokuxhotyiswa kweMicimbi yaBasebenzi, isihlanu samalungu abasebenzi beEPWP baqeshwa ngomhla woku1 kuTshazimpuzi 2022, Inkqubo yokufunwa kwabasebenzi yezithuba ezibini zethutyana sele ikumanqanaba okugqibela ekupheleni konyaka-mali wama-2022/23.

7. IiNgxowa-mali zoMnikelo

Akukho ngxowa-mali zomnikelo zifunyenweyo kunyaka ophantsi kovavanyo.

8. UTyalo-mali lweNkunzi

8.1. Utyalo-mali lwezakhiwo, ulolongo, kunye nesicwangciso solawulo lwe-asethi

Alukho.

ICandelo C

ULAWULO

1. INTSHAYELELO

ULawulo, uLawulo loMngcipheko, nokuHambelwano ziintsika ezintathu ezisebenzisanayo ngenjongo yokuqinisekisa ukuba iSebe lihlalangebezana neenjongo zalo. Uhambelwano nemigaqo-nkqubo kwaneenkqubo zeSebe, imithetho nemimiselo, ulawulo oluqinileyo nolunobuchule luthathwa njengolusisitshixo esisa kwimpumelelo yeSebe. Eli candelo linika uvavanyo ngokubanzi olumiliselwe kwiSebe.

2. UKULAWULWA KOMNGCIPHEKO

ISebe liseke iKomiti yoLawulo loMngcipheko weShishini kunye neeNqobo eziseSikweni (ERMECO) ukunceda iGosa eliNika iNgxelo (AO) ekumiliseni uxanduva lwalo olunxulumene nolawulo lomngcipheko.

UMgaqo-nkqubo woLawulo loMngcipheko weShishini kunye neQhinga

ISebe lamkele uMgaqo-nkqubo woLawulo loMngcipheko weShishini ngomhla we12 kuTshazimpuzi 2021 kulungiselelwa ikinyaka-mali yowama2021/22 – 2024/25. Lo mgaqo-nkqubo uchaza ifilosofi yolawulo lomngcipheko yaye ubonisa, kwinqanaba eliphezulu, iindima noxanduva lwabachaphazelekayo abahlukeneyo. Unikezela ngesiseko senkqubo yolawulo lomngcipheko ethi yangezelelwe zinkcukacha kwiqhinga.

Iqhinga loLawulo loMngcipheko weShishini (ERM) yaye isicwangciso somiliselo sicalula indlela iSeba eliqhuba ngayo ukumiliselela uMgaqo-nkqubo we-ERM eyamkelwe liGosa eliNika iNgxelo (AO). Eli qhinga le-ERM lincedwa nguMgaqo-nkqubo wePhondo woLawulo loMngcipheko weShishini kunye neQhinga (PERMPS) ngokunjalo noMgaqo-nkqubo wayo we-ERM kunye neprofayile zomngcipheko.

UXanduva lwe-ERMECO

I-ERMECO inike ingxelo yokokuba ihambelene noxanduva lwayo oluvela kwiCandelo 38 (1)(a)(i) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, uMthetho weCandelo loLawulo lweMali 3.2.1 kunye neMithetho yeNkonzo kaRhulumente yowama2016, iSahluko 2, iCandelo 1, 2 kunye nesi-3. I-ERMECO inike ingxelo ngokunjalo okokuba yamkele iMiqathango yeSikhombisi efanelekileyo nesesikweni (eyamkelwe nguSihlalo we-ERMECO ngomhla wama24 kuCanzibe 2022) nokulawula imicimbi yayo ukuhambelana neMiqathango neSikhombisi yaye iqhube ngoxanduva lwayo njengoko luqulathwe kuyo.

AmaLungu e-ERMECO

I-ERMECO iqulathe iOA, amalungu olawulo oluphezulu, iSMS kunye namalungu akhethiweyo eqela lolawulo lweSebe. NgokweMiqathango yeSikhokhelo sayo iERMECO ihlangene amaxesha amane kulo nyaka uphantsi kovavanyo. Zonke iintlanganiso sizinyaswe ngawo onke amalungu okanye abameli bawo.

Itheyibhile engasezantsi ibhengeza ingcaciso efanelekileyo ngamalungu eERMECO:

| ILUNGU | ISIKHUNDLA | EZIZINYASIWEYO | UMHLA WOKUQESHA |
|--------------------------|---|----------------|-----------------|
| Mnu G Redman | IGosa eliNika iNgxelo (uSihlalo) | 4 | 21/08/2019 |
| Nksk B Rutgers | Umlawuli: ULawulo lweMali (CFO) | 4 | 01/04/2019 |
| Nksk C van Wyk | Umlawuli oyiNtloko: IMicimbi yeNkcubeko | 3 | 08/07/2022 |
| Nksk C Sani | Umlawuli: INkonzo yeThala leeNcwadi | 4 | 01/04/2019 |
| Mnu D Esau | USekela Mlawuli: ULaulo lwaNgaphakathi (IGcisa loMngcipheko) | 4 | 01/04/2019 |
| Mnu D Flandorp | USekela Mlawuli: IYunithi yoBudlelwane beShishini (IGosa leeNqobo eziseSikweni) | 3* | 01/04/2019 |
| Nksk J Boule | INtloko yeNkqubo yoLutsha neyaseMva kokuPhuma kweSikolo | 4 | 01/04/2019 |
| Nksk J Moleleki | Umlawuli: liNkonzo zoBugcisa, iNkcubeko noLwimi | 3* | 01/04/2019 |
| Mnu M Janse van Rensburg | Umlawuli: liNkonzo zamaZiko oLondolozo lweMali, zeLifa leMveli kunye naMagama eeNdawo | 3* | 29/10/2021 |
| Gq. L Bouah | Umlawuli oyiNtloko: weMidlalo noLonwabo | 4 | 01/04/2019 |
| Nksk. N Dingayo | Umlawuli: INkonzo yooVimba bePhondo | 3* | 12/03/2019 |
| Mnu S Julie | Umlawuli: INkxaso yeQhinga noLawulo lokuSebenza | 2* | 01/04/2019 |
| Mnu K Blacker | Umlawuli: ULawulo lokuQulathweyo kweShishini | 1* | 08/04/2019 |
| Mnu T Tutu | Umlawuli: UkuKhuthazwa kweMidlalo | 4 | 01/04/2019 |
| Mnu P Hendrics | Umlawuli woPhuhliso lweMidlalo | 2* | 01/04/2019 |

*Kuya kusoloko kukho ummeli weyunithi xa amalungu engakwazi ukuzimasa iintlanganiso

Okulandelayo kungumqondiso wamanye amagosa athe azimasa iintlanganiso ze-ERMECO kunyaka ophantsi kovavanyo:

| IGAMA | ISIKHUNDLA | EZIZINYASIWEYO |
|-------------------|--|----------------|
| Nksk A Haq | Umlawuli: ULawulo loMngcipheko weShishini | 4 |
| Nksk C Cochrane | UMcebisi oyiNtloko weNtlekele: ULawulo loMngcipheko weShishini | 2 |
| Mnu P De Villiers | USekela Mlawuli: UMphicothi-zincwadi waNgaphakathi | 4 |
| Mnu P Swartbooi | Umlawuli: UPhicotho-zincwadi lwaNgaphambili | 1 |
| Nksk M Natesan | USekela Mlawuli: liNkonzo zeNkundla zePhondo | 4 |
| Mnu E Peters | IGcisa loMngcipheko we-IT: ULawulo lwe-IT | 1 |

IMISEBENZI ENGUNDOQO YE-ERMECO

I-OA ngusihlalo we-ERMECO kunye neSekela loMlawuli: ULawulo lwaNgaphakathi liGcisa loMngcipheko lesebe. Ekumiliseni umsebenzi walo, iERMECO yenza le misebenzi ingundoqo ilandelayo ngesithuba sonyaka:

- Ukuvavanywa kweQhinga le-ERM leSebe, kunye nesiCwangciso soMiliselo phambi kwengcebiso eyenziwa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi nolwamkelo olwenziwa yiAO;
- Ukubekwa kweliso nokuvavanywa imingcipheko kumacandelo amaqela acwangcisiweyo kumanqanaba olangazelelo, ukuvavanywa nokusetyenziswa kolangazelelo olufanelekileyo lomngcipheko nokunyamezelana okukhokhelweyo yiPERMPS okwamkelwe ngaBalawuli abaPhezulu bePhondo;
- Kunikwe ingxelo kwiAO ngazo naziphi na iinguqu ezibonakalayo kwimbonakalo yomngcipheko weSebe;
- Ukuqinisekiswa kwemingcipheko yeqhinga yobumi besebe. Oku kubonise iinzame zesebe ekulungisweni kwemiba yokunikela kunye nempembelelo enxulumene ngqo kubemi;
- Ingqiqo yomngcipheko efunyenweyo neengxelo zentsingiselo;
- Ukuchongwa kwemingcipheko evelayo;
- Imingcipheko evavanyiweyo engaphandle kwamanqanaba onyamezelo kulungiselelwa izenzo ezingaphezulu/ ingqiqo;
- Ukubekwa kweliso kumiliseko lwesiCwangciso sokuMiliselwa kokuThintelwa koBuqhophololo noRhwaphezulu;
- Ukubekwa kweliso kumiliseko loMgaqo-nkqubo we-ERM yeSebe, isiCwangciso seQhinga noMiliselo;
- Ukuvavanywa kokufaneleka namaqhinga okuthintela ukulungisa imingcipheko yemathiriyeli, iinqobo ezisesikweni kunye nolwaphulo-mthetho loqoqosho;
- Ukunikezelwa kolongamelo kulawulo lweenqobo ezisesikweni kwisebe.

Imingcipheko engundoqo eqwalaselweyo yaze yalungiswa kwisithuba sonyaka:

1. **Ukunganeli kwendawo ukugcina kuvimba zonke iirekhodi ezifunyenwe zivela kumaziko karhulumente.** Kunyaka ophantsi kovavanyo umngcipheko wagqithiselwa kwirejista yomngcipheko yephondo lweWCG. Lo mngcipheko weqhinga ubalulekile kurhulumente wonke njengoko ungaphembeleli nje kuphela isigunyaziso seSebe kodwa ngokunjalo amaqumrhu ngokubanzi orhulumente weNtshona Koloni. ULawulo olukhoyo alwanele njengoko isithuba sinyiniwe, yaye isithuba esangezelelweyo esifanelekileyo nesilungileyo sidingeka.
2. Umngcipheko weqhinga **“unekhono elinganele lokufezekisa iziphumo zesebe”** uchazwe ngokubanzi kodwa ujolise kokungaphandle okufana nemali karhulumente nembonakalo yoqoqosho emfiliba ebe nomphumela yemiqathango engqongqo kakhulu echaphazela iindleko zengqesho nokungaqiniseki okumalunga neminikelo enemiqathango. Ucamngca ngokunjalo ikhono leSITA lokunikezela ngokufanelekileyo inkxaso yetheknoloji yengcaciso yeeNkonzo zeThala leeNcwadi.
3. Umngcipheko weqhinga **“Ukungabi nakho ukunikezela neenkonzo zesebe ezisemthethweni kunye nezinye ezinxulumene nazo ngenxa yeziphazamiso ezingacwangciswa, nezibalulekileyo”** wachonga kuqala kubume bemiba erheshayo yeCOVID-19, ngoko intlekele yombane nekhono elinganele leSITA

lokunikela ngokufanelekileyo ngeenkono ze-IT kube ngunobangela wokwanda kwalo mngcipheko. Ngesithuba sekota yesine iSebe lalijolise ekuvavanyeni isicwangciso salo solawulo lokuqhubeka koshishino licamngca zonke indlela ezingakho eziphathelelene nokuphazanyiswa kombane nezithintelo ezingaphezulu ziya kuxoxwa kunyaka-mali omtsha.

4. Umngcipheko weqhinga **“Ukunqongophala kwekhono lemali nabasebenzi ukunikezela ngenkxaso eyaneleyo nefanelekileyo kulutsha ngokuphathelelene nophuhliso lolutsha kwiPhondo leNtshona Koloni”** ubangelwa ikakhulu bubume obukhoyo bemali karhulumente ngokuhambelana nekhono loqoqosho lokuqesha ulutsha kunye nezabelo ezinqongopheleyo zohlahlo lwabiwo-mali ukulungiselela amalinge ophuhliso lolutsha. Oku kunokuba nomphumela wokuhla emoyeni kolutsha, ukuchwethelwa bucala, kunye nokungabi nayo ingqiqo yokuba yinxalenye, nto leyo yayiqaqanjiswe kwiNgxelo yeHlabathi yoMngcipheko weHlabathi wweForum yoQoqosho. Isebe linamangenelo amaninzi olutsha akhoyo okuthintela umngcipheko nokunikezela ngamathuba engqesho.
5. Umngcipheko weqhinga onxulumeneyo **“Isidima sePhondo ekusingatheni iNdebe yeHlabathi yeBhola yoMnyazi 2023”** wachongwa njengomba wangaphandle (ufana nentlekele yombane, izenzo zoqhankqalazo kunye nezibonelelo ezikhoyo) kunokuba nempembelelo embi kwisidima sephondo ngesithuba seNdebe yeHlabathi
6. Imingcipheko engundoqo, okt., **“Umngcipheko wokulahleka kwee-asethi (imathiriyeli) zethala leencwadi” kunye “Nokufaneleka kokusebenza kweNkonzo yeThala leeNcwadi elinikezela ngemathiriyeli yethala leencwadi kuthintelwa yinkqubo yeSLIMS”** yacamngcwa njengoko wandiswa kukungafumaneki kwenkqubo yeSLIMS ngesithuba sokunikwa kwengxelo waze wanomphumela wokulahleka kweenkcukacha zamanani emva kokubuyiselwa esimeni sangaphambili kwenkqubo. Ukulahleka kweenkcukacha zamanani kwiSLIMS kuchaphazele yonke imisebenziebandakanya, ukukhethwa, ukuthengwa, ukufakwa kwemathiriyeli kwikhathalogu, ulawulo lwee-asethi nokuhanjiswa. ISebe ngokunjalo namathala eencwadi karhulumente kwanyanzeleka ukuba amilisele iinkqubo ezenziwa ngesandla ukulungiselela ukuqhubeka konikezelo lwenkonzo ngeli thuba inkqubo yayingasebenzi, aze alandela inkqubo ekusetyenziswa kakhulu abasebenzi ukuhlaziya iSLIMS ngengcaciso ehaliweyo xa ithe inkqubo yaphinda yasebenza.

Imingcipheko ephambili evelayo kunyaka-mali olandelayo:

ISebe liyazi ngokuphandle ngeenyaniso zoqoqosho nokuncipha komqulu wohlahlo lwabiwo-mali xa kuthelekiswa neentswelo zoluntu. Imingcipheko engakho ibekwa iliso ngokusondeleyo yaye iyaxoxwa yaye ilawulwe. Eminye imingcipheko evelayo kwiSebe kukusingathwa kwemisitho ephambili nokukhusela isidima sephondo, ngokunjalo nokhuselo lwabasebenzi beseba ngethuba lokumiliseka imisebenzi yabo. Le mingcipheko iya kuqwalaselwa ngaphezulu kunyaka-mali omtsha.

Imingcipheko yolawulo

limvavanyo zomngcipheko zarhoqo zeqhinga kunye nenkqubo ziqhutyelwa ukumiseka ukufaneleka kweqhinga lolawulo lwomngcipheko wesebe nokuchongwa kwemingcipheko emitsha nevelayo ngenxa yotshintsho kubume bangaphakathi kunye/okanye

bangaphandle. Imingcipheko yenkqubo nganye yacamngcwa ze yaxoxwa enyakeni ze yandlalwa kwiintlanganisano zarhoqo ngekota ze-ERMECO. Abaphathi abaphezulu badingeka okokuba banikezele ngeempendulo kwinkqubela phambili kumilisele lwezicwangciso zokusebenza ukunciphisa ukubakho kwemingcipheko evelayo kunye/okanye ephembelelayo ukuba ingabakho. I-ERMECO iyibuyisele ngokunjalo imingcipheko kwiinkqubo ezahlukeneyo okokuba kufuneka ihlahlelwe ngokubanzi kakhulu ze yacebisa izithintelo ezangezelelweyo okanye izenzo zokulwalwa kwemingcipheko. Abalawuli bathabathe ubunini bemingcipheko baze basoloko bexoxa imicimbi yomngcipheko kumaqonga awahlukeneyo njengenxalenye yenkcubeko yayo ngenzame zokuthintela imingcipheko ngendlela ehanganiselweyo nenenguqulelo. UMgaqo-nkqubo we-ERM yeSebe kunye neQhinga zihanjiswa kuwo onke amagosa rhoqo ngonyaka kulungiselelwe okokuba ahlale engongqa phambili ngezandiso ezingenisweyo njengendlela yokwendelelisa ulawulo lomngcipheko kulo lonke isebe. Amathuba olwazi lomngcipheko aziswe kwangaphambili nawesiqhelo aqhutywa ngokunjalo ukwabelana ngemiba yokuphawula ukulungiselela ukuba ulawulo lomngcipheko lunakho ukomelela kwisebe. Imisebenzi ecalulweyo kwisicwangciso somilisele soloko sibekwa iliso yaye kunikwe ingxelo ngamathuba athile kuyo, ngendlela enye okuthi okunikezelweyo kwe-APP kubekwe ngayo iliso, ukulungiselela ukuchonga imingcipheko engakho nonxaxho oluvela kwimigqalisela kunye nofezekiso lweziphumo nokungahanjelwana nezigunyaziso zomthetho nezomgaqo-nkqubo.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yeMbumba yeNtlalo inikezele ngolongamelo oluzimeleyo lolawulo lomngcipheko wenkqubo yesebe. IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanikezelwa ngeengxelo zenkqubela phambili ze-ERM zarhoqo ngekota kunye neerejista zomngcipheko ukumiliselela indima yolongamelo lwayo oluzimeleyo.

Ukuqokumbela

Kubekho inkqubela phambili engummangaliso kulawulo lwemingcipheko ngesithuba sonyaka-mali wama-2022/23. Inkqubela phambili elungileyo yenziwa ekwendeleliseni ulawulo lomngcipheko nokunyuswa kwenqanaba lokomelela kumngcipheko kwisebe okuthe kwanikela kumsebenzi olwamkelekileyo wesebe. Impucuko ingabalelwa kulwazi lomngcipheko kunye neenkqubo zoqeqesho ezinikezelwe kumagosa kwiSebe kusetyenziswa iqonga leenkqubo zekhompyutha zeMS Teams/inkomfa yevidiyo.

Ukugqibelela komngcipheko owandileyo kwisebe kukhokhelele kumaqhinga aphuculweyo okusabela kumngcipheko kulungiselelwa ukuchongwa kwemingcipheko ekwiinkqubo ezahlukeneyo (kwiSebe).

3. UBUQHOPHOLOLO NORHWAPHILISO

Ubuqhophololo norhwaphilizo lubonisa imingcipheko emikhulu enokubakho kwiimpahla zeSebe kwaye bungakuchaphazela kakubi ukuhanjiswa kweenkonzo ngobuchule kunye nesidima seSebe.

IWCG yamkele iQhinga lokuLwa uBuqhophololo noRhwaphilizo eliqinisekisa ukubuphelisa nya kweli Phondo ubuqhophololo, ubusela norhwaphilizo. Ngokungqinelana neli qhinga iSebe lizibophelele ekuzipheliseni nya naziphi ezinye izenzo ezijolise kubuqhophololo, urhwaphilizo naziphi na ezinye iintshukumo zolwaphulo-mthetho, nokuba zezangaphakathi okanye zezangaphandle, yaye liswantsulisa litshutshise ngazo zonke iindlela ezisemthethweni

ezifumanekayo, nabaphi na abantu abazibandakanya kwizenzo ezinjalo okanye abazama ukwenjenjalo.

ISebe lamkele isiCwangciso sokuThintela ubuQhophololo noRhwaphilizo kunye nesiCwangciso soMiliselo esihamba kunye naso esinika uncedo kwisiCwangciso soThintelo.

Amajelo ahlukeneyo okuxela izityholo zobuqhophololo, ubusela norhwaphilizo akhona yaye achaziwe ngokubanzi kwiQhinga lePhondo lokuLwa uRhwaphilizo noBuqhophololo, uMgaqo-nkqubo weWCG wokuNtama kunye nesiCwangciso seSebe sokuThintela uBuqhophololo noRhwaphilizo. Ngasinye isityholo esifunyanwa liCandelo leeNkonzo zoPhando lwaseNkundleni lePhondo (PFS) siyarekhodwa kwiNkqubo yoLawulo lweTyala esetyenziswa njengesixhobo solawulo ukunika ingxelo ngenkqubela eyenziweyo ngamatyal aphaathelele kwiSebe lize linike iinkcukacha zamanani kulungiselelwa iWCG kunye neSebe.

Abasebenzi kunye nabasebenzi abantama izenzo ezikrokreleka njengezobuqhophololo, urhwaphilizo nobusela bakhuselekile ukuba ingxelo leyo inikiweyo yingxelo ekhuselweyo (o.k.t. iyayifezekisa iimfuno ezisemthethweni zoMthetho weziBhengezo eziKhuselweyo, onguNombolo 26 wama-2000, umz. Ukuba ngaba isibhengezo senziwe ngokuthembakeleyo). UMgaqo-nkqubo weWCG wokuNtama unikezela ngezikhokhelo kubasebenzi ngendlela yokuphakamisa iinkxalabo kubalawuli abanika ingxelo kubo abafanelekileyo, abantu abatyunjwe ngqo kwiWCG okanye kumaziko angaphandle, apho banezizathu ezibambekayo zokukholelwa ukuba ngenene kukho izenzo zolwaphulo-mthetho okanye ezitenxileyo ezaye zenziwa okanye ezenziwayo kwiWCG. Ithuba lokuhlala lingaziwa igama lakho linikwa nabani na onqwenela ukuxela izenzo zobuqhophololo, ubusela norhwaphilizo kwaye ukuba bakwenzile oko ngokuza ngokwabo, amagama abo agcinwa eyimfihlo ngulowo kunikwa kuye ingxelo.

Ukuba, emva kophando, ubuqhophololo, ubusela okanye urhwaphilizo bungqinisiwe, umsebenzi ochaphazelekayo kwezi zenzo ufakwa kwinkqubo yoluleko. Ummeli weWCG oqalise iinkqubo zoluleko kufuneka acebise ukuba agxothwe loo msebenzi uchaphazelekayo. Xa kukho ubungqina obubambekayo besenzo solwaphulo-mthetho, oko kuxelwa kwiiNkonzo zamaPolisa oMzantsi Afrika.

Kunyaka ophantsi kohlolo, i-PFS ikhuphe iSatifiketi sokuHamba kweTyala leSebe esiphawula okulandelayo:

| Amatyala | Inani lamatyala |
|---|-----------------|
| Amatyala asaqhutywayo ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2022 | 0 |
| Amatyala amatsha (2022/23) | 1 |
| Amatyala avaliweyo (2022/23) | (1) |
| Amatyala asaqhutywayo ngomhla wama31 kweyoKwindla 2023 | 0 |

Itheyibhile elandelayo ihlahlela ngaphezulu ityala elivaliweyo njengoko kubonisiwe ngasentla:

| Uhlobo nesiphumo sophando setyala elivaliweyo case |
|--|
| Uphando lwaqakunjelwa kungekho okungalunganga okufunyenweyo. |

4. UKUNCITSHISWA KWEDOLO

Onke amalungu eeNkonzo zaBalawuli abaPhezulu (SMS) kulindeleke angenise izibhengezo zonyaka zemali ukuqinisekisa ukuba akukho dolo ekwenzeni umsebenzi weSebe. Abasebenzi abaqeshwe kumanqanaba omvuzo 9 kunye nele-10 adingeka ngokunjalo okokuba angenise izibhengezo zabo zemali. Onke amalungu abasebenzi asebenza kumaqela okutyumba abasebenzi kufuneka azalise isibhengezo ukubhangisa naliphi na idolu elinokuchonga ngokuphathelele kubagqatswa abenze izicelo kwizithuba ezipapashiweyo. Ukuba kunokubakho idolu elinokuvela ngokubhekisele kwilungu leqela, kuya kufuneka lirhoxe kuloo nkqubo. Amalungu eKomiti yokuBizwa kwamaXabiso kulindeleke ukuba asayine isibhengezo sokubakho kwedolo xa kuvavanywa kukwachotshelwa uhlolo lwamaxabiso. Abasebenzi abaqeshwe kwiCandelwana loLawulo loBudlelane beeNkonzo zeQumrhu bazalisa ingxelo yokugcina iimfihlo ngenxa yokuba besebenza ngemicimbi enobu-ethe-ethe yeenkcukacha zolawulo lwemicimbi yabasebenzi yonke imihla. Inkqubo yeSibhengezo seDolo yanikezelwa kubo bonke abasebenzi abasandula ukuqeshwa yiDCAS yaye bacelwa okokuba bachaze ukuba kungakho idolu na xa besenza imisebenzi yabo.

1. UMGAQO WOKUZIPHATHA

Bonke abaqeqeshwa besengqeshweni abasandula ukuqeshwa befumana aMava okokuQala oMsebenzi kwinkqubo yeNkulumbuso yokuQhutyelwa Phambili koLutsha (PAY) bafumana uMgaqo wokuZiphatha njengenxalenye yomqulu wokumiselwa kwabo engqeshweni liSebe. Lo Mgaqo wanikezelwa kubo bonke abasebenzi yaye abasebenzi kufuneka baqinisekise ngento yokuba balufumene olu xwebhu. ISebe liqhubile ngokwazisa abasebenzi ngokusetyenziswa kwemiyalezo ehamba nge-intanethi nangeeselula ngokusetyenziswa kwezikhokhelo ezihambelana nomgaqo-nkqubo wePhondo wemiyalezo ehamba ngeselula. Izikhokhelo ziyafumaneka kubo bonke abasebenzi yaye zithiwa zandlalwa kwabaqeqeshwa besengqeshweni abasandula ukuqeshwa bePAY ngokunjalo nakwiintlanganiso zecandelo ukuqinisekisa ngento yokuba abasebenzi bayalungisa uxanduva lwabo xa kusetyenziswa upapasho lweselula. Abasebenzi bayaziswa ngokunjalo ngoxanduva lwabo lokwenza isicelo kuxwebhu lokuHlawulelwa ngokwenza uMsebenzi ongaPhandle kweNkonzo kaRhulumente (Remuneration for Work Outside the Public Service) (RWOPS) xa kufanelekile.

5. IMiba yeMpilo, yoKhuselo neyokusiNgqongileyo

KweyeSilimela wama-2022, uPhicotho/uHlolo loNyaka lweNgingqi luqaliswe eWest Cost apho ii-ofisi ezingama-32 zahlololwa ukuthotyelwa komthetho.

ISebe libe neentlanganiso rhoqo ngokunjalo apho imiba yendawo yokuhlala, yokhuselo neyokhuseleko yaxoxwa ngokwahlukeneyo.

UMphathi woKhuselo ubamba ngokunjalo iintlanganiso rhoqo ngenyanga kunye noMcebisi waKhuselo kunye nabasebenzi beSebe loKhuselo loLuntu ukuxoxa nokulungisa imicimbi echaphazela iSebe.

6. IIKOMITI ZEZIKHUNDLA ZEPALAMENTE

| Inflanganiso | Isihloko |
|--|--|
| IKomoti eSigxina yoKhuselo loLuntu neMicimbi yeNkcubeko neMidlalo | |
| 29 kweyoMsintsi 2022 | Utyelelo kwiNew Horizons Library ngethuba leVeki yoTyelelo kuMasipala waseBitou |
| 27 kweyeDwarha 2022 | Ingxoxo kwiiNgxelo zoNyaka zowama-2021/22 zeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye namaqumrhu alo: iLifa leMveli leNtshona Koloni, iKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni, kunye neKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni. |
| 28 kweyeNkanga 2022 | Ingxoxo kwiVoti 13: iMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kwiShedyuli kuMthetho oYilwayo woLwabiwo-mali oluHlenga-hlengisiweyo, 2022. |
| 3 kweyoMdumba 2023 | Utyelelo kwiLadismith Library ngethuba leVeki yoTyelelo kuMasipala waseKannaland. |
| 16 kweyoKwindla 2023 | Ingxoxo kwiVoti 13: iMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kwiShedyuli kuMthetho oYilwayo woLwabiwo-mali oluHlenga-hlengisiweyo, 2023. |

7. IZindululo zeSCOPA

Akukho zindululo ezipapashiweyo zeSebe.

Isebe libe nezi ntlanganiso zilandelayo kunye neKomiti yePhondo yee-Akhawunti:

| Inflanganiso | Isihloko |
|---------------------------------------|--|
| IKomiti yePhondo yee-Akhawunti | |
| 27 kweyeDwarha 2022 | Ingxoxo kwiiNgxelo zoNyaka zowama-2021/22 zeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye namaqumrhu alo: iLifa leMveli leNtshona Koloni, iKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni, kunye neKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni. |

8. ULungiso lwaNgaphambili kwiiNgxelo zoPhicotho-zincwadi

Alukho

9. Ulawulo lWangaphakathi

Iluxanduva lweGosa eliNika iNgxelo ukuqhubeka ngokuvavanya nokuhlola ulawulo lWangaphakathi ukuqinisekisa ukuba imisebenzi yolawulo ekhoyo iyasebenza, ifanelekile nokuba iyaphuculwa xa kuyimfuneko. Ukufezekisa oku, isicwangciso sophuculo lolawulo lwemali sarhoqo ngekota neentlanganiso zolawulo eziphambili ziyabanjwa noMphicothi-zincwadi Jikelele, abalawuli benkqubo yeSebe noMphathiswa. Le yinkqubo eqhubekayo yokuqinisekisa ukuba iDCAS igcina iziphumo zophicotho zincwadi lwazo lungenaziphene. ISebe liyile iQhinga loLawulo lWangaPhakathi nesiCwangciso esichaza isicwangciso esikumgangatho ophezulu esingomiliselo kolawulo lWangaphakathi kunye nemisebenzi yalo engundoqo.

10. UPhicotho-zincwadi lWangaphakathi kunye neKomiti zoPhicotho-zincwadi

UPhicotho-zincwadi lWangaPhakathi lunika abalawuli iinkonzo ezizimeleyo, isiqinisekiso esinenjongo kunye nezokufumana iingcebiso eziyilelwe ukwangezelela ixabiso nokuphucula ngokuthe gqolo imisebenzi yeSebe. Kufuneka lunceda iSebe ukufezekisa iinjongo zalo ngokuzisa indlela elungeleleneyo nesebenzayo ukulungiselela ukuhlola nokuphucula ukusebenza kakuhle koLawulo, uLawulo loMngcipheko neenkqubo zoLawulo. Kwenziwa le misebenzi iphambili ilandelayo ngalo mba:

- Ukuhlola nokwenza iingcebiso ezifanelekileyo zokuphucula iinkqubo zoLawulo ekuphumezeni iinjongo zesebe;
- Ukuvavanya ukufaneleka nokusebenza nokunikela kuphuculo lwenkqubo yokulawulwa komingcipheko;
- Ukuncedisa iGosa eliNika iNgxelo ekugcineni ulawulo olufanelekileyo nolusebenzayo ngokuvavanya olo lawulo ukuqinisekisa ukusebenza nobuchule balo, nokuphuhlisa iingcebiso zokwandisa okanye ukuphucula oko.

Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lWangaphakathi weSebe wagqitywa kunyaka ophantsi kovavanyo lweSebe ubandakanya iintlanganiso ezintandathu zengqinisekiso, iintlanganiso ezimbini ezinqamlezileyo kunye nezintathu zokulandela uphicotho-zincwadi. Iinkcukacha zezi ntlanganiso zibandakanyiwe kwingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi imiselwe njengequmrhu lokongamela, elibonelela ngokongamela okuzimeleyo kulawulo, kulawulo lwemingcipheko nakwiinkqubo zoLawulo kwiSebe, okuquka ukongamela novavanyo olunxulumene noku kulandelayo:

- Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lWangaPhakathi;
- Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lWangaphandle (uMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika - AGSA);
- UCwangciso-mali lweSebe nokunikezelwa kwengxelo;
- IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali yeSebe;
- Ulawulo lwe-AGSA nengxelo yophicotho-zincwadi;
- UkuBekwa kweliso kwaPhakathi eNyakeni kweSebe;
- ULawulo loMngcipheko kwiSebe;

- ULawulo lwaNgaphakathi;
- Iinjongo ezimiselwe kwangaphambili;
- IiNqobo eziseSikweni, uBuqhophololo noRhwapphilizo

ITheyibhile engasezantsi ibhengeza ingcaciso efanelekileyo ngamalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi:

| Igama | Amanqanaba emfundo | Ungaphakathi okanye ungaphandle | Ukuba ungaphakathi, isikhundla kwiSebe | Umhla wokuqeshwa | Umhla wokurhoxa | Inani leentlang aniso ezizinyasi weyo |
|-------------------------------|--|---------------------------------|--|-----------------------------------|-----------------|---------------------------------------|
| Mnu Pieter Strauss (USihlalo) | BCom Accounting; BCompt Honours; CA (SA) | Ngaphandle | N/a | 1 kweyoMqungu 2022 (iKota yesi-2) | N/a | 7 |
| Mnu Ebrahim Abrahams | BCom Accounting Honours | Ngaphandle | N/a | 1 kweyoMqungu 2022 (iKota yesi-2) | N/a | 7 |
| Nksk Annelise Cilliers | BCompt Honours; CA (SA) | Ngaphandle | N/a | 1 kweyoMqungu 2022 (iKota yesi-2) | N/a | 7 |
| Nksk Fayruz Mohamed | BCompt Honours; CA (SA) | Ngaphandle | N/a | 1 kweyoMqungu 2022 (iKota yoku-1) | N/a | 6 |

11. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI

Siyavuya ukunika ingxelo yethu yonyaka-mali ophela ngowama31 weyoKwindla 2023.

Uxanduva lweKomiti yoPhicotho-zincwadi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inika ingxelo yokuba ihambelene noxanduva lwayo oluthathelwa kwiCandelo 38 (1) (a) (ii) loMthetho wokuLawulwa kweMali kaRhulumente noMmiselo weCandelo loLawulo-mali 3.1. Le Komiti yoPhicotho-zincwadi ikwanika ingxelo yokuba yamkele imigaqo yokusebenza esesikweni efanelekileyo njengoMqulu wayo weKomiti yoPhicotho-zincwadi wayo, iye yalawula imicimbi yayo ngokuhambelana nomqulu kwaye imilisele yonke imisebenzi enoxanduva lwayo ekuwo njengoko iqulathwe apha kuwo.

UkuSebenza ngokuFanelekileyo koLawulo lwaNgaphakathi

ISebe lidingeka okokuba liphuhlise ze lilolonge iinkqubo zolawulo lwangaphakathi oluya kuphucula ufezekiso olungakho lweenjongo zalo, ukwamkela iinguqu kubume esebenza kobo nokukhuthaza ukufaneleka nokusebenza kakuhle kwemisebenzi, lixhase ukunikwa kwengxelo okuthembekileyo nokuhambelana nemithetho kunye nemimiselo. IWCG yamkele isiCwangiso-nkqubo seNgqinisekiso esiHlangeneyo esichonga nesihlanganisa ingqinisekiso yabanikezeli benkonzo. Inqanaba lokuqala lengqinisekiso kukulawulwa kwenginisekiso, okudinga abalawuli abaphetheyo okokuba bagcine ulawulo lwangaphakathi olusebenzayo ze bamilisele ezo nkqubo imihla ngemihla ngendlela yokulawulwa kwempatho

nokuthatyathwa kwemisebenzi yoxabangelo lolungiso apho kudingekayo. Inqanaba lesibini lengqinisekiso yingqinisekiso yangaphakathi enikezelwa yimisebenzi eyahlukeneyo naleyo iphantsi kolawulo lwabaphathi, abaphathiswe ngentembeko okokuba bahlale uhambelwano kwimigaqo-nkqubo, iinkqubo, izithethe, imigangatho nezicwangciso-nkqubo. Inqanaba lesithathu lengqinisekiso ngabanikezeli abazimeleyo bengqinisekiso abakhokhelwa yimigangatho yobuchule edinga amanqanaba aphezulu okuzimela.

IsiCwangciso seNgqinisekiso esiHlangeneyo esisekwe kumngcipheko saphuhliselwa iSebe, esiququzelelwe luPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi, olungumnikezeli wengqinisekiso ozimiseleyo ngokunjalo. UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi lunikezela iKomiti yoPhicotho-zincwadi kunye noLawulo ngengqinisekiso efanelekileyo yokokuba ulawulo lwangaphakathi lwanele yaye lusebenza kakuhle. Oku kufezekiswe ngesicwangciso sophicotho-zincwadi sangaphakathi esamkelweyo esisekwe kumngcipheko, uPhicotho-zincwadi lokuhlola ukwanela kolawulo lokuthintela imingcipheko kunye nomiliselo lokubekwa kweliso yiKomiti yoPhicotho-zincwadi kwimisebenzi yolungiso.

Iintlanganiso ezilandelayo zophicotho-zincwadi lwangaphakathi zamkelwa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi ze lwaqakunjelwa luPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi kunyaka ophantsi kovavanyo:

- IsiCwangciso-nkqubo seZigunyaziso zeDPSA
- IMisebenzi yoLwaluko
- INkonzo yooVimba beWC kunye neeRekhodi
- UVavanyo lweYunithi yoLawulo lwaNgaphakathi
- IMinikelo eneMiqathango – iMidlalo
- IiNtlawulo eziKhutshelweyo – AmaThala eeNcwadi

Imimandla yophuculo, njengoko iqatshelwe luPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi ngethuba lokwenziwa komsebenzi walo, yavunywa ngaBalawuli. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ibeka iliso kumiliselo lwemisebenzi evunyiweyo rhoqo ngekota.

INgxelo yoLawulo lwaseNyakeni neyarhoqo ngeNyanga/ngeKota

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanelisekile zingxelo zokuqulathiweyo nokulunga kolawulo lwasenyakeni lwarhoqo ngekota nezokusebenza ezikhutshwe kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo liGosa eliNika iNgxelo leSebe ngokwemiqathango yeMithetho yeCandelo leSizwe loLawulo-mali kunye noMthetho weCandelo leNgeniso.

Ukuvavanywa kweeNgxelo zeMali

IKomiti yoPhicotho-zincwadi:

- Izivavanyile yazixoxa iiNgxelo zoNyaka zeMali eziPhicothiweyo ekufuneka zibandakanywe kwiNgxelo yoNyaka;
- Iyivavanyile iNgxelo yoLawulo lwe-AGSA kunye neempendulo zabalawuli kuzo;
- Izivavanyile iinguqu kwimigaqo-nkqubo yobalo-mali kunye neendlela njengoko kuchaziwe kwiiNgxelo zoNyaka zeMali;
- Iuvavanyile uhlanga-hlangiso lwemathiriyeli evela kuphicotho-zincwadi lweSebe.

Uhambelwano

IKomiti yoPhicotho-zincwadi izivavanyile iinkqubo zeSebe zohambelwano kunyw nezibonelelo zomthetho nezilawulayo.

INgcaciso yokuSebenza

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyivavanyile ingcaciso engeenjongo ezimiselwe kwangaphambili njengoko kuchaziwe kwiNgxelo yoNyaka.

INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ivavanye rhoqo ngekota isicwangciso somilisele seSebe yemiba yophicotho-zincwadi ephakanyiswe kunyaka ongaphambili. Sihlangene neAGSA ukuqinisekisa ngento yokuba akukho miba ingasonjululwanga evela kuphicotho-zincwadi olulawulayo. Izenzo zolungiso kokufunyenweyo okucalulweyo okuphakanyiswe yiAGSA zibekwa iliso yiKomiti yoPhicotho-zincwadi rhoqo ngekota.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyavumelana yaye iyayamkela imbono yeAGSA ngokuphathelele neeNgxelo zoNyaka zeMali yaye icebisa okokuba ezi Ngxelo ziPhicothiweyo mazamkelwe yaye zifundwe kunye nengxelo yazo.

Mnu Pieter Strauss

ISihlalo weKomiti yoBumbano lweNtlalo loPhicotho-zincwadi

Umhla: 11/8/2023

12. UHambelwano lweBBBEE

Itheyibhile elandelayo izaliswe ngokuhambelana neemfuno zeBBBEE zoMthetho weBBBEE wama2013 yaye njengoko kumiselwe liSebe loRhwebo noShishino.

| Ingaba iSebe / iQumrhu likaRhulumente lisebenzisa nayiphi na iKhowudi efanelekileyo yokuSebenza kaKuhle (iSatifikethi seB-BBEE esikumanqanaba 1 – 8) ngokuphathelele kokulandelayo: | | |
|---|-------------------------|---|
| Inqobo yokukhetha | Ukusabela Ewe / Hayi | INGxoxo (ibandakanya ingxoxo ngempendulo yakho yaye ibonisa ukuba yiyiphi imiqathango ethe ethatyathiweyo ukulungiselela ukuhambelana) |
| Ukumisela isiqinisekiso esilungele ukukhutshwa kwamaphepha-mvume, imvume okanye naluphi na olunye ugunyaziso ngokuphathelelene nomsebenzi woqoqosho ngokuhambelana nomthetho? | Hayi | ISebe alikhuphi amaphepha-mvume, iimvume okanye olunye ugunyaziso ngokuphathelelene nomsebenzi woqoqosho ngokuhambelana nawo nawuphi na umthetho. |
| Uphuhliso nomiliso lomgaqo-nkqubo wokuthenga okukhethiweyo? | Ewe | <p>Inkcitho yokuthenga yeSebe yonyaka ophantsi kovavanyo, njengoko unxulumene neMithetho yokuThenga okuKhethekileyo, ichazwe ngasezantsi:</p> <p>i. Ukuchitha kwinqanaba lomnikeli weBEE</p> <ul style="list-style-type: none"> Ama-84.05% exabiso ahlawulwa kubanikeli benkonzo ngenqanaba 1-8 lewonga lomnikeli weBEE I-15.95% lexabiso ahlawulwa kumnikezeli wenkonzo ongenguye uMnikeli wewonga leBEE. <p>ii. Inkcitho ngokwecandelo lobunini</p> <ul style="list-style-type: none"> Ama86.51% ahlawulwa kubanikezeli benkonzo abanobunini bobuntu omntsundu ubuncinane obungama-51%. Ama7.59% ahlawulwa kubanikezeli benkonzo abanobunini bobuntu omntsundu obungaphantsi kobunini obuntsundu obungaphantsi kwama-51%. <p>iii. Inkcitho ngkwecandelo lengeniso</p> <ul style="list-style-type: none"> Ama33.25% ahlawulwa kwi-EME (ngaphantsi kwezigidi ezi-R10) kunye nama47.65% ahlawulwa kwiQSE (ngaphezulu kwezigidi eziliR10 ukuya |

Ingaba iSebe / iQumrhu likaRhulumente lisebenzisa nayiphi na iKhowudi efanelekileyo yokuSebenza kaKuhle (iSatifikethi seB-BBEE esikumanqanaba 1 – 8) ngokuphathelele kokulandelayo:

| Inqobo yokukhetha | Ukusabela Ewe / Hayi | INGxoxo (ibandakanya ingxoxo ngempendulo yakho yaye ibonisa ukuba yiyiphi imiqathango ethe ethatyathiweyo ukulungiselela ukuhambelana) |
|---|----------------------------|--|
| | | <p>kwizigidi ezingaphantsi kwezigidi ezingamaR50); kungoko isambuku sama-80.90% sahlawulwa kwiiSMME</p> <ul style="list-style-type: none"> I-19.10% yahlawulwa kwaManye amaQumrhu. Oku kubandakanya amashishini amakhulu (>R50 izigidi) (13.92%), abanikezeli benkonzo abangabhaliswanga kwiWCSEB anecandelo lengeniso engaziwayo (5.18%). |
| <p>Ukumiselwa kwenqobo yokukhetha ukufaneleka okulungiselelwe ukuthengiswa kwamashishini aphantsi kolawulo lukarhulumente?</p> | Hayi | <p>ISebe alizibandakanyi kwintengiso yamashishini aphantsi kolawulo lukarhulumente.</p> |
| <p>Ukuphuhliswa kwenqobo zokukhetha kulungiselelwa ukungena kuthelwano kunye namaqumrhu angasese?</p> | Hayi | <p>ISebe alithabathi nxaxheba kuthelwano namaqumrhu ecandelo langasese.</p> |
| <p>Ukumiselwa kwemigaqo yokukhetha ukulungiselela ukunikezelwa kwenkuthazo, iminikelo kunye nezikim zotyalo-mali ukuxhasa uXhotyiso loQoqosho oluSekwe ngokuBanzi kwabaNtsundu?</p> | Hayi | <p>ISebe alibandakanyeki ekunikezelweni kwenkuthazo, iminikelo kunye nezikim zotyalo-mali ukuxhasa ukuXhotyiswa koQoqosho oluBanzi oluSekwe kwabanNtsundu.</p> |

ICandelo D

ULAWULO LWEMICIMBI YABASEBENZI

1. Intshayelelo

Ikhono lethu lokunikela ngokufanelekileyo kumsebenzi woRhulumente weNtshona Koloni (WCG) sisiphumo esithe ngqo zokunyameka, nezivame ukuba zezokungazicingeli bona iziqu zabo, abantu abakwiSebe.

Imbonakalo yelo xesha kulawulo lwabantu ingene kwiinguqu ezinkulu kule minyaka, yenziwa mandundu kukuvela kweCovid-19, okunyanzelise uhambo oluntsonkothileyo ngokusetyenziswa kwemiba eyahlukeneyo yokhuphiswano. Le miba ayihlangananga nje kuphela kodwa ixhomekeke kwimigaqo engqongqo kunye nemithetho, ethi ivelise imingeni xa kumiliselwa amalinge okutsala umdla nokugcina italente.

Eminye yale mingeni ibandakanya ukufikelela kuthantamiso phakathi kwizigunyaziso zonikezelo lwenkonzo, ukutsala nokugcina izakhono ezibalulekileyo nezinqongopheleyo, ukuxhotyiswa kwabasebenzi, ukulawulwa kophuhliso lwekhono lomsebenzi, ucwangciso lolandelelwano kwizithuba zengqesho, ukukhuthazwa kobulungisa engqeshweni, nokuyilwa kobume obuncedisa kukukhula komsebenzi. Ngaphezulu, iSebe lisebenza kubume obunezithintelo zohlahlo lwabiwo-mali, obudinga ukuba abaphathi bacamngce ngempembelelo yokuzusa ngaphezulu kusetyenziswa izibonelelo ezingephi.

Nangona iindlela eziguqukayo nezidingo zifaka ifuthe kwindawo yokusebenza, abasebenzi bethu abazinikeleyo babonise ngungaguqukiyo ukuzibophelela kwabo okungagungqiyo, okube nomphumela wezifezekiso eziqaphelekayo nophuculo kuni lokunikezelwa kwenkonzo kunyaka wonke ophantsi kovavavnyo.

2. INqanaba loLawulo lwaBantu kwiSebe

2.1. Okuphambili kucwangciso lwabasebenzi besebe

Indima yokuCwangcisa abasebenzi ibalulekile ukuqinisekisa ukuba iSebe linenani labantu abanezakhono ezifunekayo, ulwazi nokuziphatha ekwenziweni komsebenzi. Ngokusebenzisa le nkqubo iSebe ngonyaka livavanya iprofayile yabasebenzi balo malunga nezidingo zombutho zangoku nezexa elizayo. Injongo yolu vavanyo kukubona ukuba kukanganani na iprofayile yabasebenzi yangoku ikhawulelana neziphumo ezingundoqo zolawulo lwabantu ezinokuqinisekisingoqhubeko nexabiso lwenkonzo. IsiCwangciso saBasebenzi sowama-2021-2026 silungelelaniswe ngoko kumbono nomnqophiso wesiCwangciso seQhinga seSebe.

Amalinge aphambili eQhinga aqulathwe kwisiCwangciso saBasebenzi njengoku kulandelayo:

- Ukuchongwa nokuphuhlisa kwekhono elidingekayo lombutho;
- IiNqobo eziseSikweni noBuchule obusekwe kwiindlela zokufunwa kwabasebenzi (okubandakanya ukusetyenziswa okungenziwa kwenkqubo ye-intanethi yokweNziwa kweSicelo nokuHluzwa ukwandisa iindlela zokufunwa kwabasebenzi nokutsala abagqatswa abalungileyo abalikamva nabalungele ixesha elizayo);

- Yahlula-hlula italente ehlanganisiweyo;
- Uphuhliso lwetalente nezakhono zabasebenzi abakwizakhono ezitsha ezivelayo (umz., 4IR ubuchule beMeta/obusebenzayo kunye nezakhono zobugcisa ngokunjalo nezakhono zokuziphatha ezidingeka ngokubalulekileyo ukuxhasa umbutho olungele ixesha elizayo);
- Ukubekwa phambili kweemfuno zamangenelo oqeqesho ukulungisa uBuchule obuBalulekileyo kwiSebe kunye nesiCwangciso soPhuhliso loMsebenzi;
- Uphuhliso noMiliselo lweQhinga leZakhono ezilungele iXesha eliZayo (FFSS);
- Iinkqubo zophuhliso lolutsha ezilungiselelwe ukuncedisa ekuyileni italente esezayo (ukuqeqeshwa usengqeshweni);
- Ukwakheka ngokutsha kweZiko loQeqesho lePhondo (PTI) kube liziko lephondo lokufunda nenguqu;
- Okuphambili kuBulungisa eNgqeshweni (EE) njengoko kubonisiwe kwisiCwangciso sesebe se-EE ukukhokhela izigqibo zokuFunwa nokuKhethwa kwabasebenzi beSebe;
- Ukunikezelwa kwamangenelo/kweenkonzo zeMpilo neMpilo-ntle ukuxhasa impilo-ntle yomsebenzi;
- Ukuphuhlisa nokumiliselwa kwenguqulelo kwiNdelela eNtsha yokuSebenza/iprojekti yeWCG yobume ebeka ummi enbindini.

2.2. ULawulo lokuSebenza koMqeshwa

Injongo yoLawulo lokuSebenza kukwandisa ukusebenza ngokukhuthazwa kokuzibophelela komntu ngamnye, ukuthatyathwa koxanduva nokuphenjelelwa.

Bonke abasebenzi kufuneka bazalise isivumelwano somsebenzi phambi komhla wama-31 kuCanzibe ngonyaka ngamnye. Isivumelwano sikwisiseko sesivumelwano phakathi komqeshi nomqeshwa siqulathe iiprojekthi, iinkqubo, imisebenzi, okulindelekileyo nemigangatho yohanjiso olufunekayo. Ukuze kuququzelelwe inkqubo yolawulo olusemgangathweni, uRhulumente waseNtshona Kapa uyile inkqubo yezixhobo zombane, ebizwa iPERMIS (iInkqubo yeNgcaciso yoLawulo loMsebenzi), evumela inkqubo yonke yolawulo lomsebenzi ukuba ifakwe, ibekwe iliso ize ilawulwe.

Inkqubo yolawulo lomsebenzi ifuna ukuba uhlolo lwesiqingatha sonyaka novavanyo lonyaka luqutywe, kodwa okujoliswe kuko okuqhubekayo nezifizekiso zinxibelelane kwisivumelwano somsebenzi sibekwe iliso kwaye kubekho uthungelwano oluqhubekayo. Kwimeko apho okujoliswe kuko okanye okulindelekileyo emsebenzini kungahlangatyezwananga ngako, imisantsa kukhawulelwana ngayo ngolawulo lomsebenzi ongemhlanga. Kule meko, iyunithi yokucebisa ngomsebenzi isungule phakathi kwiZiko leeNkonzo zoShishino (iCandelo eliyiNtloko: iiNdelela zoLawulo lwaBantu) ukuncedisa abalawuli abafanelekileyo (abalawuli babantu) ukukhawulelwana nomsebenzi ongemhle. Inkqubo iyaphuhlisa, nangona, kwiimkeko apho abantu bechongwe njengabo bangenzi kakuhle emsebenzini malunga nenkqubo-sikhokelo esisemthethweni, kufuneka bazifake phantsi kwesicwangciso sophuhliso okanye ululeko olulolunye.

2.3. IPilo-ntle yoMqeshwa

Inkqubo yeMpilo neMpilo-ntle yomqeshwa exananazileyo yeWCG (EHW) ilandela indlela epheleleyo yempilo-ntle yomsebenzi yaye ikakhulu iyakhusela uhlobo lwayo, ibonelela ngeenkonz eziphambili nezinganeno.

Inkqubo ye-EHW ibekwa iliso kwiSebe ngeengxelo zosetyenziso zarhoqo ngenyanga zeenkonz eziphambili (inkonz yengcebiso yomphefumlo ngomnxeba yama-24/7/365, inkonz ebizwa nge-e-Care ye-intanethi noniko lwengxelo) neenkonz ezinganeno (intuthuzelo yomphefumlo yobuso ngobuso, izehlo ezimandundu nomothuko, ungenelelo loqeqesho namangenelo okujoliswe kuko, ukumiliselwa koqeqesho, nenkxaso).

Ingxelo yarhoqo ngekota ilungiselelwe liCandelo: lokuziPhatha koMbuthe phakathi kwiSebeleNkulumbuso elinikezela ngohlalelo lwendlela yosetyenziso, uchongo lomngcipheko nempembelelo yayo kwimveliso. Ukongeza, uniko lwengxelo oluqhubekayo kwiSebe leeNkonzo kaRhulumente noLawulo (DPSA) yimfuneko kwaye uniko lwengxelo enjalo lugxile kwimimandla emine eyile, iHIV/AIDS, iMpilo neMveliso, uLawulo lweMpilo-ntle neSHERQ (uMngcipheko woBume boKhuselo lweMpilo nokuLunga).

2.4. UkuBekwa kweLiso kuLawulo lwaBantu

ISebe, ngobambiswano neSebe leNkulumbuso libeka iliso kuphuyezelo lothotho lwezalathisi zothotyelo lolawulo loluntu. IFayile yeBarometer Fact yenyanga, ephuhlise liCandelo eliyiNtloko: iMisebenzi yoLawulo lwaBantu abakwiSebe leNkulumbuso, libonelela iSebe ngohlaziyo olwenziwa rhoqo lweprofayile yabasebenzi nezinye iinkcukacha zamanani zolawulo lwabantu olufanelekileyo zokunceda kukwenziwa kwezigqibo. Izalathisi ziquka, phakathi kwezinye izinto, ingcaciso yokumiselwa kwabasebenzi, ubalo lwabantu, iingqikelelo zenkcitho yabantu, iindlela zekhefu lokugula, ixabiso lemali leentsuku ezishiyekileyo zekhefu lonyaka, amatyala oluleko, uthelakelelo lwesithuba somsebenzi, intshukumo yabasebenzi, ubulungisa ngokwengqesho nokunye.

3. Iinkcukacha zamanani okoNgonyelwa koLawulo lwaBantu

3.1. IINKCITHO ENXULUMENE NABASEBENZI

Ezi theyibhile zilandelayo zishwankathela inkcitho ephicothwe okokugqibela ngokwenkqubo (iTheyibhile 3.1.1) kunye namanqanaba omvuzo (iTheyibhile 3.1.2).

Amanani kwiTheyibhile 3.1.1 atsalwe kwiNkqubo yoBalo-mali lwesiSiseko namanami akwiTheyibhile 3.1.2 atsalwa kwinkqubo yePERSAL [uMvuzo wabaSebenzi]. Inkqubo ezimbini azisebenzi kunye ukulungiselelwa imbuyiselwa kwemivuzo ngokumalunga nengqesho yabasebenzi nokurhoxa kwabo emsebenzini kunye/okanye ukhutshelo ukuya okanye ukusuka

kwamanye amasebe. Oku kuthetha ukuba kusenokubakho umahluko kwinkcitho iyonke eboniswe kwezi nkqubo.

Okuphambili kwitheyibhile engezantsi yinkcazelo yeeNkqubo phakathi kwiSebe. Iinkqubo ziza kubhekiswa ngokwenani lazo ukusuka kule ndawo ukuya phambili.

| Inkqubo | IGama leNkqubo |
|-----------|-------------------------------------|
| INKqubo 1 | ULawulo |
| INKqubo 2 | IMicimbi yeNkcubeko |
| INKqubo 3 | Iinkonzo zeThala leeNcwadi nooVimba |
| INKqubo 4 | IMidlalo noLonwabo |

ITheyibhile 3.1.1: Inkcitho yabasebenzi ngokwenkqubo, 2022/23

| Inkqubo | INkcitho epheleleyo (R'000) | INkcitho yaBasebenzi (R'000) | INkcitho yoQeqesho (R'000) | IMpahla & neeNkonzo (R'000) | INkcitho yaBasebenzi njenge- % yeNkcitho epheleleyo | Umdlili wenkcitho yaBasebenzi ngomsebenzi ngamnye (R'000) | Inani labasebenzi abahlawulweyo |
|----------------|-----------------------------|------------------------------|----------------------------|-----------------------------|---|---|---------------------------------|
| INKqubo 1 | 68 951 | 52 689 | 362 | 11 724 | 76,4 | 399 | 132 |
| INKqubo 2 | 129 511 | 64 533 | 622 | 13 121 | 49,8 | 355 | 182 |
| INKqubo 3 | 431 738 | 73 991 | 24 | 47 924 | 17,1 | 349 | 212 |
| INKqubo 4 | 286 587 | 31 875 | 1 077 | 79 687 | 11,1 | 403 | 79 |
| Zizonke | 916 787 | 223 088 | 2 085 | 152 456 | 24,3 | 369 | 605 |

Qaphela: Inani labasebenzi libhekisa kubo bonke abavuziweyo ngexesha lokunikwa kwengxelo, kuquka abafundi abasaqeqeshelwa umsebenzi, (okt. uQhutyelo phambili lweNkulumbuso loLutsha [PAY], abanematriki, abanezidanga kunye nabafundi] kungabandakanywa uMphathiswa wePhondo. Inani liyakhula kwaye ayingomfanekiso kumhla othile.

ITheyibhile 3.1.2: INkcitho yaBasebenzi ngokwenqanaba lomvuzo, 2022/23

| Umvuzo ngokwamanqanaba | INkcitho yaBasebenzi (R'000) | I-% epheleleyo yeNkcitho yaBasebenzi | Umdlili wenkcitho yabasebenzi ngokomsebenzi omnye (R'000) | Inani laBasebenzi |
|---|------------------------------|--------------------------------------|---|-------------------|
| Abaqeqeshwa besengqeshweni | 1 388 | 0.6 | 27 | 52 |
| Abamakhono aphantsi (Amanqanaba 1-2) | 10 181 | 4.6 | 189 | 54 |
| Abanamakhono (Amanqanaba 3-5) | 49 690 | 22.3 | 263 | 189 |
| Abakumgangatho ophezulu lwezakhono (Amanqanaba 6-8) | 87 838 | 39.4 | 420 | 209 |
| Abanezakhono zolawulo (Amanqanaba 9-12) | 56 583 | 25.4 | 643 | 88 |
| Abaphathi abaphezulu (Amanqanaba 13-16) | 17 055 | 7.7 | 1 312 | 13 |
| Uwonke | 222 736 | 100.0 | 368 | 605 |

Qaphela: Inani labasebenzi libhekisela kubo bonke abantu abahlawulelwayo ngexesha lokunika ingxelo, kubandakanywa nabafundi abasaqeqeshelwa umsebenzi, kodwa ngaphandle koMphathiswa. Inani labasebenzi liyakhula kwaye akukho sicacisi njengomhla othile.

Itheyibhile ezilandelayo zibonelela ngesishwankathelo ngokwenkqubo nganye (iTheyibhile 3.1.3) kwaye amanqanaba omvuzo (iTheyibhile 3.1.4), enkcitho eyenzeke ngesizathu semivuzo, umsebenzi ngaphaya kwexesha elimiselweyo, imali yesibonelelo sendlu noncedo lwezonyango. Ezi theyibhile aziyiboneleli enye inkcitho enje ngesibonelelo soMhlala-phantsi, iBhonasi yokuSebenza kakuhle nenye imali evunyelweyo, ezenza inkcitho iyonke yabasebenzi. Kwimeko nganye, itheyibhile ibonelela ngesalathisi sepesenti yenkcitho yabasebenzi eyasetyenziselwa ezi zinto.

ITheyibhile 3.1.3: Imivuzo, Umvuzo wokuSebenza ngaphaya kwexesha elimiselweyo, isiBonelelo seNdlu noNcedo lwezoNyango, 2022/23

| Inkqubo | Imivuzo | | Umvuzo wokusebenza ngaphaya kwexesha elimiselweyo | | Isibonelelo seNdlu | | UNcedo lwezoNyango | |
|----------------|--------------------|--|---|--|--------------------|---|--------------------|---|
| | Isixa-mali (R'000) | Imivuzo ngokwe % yenkcitho yabasebenzi | Isixa-mali (R'000) | Imivuzo ngokwe % yenkcitho yabasebenzi | Isixa-mali (R'000) | Isibonelelo seNdlu ngokwe % yenkcitho yabasebenzi | Isixa-mali (R'000) | UNcedo lwezoNyango ngokwe % yenkcitho yabasebenzi |
| INkqubo 1 | 35 584 | 16.0 | 111 | 0.0 | 1 291 | 0.6 | 2 437 | 1.1 |
| INkqubo 2 | 43 960 | 19.7 | 402 | 0.2 | 2 481 | 1.1 | 4 300 | 1.9 |
| INkqubo 3 | 50 423 | 22.6 | 131 | 0.1 | 3 098 | 1.4 | 5 604 | 2.5 |
| INkqubo 4 | 21 918 | 9.8 | 417 | 0.2 | 567 | 0.3 | 1 534 | 0.7 |
| Zizonke | 151 886 | 68.2 | 1,061 | 0.5 | 7 437 | 3.3 | 13 874 | 6.2 |

Qaphela: Amanani kwiTheyibhile 3.1.3 no-3.1.4 athathwe kwinkqubo ye-PERSAL [uMvuzo wabaSebenzi] hayi kwiNkqubo yoCwangciso-mali yeSiseko. Ezi nkqubo zimbini azihambelani nembuyekezo yemivuzo ngokumalunga nokuqeshwa kwabasebenzi nokuyeka kwabo umsebenzi kunye/okanye ukukhutshelwa kwenye indawo ukuya nokubuya kwamanye amasebe. Oku kuthetha ukuba kungakho umahluko kwinkcitho ebonakaliswe kwezi nkqubo, umz. Imivuzo, ixesha elongezelelekileyo, iSibonelelo seZindlu kunye noNcedo lwezoNyango. Ngaphezu koku, itheyibhile engasentla ayenzi sibonelelo senye inkcitho efana neMhlala-phantsi. IBhonasi yokuSebenza kunye nezinye imali ezivunyelweyo, ezenza inkcitho ephelileyo yabasebenzi. Inkcitho engasentla ibonisa bonke abantu abahlawulweyo ngesithuba sokunikwa kwengxelo, kubandakanywa abaqeqeshwa besengqeshweni (PAY, abanematraki, abanezidanga kunye nabafundi), kodwa ayimbandakanyi uMphathiswa wePhondo.

iTheyibhile 3.1.4: Imivuzo, Umvuzo wokuSebenza ngaphaya kwexesha elimiselweyo, iSibonelelo seNdlu noNcedo lwezoNyango, 2022/23

| Amanqanaba oMvuzo | Imivuzo | | Umvuzo wokusebenza ngaphaya kwexesha elimiselweyo | | iSibonelelo seNdlu | | UNcedo lwezoNyango | |
|--|-------------------|--|---|--|--------------------|---|--------------------|---|
| | Isixamali (R'000) | Imivuzo ngokwe % yenkcitho yabasebenzi | Isixamali (R'000) | Imivuzo ngokwe % yenkcitho yabasebenzi | Isixamali (R'000) | Isibonelelo seNdlu ngokwe % yenkcitho yabasebenzi | Isixamali (R'000) | UNcedo lwezoNyango ngokwe % yenkcitho yabasebenzi |
| Abaqeqeshwa besengqeshweni | 1 352 | 0.6 | - | - | - | - | - | - |
| Abanezakho no eziphantsi (Amanqanaba 1-2) | 6 048 | 2.7 | 120 | 0.1 | 695 | 0.3 | 1 215 | 0.5 |
| Abanezakho no (Amanqanaba 3-5) | 31 225 | 14.0 | 381 | 0.2 | 2 868 | 1.3 | 5 218 | 2.3 |
| Abakumgangatho ophezulu wezakhono (Amanqanaba 6-8) | 61 600 | 27.7 | 374 | 0.2 | 3 008 | 1.4 | 5 453 | 2.4 |
| Abanezakho no zolawulo (Amanqanaba 9-12) | 40 625 | 18.2 | 183 | 0.1 | 810 | 0.4 | 1 817 | 0.8 |
| Abaphathi abaphezulu (Amanqanaba 13-16) | 11 036 | 5.0 | 2* | 0.0 | 56 | 0.0 | 171 | 0.1 |
| Iyonke | 151 886 | 68.2 | 1 061 | 0.5 | 7 437 | 3.3 | 13 874 | 6.2 |

Qaphela: Amanani kwiTheyibhile 3.1.3 no-3.1.4 athathwe kwinkqubo ye-PERSAL [uMvuzo wabaSebenzi] hayi kwiBasic Accounting System. Ezi nkqubo zimbini azihambelani nembuyekezo yemivuzo ngokumalunga nokuqeshwa kwabasebenzi nokuyeka kwabo umsebenzi kunye/okanye ukukhutshelwa kwenye indawo ukuya nokubuya kwamanye amasebe. Oku kuthetha ukuba kungakho umahluko kwinkcitho ebonakaliswe kwezi nkqubo, umz. Imivuzo, ixesha elongezelelekileyo, isiBonelelo seZindlu kunye noNcedo lwezoNyango. Ngaphezu koku, itheyibhile engasentla ayenzi sibonelelo senye inkcitho efana neMihlala-phantsi. IBhonasi yokuSebenza kunye nezinye imali ezivunyelweyo, ezenza inkcitho ephela yabasebenzi. Inkcitho engasentla ibonisa bonke abantu abahlawulweyo ngesithuba sokunikwa kwengxelo, kubandakanywa abaqeqeshwa besengqeshweni (PAY, abanematriki, abanezidanga kunye nabafundi), kodwa ayibandakanyi uMphathiswa wePhondo.

* Inkcitho yokusebenza ngaphezulu kwexesha elimiselweyo eboniswe phantsi kwenqanaba lomvuzo waBalawuli abaphezulu yenziwa phambi kokutyunjwa kweNkonzo yaBalawuli abaphezulu

3.2 INGQESHO NEZITHUBA EZINGAZALISWANGA

Ezi theyibhile zilandelayo zishwankathela inani lezithuba zomsebenzi ezikhoyo kumiseloluhlu lwezithuba, inani labasebenzi (ngaphandle kwabafundi abasaqeqeshelwa umsebenzi kunye noMphathiswa wePhondo), nepesenti yezithuba zomsebenzi ezikhoyo ezingazaliswanga ekupheleni konyaka-mali. Le ngcaciso ithiwe thaca ngokumalunga neenguqu ezintathu ezingundoqo, ezizezi: iNkqubo (iTheyibhile 3.2.1), iNqanaba loMvuzo (iTheyibhile 3.2.2)

nemiSebenzi ePhambili (iTheyibhile 3.2.3). Yonke ingcaciso kweli candelo ibonelelwe njengomfanekiso ekupheleni konyaka-mali ophantsi kovavanyo.

ITheyibhile 3.2.1: Ingqesho nezithuba zomsebenzi ngokwenkqubo, ngowama-31 kweyoKwindla 2023

| Inkqubo | Inani lezithuba ezikhoyo | Inani lezithuba ezizalisiweyo | %yezithuba ezingazaliswangwa |
|----------------|--------------------------|-------------------------------|------------------------------|
| INkqubo 1 | 93 | 92 | 1.1 |
| INkqubo 2 | 172 | 167 | 2.9 |
| INkqubo 3 | 194 | 191 | 1.5 |
| INkqubo 4 | 69 | 67 | 2.9 |
| Zizonke | 528 | 517 | 2.1 |

ITheyibhile 3.2.2: Ingqesho nezithuba zemisebenzi ngokwenqanaba lomvuzo, ngowama-31 kweyoKwindla 2023

| Umvuzo ngokwenqanaba | Inani lezithuba ezikhoyo | Inani lezithuba ezizalisiweyo | %yezithuba ezingazaliswangwa |
|--|--------------------------|-------------------------------|------------------------------|
| Abanezakhono eziphantsi (Amanqanaba 1-2) | 94 | 93 | 1.1 |
| Abanezakhono (Amanqanaba 3-5) | 150 | 150 | - |
| Abakumgangatho ophezulu wezakhono (Amanqanaba 6-8) | 185 | 182 | 1.6 |
| Abanezakhono zolawulo (Amanqanaba 9-12) | 86 | 80 | 7.0 |
| Abaphathi abaphezulu (Amanqanaba 13-16) | 13 | 12 | 7.7 |
| Bebonke | 528 | 517 | 2.1 |

ITheyibhile 3.2.3: Inqesho nezithuba zemisebenzi ngokwemisebenzi ephambili ngowama-31 kweyoKwindla 2023

| Imisebenzi ebalulekileyo | Inani lezithuba ezikhoyo | Inani lezithuba ezizalisiweyo | %yezithuba ezingazaliswangwa |
|----------------------------|--------------------------|-------------------------------|------------------------------|
| UMgcini woVimba | 18 | 18 | - |
| Igosa leNkcubeko | 5 | 5 | - |
| IGosa leLifa leMveli | 10 | 9 | 10.0 |
| USozilwimi | 9 | 9 | - |
| UNoncwadi | 21 | 20 | 4.8 |
| IGosa leNkuthazo yeMidlalo | 20 | 20 | - |
| UMphathi weZiko/wePropati | 2 | 2 | - |
| UMphandi | 1 | 1 | - |
| Iyonke | 86 | 84 | 2.3 |

Qaphela: Imisebenzi ephambili – bhokisa kwimisebenzi ephambili yokuhanjiswa kwenkonzo. Ukuba le misebenzi ayikho kwisebe, umsebenzi/iinkonzo ziza kuwa.

3.3 UVavanyo lweMisebenzi

UVavanyo lomsebenzi lwaqaliswa njengendlela yokunqinisekisa ukuba umsebenzi onexabiso elilinganayo uvuzwa ngokulinganayo. Kwisicwangciso-nkqubo esimiselwe sisizwe, oogunyaziwe kufuneka bevavanye isithuba somsebenzi ngasinye esitsha kumbutho wakhe okanye kuvavanywe kwakhona nasiphi na isithuba somsebenzi apho isigunyaziso sesithuba somsebenzi okanye umxholo utshintshe kakhulu. Le nkqubo yovavanyo imisela uhlolo lomsebenzi ngokweendidi nenqanaba lomvuzo wesithuba somsebenzi. Kufuneka iqondwe ukuba uVavanyo loMsebenzi noLawulo lokuSebenza kwaBasebenzi kuyohluka ngendlela yokuba uVavanyo loMsebenzi lubhekisela kwixabiso/nasekuveyishweni kwemisebenzi enxulunyaniswe nesithuba somsebenzi ze uLawulo lokuSebenzi kwaBasebenzi kubhekiselele kukuvavanywa komsebenzi womntu ngamnye.

ITheyibhile 3.3.1 ishwankathela inani lezithuba ezithe zavavanywa ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo, Itheyibhile inikezela ngokunjalo ngeenkukacha zamanani kwinqanaba lezithuba ezithe zahlaziyelwa kwinqanaba eliphezulu okanya zathotyelwa kwinqanaba eliphantsi.

ITheyibhile 3.3.1: Uvavanyo lwemisebenzi, ukususela ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2022 ukuya kutsho ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2023

| Umvuzo ngokwenqanaba | Inani lezithuba ezikhoyo njengoko kunjalo ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022 | Inani lezithuba ezivavanyi weyo | % yezithuba ezivavanyi weyo | Izithuba eziHlaziyiweyo | | Izithuba ezithotyelwe kwinqanaba elisezantsi | |
|---|---|---------------------------------|-----------------------------|-------------------------|---|--|---|
| | | | | Inani | Izithuba ezihlaziyi weyo njenge-% yezithuba zizonke | Inani | Izithuba ezithotyelwe kwinqanaba elisezantsi njenge-% yezithuba zizonke |
| Abanezakhono eziphantsi (Amanqanaba 1-2) | 94 | - | - | - | - | - | - |
| Abanezakhono (Amanqanaba 3-5) | 150 | 6 | 1.1 | - | - | - | - |
| Abakumgangatho ophezulu wezakhono kwimveliso (Amanqanaba 6-8) | 185 | 18 | 3.4 | - | - | - | - |
| Abaphathi abanezakhono eziphezulu (Amanqanaba 9-12) | 86 | 4 | 0.8 | - | - | - | - |
| INqanaba A leNkonzo yaBalawuli abaPhezulu (Inqanaba 13) | 10 | 1 | 0.2 | - | - | - | - |
| INqanaba B leNkonzo yaBalawuli abaPhezulu (Inqanaba 14) | 2 | - | - | - | - | - | - |
| INqanaba C leNkonzo yaBalawuli abaPhezulu (Inqanaba 15) | 1 | - | - | - | - | - | - |
| Ewonke | 528 | 29 | 5.5 | - | - | - | - |

Qaphela: "Inani lezithuba ezivavanyiweyo" ngokwenqanaba loMvuzo libonisa uLwamkelo lokuGqibela leNqanaba leZithuba emva koVavanyo lweMisebenzi.

ITheyibhile 3.3.2: Iprofayile yabasebenzi abanezithuba zemivuzo yabo eyayinyuselwe ngenxa yezithuba zemisebenzi ezinyuselweyo, ngowoku-1 kuTshazimpuzi 2022 ukuya kutsho ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2023

| Abaxhamli | AbaNtsundu | AbeBala | Ama-Indiya | AbaMhlophe | Bebonke |
|-----------|------------|---------|------------|------------|---------|
| Abakho | | | | | |

ITheyibhile 3.3.3 ishwankathela inani lezehlo apho amanqanaba omvuzo eyidlule igreyidi emiselwe luvavanyo lomsebenzi okanye apho iinotshi eziphezulu ezinikezelwe kubasebenzi kwinqanaba elithile lomvuzo. Inqanaba ngalinye lomvuzo liqulathe iinotshi ezili-12. Izizathu zeyantlukwano zinikezelwe kwimeko nganye.

ITheyibhile 3.3.3: Abasebenzi abathe banikwe imivuzo ephezulu kunaleyo ichongwe luvavanyo lwemisebenzi ngomsebenzi omkhulu ngamnye, ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2022 ukuya kutsho ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2023

| UMsebenzi onguNdoqo | Inani labasebenzi | Inqanaba lovavanyo lomsebenzi | Inflawulo kwinqanaba lomvuzo ophezulu | Inflawulo yomvuso kwintshi ephezulu yenqanaba elinye lomvuzo | Isizathu sonxaxho |
|---------------------|-------------------|-------------------------------|---------------------------------------|--|-------------------|
| Abakho | | | | | |

ITheyibhile 3.3.4: Iprofayile yabasebenzi abanikwe imivuzo ephezulu kunaleyo imiselwe luvavanyo lomsebenzi, ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2022 ukuya kutsho kumhla wama-31 kweyoKwindla 2023

| Abaxhamli | AbaNtsundu | AbeBala | Ama-Indiya | AbaMhlophe | Bebonke |
|-----------|------------|---------|------------|------------|---------|
| Abakho | | | | | |

3.4. IiNguqu zeNgqesho

Ixabiso lengeniso libonelela isalathisi kwiindlela kwiprofayile yengqesho yeSebe ngexesha lonyaka-mali ophantsi kohlolo. Ezi theyibhile zilandelayo zibonelela ngesishwankathelo sexabiso lengeniso ngokwenqanaba lomvuzo (Itheyibhile 3.4.1) kunye nemisebenzi ephambili (Itheyibhile 3.4.2). Eli candelo alibandakanyi zinkcukacha zinxulumene nabafundi abaqeqeshelwa umsebenzi.

ITheyibhile 3.4.1: Amaxabiso engeniso onyaka ngokwenqanaba lomvuzo, ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2022 ukuya kutsho kumhla wama-31 kweyoKwindla 2023

| INqanaba loMvuzo | Inani labasebenzi njengoko linjalo ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022 | % yomlinganiselo wokugcinwa kwabasebenzi 2021/22 | Abaqeshwe kwiSebe | Abakhutshelwe kwiSebe | Abashiye ingqesho yeSebe | Abakhutshelwe kwamanye amaSebe | % yomlinganiselo wokugcinwa kwabasebenzi 2022/23 |
|---|---|---|--------------------------|------------------------------|---------------------------------|---------------------------------------|---|
| Abanezakhono eziphantsi (Amanqanaba 1-2) | 100 | 1.0 | 1 | - | 2 | 1 | 3.0 |
| Abanezakhono (Amanqanaba 3-5) | 148 | 3.3 | 10 | 1 | 8 | 1 | 6.1 |
| Abakumgangatho ophezulu wezakhono kwimveliso (Amanqanaba 6-8) | 185 | 8.3 | 11 | 2 | 16 | 1 | 9.2 |
| Abaphathi abanezakhono eziphezulu (Amanqanaba 9-12) | 79 | 9.3 | 3 | 2 | 8 | 1 | 11.4 |
| INqanaba A leNkonzo yaBalawuli abaPhezulu (Inqanaba 13) | 9 | - | 1 | - | 1 | - | 11.1 |
| INqanaba B leNkonzo yaBalawuli abaPhezulu (Inqanaba 14) | 1 | - | 1 | - | - | - | - |
| INqanaba C leNkonzo yaBalawuli abaPhezulu (Inqanaba 15) | 1 | 100.0 | - | - | - | - | - |
| Ewonke | 523 | 5.6 | 27 | 5 | 35 | 4 | 7.5 |
| | | | 32 | | 39 | | |

Qaphela: "Ukhutshelo" lubhekisela kwintshukumo esemacaleni yabasebenzi ukusuka kwiSebe leNkonzo kaRhulumente ukuya kwenye (kwiPhondo nakwiSizwe). Umlinganiselo wogcino umiselwa ngokubalwa kwenani elipheleleyo labashiye inkonzo njengepesenti yesiseko (iNani labasebenzi njengoko kunjalo ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2023).

ITheyibhile 3.4.2: Imilinganiselo yonyaka yokugcinwa kwabasebenzi ngokwemisebenzi engundoqo, ukususela ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2022 ukuya kutsho kumhla wama-31 kweyoKwindla 2023

| Imisebenzi engundoqo | INqanaba loMvuzo | Inani labasebenzi njengoko linjalo ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022 | % yomlinganiselo wokugcinwa kwabasebenzi 2021/22 | Abaqeshwe kwiSebe | Abakhutshelwe kwiSebe | Abashiye ingqesho yeSebe | % yomlinganiselo wokugcinwa kwabasebenzi 2022/23 |
|----------------------------|------------------|--|--|-------------------|-----------------------|--------------------------|--|
| UMgcini woVimba | 16 | 12.5 | 2 | 1 | 1 | - | 6.3 |
| Igosa leNkcubeko | 6 | - | - | - | 1 | - | 16.7 |
| IGosa leLifa leMveli | 10 | - | 1 | - | 2 | - | 20.0 |
| USozilwimi | 6 | 33.3 | 3 | - | - | - | - |
| UNoncwadi | 22 | 8.7 | - | - | 1 | - | 4.5 |
| IGosa leNkuthazo yeMidlalo | 21 | 5.3 | - | - | 1 | - | 4.8 |
| UMphathi weZiko/wePropati | 2 | - | - | - | - | - | - |
| UMphandi | 1 | - | - | - | - | - | - |
| Iyonke | 84 | 9.3 | 6 | 1 | 6 | - | 6.0 |
| | | | 7 | | 6 | | |

Qaphela: "Udluliselo" lubhekiselele kwintshukumo esecaleni yabasebenzi besuka kwelinye iSebe leNkonzo kaRhulumente besiya kwelinye (Zombini kwiPhondo nakwiSizwe). Isantya senguqu simiselwa ngokubala inani lilonke lokuphuma njengepesenti yesiseko (Inani labasebenzi ngowama31 kweyoKwindla 2022).

ITheyibhile 3.4.3: Abasebenzi abashiya ingqesho yeSebe, ukususela ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2022 ukuya kutsho kumhla wama-31 kweyoKwindla 2023

| Icandelo lokushiya ingqesho | Inani | % yabashiye ingqesho | Inani labashiye ingqesho njenge- % yenani elipheleleyo labasebenzi njengoko linjalo ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022 |
|---|-----------|----------------------|---|
| Ukufa | 4 | 10.3 | 0.8 |
| Ukurhoxa engqeshweni * | 21 | 53.8 | 4.0 |
| Ukuphela kwesivumelwano | 1 | 2.6 | 0.2 |
| Ukugxothwa – iinguqu kumsebenzi | - | - | - |
| Ukugxothwa – Ukungaziphathi kakuhle | 1 | 2.6 | 0.2 |
| Ukugxothwa – Ukungenzi umsebenzi ngokwanelisayo | - | - | - |
| Ukukhululwa ngenxa yempilo engentle | 1 | 2.6 | 0.2 |
| Ukuthatha umhlalaphantsi | 7 | 17.9 | 1.3 |
| Umsebenzi ocele umqushulu wokuqhawulwa kwengqesho | - | - | - |
| Ukukhutshelwa kumaQumrhu oMthetho | - | - | - |
| Ukukhutshelwa kwamanye amaSebe eNkonzo kaRhulumente | 2 | 5.1 | 0.4 |
| Ukunyuselwa uye kwelinye iSebe leWCG | 2 | 5.1 | 0.4 |
| Ewonke | 39 | 100.0 | 7.5 |

Qaphela: ITheyibhile 3.4.3 ichonge amacandelo awahlukeneyo okushiya engqeshweni kwabasebenzi abathe bashiya ingqesho yeSebe.

* Ukurhoxa engqeshweni kuxoxwa ngaphezulu kwitheyibhile ye-3.4.4 kunye neye-3.4.5.

ITheyibhile 3.4.4: Izizathu ezibangela abasebenzi barhoxe emsebenzini, ukususela ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2022 ukuya kutsho kumhla wama-31 kweyoKwindla 2023

| Izizathu zokurhoxa emsebenzini | Inani | % yokurhoxa konke |
|----------------------------------|-----------|-------------------|
| Ubudala | 1 | 4.8 |
| Isidingo sokutshintsha umsebenzi | 3 | 14.3 |
| Akukho sizathu sinikezelweyo | 16 | 76.2 |
| Impilo yomntu | 1 | 4.8 |
| Zizonke | 21 | 100.0 |

ITheyibhile 3.4.5: Amaqela awahlukeneyo ngeminyaka abasebenzi athe arhoxa ukususela ngomhla woku1 kuTshazimpuzi 2022 ukuya kutsho kumhla wama31 kweyoKwindla 2023

| Iqela lobudala | Inani | % epheleleyo yokurhoxa |
|-----------------------------------|-----------|------------------------|
| Ubudala <19 | - | - |
| Ubudala obungama-20 ukuya kuma-24 | - | - |
| Ubudala obungama-25 ukuya kuma-29 | 1 | 4.8 |
| Ubudala obungama-30 ukuya kuma-34 | 4 | 19.0 |
| Ubudala obungama-35 ukuya kuma-39 | 5 | 23.8 |
| Ubudala obungama-40 ukuya kuma-44 | 2 | 9.5 |
| Ubudala obungama-45 ukuya kuma-49 | 2 | 9.5 |
| Ubudala obungama-50 ukuya kuma-54 | 4 | 19.0 |
| Ubudala obungama-55 ukuya kuma-59 | 1 | 4.8 |
| Ubudala obungama-60 ukuya kuma-64 | 2 | 9.5 |
| Ubudala obungaphezulu kuma-65 | - | - |
| Ewonke | 21 | 100.0 |

ITheyibhile 3.4.6 Umsebenzi ocele isambuku sokushiya engqeshweni.

| Inani elipheleleyo-elicele isambuku sokushiya engqeshweni enikezelwe ngowama-2022/23 | Alikho |
|--|--------|
| | |

ITheyibhile 3.4.7: Ukunyuselwa ngokwenqanaba lomvuzo, ukususela ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2022 ukuya kutsho kumhla wama-31 kweyoKwindla 2023

